

al S 774⁽²⁾

Must be read together with the
Questionnaire on which text & nos b

Henderson J. Makalina
Eloyisweni Home,
Silverdale Store
via Untata
C. P.
received 15 Dec 46

1-1-47

BOOK I.

1-1-47

this s. 774⁽²⁾

ends at

p. 424

books

Isibali

1. Igama lohlanga : Amanfengu akwa
Nguni
2. Igama lomzali wentkosi :- U Mawosha
3. I sici :- Akuko sici
santo kwelibandla, kungulwa wixo
yedwa.
4. Igama lentkosi :- Ngw Julius Makalima
5. Amagama entkosi pamlikwaka :-
(a) Bushula
(b) Lize
(c) Makalima
(d) Mawosha
6. Inkosi zonke :- Julius, Bushula, Lize
- Makalima and Mawosha.
7. Indawo ezizabelwe kuzo.
u Julius uzabelwe e Sidwadweni
u Bushula wazabelwa e Dyume.
u Lize wazabelwa e Lutukela
u Makalima wazabelwa e Lutukela
u Mawosha wazabelwa e Lutukela
8. Amagama oyise :-
u Julius uzalwa
ngw Bushula. u Bushula uzalwa
ngw Lize. u Lize uzalwa ngw Makalima
u Makalima uzalwa ngw Mawosha.
9. Amagama, reziduko zonina
u nina ka Julius ngw Nozinduku,
u Mantolo isiduko, imfengukazi
u nina ka Bushula ngw Mantomo.
imfengukazi. Unina ka Lize ngw Mango-
Tula imfengukazi. Unina ka Makalima
noka Mawosha abaziwa nje koto nke

10. Indawo ababehlala, bebete kuzo.

u Julius uwele wapata apa e Sidwadweni
 u Bushula uwele wapata apa naye
 u Lize upete e Gyume, e Ngangaju,
 wada weza a ka e Sidwadweni.
 u Makalima no Mawosha babepete
 e Lutukela.

11. Ezinye indawo abaya kuzo.

u Julius Makalima wazalelwa apa
 e Sidwadweni waza wapata koma.
 u Bushula upete apa e Sidwadweni
 esuka noyise e Adente.
 u Lize wayepete e Adente nalapa
 e Sidwadweni.
 u Makalima wayebete e Zwini, naye
 Gyume. u Mawosha wayepete e Zwini
 naye Lutukela.

12. Imfazwe abazilwayo. u Julius
 Makalima wati engumfana waya
 e France eyokunceda u Rulumente e-
 mkosini. u Bushula, ulwe imfazwe
 ka Hopu, ka Mhlontlo owaye bulele
 imantyi, walwa eyama Bhubu 1899-1902
 eyase France 1914. u Lize ulwe eka
 Kongxawuse, eka Mlanjini, eka Ngca-
 yicifo bi, eka Hopu neyama tohulu.
 u Makalima asazi imfazwe ake wayilwa
 wangena ku melungu e Ngwashini.
 u Mawosha naye asazi imfazwe wake
 wayilwa kuba ngu koko okude kakulu

13. Sizinto ezizinye abazenzayo.

u Julius
 vena ukufe abantu uba bayokunceda u
 Rulumente, wabinda wancedisa ngemali

Kubancedani.

u Bushula; wazama uba kubeko i Bushula
wabuya emvakoko wasenzi bhenweni ematya
leni. u Lize wayengumtu welizwi lika
Lizo wabankela abafundisi babelungu
waza waka icawe yuse kabe e Lidwadwe
u Makalima wangena ku mlungu wawo
la indlela. u Mawosha akuko ntu
wazi imisebenzi yake.

14 Izibongo nento ziyicacisa ngabo.

Ezika Julius Makalima nazi: -

Embakane yingubo yokwa mbhuk-
wa. Lento icacise uba ngesimo
ukalipile ufuze abako wabo. Ubutosi
busuka kwakoyse. Izibongo zika
Bushula zimaza ukukalipa, noku-
nyaniseka nokutembeka. Kutiswa
ngu Mabeleziko kwelika Mkelo, yimpw-
kane enkonana, yidwische enkone
nyiyeki e bhadi kuba ibazile.

u Lize ukubongwa kutiswa: - Ngw
Soma gashalala, ugwanyelentsengeni
u Somanikiniki, yinto emqolo ukha
bayo, yibulale ikati le m taka Maka-
lima wehlake upa emtini. Uti wena
xa ugqiba ukuyibulala uye kuyifa
ka paya. esizibeni. Befusitshimo ke
xa egqiba ukubulala ingwe abantu
besoyika. Ubesiti akugqiba ukuyibu-
lala ingwe ayokungena esizibeni.
Lonto ke incacisa ubukalipa baka-
obungatetekyo.

ke izibongo zika Makalima no Mawoshe
azaziwa.

15. Iziganeko ezibalulekileyo ngetuba labo

. Ngeredha

kupete w Julius ibo yimbalela ngo 1936 na-
ngo 1945 nokufipala kwelanga
& isicelo esikulu ebesingo 1943. ku
Bushula kubeko i fever ka 1918 umfula
wenya, isifo senkomo 1913, inkumbi
ngo 1936 nenalala enkulu. Ngetuba
lika Lize kwabako w Lindipasi
ngo 1896, isitshi ngo 1901, & inkwenkwe
zi ezatshoba 1910. Ngo Nakalima no
Mawosha asazi nto.

G
H

16 w Julius, no Bushula no Lize
w. Maka lima kwa no Mawosha
babezi pete.

17. Ububanzi bomhlaba ka Julius:

Ngama

3975 morgen. Imida yomhlaba ka Julius
yide: ngomhlaba ka Bhekameva,
opete emhlabati kwisitili saku Isolo.
Oka Ngaveli opete e Lotava kwisitili
saku Dumbu. Oka Dumile, opete
e Ngolora kwisitili sase Libode, Oka
Ksangata, opete e Zandukane kwisitili
saku se Libode. Oka Enoch Mcaso
opete e Gungululu kwisitili saku Isolo.
Oka Mateyise opete e Ngadu kwisi-
tili saku Isolo. Umhlaba ka Julius
upakati kwizilali zibeliweyo.
Ububanzibomhlaba ka Bushula buyana
nale ka Julius kuba wayepete pambi
koba amkele unyana wake, Imida
yomhlaba ka Lize inje ngale ingentla
kuba wayepete pambi kunyana wake

u Bushula, ububanzi bomhlaba ka
makalima no Mawosha asibazi.

ezinye intlanga ezazi petwe ngu Julius,
Bushula no Lize ngapandle kwa Mam-
fengu ibinga Batembek, Amampondomine,
Amampondo, amasosa, nabelala (Coloured)
u Makalima no Mawosha bona babe pete
abambo bodwa kungoko hlanga kumbi.

18. Amandla okupata isizwe :- u Bushula uti
ngonyaka we 1913 watumela abantu uba bayo
kulwa ~~wancedise~~ abelungu kwimfazwe eya
yise Pisika. Uti ngo 1914 kwimfazwe yama
Jamani wabuye watumela amadoda ukuya
kuncedisa abelungu. u Bushula wayetotyelwe
etandwa ngabantu baka. Wake wayi Sijini
yamapolisa wenza umsebenzi omhle kaku-
lu kulo nkongco. Unyana wake, u Julius
lo, uyinkosi ngoku, wamkupa uba ayi
kulwa ancede u Rulumente kunye neqela
lamadoda wamabala, wati akuba ebuyele
emfazweni unyana wake lowo u Rulumente
wambulcha u Bushula ngompe ngenxa yoku
zibalula kwa South African Native Contingent.

U Julius yena uti ngonyaka ka 1937
wamkupa iqela lamadoda uba ayokunceda
u Rulumente. Uprandi kwakona wancedisa
ngokuti akuphi imali yokuncedisa kubance-
dani. u Lize ayibe ka Bushula wapuma
kunye nenepi yake ukuya kwimfazwe yama
Bhulu ngo 1900 uncadisa umlungu. Watumela
unyana wake u Bushula uti uba abe lipolisa
waye yabazini yamapolisa. U Makalima yena
wavelisa izikolo kwelinye lase Aggushwa awasume
lana na Befundisi abambhlope abango Read

no kufu ukuba kwakive izikole kulomhlaba.

U Mawosha ke yena asazi nto ngaye kubwayepeti
Eweni.

19 Abafazi bezi Akosi :- Oka Julius umfazi wokugala
igama lakowabo yayi ngu Minise, ezalwa ka ngu
Petros Poswa uyise, elonzi igama lake yayingu
No Hakisisi, isiduko ingu Mandlovu. Inkomo
zekazi zapuma ku Bushula uyise ka Julius.

Umfazi olandela onokugala igama lake wabo
ngu Ntonbentle ezalwa ngu Robert Honono uyise
elonzi igama lake ngu Nomantye, isiduko
ngu Magadluma, inkomo zekazi zapuma
e Bandleni lase Sidwadweni.

Oka Zushula umfazi onokulu igama lakowabo
yayi ngu Yalzywa, ezalwa ngu Klasi uyise, K
igama lonzi wake ingu Nofanti, ingu Lonani I
isiduko sako, inkomo zekazi lake zapuma
ku Dze uyise ka Bushula.

Umfazi olandela onokulu yayi ngu Noyinduku
igama lake wabo, ezalwa ngu Daniel Madabane
uyise, igama lonzi wake ingu Nowanti,
isiduko sako ingu Mamtolo, inkomo zekazi
lake zapuma e Bandleni lase Sidwadweni.

Owesitatu umfazi ka Zushula yayingu
Grette igama lakowabo, ezalwa ngu
Rumetwana uyise, igama lonzi wake ingu
Nogem, isiduko sako ingu Makuboni,
inkomo zekazi zasolwa ngu Bushula ngo-
kwake.

Owesine umfazi ka Bushula ngu Legina
igama lakowabo, uyise ngu Belega, uno
Ofisi igama lonzi wake, u Madlambulo
isiduko sako, ikazi elakobola yena lapuma
ku Bushula ngokwake.

Abafazi baka Lize :-

Umakulu ngu Nonayezwa uyise ngu Nxongoshiyane, igama lake lomzi ngu Molayi, isiduko ngu Mankomo. Walotyolelwa ngenkomo zika bekunyana umkuluwa wake wancedisa ngamadoda atile.

Owesibini umfazi ka Lize ngu Buzeka, ozalwa ngu Mgalo uyise, igama lomzi ngu Nosanti, u Madlamini isiduko, walotyolelwa ngu Lize.

Abafazi baka Makalima :-

Osimaziyo mnye abanye asibazi, lowo ke simaziyo yayi ngu Nyamazana ezalwa ngu Ngotula uyise, igama lomzi ingu Nosanti, isiduko ingu Mantlangwini, ikazi lapuma ku Mawosha uyise ka Makalima.

Abafazi baka Mawosha :-

Asibazi abafazi baka. M

20 Abantwana

N

Abaka Julius abantwana ngaba :- Ngu Silenko, Nombulelo, Montutuzelo no Nombizanele owokugqibela. Unyana mnye ngu Silenkoumbe, u Mandlovu Hena akanantana.

Abaka Bushula abantwana :- Ngu Julius, Billius, Julia, Janet and Florence. Amadoda (onyana) ngu Julius no Billius. Unina wabo ngu Mamtolo. UMamtolo ngumfazi wesibini owokugqala umfazi akazange azale. Nowesitatu u Makubone zange azale. Owesine umfazi u Madlambulo uzale mnye na ababini u Mandakude no Ishangana.

Abaka Lize :- Ngu Bushula unyana, u Mata no Beta (amawele) bezalwa ngu Mankomo.

umfazi wesibini ka Lize u Mangalo uzele u
Cebuka intombi yodwa.

Abantwana baka Makalima :- ngu Lize,
u Dingana abazalwa, ngu Mantlangweni.

Abaka Mawosha abantwana: ngu Makalima
no meoni udade wabo no Buxxashe bazwalwa
ngu Nohani unind.

21 Apo ezinkosi zafela kona :-

- 1 u Julius ukona ufele apa e Sidwadweni
- 2 u Bushula ufele apa e Sidwadweni, Isolo.
- 3 u Lize ufele apa e Sidwadweni naye
- 4 u Makalima wafela e Totsikama kwesika kama
- 5 u Mawosha yena ufele e izweni.

22 Incwaba laka liyahanjelwa na?

Incwaba laka

Bushula liyahanjelwa, ligcinsiwe, laluswe
ngabantu baka.

Incwaba laka Lize nato laluswe likanye
lwa kunjalo.

Incwaba laka Makalima asazi nto ngalo
kuba wafela kwa Ngqika.

Elika Mawosha incwaba akuko mtu wazi
nto ngalo.

22 Incwaba laka Bushula liyaziwa
Incwaba laka Lize liyaziwa
Incwaba laka Makalima asilazi
kuba ufele kwa Ngqika.

Incwaba laka Mawosha asazinto
ngalo.

24 Umtombo wohlanga : Iziduko :- Amazye
abatembu (base ludeni) aMazcaga, aMakomany,
aMasadebe, aMakuboni, aMantambo,
aMakuzo, amaDey, amaZolo, amaDuma,
aMavonwe, amaJwase, aBonani, amamiya

Unjijela, Amatinga, Amakewa, Ama Nguni
inkosizaba.

25 Isitakazelo : -

Amazizi - Akwa Janra, ka Sijadu

Abatumbu - Abakwa Dudeni, kwa Mvelase

Mpafane edutukela. Amagaga:- Amandonga
na, o-Lubelu, o-Mtandukuhamba njengelanga.

Amakomanzi:- Abakasinduzukusuka,

bakwa mlunjwa, Amaginebe. Amaradebe :-

Akwa mtinkuku kwa mlotywa. Ama Kuboni :-

O-Langa, Amabhele, o-Sonani. Amantambo:-

amatiyane akwa mdelanga. Amakuzo :- Akwa

Sibakulu, kwa Ndlovu zidlekaya kukuswelu

malusi. Amadezi :- Amashuani, kwa

Dansa kwa Hebo. AmaTolo :- Ngo vumba

lempungo liyanuko, o-Dlangamanda, o-Masak.

Amavemve:- Ngo Gasela ka Mtungwa, osidudu

sadaka abayeni, ujijezwa ka Nomatotola.

oMaduna :- Ngomkhalo, kwa Jiyana. Amajwera

uKatiti, ufele lenja, uMayara. Amamirya

Izizakula ezata ukalandela. Amanjijela :-

Abakwa Olabanga, amagotsho. Amatinga :-

Akwa Ishezi, kwa Sakade. Amakeswa:- Akwa Ngulile

Abenguni Inkosi, Ngo Mpafane, Dukela, Mabizela. R

Abakwa Nongayi, Abantu abeza bebucocobela. S

njengokwindla, Abahlamba ngobulembu,

obutelezi.

26 Ababantu bonke beza nenkosi akuko

bangenelelayo.

27 I mbali yamazizi : Amazizi ayemi e Sandu-

lube, yintaba ke leyo ekwa zulu. Ubezizibwe,

ke ngalendlela :- U Mzizana ngumtu ozala

Ama Dlamini na Ma Tolo, u Mzizana no mtolwana

yayingamawele. Um Tolwana ubuy wabizwa

ngokuba ungu Olangamandla kuba akhalicelanga
ilanga, licilwe ngu Mzizana, waza u Olangamandla
walwa ngamandla ufuna ukupata kuba uyise
usuke wanqata efuna kupale Umzizana owayesisi
nei.

Intlanga ezininzi zipuma k~~u~~ Majizi ngokuba
kupunwa ukuba kuzokwendiselwana kwapakati
kwazo apa. Ezoke nga Mamiya, Amandlangisa,
Amashweme, Ama Zenza, Ama Gogolo, Amamba-
njwa, Amasango.

Amakuze : ~~Oku~~^{ma} ku jutulisile, kuzo kuveleke
u Sibakulu ku zuluksile, kuveleke Amazibula,
Amanfwan, kuzo kuveleke u Dweba wase
Sandlulube. U Dweba uzala u Solanga, ku
Solanga kuveleke Amajama, ku Majama kuvele-
ke Dakade, zonke ke ezigizwe zize nga Mamiya,
Amambanjwa, Nomasango zipuma zisasazoke
ku Solanga apa na Amashweme lo alapo nawo.

Amantambo ayese mdeni ngase Lutukela,
intloko yawo yayi ngu Mbandeni, ozele u Khwakhwa
ozele u Jiyana uzala u Mtambo lo, u Mtambo uzala
u Novetshe ozele u Hongcola, ozele u Boyi inkulu
ke leyo. Ulandelwa ngu Dyani olandelwa
ngu Mgutyana.

Ama Nguni nama Gundeni (Abatembu)

Ama Nguni apuma ezweni. U Mpafane wazala
u Ngubinolaka, ozele u Miumane, ozele T
u Butelezi, ozele u Mawosha, ozele u Dukela, U
ozele u Ishangana, ozele u Makalima, ozele
u Lize waze waze wazala u Bushula,
u Bushula wazala u Julius lo upeteyo
ngoku.

Amakeswa : u Keswa upuma ngu Nguni
ngokuvimba wakulu e indlu ezantzi kwesibaya

kwatima ke bangi Makheswa ase Mphafane.

Abatembu bakwa Audeni bapuma kwa lapa kwi Nguni akwevana isitembu sabafazi, yaba nga Batembu base Mphafane, e Lutukela.

Ama-Bele (O-Sonani) Apuma ku langa ozala u Ndabegita, ozele u Mafu ozala u Bunta, ozala u Mabandla ozala u Mbovane. Anakuboni, Ama Dlambebo, O-Sonani no zondi onke apuma apa ka Bele. Bavela e zweni e Lutukela ima Cauzibe nawo apuma kwa ku Bele.

Ama-Deji: Apuma e Mzimkulu, ngama zotsho, eligama lobu zotsho livela kuba ababantu bazotsha uwele. Inkosi yama zotsho ngu Mabuleni ongowa kwa Deji. Ku-Deji kupame izizwana ezingama ndlela nama Dlelanga nama Hlabe, abeshwawu

Ama-Gwara: - Ngama Bele banamandla ema Beleni, Ngababeki benkosi zama Bele.

Ama-Radebe: Nga Mahlubi, u Radebe uzala u Mzimkulu ozele u Ngobizembe. Omvenve na Maborqwe nama Ishabangu apama ku Ngobizembe nezinye izizwana ezininzi.

28. Izibongo zama zizi: - Ngu Ndandaza, ngu Nonane, ngu Lunika, ngu Sijadu no Solanga.

29 Kunenombo nganye: - kunenombo nganye kuhla kuhlale kahle kuliko nji okwazayo ukwenza ibhekile nokuzingqa umti nje ngenzawe zomnyamaizi, ukwenza itunga ngomhlangoti.

Amayaza ke nawo ayaziwa, umhlonyanane, igwili isibara sokunyangwa amahlaba nesifuba, Umkhu. klu wokurudisa, indawule iyaziwa zezintla-V nga zixeliweyo. Igqira lenkosi liko nalo lokuhla W mba inkosi. (Abenzi bemvula ngaba Iwa, noko bakela Mampondomise)

30 Abona bantu bakulu: Abona bantu bakulu

kukhlanga olu ngaba zizibonda, oko kukuti endunwa zenkosi. Nanga amagama ezibonda zenkosi :-

- 1 Ditshane Nenemba upatele inkosi kwi Ndlebo ndlovu
- 2 Dalitenjwa Jongilanga upete Umkulii
- 3 Zwelinzima Sibuta upete e France (ilali)
- 4 Kolisi Makalima kubambe u Dyubele Mpapamu obambele unyikukulwana ka Kolisi ogama lingu Mfpati Makalima ku Cingco
- 5 Ludi Ngambu upete e Sizindeni.
- 6 Nyawati Magebuta obambele u Zukela Makalima endeni.
- 7 Hamiside Monti opete kwa Sey eleyele.

Abancinci ke, abantu koluhlanya ngaba bangaxelwanga, oko kukuti ngaba petweyo zezibonda zibapeteyo zibapatele inkosi kwimemango ngenumango.

- 31 Olona hlanga lupuzulu :- kwizintlanga sezizeliwe olona hlanga lupuzulu ngaba dembu base Indeni kunye Nama Keswa.
- 32 Olona hlanga lupantsi :- Ngamazangwe.
- 33 Abona bantu fofika mwa :- Nga Magecaga.

2 Ilizwe

1 Intaba aziko kwelilizwe ngaphandle kpalaya kutiwa ngu Cingco xa ujonge e Mpumalanga ngu Julius ngasekunene, ngasekhlo ngu Bekameva. Indule : yi Mvumelwano epambi kuka Cingco kwelicala lise Mpumalanga. Lenduli, zekutiwa e nye kuse Mvumelwano, kwa Mangalana u Bushula no Mcakumbana. Kute kwaku fika imantji wawamisa amatye. UManji wawamisa amatye awakwa Bushula nawakwa Mcwakumbana waki bakani Y iziziganga zabantu ababini elika Bushula Z

774

nesika Mcakumbana. Wati ke kumacala omabini nakatiye igama Induli. Kutwe ke ngalamabandla mabini, kuse "Mvumelwano" kuba kwakwenu nyclwene ngalamabandla mabini.

Induli elandelayo ngu Bokwana epambi kwe Mvumelwano. kucala lase Mpumalanga. Enye Induli ngu Mahoyana engapambili ko Bowana kwase Mpumalanga. Enye kukwe Sezulu, enye yi Esungululu ne Ngadu.

Imifula :- yi - Gwali, u Nomtambo, i Ishisane, yi - Acolosa nentlanjana yaku Dudalele, kuse Mcambalaleni entonjeni we Acolosa, nemifulana ekulisa yi - Kwabukazi no Madakana.

Omnye untonjana kutiwa Satomu, omnye usesigingqini ekoneni yintsimi ye Nkosi nase Dyobweni kwidlelo elise Jozweni. Omnye ungase sibolweni ngaku Taki Makalima.

Amahlali : Akoko amahlali kwelilizwe ngapa ndle kwelityolo labanga uba lindawo kutiwe kuse Sidwadweni. Ihali ezimclene naleyeko Mcasa e Mhlakulo, eka Mateyise e Ngadu, eka Sifekese ka Gcisa, eka Cameron e Ngika, eka Willie Mhlo e Mbokotwana, eka Bhekamava e Lokonpa neka Acayana Mtuli e - Dyeni.

2 Ijinto ezibalulekileyo ezengekayo: e - Gwali naku nlanjana ekutiwa ngu Nomtambo kulapho intloko zamadoda zikona. Zabalapho kwimfazwe ka Mhlontlo. Nemfazwana eziziqubulo za Mampando. Ukupuma apa ku Nomtambo zehambe zaya kuma ku Nonzaba apo kwakusiliwa njalo ke. Ukupuma ku Bokwana zaya kuvela e Gwali zada zaya kuma ku Cingco. Ezondawo ke ama Cingco namazantsi e Ngcolosa zazinge muwe mtu, zozi ngamatanga nye. Kute ukuzi zimwe kwelha

~~in liye e Qhangaru wemakwelilizwe. Pambi koko
yayi nga matanga ka Bokillni inkosi~~

ya Mamponae.

- 3 Umtu owacemil. Akuko mtu wayemile kwezi ndawa zizeliweyo.
- 4 Inyadu lihlati elikulu elenembabala, kulo ke kuyalindwa akuzingelwa mtu ngapandle kwemvume nokucela. Natapo umtu kufuneka edubule inkunzi yembabala kupela imazi azidutyulwa. Kwezi letu akw ndawo zinazikhonipho njengemilambo esiyawayo kwamanye amazwe.
- 5 Izibongo. Akuko mtu nazibongo ngemilambo namahlali elizwe.
- 6 Izinzobo (paintings) yinto ezinjalo aziko kwelileti.
7. Amagama ezindawo: Ucingo ukwabizwa ngoba yintaba ye Nvumelwano. Nanti umtombo ekutiwa yi Santome ukwabizwa ngokuba li Izhisane. Omnye umtombo kutiwa ngu Kwabharwabha kwa e Izhisane. Omnye kutiwa kuselatyeni kwa e Izhisane apo. Iumfula we Ncolora kuko indawo ekutiwa kuse Swaneni nokutiwa ngu Noketile. Indawo yatijwa ngomfowazeleni apo enesifombo kunye nombake, oka Ndonyela kwa Kamula. Kwase Ngeolora kuko ilwa ekutiwa lelenyosi, kuhlanjwa kwelo zibuko impahla yabantu. Ezonyosi ziyanzaba kude kwenziwe imate zokumtoba ngama-tyatanga umtu kodwa kungabe ukupakule ka kwazo.
- 8 Incazo ngemilambo: U Nontambo ungena e Izhisane uhle ke ngoku sowuli Izhisane lonke ungene e Ngeolora, Ingeolora ~~to~~ ihla yo ngena e Izhisane elinjena Inzimvubu oya elwandle ~~to~~ umfulana ekutiwa ngu


Mangese unyana kwelapa e Ncolosa.

9 Apa e Sidwadweni isibonda ' ngu Julius Makalima, unyana ka Bushula u Cingo ukulomhlaba ka Julius, lomlanja na ekutiwa li Gwali, no Montambo, ne ashisane, ne ngeolora no Mangese. u Julius uhlala apa e Sidwadweni. u Julius urawulwe ngu Gangaata unyana ka Zokileni inkosiyane Mampondweni.

3 Ilali, Indlu

- 1 Unyomkulu : Unyazi omkulu ondala angelwa ka Bushula.
- 2 Apo ukona : Unyazi ka Bushula use Sidwadweni kisiqili sako Isolo.
- 3 Umnini wawo :- ngu Julius Makalima

4



6. Abaki bendonga : 1 udonga lakiwa ngu mbozwana Dinini upahla latonywa, latu ngwa ngu Dorji Makalima: 2 yakiwe ngu Mucameni Magement youke. 3. yakiwe ngu Savin Dinga youke. 4. Yakiwe ngu Savin Dinga youke. 5. Isiseko sakiwa ngu Savin Dinga, yagqityelwa ngu Mdonono Lizo. 6. Yakiwe ngu Bawana Honono isiseko nodonga yaza yagqityelwa ngu Ngalipi Gemale upahla noke yitunga. 7. Ingcingo ezi zibiyele lonzi zenziwe ngu Julius. 8. Amasango nawe enziwa ngu Julius. 9. Intlanti ezimbini esenkomo nesegusha, zakiwa ngu Bushula 10. Antsimi nayo zabiywa ngu Bushula.

7 Abaninizindlu : 1 Eyokugala ihlala induna kazi ka Ma-Eaduma inkosikazi. Kendeu-nakazi, inonyana bane, iyayo eyesihlanu. (2) Elandela leyo yeyentombazana, u Nombulelo inkosazana. (3) Eyesitatu yi private office y enkosi u Julius. (yindlu yemicibi). (4) le yesine yindlu yenkosi yokulala. (5) le yesihlanu yikoyi y enkosi (indlu yokuvunela) (6) le yesitandatu yindlu yokuphelela (kitchen)

8. Umtu owagala ukwaka : lonzi ukugalwa oha wakiwa ngu Lize

9 Indawo awayehlala kuyo kugala :- u Lize lowo pambi kokuba eme opha wayemi e Bhangaru (Macleas)

10. Umtu owonyula isiza :- Isiza esi sonyulwe ngamadoda awayevela nawo e Bhangaru u Lize. komadoda yayi ngu:- Ukumanda, Mbongwe, Ndinisa, Sizani, Platyi, no Janis.

- kwananonye ke amadoda e wayesiza nawo u lize.
- 11 Isizatu sokonyulwa kwabendawo:- bendawo ya bonwa uba yofanela ikomkulu, kuba yomile ayin amtombo. kw aketwa umzi ophahlwe yini fula. Upantsi kwe nduli, ujonge e Dfumaalanga. Awoko hlatini, nakufupi namatyolo. Into eyajike yimanga egadisei yaza yawiswa parti kuba londawo elinywe. Umzi lo ukumhlaba ocunayo kakulu ongenamanye. Usempengempengeri nje umzi lo akuko hlati likufupi. Ukufupi namanzi, ukufupi namasinga. Imvowa eli lisenipilo kakulu. Isipahla yanda ezinje nge nkomo, igusha hebhokwe.
- 12 Isanuse :- Isanuse asibizwanga kungaka-kiwa. sibizwe kwakugqitywa ukwakiwa. Isama lesanuse senkosi ngu Hoyiyana Ngudle.
- 13 Into awayenzayo :- Into awayenzayo u Hoyiyana wafaka izikonkwanne, wajikeleza umzi ne ntlanti ukuze ube nesitunzi.
- 14 Into eyaxelwayo :- Kuxelwe igusha into ke leyo yokubetelela umzi, ukubingelila yaba yigusha emnyama. Igusha le ingunyulwe nje, ayixelwa nga inkomo yeheni. Ingunyulwe ngu Hoyiyana ngokwake. Akuko mtu wabanaliziwi ngapandle ko Hoyiyana umniini ndaba, isanuse Isanuse esi, sati lonzi wakwe Nguni uze ube ne camagu ste ungabi namashwa. Usakuba ugqitywe umzi lo ukwakiwa, kubizwe i Bandle (amapakati) kwahelwa ukabi yenkomo, yadliwa libandla lo. Ixhelwa ukungula izinyanya zalonzi wakwa Nguni. Ke yena u Hoyiyana unikwe inkomo ukubhatalwa ngokubetelela oku.
- 15 Into ekwagalwa ngayo :- Kwagala kwakiwa izandla.

- 16 Uhlobo ezakiwa ngalo : Ukwakiwa kwezindlu kwagala kwakiwa izindlu zenza isangha sangga-nga isibaya.
17. Umaki : Izindlu zakiwe ngabaki, bencediswa ngaba melwana, kwanezigalwana zenkosi.
18. Iindle enkulu : Indle enkulu apa yeyomnye wa mapakati ongu Solomon Nongcula. Indle le wazakela w Solomon udonga, yatungwa ngumfo olimporde ngu Mtsheki.
19. Iinto eyenziwa ngumtu nganye : Udonga lakiwa ngu Solomon ngokw ake yozake yatungwa ngu Mtsheki.
20. Izinto ezasetyenziswa : Udonga lakiwa ngezintwa ezinga tshiswanga, incha yopahla ngumngcele yaza yatungwa ngentabo yosashu. Iinti ye pali, yi payinti (pinetre) upahla lubetelelwe ngezikonkware.
21. Itesha lokuyaka : Iindle yagqiba inyanga ezimbini ukwakiwa kwayo.
22. Indawo-ndawo zandle : Indawo-ndawo zandle zezi, ucango, umgubasi; idywabasi, upahla, ufulelo, izikonkware, umgangato; iziko, ibala (pambi kwendle nasemva kwendle) icala lasekunene nelasekohlo, itala, igolongwa, amayeza okubetelela, izikonkware, umti ongumdebe odityaniswa nesikumba sentlwati nesanya yolwandle njalo njalo ke.
23. Umsebenzi wezinto nganye : Ucango kusebenza ukuvala indle, umgubasi ubamba ucango, idywabasi yenza upahla, upahla lukusela imvula nenngcele, ufulelo lukusela umnini ndle emvuleni naselangeni, izikonkware zisebenza ukugcina utulo, umgangato kuhlaliwa kuwo, kuyabaswa eziko. Ibala pambi kwendle leneka imbonyi namazimba

njalonyalo. Icala laakunene lendlu lalamadoda, icala
 laso kohlo emva kocango kelabafazi. Ithala leloku
 foma impahla, kanti inkuku ingakela egolonweni
 izalele kanti nempahla iyatshywa. Amayeza nga-
 wokukusela indlu kanti ko nava kutē kwafika
 ukufa nokuba ngumtana ugule ngequbulo ahlala
 eko amayeza ukwenza uncedo lokugala (First Aid)

24 Izinto ezingoko sikweni :- ukungambeki uyihlo
 nonyoko, ukubaleka nokungatobeli imiteto
 yabo kudala amashwa. Ya unzali ade wati,
 "akusoze ube nto," zake selekugalekisile uzakuba
 namashwa. ~~Ya unzali ade wati, Amashwa ayada~~
 lwa nakukungambeki umtu ufanela kukumbeka.
 Umntana opendulayo kumtu ongumzali nom-
 dala kunaye, noti xa etshywa ahambe embo-
 mbozela kutiwa akanasimilo. Umntana ongxolayo,
 nohlekeyo, oculayo, nodlalayo pakati kwabantu
 abakulu kutiwa akanambeki. Nabafazi akufu-
 neki bathethe pakati kwamadoda, benze ukungxola
 nokuwazela amadoda ehleli evoce. Izinto ekutiwa
 azenziwa :- Akubhalwa pantu ngomsi okanye
 ilahle, kutiwa ubanga ilishwa. Intaka ezitile
 kutiwa azityiwa okanye ezibulawa nje ngomculo
 usikwalumanzi ngalo. Ukusabalala into engeyoya-
 ko, uzenzela amashwa. Izinto azidliwa ngaba-
 fana kuba kutiwa boba nempandla.

Isonihlola :- Inja xa ite yangena endlini
 kuhleliwe yafika yathitshiliza paya entla
 iyahlola, orhlanumbi ivela into embi. Xa ukomo
 ibuye endle yangena ebuhlanti emini
 izake ihlola, xa lentaka uzingqanga zake ite
 yezo, pakati komzi ikala zake ivela into embi
 ezakubhala. Kotekwane uti akuya ekaya kulinde-

live ilishwa.

Imbeko :- Umntana obhekileyo ebazalini baka, no Tobekileyo, nongapenduliy xa engxoliswa kutiwa unembeko. Umntshakazi onembeko ugcina amasiko entloniyo, kanye acweze kwindawo ekufuneka ecweze kuzo.

25 Indlu yokuphekela :- (a) Indlu yokuphekela, (b) ucingo, (c) ubuhlanti benkomo, (d) isibaya sebhokwe, (e) isibaya samatole, (f) inyango yokugalela umbona, (g) ingobozi, (h) isilulu. Indlu yokuphekela yakinwe ngumniniso u Solomon nongcuka yonke ucingo, nentlantsi zonke zakinwa nguye ngokwake. Izisele zenziwa ngumniniso nabamselewana. Ingobozi zenziwa ngabafazi. Izilulu aziko kulomhlaba, zisetyenziswa e Lusutu u Solomon wayenza yedwa yonke indlu yake iyeyokuphekela. Indlu li yenziwe ngesoyi zomhlaba. Ipali ezenze uphala zizidwabasini (wattle) nentyi ikwa yidwabasini. Itungwe ngenca yomngcele. Itatambo ekutungwe ngayo yeyorashu. Ucingo elubiza lomzi lenzuwe ngezibonda zonti wodwa. Yidwabasini ubuhlanti benkomo; nesibaya samatole nequsha zonke zenziwe ngama hlahla edwabasini. Inyango yokugalela umbona yenziwe ngamadoda ngesoyi. Ingobozi yenziwe ngenzi. Ituba lokwata :- (1) Indlu yokuphekela yakinwa yagqitywa ngeviki ezintatu. (2) Ucingo bakinwe ngeviki ezimbini. (3) Ubulhanti benkomo benziwa bagqitywa ngetuba leviki kuba isis ku-sinibelwa amahlahla. (4) Isibaya sebhokwe senziwa ngenzinku ezine, amatole ahlala kwayesosibaya. (5) Inyango yokugalela umbona yagqitywa ngesituba senyanga, kuba yakala yedwa.

Ingobozi: itala ituba elingangecawe enye.
 Umnyango, umgubasi, idywabasi, upahla,
 ufulelo, izikonkwane, umgangato, iziko, ibala,
 icala lasokunene, icala lasokohlo, itala, igolomisa,
 amayeza. Umsebenzi wocango: - yinto yokuvala
 kungangeni ngqele, n^movula, nemimoya.

Umgubasi: - Umgubasi yinto ebamba ucango
 uba lungasungu pantsi, uncedisana nokuvala.
 Idywabasi ezipali: - Yinto yokwenza upahla, inca
 ingeyeli igcine indlu kangeleke kakuhle.

Upahla: - Lunceda abantu ngokuti lungande
 imvula ukuzo abantu bangafi yingqele.

Ufulelo: - Luncedisana nophahla, kungangeni
 ovula, kusiti.

Izikonkwane: - Zibetela iintyizi uba zedibane
 nepali. Umgangato: - Wenza ntle indlu, ingabi
 nazi qingqi. Iziko: - le, yindawo yokubaswa,
 kotwe, kufakwa kwakuyo. Ibala: - Isikhombisa
 amanzi. Amacala endlu: - Icala sokunene icala
 likhala amadada, kanti icala sokohlo likhala

abafazi. Itala: - Yindawo yokuxoma izinto,
 izitya nempahla elolohlobo. Igolomisa: - Ikwa-
 yinto eyakina enta apa endluwini. Nayo ke
 ihlala izitya kwanamayezo. Kanti nentkuku
 ziyatanda ukuzalala kulo. Lityatityekwa
 kakuhle ngabafazi libe likhe, ligude.

Amayezo akahlali endlini yokupekela,
 ahlala endlini ehlala abantu.

26. Izikhombiso: - Ucingo alunanto yaziho-
 mbiso. Izindlu zake azihonyiswanga, amasa-
 ngo, ucango, ipali zocingo, imigangato yezindlu
 zonke, ezonto azihonyiswanga. Imingqazi yezindlu
 kubekwe udaka, kufakwa amaty eaqekizweyo

Lonto ke ikangelaka kakuhle.

27 Iindlela - ndleka zokwaka :- (Styles of building)

Umzi wenkosi uyehluka kweyabantu nje ngokwakhwa kwezindlu. Umntu oye ongeyayo okori uzenza zingafani izidlu zake ukuba nyatanda.

Ikali azakhuwa iyengelokishi. Umntu uske eme kalandawo inkosi iphe kuyo incwawa lake.

Izindlu zijongiswa nokuba kukwelipina icala ngokutanda komninimzi. Iinto ebangelaba umzi wenkosi wahluka kowomtu omnyama kwa ukudalwa abazange balingane. Lo uyinkosi uhleli ecinga, ngoko ke nemizi ayifani. Ubulhanti benkomo buta pambikwezindlu bujongane nezindlu ezi. Isizathu salento sesokuba ma uti xa ufikelwe luthaba ebulhanti uhle ulwe okanye ulubone ngamehlo. Ijisele :- ziba pakati ebulhanti. Zenzelwe ukuba izisele zigangstwe ngama-ngina enkomo.

28 Umntu ofuna uba ngum-mi elalini. Ukuba umntu uyangena elalini ofuna ukuba ngum-mi wayo, ufikelwe kumntu ongumzalwana wake ake ahlale naye. Ke umhlolo lowo afikele kuze unesa enduneni yenkosi, ize induna imso enkosini iyokumchela umhlaba, eaza uba ofuna uba ngum-mi. Ukuba ngumhambi uyedlula ucela indawo yokulala xa ngaba uhluwele. Uy akahlala kumninimzi azitole aze alale ati kwakusa ahambwe. Lomtu ufikeleyo ecela umhlolo indawo uba ugqotwe lomtu unetypala ngokugqota umhambi ngoko mtelo wesintu. Xa umntu emka elalini uya e Akosini afele uba uyahamba, ize ke imenzelo incwadi yemvume ayise e ofeni

Kanti ke malapo uya enduneni yenkosi ibe yigo
 emsa enkosini ngalomcimbiwako. Ya umtu engena
 endlini, uyangena atiselapakati abulise ati, "Molweni
 ukuba yindoda uya kwicala lamadoda ahlale kulo
 ukuba yinkazana aye kwicala labafazi ahlale kulo.
 Ya umtu emka endlini uye abulise ati, "Salani
 ngoxolo." Uba umtu ufuna ukungena esibayeni
 komnye umzi, uya emadodeni okanye kumini
 mzi aye naye ebuhlanti. Akangeni yena ebuhlanti
 umtu wasenzini usike akutshelwe lonto iyeyake,
 abambe nayo ukuba iko. Umtu elalini apa
 kutiwa unesimilo xa inteto yaki intle engawelani
 namtu. Kukuyoyika into embi nokungaze avakale
 ukuba wenza babi elalini apa noba bululuphina
 uhlobo. Ukuba umtu unesimilo ufika endlwini
 ni kungolwa, kusiliwa ubonwa ngokuti
 asolise azame ukuyitotisa ingxabano leyo.
 Umtu onjalo uyoyikwa, uti efika akuba egondwa
 ukuba nguye kutiwe, "hayi makuyekwe lonto,
 ubani asintu ugqandayo into embi." Nabantu
 ke basuke bamthbele kuba bayamazi.

29 Intlo entle ekufuneka uyenzile :- Intlo entle ekufu-
 naka uyenzile elalini kukuba abantu ubafundi-
 se ubulungisa ngo Jiro, bayeke izintlo ezimbi.
 kufuneka ubafundise ngontelo. Inye into eku-
 funeka uyenze kukuselenza ulime amasimi
 kona ukuze ungalambi ubizintlo zabanye
 abantu. Izintlo ekungafuneki uba uyenze
 kukuba, oko kukuti engatati into yomnye umtu
 ngamandla. Uyiqwalasele imiteto elishumi.

Umtu ohlonela inkosi yake kutiwa unesimilo
 umtu owapula imitelo leixelwayo kuye kuti
 we akanasimilo, ubigga, indladisa

umti opumane enge, opumane ateti njalo Ke,

kutiwa akanasimilo. Umntu ~~lala~~ ingxabano agumtu onolwini otelekisa abantu, ongalugei viyo ulwini lwake. Akufika epuzini umntu kufu neka eme enkundleni umntu, okanye akhale kona apo amadoda aze ekona. Ukuba akufika kunge komntu enkundleni uya ngasendlini lyokufuna indawo enabantu. Umntu ngoku umzi ingo-wake, akayi kwelacala lomolokozana. Nomolokozana akayi kwelikayise icala. Ngapandle komzi umolokozana usoloko ekhlopile kwicala likayise. Umntu ongunhambi ufike eme nje ibe ngabantu bomzi abamalatisa indawo.

Akayi entle engajalelwanga ngabantu bomzi. Akayi ebuhlanti nasemasimini ngapandle kokuba uya nomninimzi ngenzume yake. Akayi ekoyeni (Store) kuba kuti kanti kuko izinto eziyimfihlo yomzi. Mayela noku teta akanako ukuteta yonke into afike tetwa eyimicimbi yalomzi angacelwanga. Ukutshica izinto engezinye endlini ngokwesiko, umntu utshayela kwindle ebucala yokubuta amadoda ekungati kutshaywe, kutshicwe kuyo. Ngapandle koko umntu utshayela pandle. Mayela nokucama umntu ongunhambi, acamla bucala okanye ngapandle komzi, kuba inkundla le yindawo yomzi okokuti eyoyomninimzi. Indawo yokulala umntu uyajicela ayipive. Uyalatiswa kutiwe, "lala paya", alale kulondawo nokuba kulondlu. Umntu upiwa ukudla kulondlu inabantu aze, aze ayekulala kulondawo alungu selwe kuyo.

30 Initelo kumadoda lali, kwazalanayo, nakwizihlobo.
 Lemigazo iyafana kuwo onke amadoda elali,

ayi qwalasela ngokufanayo onke, isiko lunye.

kumadoda azalanayo izintlo zomtelo ziyafana. Nakwizihlobo umtelo wokuzipata nokwenza izintlo ngokubanzi uyafana. Ng 9 x egokazi ngumtu osolefana nomtu wasekaya. Akalindelwe ukuba makahlonipe nto. Uyahamba napina emzini wake ade aye nasebuhlanti sele xolele kile nasekuthayeni yena udla ngokuthaya napina, nezintlo zomzi zibuzwe kuye nje ngomtu onolwazi kakulu. Inggondo yake sejifana neyomtwana xa akulileyo ngoko kude ayekwe azenzele ukugonda kwake. Umthakazi osandulokuthata anezintlo angazitjuzo ade axelelwe ibokwe adliswe amasi. Lonto ke uyamkulula ukuba awadla amasi omzi wake, kanti kanoko iselwa likayise akasokuze alipate. Usoloko ehlonipile konke egcina icala lake. Isimilo sake abonakala ngokuti ahlonipe, angaw abizi amagama abantu bomzi wake abadala nabangasekoyo. Bezi-nya ezi gomzi wake uyizihlonipa, akazibeti, akazi ngxolisi, uteta kancinci nazo, kuba xa angxolayo nazo, esilwa, kutiwa akawse hlonipanga umzi wake. Amehlo ake akapaka mi ukujonga, agcinwa kugungxo, iqiya egquma amehlo la. Xa shambayo usoloko enento ayembetayo, esakatile, akacili emzini wake. Kanti isalukazi, umfazi ondala, angahamba nokuba ucilile. Abantu abahgazi kuti tina bantu bapatwa njengokungati belusapho. Balala kwindlu yendwendwe ete geqe, kanti akukontlo bayitengayo ekayapha. Abahlawuliswa nto ngokulala nokudla, kwenye ngokuba nalupina uhlobo lodwendwe lenga hlawuliswa nto, nokokuba uluhlanga lunena oludwendwe

utshayela pandle okanye kwendlu yendwendwe

leyo alele kuyo. Ukuba ngumninawe kulilunge-
lo ukuba angaya napina nyengonyana. Izizalwa
na zegazi ziyashiyana emzini ngokusondela kwa-
zo kubanini mzi, kubenjalo ke noku patwa kwazo
Umkuluwa uhleli ehlontshane ngumninawe
wake, kuba unje ngojise kuye. Ukuba indoda
ihamba womkayo, umfazi uhamba ngasemva
etwele impahla, indoda ikokele ipete induku
kupela. Lonto bangwa kuba indoda kufuneka
isoloko ilungele ubanganda izinja nokubu-
lali orenyoka, nazo zonke intshaba enokudi-
bana nazo. Ngapaya koko indoda kufuneka
ibe pambili, ngatsiba omkondo womfazi ukuze
itambe amadolo. Ukuba umtu uhamba nama-
doda azizizalwane isoloko chamba pakati epha-
hlwe zizininawe zaka zomxakile. Naya kuzaku-
lalwa kufuneka omkulu elele pakati ephah-
lwe ngabaninawe baka. Somelapi ibuzwa kulo
umkulu, umfazi akapenduli nto. Kunjalo
nakumtu omkulu ohamba nabanye abangeneno
kwake. Abahambi abangabasetyhini abadi-
tyaniswa namadoda.

Abantwana abazintombi bahlala kwicala
lika nina, ngasekholo, emvakeno cango endlini.
Abangama kwentwe bahlala ngasekunene
kwicala likayise. Bazaniswa amasiko. Aba-
ntwana nabo bayazihlelwa ezizintu: iselwa,
ihashi, isihlalo nazo zonke izintu zikayise.
Abahlali kwi situlo sika yise, iselwa likayise
ligcinwa ngunina, kanti ke ngokwakudala
imwaba ibigcinwa ngu nyana nokuba yinduna
yalonje nokuba ngum-ninimzi. Abantwana
bakelwa indlu yosapo abalala kuwo, okanye-

balale kwekaninaku lw benzelwe intsoni.

Inkosi, okanye isibonda :- Inkosi ihlala ngasemendlalweni wayo ecaleni layo okuko ndawo eyihloni-payo emzini wayo. Indawo eyihloni-payo yindle yomolo kazana kupela. Inkosi ihamba namaphakati ayo, induna zayo. xa ihambayo itakwa ngawo, ize itisa ifike emzini, ixelwe ngenye induna ukuba yinkosi le. Iti ke inikwe indlu igcinwe iphekwe zinduna zayo. Okuyi onti endlini eneNkosi hlala yodwa ati unti ofuna ukugonda into abhekiso enduneni. Aze yona ijise lonto entosini. Inkosi iphefika kufalazwe igazi. kubuyisa inkabi yenkonkute, "Nantsi inkukhu esikuthi itela yona, ufikele endlaleni. Nkosi kweli kaya lake!"

31 Indawo ekubaselwa, nekungabaselwa kuyo :-

Umlilo ngokwentso kufuneka ungaze ubaselwe emnyango nasentla endlini. Emnyangawuna kubaswa kuba kulapo kungenwa kona. Entla kulapo kubekwa impahla, kanti nascaleni awunakubaswa kuba kulapo kuhlala abantu umlilo ubaswa esililini sendlu, oko kukuti, eziko. Pandle kuyabaswa ekundleni kanti kuyabaswa esibayeni xa kuxelwe inkomo kuzaku dliwa inyama zamadoda.

32. Indawo elahlwe kuyinkunkuma :- Inkunkuma kufuneka ilahlwe ngapandle komzi, ingahlwa pambi komzi kuba yoti ingcolise ibala.

33 Ukusila :- Kusilwa elityeni lokusilela libekwa endlwini yokuphekela. xa kungqushwa kuyangqushwa pandle noba kusendlwini.

34 Indawo eyenzela itywala :- Utywala benzelwa endlwini engu vimbaba (ekoyini).

36 Iqetiya : Iqadana ezincinci ziko emzini.

zenziwa pambi komzi kufupi : zisebenza ukulona imiti yezi qamo, namatpile, nama kapetshu, nemingate njalo ke.

36. Umzi :- Umzi uyashiywa ngabantu xa ulinxowa elingenampilo, xa kuko itinzi, ukufalishiywa kwakona xa soloko kudlala izulu, nava wambi kuyanyangwa kubetelelwe izikontkwa nezamaxwele. Nemihlola yanyangwa iyelwe ko siyazi basele unobangela batsutsuzike bayange. Inye into ebangela uba umtu alishiye inxowa lake bakuba likatizwa ngumtombo ongancedekiyo nokuba sowuzanywa. Kwakona xa inxowa likufupi nehlali elinezigebenga ezingozzi, umtu ebelwa uyashiywa.

37 Ukushiywa kwinxowa : Lento yokushiywa kwinxowa ingabile kuba akulula ukuzuzela elinye xa ulishiyile elako.

38 Umtu xa etshalile :- Xa umtu etshalile uhlala kokwabo. Ngama limbi uyise umcelela inxowa elibucala, amcelele e Nkosini, aye ke unyana azimele apo ke.

39 Abanye abantu :- Bakona abantu abangazange bapume baye kuzimela, bakha kwasemantowem oywe, basabambe isiko lakudala.

40 Into efunekayo emzini :- Imzini wonke, umfazi kufuneka abe nendle eyeyake, xa eze kiwe. Ulowo uba nendle yake.

41 Uhlolo lokuma kwizindlu :- Izindlu zima ngoko kushiyana kwabafazi abangabasi-kazi bazo. Izindlu yomfazi onkulu ima ikangele enkundleni, oko kukuti ebuhlanti. Uyomfazi wesibini iba ngasekunene kale yomfazi onkulu, kutiwe ngu mfazi wasekunene, ongowesibini.

ngasekohlo kwendlw yomfazi omkulu kuba zizindlu

zomfazi weyadi lendlw enkulu. Italeni kwazo ke kuba zizindlu zaba fazi abancinci.

42 Xa umtu efuduka :- uti umtu xa efuduka enxoweni lake uyazitohisa izindlu akuba ubegxotwa kuku ngcola, okanye zizinto zokungonwabi kulo. Xa ngaba umtu ulishiya nye inxowa, uye aytengise izindlu komnye umtu oqunayo owati ahlale kuzo ke, acele isiza esi entkosini kuba sesekhosi xa emkile umtu owayesipive.

43 Ingcango nenchu :- Ingcango, nenchu yokutunga nepali zopahla ziyatatyatwa ngumtu ahambe nazo, aye kwaka ngazo kulondawo azakwaka kuyo, ukuba azakaboli ezonto.

44. Inxowa elidala :- Umntu uyaya kulivclala inxowa ayeseyelishiyele, ayokubona amafihlo abantwana baka nokuba zizihlobo zake zangewa Tywa apo.

45 Xa umtu emkile enxoweni :- Xa umntu sele mkile enxoweni atasenamalungelo kwelo nxowa emkileyo kula, kuba umklaba ngowe khosi eti ke akumka, isale ilinika mtu wambi inxowa elo.

46 Isiza elidala :- Asintu ike yenziwe ukwaka pezu kwesiza somnye umtu. Nasa wambi kuti kanti lowontu wayenezinto ozimbeleyo kwelornxowa lake, zinye ngamayeza oku- betelala. Akuko mtu istandayo ke ukubla la pezu kwezikonkwane zomnye umtu.

47 Nawupina umtu :- Nawupina umtu angangena ahlale enxoweni xa lishiye ngumninilo akuko nto iti makabunde nto konko.

48. Izindlu ezindala enxoweni :- Umntu uyangena ahlale kuzo xa standa.

49 Igadi enoweni elidala :- Umtu akanako ukusuka

ayokwaka igadi enoweni lomnye nokuba sebedibisa nonnini walo omkileyo kuba umhlaba ulunge & Okosini kupela, amtu okunokucelwa kuye nayiphi into.

50 Umtu omkayo:- Umtu omkayo akashiyi mtu wokulinda isiza saka kuba zeke selengamcwase nto kweloxowa. Umka nako konke okwako, waye akasalindele nabuti xa selesimka kweloxowa.

4 Ulimo

Izilimo :- Izilimo ezinywayo kwesisituba, ngumbona, ngamagimba, licuba, ngumya, nemfe. Izizinto, zazilinywa kwakudala ezweni. Kwele kutsha nye, imbolyi, intlumayo, amatapile, ierityisi, amatanga, amaselwa nozi khaphetshu neminye imifuno, (vegetables) imingate, itshwale, njalo njalo.

2. Izo zifunyanwa kona :- Umbona, amagimba, nemfe zavela nati, popu owona umbona yayingo wetu ngalo kutwa ngungayi (olomvu), Ijamani (German yellow) livela nwa kuba mnyaka yangoku, kunye ne Jeko (Yeko Yellow). Umoya wona wawuko kwamandulo kuba umkosi ubuti xa uzakupuma ube utshaya umya. I cuba lelabadumzana abahleli pantsi abapete igaga lamanyama. Amanyama ke boku tawa isikumba senkomo, kususwe lendawo ipakati yinyama, ize ikandwe yenziwe imbumba. Lembumba ke iyasolongwa yenziwe into efana neselwa, kuze kufakwe kuyo igwada eli. I cuba lesixosa liyalinywa, luzintlobo ezimbini, olude, nolufutshane. Olona hlobo lutandwayo lolu lude, olu lufutshane (ugolwana) alukuli ke lona lelathahlubi alutandwa nga Bambo. Ulesilungu ozi Kat-River, Piet-Retief zeza no Sir —

Walter Raleigh kweli lizwe. Engekabiko amazimba no-

mbona kwakudliwa ingcolo, sentunge, amasi, nenyama yenkomo. Iombotyi namatpile nazo zonke ezi zi limozifuthe ne, zifike kutsha zivela kuMahonyana azi tengisela abantu, abo manyama.

3. Umbona:- kuko mbona opuma apa kulo umbona ubomvu kutiwa ngungoyi. Lombona kutiwa "Ngugazi - mtyeketye ukudla kwabantwana". Umbona kutiwa ngu nyana ka ludiza njengokuba utywala kusitiwa, "Ngu Jimayima intombi ka ludiza, etwele iqiya emblope, u Dlomdlayo, u Mabilebunda". Amazimba kutiwa, "Ngamabele ka ~~Bongene~~". Umbona namabele zezona zinto kwenziwa ngazo utywala basintu. Ingoma ka Mbala, "u Lo-Tso-Mkulu" yingoma ka yabanunzane, Izi- naba-meaka. yombela kwakuhlutwa utywaleni, kushekume ne Xego.

4 Amangaku amahle namabi ngombona:- umbona uyoyiswa (ilanga l'imbalela) kanti ungoyi ude abebhetele uba namandla noba libalele. Intaka azilandini nje umbona. Imzinabeni umbona unempilo, kuba ukukudla okupakamileyo kwezimini kumntu omnyama, Awudali kughisa esiswini. Umbona umandi kakulu. Uyasilwa kanobom, kwenziwe ngaye utywala. Uyashiyana ekuvutweni. Ubangela usutwa msinye ngenyanga ezi ntatu, kanti ke ibungu (Toko yellow) ne jamani linutwa kade ngenyanga ezintandathu. Amangaku amahle namabi ngamazimba

Amazimba omelele kakulu elangeni, akoyiswa yimbalela. Intaka ziyawatanda ngangobude alindwe ngabafazi nabantwana va avutwayo Anempilo nentswane kubantu.

Isidudu sawo cilungile kumntu ogulayo. Ayeziwa nesonka esimnandi, Amade zimba aya-ghinisa esiswini. Uba kuko umtu ogulayo, usongelwa

ngawo . Amawo amazimba embonyeni . Ayasilwa

Kwenziwe isighoghobela otywala bamabele .
Utywala bawo buyatandwa kuba bunxilisela ngapezu
kobombona . Amazimba avutwa nwa kunombona .

Amangaku ngecuba: Icuba liyamelana nelanga
nokuba selibalele . Alidliwa zintaka nempahla kuba
liyarara embonyeni . Icuba alinampilo, lidala isifuba
endaweni yoba lenzi impilo entle . Icuba alenzi kughi
na esiswini . Icuba limandi kubantu abatohayayo .
Akuko nto lenziwa yona icuba . Livutwa msinya .

Amangaku ngonye: Unya uyamelana nelanga,
awadliwa zintaka, udala ukohlolohlo nesifuba e-
ntwini, nengqondo yapangwa ngumya . Wenza
isibindi kumadoda ombosi . Awadali kughina, unya
amandw . Avutwa msinya .

Iomfe: Ngumzalwane wezimba, elinywa pakati
kombona . Iyamelana nelanga ngokwamazimba,
iyadliwa zintaka . Iomfe inempilo kwaye ineswekile
kuyo . Ayenzi kughina, endaweni yalonto iyasi-
kulula isisu . Iomfe walencasa embonyeni . Ayisilwayo
ayenzi tywala . Ivutwa msinyane ngapezu kwe-
zimba .

Imbotyi, nentluy^{na}yo, ne-erityisi: Zoyiswa ngokombona
to lilanga . Azidliwa zintaka, zinempilo kakulu,
azi dala kughina esiswini . Zinandi xa zityiwayo .
Isintō isilwayo imbotyi, nentluyayo, ne-erityisi
ziyakawuleza ukuvutwa .

Amatanga nemifuno (vegetables) : Amatanga
ayoyiswa lilanga, anempilo kanye, enza isisu
sipole sitambe, kodwa kwabanye enza isilungu-
lela . Akadali kughina esiswini . Amnandi
kakulu, ayatyelela . Avutwa msinya kugale
kunombona angenise ulibo .

Iomifuno (vegetables) ezizintō zintsha kuti kuba

zizindō zecilungu . zingcinwa kukuncencetshelwa

kuba amanzi ziwafuna kakulu. zilunge kakulu esiswi ni nokuba ziluhlaza nokuba ziphekiwe . zinampilo zaye zimwandi . Azenzi kughena kwesiw, zivutwa insinyane kunazo zonke izilimo ezikozayo. Umbona ngokomtelo kufuneka kungadlalwa ngaye ngabantu nabantwana . Xa umntu emosa akufuneki ati aku dikwa amlahle kuba kutiwa izinyanya zosuka zixabane kubeko indlela . Konke ke ukudla okuzizi limo kupatwa ngalendlela akufuneki kugityiselwane ngako . Imbewu iketwa xa kuvunwayo kwenziwe iziswenye, amakasi adibanise izi kwebu ezihle ezinenzozo ezinkulu . Xa ke ucutywayo lo uyimberwi inkozo zisicupe nesikondo azenziwa ombewu, kutatwa lo upakati umbona . Iziswenye zikhonywa pezu kwendlu okanye kumanqangwa apezu kodladla .

Imbewu icutywa xa kuzakulinywa . Umbona ochutyweyo ufakwa esiseleni ebuhlanti . Xa upuma apo kutiwa sisancozi . Umbona xa esehlaza akufuneki atyilwe umntu awutkangele engazi kuwuka, kuba kusuke kungene amanzi kulondawo abole .

Kubonwa nge exportshane xa wutiwe umbona, ubulembu buyangqangeta bule ndaka . Umbona ontsha uyasilwa wenziwe isonka ekutiwa sisigezanga . Xa koluswa amakwenkpe kusilwa utywala ngemitombo yombona . Imitombo ke ngumbona ofatwe emanzini waza wantshula . Ii ke isilwe yenze ukubilisa utywala .

Amazimba : Aya qhungiselwa xa awutiweyo ukuze angadliwa zintaka . Ayalindwa ukuze angagqitywa zintaka emasimini . Imbewu ketwa kwamasimini ibekwe yodwa . Ii ke yakufika ekaya igcinwe yodwa ekoyini, ize iti xa kuzakulinywa ibhulwe yodwa ekoyini . Akalahlewa okanye

Kufeketwe ngawo.

Icuba alinazintlo zininzi nomya. Kucutywa amagqabi, aze omiswe ukuze litshaywe lakoma. Lisetyenzwa ngabafazi icuba namadoda ayazenza izicuba.

Amatanga :- Umdlzana kufuneka angazitsibi intanga kuba kutiwa bonatanga obola. Amatanga kufuneka angazawulwa imilibo kuba osuka angablanzi kakuhle. Abantwana abacamayo xa belale abavunyelwa badakase pakati kwentanga kuba amatanga ayakusuke abole. Umfazi onzima kufuneka angazidli izintlo ezinye ngamatanga. Itanga alifakwa esiseleni kuba lobola.

Amaselwa :-

Iselwa liselehlaza lenzelwa inkata kuba liswe ngesibunu ukuze lijonge pepulu. Libaluhlaza ngokw kwetyabontyi. Imbewu yeselwa iyayekwa eselweni ingakutshwa kude kube lixesha lokulima. Itike ikutshwe idityaniswe neyombona. Eyamatanga imbewu isuswa kwa oko ebuntunjini yomiswe.

Nayo ilinywa neyombona Iselwa liggojizwa umlon lisonywe emakaleni ukuze lome.

Amatapile, nembotyi, ne-esityisi :-

Izizintlo azinasisele. Imbotyi zakoma ziyaculwa ngabafazi nabantwana. Imbotyi azingqushwa, azisilwa kanjalo. Nayo kufuneka imilibo yazo ingazawulwa. Imbewu yazo iketwa sezibhu lwe. Kuketwa ezintle nezinkulu eziluhlobo lunye.

Inthumayo ne-esityisi zikwa njalo.

Imbewu yamatapile iketwa ngokuti onke amaninane xa embiweyo afakwe ebhokisini abeyimbewu. Nasa avuniweyo amancinci akadliwa enziwa imbewu. Xa aluhlaza ayadubula kufuneka wendiyatyambo ezibonisa ukuti se kuko ukutya ngapantsi.

Icuba :- Imbewu yalo yimbali epuma apa emantloko

la adubulayo iti ukuba ivutulukile le mbali kupa-
me izitole iziti ke zitatwe zityalwe. Amashesha (Calender)
6 Ituba lokugala Ituba lokugala ukulima kwantu
apa libonakala ngokuntshula kwezibi eziluhlaza emdli-
leni nokuba luhlaza kweniti ibe ivutulukile ebusika
elotuba kutiwa ngu "zibandlela" kuba lituba ekuti kuvela
izibi emadledweni. Intaka esibona ngayo ukuba
ihlobo litwasile ngu otloyiga. Inkwenkwezi yona
esibona ngayo xa kutwase ihlobo si selimela. Xa
selimayo ilanga litanda ukuba libe pezu kwentlo-
ko zetu emini emiganda, litshalele ke ehlotyeni.
Ezinyangeni lenyanga yokulima ngu August eku-
tiwa ngesitosa ngu "zibandlela", kuba lituba ekuti
kuvela izibi emadledweni. ~~Intaka esibona ngayo~~
~~ukuba ihlobo litwasile~~ ngezimini kulinywango
November eye "Nkanga." Nevula sekwabona
ngazo ukuba nasilione.

7. Ixesha lamandulo : Ixesha lamandulo beku-
linywa ngale nyanga ka zibandlela (August)
ngo September (Dwana) kuyalinywa kanti
ke kwakulinywa ibe ibe ngu December (ayoMnga)
imva koko kwakulinywa kuko into eku-
ezisibozo ekusatiwa zisalungile ekubeni kunge-
hlwayelwa ngazo. Imva kwazo umtu ufane-
enze into engenakubanto maxa wambi.
ukulima kwetu ke umtu uxomekeke eku-
lineni kwake; ituba atyala ngalo, kuba
umtu utyala akugqiba ukulima ngaloxesha
behlwayelwa imbewu kulondawo izakuli-
nywa, ukuzeka kulinywe. kuba ke kufe-
ziwe ukulinywa kwezimini, ke sekugelshwa
pambi kokuba kuhlwayelwe imbewu.
Ngaka Ntlojanja (January) kuyahlakulwa

Indawo goxungala ezinywe ngo August jiba sezina

na ranza, izinja sezimana zibanjwa zisama emasimini paya. Yigo lento lenyanga kutiwa ngu Ntlo lanja. Inyanga elandela leyo yeyo - Mqungu.

lenyanga yeyokwindla rays, akuko nto isetyenzwa yo emasimini paya. Into engade isetyenzwe kuko colwa kwembotyi, imbotyieziyo zinywe ngetuba eli pambili ezimfutshane ukutsho oko. Inyanga elandela leyo yeyo ~~baswa~~ (March) lenyanga ke yeyokwindla. Kutiva yeyo "Mbasa", kuba kuya baswa kojiwe, alityalwe ejiko atshe umbona omtsha

Imbotyi zicolwa ukutshelwa kulenyanga yomqungu kude kube ngu Ntulikazi (June) xa kuvunwayo. Ngo Ntulikazi lo kuvunwa umbona namatanga Amatanga ati akokele ukucolwa avunwe ngo

May (uCarzibe) ngezimini sekuvunwa ngeye - Silimela kuba indlala yenza ukuba abantu bavune kade benzela ukuba impahla ibe nento yokudla kulenyanga ye Silimela" (July)

nakule kutiva ngu zibandlala, kututshelwa umgquba emvasinini, kuzanywe izicuniso.

8. Izitya (Gardens) Indawo, ubuniniso, igadi yombu iba kufuphi nekaya, icandwa ezantsi kwesibaya.

9. Umcandi wegadi: Kudala bekungoko zigadi, ngoku ke gabako. zicandwa zizibonda.

10. Uhlobo lokucandwa kwegadi: Ukuba abafazi bonetu banemizi eyahlukeneyo, emnye woba negadi yake. Kanti ukuba bahleli kulonzi mkulu mnye, igadi ibanye, ibe yile yomfazi omkulu kupela. Abanye aba boti babuse kuyelo omkulu.

11. Ukutshintshelana :- Abantu banako ukutshintshelana ngenihlaba xa batē baya enkosini

beumelene.

- 12 Kwimihlaba yocando : - Kwimihlaba yocando bangatengiselana ngomhlaba, kodwa kule mihlaba, ingacandwanga nje ngalo wetu. Akunakutengiselwana ngomhlaba.
- 13 Umhlaba konyana nentombi : - Amasimi akalolifa konyana nakwintombizomtu. Ukuba umtu ufike unyana wake akawabango kwintsimi nomhlaba kayise ngapandle koba aye e Nkweni awucele lomhlaba. Aki ukuba ubeselenentsimi yake ayiyeka yona, atate le kayise. Umhlaba womtu awunako ukuba uhlutwe kuye ngapandle kokuba akasafi. Ukuba ke uhlutwe kuba engasafi akuko mbuyekayo ayiguzayo. Aintō ikoyo uba umhlaba womtu wohlutwe kungoko sigatu.
- 15 Ilungelo ngomhlaba : - Umtu unelungelo emhlabeni wake nokuba akawulimi xa ewasafela. Kanti ukuba uyasafa akukontō inokumenza ukuba ahlutwe umhlaba wake nokuba uminyaka mingapina engawulimi xa ~~safa~~ engasafi umtu uyahlutwa intsini yake emva kwesituba esungangeminyaka emibini njalo njalo.
- 16 Ukupela kwegunya lomhlaba : - Umtu upheliswa ligunya emhlabeni xa efudukile wawushiya.
- 17 Indlela : - Umhlaba olungileyo ekubinyweni ubonwa ngokuti ube mnyama. Ukuba ubonvu ukangele elangeni ukwalungile.
- 18 Abantē abonyula umhlaba : - Umhlaba ubonwa ngamadoda awugondayo umhlaba nezilimo ukuba ulungile ekubeni ulinywe.
- 19 Igadi : - Igadi ilinywa yonke into egondwe ngumneniyo, umbona, amatanga, imbotyi, i-erityisi, amazimba, icuba, imfe nazo zonke

izinto ezinye ngemifuno (vegetables) ziyalinywa

Igadi zabamnyama zikunhlaba owomileyo, zicence tshelwa zimvula. Ukuba umti ulima izityalo ezifutshane (imifuno) uyayicence tshela ngamanzi awatule ngefatyi emlanjeni. Akulinywa kwindawo enomgqoboza nena manzi

20 Igadi ezinezintu yuko (terraced) azenzwa kwelelelu Ronke, kulinywa nje igadi ingenziwanga mabakala ate -ru.

- 25 Ukufanyanwa kwesinyiti:- Intsimbi ekutima isinyiti, yayifanyanwa kubelungu, abantu abanayo, beyitengwa kulowo ofanayo.
- 26 Ibhatala yasai:- Isinyiti eii besitengwa ngenkomo kwanempahla empotokane, kuba emali ixela nwa kuti
- 27 Apo besikandelwa konda:- Isinyiti besikandelwa kombokulu, zingcali zokwenza imikonto kaloku bekuba ko amabandla aqine iNkosi kombokulu. Kungenjalo ka bekuswa kulomacala ayezela leku emizi ywo lizo. Amacala lawo abafana nezimati ezi zabelungu zayo namhlanje. Kuba bekuswa kuwo ngulowo nalowo ufuna ukwenzela umkonto, nokuba yi-ntsimbi ngesinyiti.
- 28 Uhlobo lokusetyenziswa kwaso:- Ka kuzakutshiswa isinyiti, kubaswa inkuni kwenziwe iziko elikhulu, ifakwe ke intsimbi, iti ka yakuba bomvu ibetwe, yenziwe lonto kuzo kwenziwa yona.
- 29 Infuta, ibelisi, nezinto zokusebenza:- Ka kwenziwa imikonto ngesinyiti, bekukandwa ngama zembe awayesenziwa kwangamacala lawo, okukanda. Lomazembe ayebayintsimbi nje ebunziweyo, yaza yabunjwa/yacucucwe. Ibhelisi yokuvutela, yayenziwe ngeribha be sivutuzwe okwenza umoya kutoko lonto izike.

- 30 Inqoma nandlela ezigqongileyo: - Aziko inqoma zoku kanda, nandlela zigqongileyo.
- 31 Ulwimi olungazwayo: - Akuko lwimi lulodwa lungazwayo ngabanye abantu obeluko.
- 32 Imitelo nezinto ezingenziwayo: - Akuko mitelo nanto zingenziwayo kubenzi benzi, ngopandle kokuba nye izikali ezise zenzwe akufuneki zibizwe ngabafazi.
- 33 Izinto ezenzwe ngentsimbi yeenyiti: - yimikonto, nengqanda, ingcola, intshuntshi, idlaka (inkonjini udini, isikwili, amazembe).
- 34 Umsebenzi yezizinto: - Umsebenzi womkonto kuka qwaza umtu xa kulima emfazweni. Umsebenzi wengqanda, nengcola, nentshuntshi, nedlaka, udini kwane zembe zonke zigqoba zemfazwe. Popuize- nabe lona likwasebenza kokulanda kanti umko nto okwahlaba nehagu.
- 35 Imitelo nezalelo: - Izalelo kufuneka zizonywe entle, zingatsitywa ngabantu ababhungileyo. Akufuneki izikali zipatwe ngelicala libukali. Anpatwa izikali ngapandle koba kuyiwa elutshabeni nase ngama nana ke kuhlutywa umkosi.
- 36 Abakandi nabantu abayimiti: - Abakandi nabantu abayimiti ngabantu abufanayo abo.
- 37 Impahla yokusebenza: - Iimpahla yokusebenza kutatwa elitye lenyangane kukandlwe pepu kwalo. Amazembe okuphala izikumbe aqwe da izikumbe ka zipatwayo. Iimpahla yokusebenza womkonto kubaswa umlilo ube bononi. Intsimbi itigaku bashushu skandwe ngentye intsimbi nokuba kungelitye ide ibe sicwecewe idingusukonto. Uti ke abo ubalwe ube bukali.
- 38 Ukufunyanwa ko bedu: - Ubhedu lolufunyanwa kube Lungu.
- 39 Ukufunyanwa kwaalo: - Kwaalo xa kuzakwe uzwa into ngalo luyatshiswa luti lakuba bononi.

busuku lubetive lutamile, kwenzewe ke lonto
yenzwayo.

40 Ababebenz bobedu :- Abona bantu babenza ubedu
ngabe lungu. Moko yiyonanto ingazange isetyenziswa
ngabantu abamnyama.

41 Intlobo zokutsala ucingo :- Ucingo kutsalwa nge-
dyokwe enezikeyi ezibini. Luyatsalwa nangoma-
shini wokutsala ucingo. Bako ke omatshini bavela
kule lungu. Basengabo tina.

42 Indlela zokwenza izihombi :-

umvaka :- umvaka ka yenzwayo uyabulwa
ngezitshe zokuxhola, ekutswa zentshengeca.

umwaba :- Lento ngumwaba yingubo
eyenziwa ngesikumba sengwe. Yenziwa zi-
ngebi zakomkulu, isikwe ide ifanele ukwemba.
Twa yi Nkosi kakade.

Igdabane :- Lento yinto ebhinqwa ngama-
doda kusukwa isikumba sewula nokuba
lilinga.

Inqwemesha :- Inqwemesha ziyakandwazela
nto yokunwela isiciyo.

Inciyo :- yenziwa ngentsimbi emblope, ibhinqwa
zintombi.

Indyiso :- Kwa Xosa lento ifana nebhulukwe yase
en lungweni yenziwa ngotswa. Isikumba
sebuswa esisukweyo kakulu.

Intshinga :- Lento luntaka olubomvu oluti litwa
eswe untu olikalifa, kude kuti ngamanye
amazwi, "Iswele indwe".

Amazila :- Zentsimbi ezidwa elwandle
zidityaniswa ngambini kwesazwe entsimbi
eziditywa ngamadoda.

Izikaka :- Zenziwa ngozile lwentkomo,
kusukwa lude lutamile. Ziditywa ngabiza
zo amadudweni nasezweni ezibalulekileyo.

Umvambo :- wenzuwa apa asivwini ngezilanda, yinto ebukaka kakulu kulantu ababhangileyo, intombi nabafazi.

Iingxowa yebukwe :- yingxowa yokufaka imali. Ye ngiwa luvukwe lutambe, ifaka imali, icuba nempahlampahlana yomnunzana.

Iwatsha :- yenziwa ngocingo dubonvu, oluna na lungqunyulwa. Ixitywa zintombi nabafazi.

Imiliga :- Ixitywa ngamantombazana nam kwenkwe nabafazi. Yenziwa ngojiko olutambi kyo olubombu. Idityaniswa ngendondo.

Ezinye izinto

43 Iindlela zokushona udongwe :- xa kuzakwenzuwa ingqayi nengca, udongwe luyakandwa ludityan swe nesabunge nokuba libitye elinkumkum ukuze lungaqekeki.

44 Ukusetyenzwa kanti :- xa kusetyenzwa umti uyasholwa ngentshengeca. Amabhunguza, nenduku, namacepe anti enziwa kwangezintshengeca.

45 Ukivenzuwa kwamaselwa :- xa kwenzuwa amaselwa kukitshwa intanga, zigqogqwe ngaluti zikutshwe. Kukupha ke ngoku kutiwe ubisi nokuba yintonina ke efakwa apo eselweni.

46 Uisinga :- Luyobulwa, lukandwe, luyakwe amafuta, lube ke ngoko lulungek ukutwanga, intsimbi nengabo yagusha, nezikaka zenkomo. Okokala, isingq lona luyapotwa lusongwe lube lunenzi, lube yenkata. Ukuzi ke kutungwe ngalo inkuba zabantwana zokwenda intombi ezendayo.

47 Ixolo :- Iindlela yokusenzisa ixolo, kutitwa isibasa (ixolo kanti) kixotyulwe emtini. Luyagutywa lidityaniswe namanzi.

11/40

diselwa ngumtla omongala, lanceda ukuba umgala
la ungaboli, xa agulayo. Okuko zinto zininzi
zanzwa ngevolo kubantu abamnyama.

48) Indlela yokuselenza ngenca :- Umsingizane yanga
yanca ejiselenzayo kubantu abamnyama. Ama-
kwenkwe enza ngawo imingwazi, ngokuti atu-
ngo umsingizane ngomnye, ushiyane kangango
kuba akungabungena nemvelo kuwo.

Uyonya :- Ke lona kuyalukwa ngabafazi, kwenzi-
wai intambo ezintle kunene zokutunga uphila
lwendlu, nomsingizane ngawo kukwenzwa ngawo
intambo yokutunga izindlu.

Inca :- Inca yokutunga indlu ekutiwa sisiqu
ngu, umngcele nokuba sisilem nokuba ngumtla
setyenziswa ngamadoda xa etunga izindlu. Inca yoku-
tunga ixelwa ngabafazi kwanamadoda xa etanda.

Indlela yokutunga :- Kubekwa izintu nokuba zibini
zinama zidityaniswa zibetwa ngedekofani, zeka
zitungwe ngentambo kuya eTi mana ~~stake~~ itabwa
ngomnye umtla ongaphakati endlwini.

49) Indlela yokusbenza ngotwatwa :- Utwatwa lusetyenzi-
swa ukutunga izihlangu ~~ya~~ ezenzwa ngople
lw enkomo. Inwaba ezi zamasi zitungwa ngotwatwa
kumana kungqoqozwa xa kubantu itungwayo ngenye-
tyaba kuye ke kutungwe ngotwatwa kuyintambo.

50) Indlela yokusbenza ngelitye :- Ilitye kudala bekuse-
nziwa ngalo izembe, abelilitye kengangane ka kodwa.
Lisebenze ukusihola zonke izinto ezi ke elitye. Xakwe
nziwa isingqusho selitye, isiholwa ngelshizili yentso
nabi, elitye lida libe yilonto yangziwayo.

51) Udongwe :- zikona ingcali zokwenza ingqayi
zomdongwe. Abantu abasweba ngalonto.
Masentini bakona abasweba ngalonto, ingawe
nemisimbeti, abenza indakw njalo njalo

Imaselweni akuko bantu bangamaele kuba bonke

bayazenzela nye lonto kafuna uku yenza, iselwa lama si nokuba ngumcepe njalo ngalo. Amacule ako aswelwa ngokusebenzisa usinga lwenkomo nokuba lolwekela. Ixolo lonti kwetyenziswa ngale lungu, kuko abantu abafela kukusobula amaxolo kumahloti abekeragu lomaxolo ke kwenziswa ngawo idayi (dye) bakona abantu abenza ishihini ngokoluka intambo zenia ekutungwa ngazo izindlu. Abenzi botwotwa, kwana ba xoy belitye kake nabo benza ishihini ngokwenza ezo zinto.

52 Imfundo yalamashishini: - Kupendulwa kwaba kwazayo, kuba umtu ostsundu uyakwazi ukuti akubona omnye esenza into, asuke ayenze naye kwangolahloloba.

53 Amashishini omtu wonke: - Amashishini anje ngala mashishini omtu wonke, akanamtu uteni kumtini. Ukuba umtu ufuna ukusiza amatye ukhoke aye kucela eNkosini imvume.

54 Udongweni: - udongwe luyembina paya endle luhungiswe ke ngokuti kukutshwe amatye namahlalutye. La kwenziswa izinto zomti zenziwa ngemti le ipume - mahlatini. La kwenziswa izinto ngeselwa kwetyenziswe iselwa eli lipuma emamini. Usinga kwenziswa ngokala nangisinga lwenkomo (umsipha). Ixolo lenziwa nge xolo lonti lo ukhulayo. Umsingane ne xonye neutombuzane zenziwa ngenca ezizwayo uba zezokwenza intambo yokutunga. Utwotwa kwenziswa ngafela lweboawe. Ezamatye izinto zenziwa ngelitye.

55 Apolufunyanwa kona: - Udongwe lufunyanwa emlabeni, kumahlaba omnyama, nakolubhele, nakobomvu, nonklophi. Luyembina ngolugxa kutsho kushiyeko sekuko imingxuma kwindawo

Kwindawo ekwembuwa kungo ndongwe. Umnti kaloku
 njengokuba ukuba emahlalini nje nfunyanwa
 emahlalini. Iselwa lifunyanwa ngokutyalwa em
 simini lize liti ke lakufika isesha lityatelwe
 ekaya. Usinga lifunyanwa onkomezi lukutshwe
 apo emqolo xa uvelinayo. Kungenjalo kutatwa kala
 lisetyenzwe ke kwenziwe usinga. Inca yona
 ipaya endle nase madotyeni. Iyasikwa ngese-
 nge, utwata lifunyanwa ngokuhlaza ibo-
 kwe, ze kusukwe isikumla esi sayo sisikwe
 bakugqatywa. Ilibye lona lifunyanwa emlanje-
 ni apo kuzuzwa kona.

56. Xa kuxoxwa udongwe :- Udongwe lugale
 luselwe lukandwe ledityanise netye eli-
 nkununkun. Kuya xoxwa ke emva koko.
 Umnti xa uzakusetyenziswa ugale ugawulwe
 uxozwe, ususwe amasebe namaxolo. Uyomi-
 swa ke uti emva koko usetyenziswe. Iselwa liti
 lakuvutwa likiwe paya emasimini. Liyomi-
 swa ke lize emva koko ligqozwe. Usinga lup-
 kandwa kusobuki inyama, olu lwenkomo
 bude kutambe loluhakahlukane. Isolo liyadtye
 lwa nje lona paya emtini lisetyenziswe ke. Inca
 wela isikwe paya endle. Iyakandwa imisingi
 zane yona itambe. Xa kwenziwa utwatawa
 kutatwa isikumla selokwe sisukwe side
 sitambe. Ilibye lona liyazuzwa, lize emva koko
 kusolwe libazwe.

57. Uhlolo elusetyenzwa ngato :- Udongwe lusetye-
 nza ngezandla, luyakandwa ngelitye kusolwe
 amahlalinye namatyep. Umnti uxozwa amagina
 uye uhlolwe emva koko. Iselwa liyomiswa kusi-
 kwe umlomo, kukutshwe intanga, kibanjwe
 lomisewe. Usinga lukandwa ngelitye lucagubulwe

ngezandla. Ixolo lisetyulwa litshkaga emtini.

Inca iyasikwa, ihluze, ibotshwe ibe zizipa. Izipa ke xa zidibene zezininzi kutiwa sisitungeni. Utwa tsa lwenzuwa ngokusikwa ufele luvandiswe kususwe bonke uboya obu. I litye lona lyabazwa lisolwe.

58 Igxolo ezisetyenzwayo : Udongwe lwenzuwa ngezandla, elitye elinkam - nkam ligutywe ngelitye lenyungane. Umti usolwa ngezixolo, neboru, nemela. Ipalwa lisetyenzwa ngemela, noluti, nohlalutye. Uhlalutye buyagalalwa ludityaniswe namanzi. Ihukuhlwe iselwa. Umsiga lukandwa ngelitye luse tyenzwe ka ngezandla lude lutanke. Olu tekala buyafakwa ngemela, luze luvaswe, lupotwe lakoma. Ixolo lisetyulwa ngemela. Inca isikwa agerunge ukuze ibotshwe ngamabande. Utwa tsa kusukwa ufele ngelitye elinkamnkam, lakutamba ufele olu buyasikwa ngemela, ibe zintambo zokutunga.

I litye lisetyenzwa ngezando nezixolo zentsimbi.

59 Iqinto ekungayekizenzwe : - Xa kususwa udongwe akufuneki kucanywe, kinsuzwe kwalapa, kubu ezonto zibangla ukuba udongwe lugekeke, lule nentanda kudizinto ezibunjiweyo. Xa kubazwa umti, kusenziwa intonga namabunguza, kufuneka utanjiswe amafuta wobuhongwe benkomo.

Umti kufuneka upakwa endlini apo kungoko langa namoya ukuze ungayekeki. Amafuta awenza ^{awenza} ukuba kakuhle ungacandaki xa isetyenzwayo. I selwa alunabucalucalu lantso xa lenziwayo. Lenzuwa nangubani na, sapina ngelomo silicule lokulenza. Umsiga alunamfeto xa isetyenzwayo konke.

Ixolo alunamfeto uteni nalo, luyinto esetyenziswa kakulu xa kwapuke impahla ibotshwe ngalo.

Inca yokutunga kufuneka ihluze xa iphile.

xa isikwasa akufusaki kutsheya kuba ingalsha.

Ukwakwa lutanjiswa amafuta ukuze lutimile. Bka
luyeki umtu lude lugotole. Kufuneka unesuki a-
ngashenzi soku lupakati xa elusebenza ukuze lun-
gagotoli. Ilatye alitjenzwa xa kubandayo, nasa
kunetayo. Kufuneka bona losetyenzwe xa kushu-
shu ukuze litholile kakuhle litambile.

60 Ingelbi namacule bahlonelwena? Ingelbi namacule
bahlonelwe ngomsebenzi wobucule babo.

Umsebenzi wasendlini.

61 Ibhatala yendle - umtu olucule obhatalwa
lonto ayibizayo ngokwake.

Umsebenzi wasendlini.

62 Oyena mtu usebenza endlini - Oyena mtu wenza
umsebenzi wendle, yinkosikazi yonzi, naba-
ntwana abazintombi, kuba uyise namakwe-
nke kusitwa aye ngabantu base buhlanti,
basebenza imisebenzi yapandle bona.

63 Imisebenzi yabafazi - Imisebenzi yabafazi, kuka
ka amanzi, nokutjiza inkuni. Umfazi utata
ingqayi ayi ngge entloko, aye kuka amanzi.
xa beyakutjiza abafazi benza inkata nge nca, ize
ke lenkata ibe yeyoku kiusela intloko, kulonye-
nda yenkani. Kweli xesha lanamhlanje
abafazi abasaki manzi, abatjizi nankuni.
kuba kaboku kuka ifatjizokuka amanzi
ezi tsalwa zinkabi. Nankuni zitezwa ngong-
welo nezileyo ngamadoda. Ukutshayela nako
yinto yabafazi. Ungafika umfazi eguqez-
etshayela, ati ukuba ngumfazi olihomba afe-
ngamanzi kugala, ukuze kungoqhumie. Uku-
sinda nokosula zindle mendinga ngumse-
benzi wabafazi namantombazana. Umfazi
ungafika sinda atsho ngezindle ezityabukileyo.

efuna indlu yake uba igude ebentle, udonga nomgangato wayo ukupeka ikwa yinto yabafazi. Kupakelwa endlini ekutiwa yekitshi, ebancinci kuneziye ezi ukupakwa kokutya nokugcina ikwa ngumsebenzi wabafazi. Yinto ebukakayo xa umfazi ebonakala ekhutabale ukwenza ukutya a ko sapa nye ngonozalakazi.

64. Lomsebenzi wendlini wenziwa nguwonkewonkema:

Umsebenzi wasendlini wenziwa nguye wonke umtu obingileyo. Kuba xa umfazi okanye intombi yasesifo esinye ngisilepeli nyalo-nyalo, akufuneki ipate, ukutya, kuba yosuka idale unabababe lokosulela bonke abantu bonzi lowo.

65. Uhlobo lokufundwa kwalomsebenzi: - Lomsebenzi awunacikolo ufundwa kuso. Ufundwa ngabantu na komona, abantwana abawganwantonkaba xa. Ige bati bekulu babesebewazi umsebenzi wonke.

66. Ixelegu lomfazi: - Kulihlazo uba umfazi abelixelelegu, nento ekohiweyo kukuzi qoqosha izinto zendlini yake.

67. Amagalo anikwa kumfazi olwile: - Xa umfazi ese ngena kutiwa, ngu "Tala-voco, uvuka kuvute we". "Unomtoboyi" lonto itela ukutifontokazi itanda ukunaba xa abanyalosebenza, ize iti ke kwakusutwa iti ngi intanyana ifune ukugela idle bengekadli abapeki. Uba indlu aysetye uzwa kuya kutiwe indlu kabani, "likaya lezigawu". Kutliwe ayiyondlu ngu "Tobe" lonto itela uba akakatali kuki avutubule izigawu zendlini yake. Kude kutiwe ngaye lomfazi, hayi nenyo ka zingahlala kumondlu. Kutliwe ifana rapande e ngobandaka.

Kwakona umfajelo uba uyavumba amzi wake uti

ywa igama kutiwe kuse "Zingekka" Rude kuti
we igama lake ngu "Bhingela pandle" abanye
bebhingela endleni. Lonto eteta ukuti, uti aku
va umtu etateta pandle, ashaye itipoti eziko
apume pandle esenzela uba angangeni umhambi

10. Izinsibo nezihombi.

1. Izinsibo: - Izinsibo zamadoda zizibeshu be sise
zizwa ngemfele zengamakazi (izibeshu) ebezitaxa
kubulewe: inyamakazi, kutatwe ufele kusukwe
luenziwe ezinsibo ku ngamacule. Iminwebu
yeyenkoi, izidwangule nabanungana. Izinkulu
bekuhanjwa, ze emuzi apa kanti ezongubo nemi-
webu zezokulala ezahlukelwey kodwa kwezi zambla
kukonjweyo.
2. Izambato zabafazi: - Izambato zabafazi zizikaka
ezenziwe ngofele lwenkomo. Sekuko namabhayi
ke nambla kwa nezinye izinsibozasembungweni
ezivela nva.
3. Izambato zabantwana: - Izabo izambato zingaga
zamatole. Inkwenkwe ibisukelwa lona, kanti
ke eyesukulu inkwenkwe, ibonwa ngokuti ibe
nengubo efana ukayise, kanti nentombi yesi-
kulu ifaniselana noyisa ngesikaka senkomo.
4. Iminwebu: - Iminwebu yamadoda ibitunga
ngamacule angamadoda aziwayo ngokubanzi,
emva kokuba ite yasukwa yatamba.
Izikaka zabafazi nazo bezisenzwa kwangama-
cule, zisenzwa kwangaba bhingileyo.
Ugaga lankwenkwe ibisukelwa nguyise.
5. Intlo eyenza umwebu: - Umwebu wenzwa ngofe-
le lwengwe, nehlozi, nowula namaputi. Izika-
ke zabafazi zenzwa ngofele lwenkomo, nengubo
zabantwana zenzwa ngemfelezamatole.

ngasha njalo - njalo.

Indlela zokwenza: - Ka kwenzuwa umnwaba ku-
tawwa ufela olo lweputi okanye okwengwe, kusukwe
ngelitye elinkum nkum luti lwakutamba ka
kusikwe ngamacala, kwenzuwa ingubo ka agokwe
ingubo okanye kusikwe sikaka situngwe ngo-
singa lwenkomo. Uyaga lwetole lona kwenzuwa
kwa oye agokwe komwaba wenyamakazi. Kusu-
kwa ufela olo, kuzi kwakho imilenze nemko-
no, lube yingutyana entlana elingana umtu
wayo. Inqubo yequba yenzuwa kwangolo hlobo
nayo.

- 6 Izinto ezinjalo, nezite, nezijimiteli: Impahla
yabantu abakulwayo nitywa ngabantwana.
Inqubo ye Nkosi kufanele yahluka, kungabika
ntu ofaniselana ne Nkosi, ngapandle kwendawo
na enkulu ye Nkosi etinyombulelwe agokwe-
mbeka, nokutolaka enkosini yayo. Impahla
yabantu ababingilayo kufanele ihlale kwacala
labafazi, apingisazi kutitjwa ngabantu base
buhlanti. Isambato sentwenkwe sesentwenkwe
we, asinakuntywa ngumtu ongyontwenkwe
- 7 Isimbo sinitjwa ngu wonkwenkwe na? Isambato
zabawo nangubawo, ngapandle kokulika
umtu engenakusuka ngubo efana neye Nkosi.
Kwangokunjalo okuto mfazi unokunviba sikaka
sifana nese Nkosikazi (Chief's wife).
- 8 Abantu badidi olupuzulu: Abantu bakomkula
bebesembata ingubo ezenzuwe ngesikumbe
sengwe, neputi.
- 9 Abantu abatle nama xesha atle: Izikaka zamako
sikazi zahlutle ezamini, kanti ngemihla yemi-
dudo, nemitshato, nezisusa, kufakwa ezinye
ezenzuwe le mathe. Amakosikazi wona

atingalomeni, abhinga zikaka zenyamakazi

- 10 Abangena ebukweteni: Bona abantu abangena ebukweteni, batungelwa imfele zegudra, zakuba zisukiwe zatamba.
- 11 Isambato seggisa: Iggisa lambata ingubo zenyamakazi, lize kutwala umngwazi wemfene. Lowo ka ngumngwazi onenzwe ngofele lwefene.
- 12 Abantu abasegileni: ~~Abantu abasegileni~~ lambata kwanjengesigeli abahintshi kodwa balibonakala ngokugungqa, nokuguya imwele nokusakata. Ngelishesha base mlungwini babonakala ngosi nabo esimnyama itubayimilhaco ingabi nalenti.
- 13 Amadoda embafazi abhinga imfele zenkomo.
Akumbati xa esilwa Lonqintha ungentle, awa gqenywa nganto.
- 14 Ezisuseni, Amadoda afaka iminwela yawo, yezisusa, abafazi bona batshongezikaka zenkomo.
- 15 Isambato pasenkudeni ukwasei case kaya,
asahlukanga nakancinci.
- 16 Isinxibo sabafazi sifana nje nesontu wonke, koko isiko belokuba naba gungqa, bafaka zikaka zenkomo. Kontokencisa ukuba lowo ngumshakazi.
- 17 Isinxibo senxenteni zizidabane, nentsimbi kweli xeha lesi Lungu ke.
- 18 Izinxibo ezimitywa kanye: Kwezabafazi xa ku mitywa zikaka kwamlatwa izibhaca. Amadoda embafazi iminwela, apate ingxowa zebokwe amile iza sawe imgaleni, nengcaca entloko nezidanga.

Izihombo.

- 19 Izihombo zakwa Ntu: Izihombo zakwa Ntu ngamase, amatantjini, amagaba, amajila,

amapoco, amadiliza, amatumbu, Ijhombo

zezipanga, yonisaaka, amapondo, iwatsha, imbotzo, namasinda. Imisesane nayo'oko, iyakandwa ngezacolo.

20 I ndlela ezenziwa ngayo ezizintu :- Amaso xa enziwayo kufakwa amaso elusingeni. Amajila adityaniswa ngotwatawa lesikumbe sebokwe. Amagaba anxitywa endlebeni, ekandwa ngacolo. Amatantjisi aya hlobwa kwanye ngamaso. Amapoco, amadiliza namatumbu ayatungwa wona ukwenziwa kwawo ngosunga nokuba yisali. Umxaka uyabazwa ngezaxolo zawo. Impondo ziyitengwa, nembotozo. Iwatsha iyakandwa ngumtu, ayilinganisele esihlahleni. Kwa namasinda ngokunjalo. Imisesane ikandwa ngezacolo xa yenziwayo.

21 Umenzi wamaso :- Amaso enziwa nangwuphina umfazi. Zonke ezenziwa ngabafazi, ngapandle kwe watsha, nesinda, nimesane, enziwa ngamadoda.

22 I ndlela ezenzitywa ngayo :- Amaso anxitywa emgaleni. Amajila anxitywa emgaleni nasesihlahleni. Amagaba anxitywa endlebeni, Amapoco namatantjisi emgaleni, Amadiliza esingeni nasezinyaweni. Amatumbu emgaleni, Imixaka inxitywa esipangeni. Impondo, newatsha, namasinda, esihlahleni, imbotzo esipangeni, imisesane emineneni.

23 Abantu abanzima amaso :- Amaso anxitywa ngabantwana nabantu abakulu. Amajila ngawamadoda amakulu. Amagaba ngawabantu abatsha. Amapoco ngawabafana, amatantjisi ibe ngawabantwana nentombi. Amadiliza namatumbu anxitywa ngabafana. Imixaka yeyabalumzana, izizibomxaka kwa nentombi ekubhwa ngamozinyo enya. Impondo ziyixitywa ngama kwenkwe, kwawamaqoqa. Iwatsha ngabafana

uentombi. Amadiliza namotumbu anesitywa

ngabafana. Imixaka yeyabafana izimela
 swaka amasinda anesitywa ngabafazi. Imboloza
 yeyabafana uentombi kwane nisesane ngokunjalo.
 zimxitywa ezijadwini nasemithentsweni. Amado
 da amakulu azimela emigidini nasezisweni
 abafana uentombi emigidini, ezintlombeni nase
 zimbutweni. Amakulu kux ke wona emithshuqhu

24 Abantu abafandlwe yomixaka: - Imixaka yeyabafana
 fana Akosi, abantu abazibalulayo ngelula
 lemfazwe. I Kwa nesitywa ngabantu abane
 wonga, abananzana ukentsho oko kwa
 namajilo.

25 U

25 Uhlolo lokwaluka inwele: - Inwele ziyolukwa
 ngamantombazana nabafazana, zolukwa nge-
 sandla ziti zakubande, zibotshwe, zenziwe unwe-
 le olunye ziti ke zolukwayo zenziwe ngomhlongo
 ti otshisweyo.

26 Ziyacetyiswa na? Inwele ziyacetywa ngeme-
 la, intloko ibentle, ifane nobuso.

27 Ucebo lwabantwana: - Abantwana xa bacety-
 wayo, bashiywa esicolo, apo ebuco tohoni. Aba-
 ntu abakulu baceba bangshiyi nwele. Aba-
 fazi namadoda baceba ngokufanayo. Yonke
 imezi icela nge nkelangeta inga Manfe-
 ngu, kanti namaphondo aceba ngandla
 la nye byo yobu Drpondo.

28 Izinto ezenziwa emzimbeni: - Izinto ezenziwa
 emzimbeni ngu mwanbo esifubeni nasesi-
 sweni, nasezingalweni. U mwanbo ke
 wona wenziwa ngamava omqagoba.
 Ibusweni kwenziwa umxolo, ekulwa yigqo
 Imhala nondike nazo ziyacetyenziswa

ukugatijwa ubuso. Ukugatijwa yonke indawo ebusweni

Iimbola igatijwa ihlase izhlati, itate impunzole.

- 29 Iomiga i- Iomiga kutjwa yigesi, eyembola kutjwa kinkuzoba. Umvambo uba ngamacokoza.
- 30 Amagama ezi zinto - Ngumvambo, yigesi, nomzobo.
- 31 Iresha ezenziwa ngabo ezi zinto :- Umvambo wenzuwa xa umntu egala ukuba yintombi, shambe igisusa. Negesi kwangokunjalo. Umzobo wona wenzuwa xa umntu selondala.
- 32 Yenziwa nguwonke-wonke na? Umvambo, igesi, nomzobo, ezenziwa ngumntu wonke olandayo, azi keti. Lowo ulandayo wenza ngohlobo atunda lona.
- 33 Iyantluko yomvambo :- Umvambo uyahluka kubantu ababhiqileyo nabasebukhanti. Umzobo negesi ngo-w- lofazi kodwa. Umvambo uya fana nokuba umntu mcinane nokuba ondala. Umzobo negesi ukwamjalo nawo - awahluki ngokuba umntu engakanani. Uya fana kumahlke mpw, izinhanha nabapina abantu. Awahluki ngokuba omnye elshatile omnye engatshatanga uya fana.
- 34 Izinto ezenziwa ngabantu :- Umtu uyavambwa, omnye enge igesi, omnye agqoboze indlebe, ukwaga ebusweni msemzimbeni, ukwaluka kwa-makwenkwe.
- 35 Ukungumala umnwe - Iaggati, okakukuti ukungumala omnye umnwe, asilabo oko lama mfengu likuma Xasa.
- 36 Ukugqozuzwa kwendlebe :- Lisiki letu ma- mfengu ukugqoboza indlebe.
- 37 Ukugugula ondevu :- Ukugugula indevu lisike letu.
- 38 Ulweluko :- Akwaluka kwama kwentkwe lwika letu.

39 Ukukutshwa Kwamazinyo :- Amazinyo apakutshwa

a kuti, yinto yokuhamba amazinyo amahle, akenziwa nto, ngapandle kokugcawwa ececekile ngotutu, orelahle,

40. Izinto ezitambisa umzimba :- Umzimba uya tanyiswa ngembola nangamafuta. Ukugaba imbola buluhamba obuhlale buhlale benziwe, Kanti ke yomama itanjwa umzimba maxawambi

Ukuzala

Ukumita

1 Imito yomtu omtiyo :- umfazi omtiyo ufazi jala into izitile akatiji matapile, amatanga, nesibindi, nezinto eziswiti, nezinto ezinkump zonke. Kufuneka anganekhi zinto zininzi zinaluxakana ka umzimba wake, eziyakuti umzimba ziwagqise. Kufuneka anele impahla elula nekaphakaphu. Akufuneki abunguze atande ukusoba pandle. Kufuneka apume qengqelele pandle xa asoba into. Akufuneki eme.

2 Izinto ekufuneka angazenzi :- Emsebenzini kufuneka angasbenzi zinto zinjisa gqta, kuba ubutataka, kungafuneki nekuba abambe engqeni.

3 Ukuya akuzilayo :- Ngamatapile, amatanga, izibindi, zonke izinto ezinkima neziswiti.

4 Izinto angazi jongisa :- Akukho nto angazi jongisa.

5 Indawo angazi kuzo :- Buluhlanti, licala lama dodal nasezintkondleni.

6 Izinto angazitethiyo :- Akukho nto angazitethiyo, nto nje, kuko izinto ekufuneka angazenzi.

7 Izinto ekufuneka azenze xa emti umtu :- Kufuneka emti umtiyo atole, angazenzi izinto ekutlwa makangazenzi. Kufuneka asele isicakati sike

8 Imkangeliso yake :- Imbonakalo yomtu omtiyo

iyabhintsha nezinxelo kwangokunyalo.

9. Isimilo somtu omityo: - Umntu omityo ngokubhe kiselele endodeni yake siya tshintsha, kuba umfaz omityo enomsindo ngokwendalo. Kanti ke popu eyowanto ifunekayo yeyokuba makajitobele indoda yake. Siyafana isimilo saka kumtu wonke noxe ke engumtu onalaka kubantabonke.
10. Ape ahlala kona: - Umntu omityo uhlala emzini wake ngapandle kokaba esiti xa aya kubeleka aye kubalekela kowabo. Ababekisi ngumntu okanye onina !!
11. Umfazi xa emiti: - Akuko salelo soba umfazi eng lali vendoda yake kuba emiti.
12. Uhlolo lokupalwa komfazi omityo: - Uwe umfazi omityo upatwa bakubhe ngapuzulu kwabanye abafazi. Uhlolawu ngabantu, kuba ngumntu oshushu nonalaka, akulindelwe into entle kuye.
13. Amagama awahlakileyo: - Umfazi omityo ulu namagama atile, awodwa. Umntu omityo kutinwa umzima kutinwa sisimisane.
14. Ukudla akuphiwayo: - Ukudla akutandayo, okona kunencasa kuye. Inyama yiyowanto ejitandayo. Nona bekobona abangayitandayo.
15. Xa efuna izinto ezingabileyo: - Ulu ufuna izinto ezingabileyo, ziyafunwa zide zifunyanwe.
16. Amandla nobucopo: - Umfazi omityo ufana nabanye ngamandla nobucopo.
17. Izinto azenzayo: - Akunako ukusela izinto zingekke zeki, engakwazi nakubona izinto ezingazwayo ngabanye abantu.
18. Amapupa omtu omityo: - Wona amapupa omtu omityo afana nawomtu wonke.

- 19 Izintelo yendoda emfazini omityo, nezinto engazenzayo: -
 Indoda kufuneka ingambeti umfazi ka emiti, nokuba selesona, imyaka nye. Indoda aqiteni impahla umfazi emiti, ayingeni engodini.
- 20 Ukwazwa komtwana esisawini: - Kunokwazwa uba umfazi unati intombi nokuba yinkwenkwe.
- 21 Izinto ezingama emfazini azala intombi zodwa okanye onyama
 Okokuba umfazi azala intombi zodwa, okanye amakwenkwe odwa, uyamiselwa ngamayezo eswile.
- 22 Umiselo: - Umfazi unokwenzwa azale intombi nokuba yinkwenkwe xa betanda abantu.
- 23 Xa umfazi ehlelwe yingozu: - Umtwana xa ate unina wehlelwa yingozu, uti akuzalwa abonakala longozu ibonakale kuye apo xa ngaba yadla yefikdele kuye kungeyala usuka apume isiso, unina lowo Izinto ezityinwa nezengawayo ngumfazi omityo, ayanto ziyenzayo mayela nento azakuba yayo umtwana. Intombi nokuba yinkwenkwe.
- 24 Izibonakalo yomtwana: - Umtwana akanakho ukwenzwa afane nendoda engenguye yise.
- 25 Ukutata komfazi: - Umfazi unakho ukutata nokuba ulele kanye nendoda.
- 26 Ukukanyela ityala: - Indoda ^{ayi} akho ukumka nyela umtwana ngerizatu sawi ilele kanye komfazi.
- 27 Ixesha lokumita: - Inani lomtsuku lokumita komti, ukuya kuzala, liyaziwa.
- 28 Izinto ebalwayo: - Kibalusi inyanga emtwini ukususele mhla wangamka, kuyamhla wayala.
- 29 Ixesha lokuzala: - Liyaziwa lona ngabafazi.
- 30 Ukutyinwa kwamayezo: - Amayezo ayetyinwa xa unati azala, nasa isisu sifuna ukupuma, unti unila unzi onyeza. Ukunqanda ezinto

ezimbi kumfazi omitiyo nas emtwaneni omi-

tiweyo, kusetyenziswa amayeza, akubingelelwa.

31 Izinto ezenziwayo kumfazi omitiyo: - Uyahlakahlwa
ahlanjwe, atanjiswe.

32 Izinto ajebhingayo: - Ubhinga unziweyeza esinga
ni, akabhingi banti.

33 Izinto eyenziwa amabele: - Amabele akenziwa nlo
ngumtu omitiyo.

34 Amahungiselelo aenziwayo: - Izinto eyenziwayo
iziziba zokushelisa usana, nazo zonke impahla
zontwana.

Ukupuma kwezisu nokumelwa

35 Izinto ebangakupiwe isisu: - Isisu sikutshwa ku-
kutwala izinto ezinjima, nokutsiba imikondo emibi
ukubetwa, ingozi nokulwa.

36 Ukungxekwa nokohlwaywa kumfazi: - Hayi umtu aka-
gxekwa, engohlwaywa kananjalo, ngokuba
epume isisu, okanye emelwe.

37 Ukwakeka komtwana omtiweyo: - Kukuti umfazi
emse angazi esekeni.

38 Ukukutshwa kwezisu: - Xa intombi umiti, noku-
ba ngumfazi oti namata indoda yake ingeko,
okanye ngokungokosikweni, azeke azama ukukhi-
pa isisu, ukuzama ukugquma ihlazo, uye
nza ngendibela ekohlakeleyo lo nto, ngokungxhonfa
kuba esazi ukuba uhlazeka, akwaziwa ubu ufer-
mene ukumita. Izinto ezenziwa ngamayeza ama-
xwele, angcole kunene, amanye afunyanwe
ku Brasilansi. Okanti umfazi noba umiti
endodeni yake, ngqiso hayasi kupaisisu
xa belona ubu asimanga kakhulu
pakulimaza umzalikazi.

39 Ukukutshwa kwesisu: - Ukakhipa isisu akuka
ontetweni, sorowalupina uhlanga, kwayika ilona

- nyala, nehlaya elikulu, kumahlaya emhlaba xa
 umtu atwenza lonto, waze waziwa.
- 40 Umtu okupe isisu :- umtu okupe isisu uyadliwa,
 nguxa yokwenza into engcolileyo, ukutlala.
- 41 Ukughomfa :- Indaba yokughomfa yinto efihliweyo
 ngabantu abangcolileyo, kuba bequma ihlayo kwi-
 atombezabo, befuna zende njengentombi. Bantwi
 abantu bati bakuyibhaya lento ingekenzeki, bazama
 ukuyipelisa, kuba kugomfani hlayo emzini wabo.
- 42 Usona olugomfanyayo :- xa umtu eqhomfala, usona
 olo lwemabekwa pandle.
- 43 Umtu oghomfaleyo :- Into ayenziwa kuyo kukungxa
 liswa, axelelwe ukwenza into embi, angaze apinda
- Ukuzala
- 44 Apo kuzalelwa kona :- Umtwana uzalelwa emdlwini
 yokulala. Uzalelwa emva kocango, elufleeni legushu
- 45 Ungando lwabantu :- Akuko nto yenzelwa ukunq-
 nda abantu, ngapandle kokuba kubako umfazi
 ohlala ngasemnyango, angande abantu abezayo
 abangafunekayo kulondlu.
- 46 Ukungandwa kwabantu :- Abantu bayangandwa
 bangayi kwindlu ekubele kelwazo kuyo. Umtu uyazi-
 zala nokuba uyedwa, kuti ke xa kuko into evakala
 yo kuyiwe kubizwa umtu ngumzalisisazi
 nokuba ungumohlwala nokuba akanguye.
- 47 Abantu ekufuneka babeko :- xa kuko umtu obe-
 bekayo kufuneka anakosikazi, okanye abantu
 abangabona bakolekileyo, kulontu uzalayo. Ama-
 dada wona acasekile kulomcimbi wokuzala
 kwabantu.
- 48 Apo um indoda ibakona :- Indoda yomfazi xa
 efumana umtwana ijibiko, uyapuma imshinye
 nabazalisikazi abati ke bayisele indaba kulondlu
 ihleli kuyo.

- 49 Abancedi: - Abantu abanika uncedo ebantwini abazalayo abangamakosikazi. Ka umtu ate waya kuzalala ekayeni lake lokuzalwa, uncedwa nguningi
- 50 Indlela yokuzalisa: - Kushukunyiswa isicunyu mfazi otila, uyagugqa, asishukumise ngezandla nomzaliswa ekwa gugule. Ngumfazi ongatwale nte ontloko, engancedi, ubingqa unontitshi.
- 51 Iyeza elisetyenziswayo: - Ka kuncedwa umtu obelekayo, iyeza elisetyenziswayo, yimbelekisan iyeza kesi mtu. Umtu upunga amanzi ashushu.
- 52 Ukupatwa kwabantu abamelweyo okanye ukusatyelwa Ka umtwana eze kakubi ekizaleni, kufunwa amaculekazi, abazalekazi abanesandla. Bona ke bafike babambelwe ngandla ngeyeza, bantyalu umtwana abuyele emva, ade eze ngentloko, ale nokuzalake. Umtu uyatotywa nangamanzi ashushu. Kukangelwa ke ukuba umlizanyana uphumile na, eze ati ke lowo ayinyangileyo lonto anikwa inkomo.
- 53 Imbangi yokumelwa: - Umtu uyamelwa ngemva yokuba kusuke kwenzeka aje, kungeko nto, ingu nobangela walonto. Okamelwa kuba elelene zile okanye bekutene betu.
- 54 Izingulo zakudala: - Kudala kwakungqulwa izinyanya, ka umtu emelwe. Namhlanje sekusuka kwenzeka umtandazo, kuti ke ka kute kwalicamagu, wazala umtu lowo kutiwe umtwana ngu mtandazo okanye u Honbulolo njalo - njalo.
- 55 Ukubhubha komfazi engekancedakali: - Ukuba umfazi ufa engekancedakali, akuko nto yenziwayo ukusendisa umtwana kuba zeka selefile nomtwana ngawona masesha manenzi.
- 56 Ito eyenzwa emtwaneni: - Ukuba umfazi ufe

Kamsinyane emva kokuba ile wazala, umtwana uyagcinwa, onqine ati ukuba uya pila aphile ade abe ngumtu.

57 Xa kusandukuzalwa umtwana: Pa umtwana asandululukuzalwa, uyahlanjwa ngawanzi afudunyeziweyo, nesepe, aze osulwe kwaku gqetywa, akekhe inkaba yake kakuhle ngotutu oludala.

58 Ukungqunyulwa kwimpesane: Into ekungqunyulwa ngayo impesane yingcongolo nomcinga. Kwezimani seyingqunyulwa ngesikere. Impesane isikwa ngumzaka sikazi xa eko kanti nonina womtwana akwazi sikela impesane yomtwana wako. Iti impesane yakugqetywa ukusukwa ibekelwe ngotutu oludala.

59 Umlizanyana: uyabotshwa ngesiziba wewbelwe egumbeni. Kodwa bona abakwa Radole abawembeli, baya nawo emlanjeni, bahlale pantsi kude kuvela unonkala, bawu nikezele kuye.

Amawele, abantwana abazalwa bebajenzi, neyelima

60 Ukuzalwa kwamawele: Amawele xa ezelwe kuyavuywa kakulu, kuba abantu bayawatanda.

61 Into eyenziwa xa ezelwe: Xa kuvela amawele kuniswa emikhonthe ibe onibini. Omnye uba ngo welenye iwela, omnye ngokunjalo. Ke xa ehlanjwa, ahlanjelwa pantsi kusayo. Uti oko kuba omnye wela mkhonthe uyabuna kugondwa uba elenye iwela lizakududa.

62 Amagama angazelekanga asetyenziswayo: - Amawele ngabantu ababodwa. Xa ligula kanti wa lizazenzisa, xa lifile kantiwa lida dile. Ukuba libhubhile elenye kubako ubutile-tile kude ke kufakwe nelihleliyo ebhokisini lile liku-

tokwe. kutatwe impahla yeli lilelelyo unxitywe.

kweli lidudileyo.

Abantwana abazelwe bebatatu okanye izilima; - Abantwana banjalo bayagxinwa bondliwe. Akukonto benzwa yona iyenze.

64 Umfazi ozek abantwana abamunzi; - Into yokuzalwa kwamawele, nalupina ke uhlobo lwabantwana olungaqelekanga, ayilekwa tyala mtwini, kuba suba uyintando ka Duso leyo. Popu iko yona entlo sti, ukuba uhleke umtu oselima nosifombo, nawe u Duso angasake akusphi ingela enjalo, kanti uyakohlwey.

65 Inzala engaqelekanga; - Inzala nokuba injanina ibanguya yintando ka Duso. Akuko mtu unawandla okwenza ubuinzala abembi okanye ibe luhlobo olungaqelekanga njalo - njalo.

Ukufukamisa (Ituba lokufukama)

66 Umfazi osandulokuzala; - Umfazi osandulukuzala ufukama intsoke ezilishumi, ehleli efukwini. Emva koko ke uyafuma endlwini yako, abeno - kuhlangana nalanye abantu.

67 Ixesha ayibona ngalo indoda yake; - Indoda sti ya kuwa uba umtwana uzelwe, isuke uye kumbona umtwana wayo, kwangalo muni, ka sekulu - ngisiwe ngabafazi.

68 Emva kokufukamisa; - Emva kokuzintsukwizilishumi, indoda yenza imbeleko ngobokwe. Ufele lwe bokwe leyo, kubeleka umtwana.

69 Into eyenziwa yindoda abantwaneni; - Indoda sti yakumbuzela umtwana wayo, imbruka, imyonge intanda kakulu ngobubele. Ayenzi nto yimbi.

70 Ukumjonga gisisa umtwana; - Okuko siteta siti indoda mayincokisa ukumbuzela umtwana, kuba iyamazi ukuba ngowayo.

71 Imitelo nezalato ngtuba umfazi nosana besefukwini: -

Umkhambi xa efikile kufuneka alutali usana alu
lekeze kuba ulumkeli ukuti kwindawo ebhamba
kuzo, utsibe imikondo lonto ke yenze otike, akale.

72 Umdlezana udliswa ingova, isidudu, ukutya
okwenza ukuba makale namasi. Inyama
akayidli namasi, wonke umdlezana. Umwa-
na udliswa isicakati, ujeiane nosikiki.

Kukudla okungaka ~~ko~~ kosana obungaka pumi
kanti kutsi waluya pati. Umdlezana uzipala
kakuhle. Akadibani nendoda, akufuneki aha
mbe elalini atile imikondo embi, kuba
umtwana angagongoka ufokoto, enzakale.
Umdlezana uyagadwa ngabafakamisi nendoda
yako angati sa elalini. Kufuneka alulame
azizile izinto ekungafuneki azitye. Namag-
nda ngokwesiko kufuneka angawatyji.

72 Ukunyangua kosana: - Usana luyanyangua
linikwa iyeza lokuba lingabina kotuka.
Uloyeza lifakwa apa emgaleni.

73 Ingozi gosana, nonina: - Usana xa lungafakwa
nga kubalo emgaleni kusengozini yokotuka
lwenzakala lunguzoke ufokoto. Xa unina
engazipatanga kakuhle engumdlezana (xa
asuke ametsho, okanye arexeye) usana alubi
naispilo intle konke xa chamba kakulu
unina, chamba etsho imikondo embi, usana
lungenzakala lufe.

74 Xa unina epumbe efukwini: - Ulike umfazi
akupuma efukwini, kubhinzwe abafakamiso
ibokwe. Lonto yanzelwa ukuvuyisana nomd-
lezana kuba afumene umtwana ontsha. Ufele
lwalo bokwe lwenjinwa imbeleko yosana olo.

12. Umntwana (Infancy)

1. Ukupuma efukwini; - Uti undlezana akupuma kulandlu beluzaklwe kusyo usana, akufika kulung'indlu, uyalulalisa ngomhlana apa emnyango, alugwayeke ngotutu ebunzi nasenkabeni, aze ke alukibaze, oko kukuti alucile kwezondawo bezi gwayelwe ututu.
2. Usana luyagiboniswa inyangwa? Hayi asilisiko elo.
3. Utuyo lomtwana: - Hayi ayilosiko letu tina eli ezinyanya, kuleke into yoliso kwabantwana.
4. Urina wosana: - Urina akasoloko ehambe nosana. Iza emka apa ekaya uyalushya usana.
5. Umenzi wembeleko: - Imbeleko yenzwa nguyise onkulw womtwana, ngokusuka ufeli lwebokwe lusikwe kakuhle, lube nendawo yokubeleka - imilenze ee ke. Golwa kwanguyise onkulw womtwana le bokwe, ayinyangwa yona ngokwaye.
6. Iriteto yentsana ezincinci: - Usana kufuneka kuhlanjwe kusasa, kokutshona kwelangal. Usana ngokwesixoka luyadliwa naninina xa lukala. Okokwesha linjani. Ukuba aluvumi kutya luyaragawa ngetshova. Lunca-nea kunina, lutyiswe namanzi, emva kwamanzi ludliwa ubisi. Iza luludadlana lutyiswa amasi. Usana lulala nonina, ecaleni kuka nina. Umtu olugcinayo ngu-nina walo, lude lugabuke, lube ludala, oluti ke emva koko lugcinwe ngumtwana oselele dluandlu, eca unina avakelileyo.
- Ukurcansa: - Usana lunca nca kunina ebeleni lake.
7. Xa umpazi esisagaga: - eca unina womtwana esisagaga, umtwana wondliwa ngoku dla kwabantwana, okunye ngamanzi abisisi.

weyo, ubisi kusa namasi ne nembe. Ngeliso.

sha langoku sekuko nezinto ezitengwayo ezinje nge majina, Ncumbe, Nestrine, ne Klini, njalo - njalo.

8 Usena lomfazi osisagaga: - Asinto yenzinwayo ukwa nyiselelwa kwomtwana womnye umfazi komnye.

9 Ukukula komtwana: - Umtwana xa aye ekulal' igale aqungqiswe. Uti ke aye eqina, efundiswal' ngunina, nomgcini wake (nurse) uti ke amane ebandlelala ezintwani, oraseludongeni lwendle, afunde ukubandla ngolokoto.

10 Iovano nabanye abantwana: - Abantwana baya tanda ukulwa, kuba omnye usuke ambeli omnye, aye omnye apindiso, kukaliwanake. Balwa futi bona, kanti nokudlala, kuzolirwane kwangoku yinto yabo.

11 Izifo, nenkatzo zabantwana abancinci, namayeza ayo. Izifo zabantwana abancinci sisitipiv, resisu, nokohlo - kohlo, namahlaba, nobushushu, nokugqina. Zonke izizifo zinamayeza esiNtu ezinyangwa ngawo. Ukugqina kunyangwa ngo. Kuti umtwana acinywe.

12 Umtwana owa amazinyo: - Xa umtwana esiwa amazinyo kutiwa uyakimka - yintenga ekimkayo. Ke ababulawa ngenxa yalonto.

13 Iziko, xa ekumkile umtwana: - Umtwana xa ekumkile zekwela elinye izinyo okanye amazinyo okugala, kusilwa ulijwala bokuba umtwana ekumkile waza wapumia amazinyo. Xa akumkayo umtwana ulijwala ngenxa apo angasazi kulibona ati, "Ntloyiya tata elizinyo lidala, undipe elitsha".

14 Abantwana abondliwe ngumtu omnye: -

~~Ja abantwana besondlwa mtu onye, bezabwa~~

ngabantu, ngabantu, ababisazana, ukuba abapimi ontwini onye. Batatana nje ngamwewe, nabo bapatane ngoluhlo.

15 Umtwana ovelo kugala; - Umtwana ovelo kugala, amazibulo, ahloniphikile kakulu, kwisizwe esimanyama. Uhleli uketekile nje ngenkulunanjane ngomtu owazi kanye okonzi njengwele tanci. Ovelo mwa kutiwa ngu tondo - itinja na. Utondo utandwa kakulu ngumama noyise kuba ngumtwana osoloko sizeleka ngama yobuba enguyena usisinci nemvela mwa.

16 Umtwana efakwe emzini; - Ja umtwana efakwe emzini, ususwa komkulu, abonswa intosi ukuba efakwe kulendlu. Uyindlana fa yalendlu, kuba kungeto nyama. Uyecazwa komkulu, kanti xa kungeto mtu uzalwa naye woba lilifa takomkulu.

17 Amagama; - Umtwana utiywa nguyise inkulu. Utiywa nje nalipina igama. Kucinywa ngabantu bakudala, kutiywa ngabo. Okanye kutiywa ngomtu obhubhileyo obalulekileyo, now ayetandwa. Kungeto ukuba umtwana utiywa ngusuku azalwa ngalo, kutiwa ngu Nonobu uba wazalwa ngomvela. Kutiywa ngu Nonagidi uba wazalwa kuko umgidi. U Nonagidi uba wazalwa kuko imfazwe, o Ziyolo ukuba wazalwa komwatjine, o Langalibalele abazalwa nge abalala no Hedamile abazalwa ku Kedanywe.

18 Uhlobo lokutywa kwigama; - Igama litiywa nje ngulo mtu, kuvumyelwane ngumtu wonke, ukuba lamkalekile.

19 Ukutshintshwa kwegama: - Asinto ike itshintshwa

lento ligama. Oko atiyiweyo utiyiwe. Kuti ke
kodwa xa kuti kanti utiyiwe nge Nkosi ati
umzali ngokoyeka ukudlula alitshintshise
amtiye ngelinye kanye ati ukuba wayene
linye, kusetyenziswe lona.

20 Xa kutiywa igama, akuselelwagqira kuba
lonto ikude nalo.

21 Iyeshalegama: - Iye igama lake umntu lihlala
ade aye nalo.

22 Amagama obubhem: - Amagama ako ati
umntu alifumane bunini, amagama
obubhem, nawalubhalifa. Kudla ngokuti
ywa amakwenkwe apuma ekusokweni, aba-
kweta. Nasentlombeni bayatiywa ngobuxentsi
labo.

23 Iintlobo zamagama: - Abazali bababiza abentwa
na ngala magama babetiywa ubusane babo.
Kwenezitoketiso zonina. Abantú abango ntanga
batama xa babizama "ntanga" Abantú abukwi-
buti elinye babizama ngamagama obuntse-
zwa anje ngo, "Samenti, nayibenze, Balasei,
no ngidi wamantsoko tsho" njalo - njalo.

Abantú abaqelene iye kodwa babizama ngoye
ngokuhlanelana. Indoda umfazi imbiza ngo-
Kuti "Mbasowam" okanye itilabani ngokun-
gama awalitigwayo okhulwenta elinye ngo,

"Nomantyi, Kokohlile, no Wisile" njalo - njalo
umfazi uti xa esabela, "Binti Kabani" okanye
usabela ngesiduko sendoda yake. e.g. itil,
"Nomantyi" ati umfazi, "ntembu."

Kwelivesha langoku babizwa ngeziduko.
Indoda xa ibiza umfazi wemye imbiza ngegama
lake lomzi okanye ngesiduko. Ati xa esabela, "weji"

774

13

K11/40

13 Ubutsha

Izifundo: -Xa abantwana besebancinci: -

Abantwana abancinci elona tuba bekula balicita ekudlaleni besenza vno popu, neminye ke emidlalo, enje ngokujica. Bati ke njengo kuba bekula, bafunde imsetyenzana elali ngenye, enje ngokujina abantwana abancinci njalo - njalo

2 Imisebenzi shayenzayo: - Bafunda ukuka amanzi ngelikile ejincinci ukutshayela, nokuregula ngeminyazana, akusila isoboya bekula.

Amakwenzana amandiswa ukwalusa amatole nequsha, bati ke njengokuba bekula bafunde nokwalusa imfundo enje ngenkomo namahashe afundiswa nokusenga, agale ngokwamnye izapolo kanti ayafunda njalo.

3 Imidlalo iyabo: - Ballala lemidlalo icekusa, undize ka? unobhala, nokuke - nke - olangana, nehalahalw. Amakwenzana aselesalusa afunda ukusona udengwe enje inkomo, amahashe, nequsha, nazo zonke izinto abazibonayo. Utinti, nokutiza intaka, nokudada, nokulwa ngenatonga, nokutlekisa inkunzi zenkomo, nokukwela amagegw, nokujingela imfundo nentaka, zonke le imidlalo yama kwenzana xa esalusa.

4 Izifundo: - Izinto ekufuneka bazazi ngentlo. Ke izizibongo zenkomo zakomawabo ezisje ngenkunjini nama hashe okubalekisa anezibongo. Bafunda nokubonga intaka, nezige atuya ngayo, afunda nokwenzana ikwelo, nokulinganisa u dyakalashi, nezinye izinto. # Ukudada se kuxelwe nezinye izinto ayo fundayo kumbuzo wetitit.

5 Imbeka: - Bayagegeshwa ekubeni bakwazi ukuteta

Babekane, babe nembeka nakubantu abadala. Imbeka kukhlonela nokubeka abadala ukungele abe nako umtwana ukutandeka. Bayafundi swa ukutanywa nokutimakalala, imbeka, ukusyaniseka, ukuba nokubela nokukwazi ukwabelana ngayo yonke into umtwanyana yo.

6 Abantu Abafundekayo: - Lenafundiso bayifundiswa ngabazali babo nangabadala kunabo nangabantu nye nbenenye inzi.

* Ukujikisa

7 Ya umtwana angakakisi: - Umtwana oyintombi upatwa njengomtwana bonke vesha angakakisi. Kodwa xa afikisileyo ebuntombini ugala afundiswe ubuntombi, omdlela yokujipata njengentombi. Intombi ifundiswa nganina, nezinye intombi ezindala kunayo, ezinye ngodade wayo. Ukuba ingumtwana wamazibulo ifundiswa ngodade - boyise. Ifundiswa umdlela yokumetha tshani (ukulala) naba bonke ubugcigcisi bobuntombi, zinye intombi. Inkwenkweni ayafundiswa ukuba ikwintaba lokumitisa, nokwenza ingozi (ukona) ifundiswe ukuba izilumkelele idlala, ingalandelwa sisihewulwa.

8 Intombi xa ingena ebuntwini: - La intombi ingena ebuntwini iyambatiswa, ku xelwe ibokwe ekubeni igalile ukuya esesheni. Iteke ngoku khonitshiswe kuba ingena ebuntwini obukulu, ebuntombini. Lento iyaxelwa kuba nto bonzi lowa. Inkwenkweni akuko nto injalo kude kufike umhla eyoti isokwe ngawo, ukupuma kwayo etantwini.

K11/40

9 Izidlo :- Kusya gcotywa kuchebentowe kuba kalokwa

ibokwe yalo micimbi wentombi ucélelwa ibokwe
isalelwe motywala.

10 Ivesha intombi ihlala yodwa :- Ivesha intombi ihlala
yodwa kutiwa yantonjana. Iantonjana ilande
la ivesha lokwembiteswa. Iantonjana iyayigqi
ba inyanga, aenyanga ezimbini, intombi ihleli
emkusaneini isadlwa ipume ityebile iyilonto.

Kugale intombi ziyokutiza zenze igogo. Ke ngal
lomhla intombi izakungena iti isuka yodwa
iyokuhlala endle (ntabeni) kusuka ke intombi
nabafazana namadikazi ziyo kugqata, zihamba
zisombela ingoma ekutswa ngu "Nongabe". Zifika
endlwini se uka emkusane ibe se ifakwa ke
eludweni apo intombi leyo. Da sendlwini
ihlingelwa ibokwe yomngena - ndlwini ko-
landela ke eyabafazana eyomhlonyane kuba
kuseondela umjadu. Kukhinzwa eyabafazi
ekusitwa zizadwadwe (ezipipis) emva koko
kucelwa utywala lomjadu kuvélwe inkabi
yenkomo. Ipuma ngalomeini ke intombi iye
kukhambenalanjeni. Zifuna ke ngoko inko-
mo ziye kungena naye mlalajeni. Jobe zingqo
ke nentombi leyo kuzqushwe ngazo. Emva
kwenkomo ego kungena isigene sigitywa
ngamwakwenkwe. Elisiko kutiwa yinkondlo
emva koko ke kusina intombi. Ngombha wo
kupuma kweantonjana ke lowo, kuba ukwa
sa emlanjeni oku kukusipá isisila
nokungena ke ngoku ebuntombini.

11 Iompahla emitywa kwantonjana :- Kwantonja-
ne kunxitywa imibaco, ize intonjana
yona emityiswe ukubuya kwayemla-
ojeni. Foriba isademe. Isademe ke senyura

ngokusuka imfela zenkabi zebokwe ezimbini.

elinye icala liba ngapambili, elinye liba libe ngasemva, zidibane apa emacaleni.

Intombi ngalombhla wondado, zivata intsimbi zazo, kwanabafana.

12. Ukupuma kwentongane :- Ngoku intombi ipu mayo ibinge esademe, ipete imikonto macalombhini, nge emagadeni amakulu enkundeni. Apo ifikile emse kimekonto, ime pambili kula madoda, iyalwe ke. Kuye kutiwe ke ngo ikwazi ukuzipata. Apo ke lento ifana nokuyalwa kwenkwenkwe esokwayo (ukuyalwa) ijakeni piya kulapo intombi gabwayo. zebelwa abafana ukuba bazidlale. Kusala intongane yodwa. Kufundwa apo ke ukualwa ngabafana, nokuzipata xa intombi ilele nonfana, ingendanga.

13. Intombi etombileyo :- Xa intombi etombileyo wandukupuma kwa ntongane yagungxa, ikote, icweze kowayo apa ngoku komshakazi apa kowayo. Imibacco ibamile, imvela zisuswe kwa kwantlo ipina, ipuma imengayi, iliswala, kaloku ngokwesi Xosa yobhaka mpela kwintombi nge engayanga jakeni.

14. Isimilo sayo :- Isimilo sayo sayatshintshelwa. Iyazola ide enye yokwenda.

15. Ukumetshai :- Abantwana ababhungileyo bayapinjiswa, banamane ke nabasebuhlanti. Ukuba intombi etombile, kowalo mpama lo umetsha nayo, kugaywa impalla isiwe kwa ntongane. Ii yakufika isiwe endlini kubantu abadala. Kaloku kwa Xosa ubesaywa umfana ngumama noyese wentombi abambisane nayo ngokupandla.

lentō abijintō opandla eti banti ekayapa asinto

icaswe bani iz ompahla ke kugungwa kutiwe ni ngazo liswala (intonjana) elo zeze zivela kulo mji wakowabo kumetsha yayo.

16 Ulutsha kwa Xosa : - Kwa Xosa ulutsha luyadiban emidudweni, nase nixhentsweni, nase zenlombeni, nemitshotsho (yanakwenkwe) Ungafika intombi xa uye kuka amanzi miswa - miswa zezinwadana abantwana abati bajol' pinisa okanye kufu nokoliswa, kuko nembuto ke zolutsha apo ezozintō ziqutywa ziqatyelelwe kezo.

Izintō abakubulweyo kezo; - Intlombi, nomitshotsho, nomdudo, nembuto, izintō ezungenanisa so mtwini, kuba intombi ipuma nomfana kunina noyise ihamba naye, abe abuye nayo, kwakusa. Nomitshotsho olu xa umfana esaziwa, asijontō inasitintelo nakubani.

18 Amabaso enjwayo : - Abantwana xa behambisana bayapana into ekutiwa zingame (ukutolikana). Ungafika intombi itumela ingxowa enentsimbi, necuba, nematshisi pakati ye kulomfana ungumtsha wayo. Xa otile engewantombi (ubulung) uyenzelwa ngo dade wabo, ukuba naye angahleleleki, efane nabanye abantwana.

19 Uketo lwezihlobo : - Umtu uyajiketela isihlobo saka.

20 Kuyabhatwana? Uye xa kuvisiswene kude kutshatwe ngokuti ngamanye amaxesha, oyise bantande uantwana ngokutsalwa sisimo saka.

21 Amayeza entando : - Ako amayeza entando acetyenziswayo lulutsha, amagama awo nanga - uvela - bahlaki, itotesa, ubulawu.

intando. Ukwenziwa ngobulawu buphehlelelwa

esigubeni, umtu abize kintombi arjifunayo, aziphele intombi. Ovase umzimba nobuso ngeguebu lobulawu obo. lentigokuphele sisihlambezo sokuba intombi intande. Intando yenziwa nga mazuta (isitofile) agatanziswa enzelwe ukuba intombi, intande. Uvela bahlake umtu uzipagu la ngaye apa ebusebenzela uba ati akwela kuhlakwe, konwalfwe. Notisa okanye yevamva ndedwa elinye igama 'jinabatswi'. Yona igalawa ekutyeni komtu lo udliswayo. Abantu abasebenza lonto yomutolisa amadoda anengwanu, ngabafazane, nabatshakazi.

22 Ukuntelwa kwezintlo - Ezintlo azinandlela zingandwa ngayokuba kaloku azenziwa umtu ebona, zenzelwe emfihlakalweni, umtu azive selezintlo kufunwa ukuba abe yizwe

14 Ungeniso, amabuto, imikosi butolamada

1. Ilungelo lenkwenkwe ingeniswasekweni - xa inkwenkwe izakungeni esikweni izakwaluka, uvelwa ibokwe yomngcama, keze kusifwe utiywa lwa. Ingcamiso kusasa, agokelelane onke amadoda kusifwe ke. Ngokuhlwa kungena umgubo wamaenkwenkwe wamadoda apete izikali, amacakata. Da kusayo amakwenkwe aya pume. Amadoda avuma ingomq'gwagq'be ayokuvasa abuyi ke aye ngagetoftufeni lamadoda abambafecula ingomq'peti.
"Mwulele kusile madoda, wawele kanyani I pume ke incibi iginisila, wasika. Ya kuvigilela ukwalusa kutsho sitonga somfu. Ati va esokwa iti egqityiweyo, "Ndiyindoda" atoko onke ngamanye. Inva koko ke agaba benozeke afundiswa likan'kata.

14 Upehlelelo, Amabuto, Amabuto Omkosi.

- 1 Abantu abaphelelelweyo: - Abantu abaphelelelweyo bezakuba ngamagqisa, baqutjwa ngokuzanayo abangamabanga nabangabasebuhlanti. Idini elenzwayo ekugaleni, kusilwa utywala, kuselwa ibokwe emhlope, imvume yako konke oku icelwa enkosini kugala.
- 2 Ezintombini: - Kukhunjalo nasezintombini, kuba upehlelelo kuyafana, njengokuba sekutshiwo kubuzo ongapanibili.
- 3 Isiko lokwaba ka: - Nokuba balenzile isiko lokwaba luka nokuba abalenzanga kuyafana, kuba lento uyinkatango ayikatali, ingak'eti mtu.
- 4 Abantu abatwasayo - Abantu abatwasayo abana buntanga, bangena nokuba bantanganena.
- 5 Baphelelelwa ngabanyana: Nokuba ligela. Abantu abatwasayo beza ngabanye ukuza kuphelelelwa ligqisa, kanti bode babe baninzi.
- 6 Amagela abakweta: - Lamagela abakweta banagqisa, akabintanganye. Abayiso nayipina intanga. Asimakego, pankwenkwe, nantombi, bayadityaniswa xa ingabakweta gqireni linye.
- 7 Amadini okuphelelelwa abakweta: - Amadini okuphelelelwa abakweta abako narinina, kuba lento uyintwasa ayixesha linjani, ingenaxesha leteni. Iw betwasele abakweta besuka babe batwasile ke, baphelelelwe.
- 8 Amagama abizwa ngawo: - Kutwisa ngabakweta, okanye ngokwase dlo zizigogo. Ababizwa ngamagama okuzalwa asemakaya.
- 9 Iminyaka etitywayo: - Kubako iminyaka etitywayo, kuba akutwaswa yonke leninyaka.
- 10 Upehlelelo ngesesha lendlala xempaqwe: - Lento yopehlelelo ayinatuba leteni. Nokuba yimfaqwe, nokuba

K11/40

yindlala kubwa ikusufu ngokwayo, ayimatuba

lifeni:

- 11 Umtu ofuna ukuphela: - Umtu ogulayo ngaye ngokwake, oti makaphelile. (Isigulana) Kuti ke kwakuba kuvanjwe kowabo, kubhekiswe enkosini, ibo yiya ku enika inweme.
- 12 Isanuse: - Isanuse naso siyaxeliswa, ngayo yonke into, kuba ngayena mtu waziyo, noyena mtu usebenza ukuphela, kubakweta.
ba, asingomzalwane wako.

61 Kuyahlawuliswa? Lontu ubolekiweyo, akhla-
wuli. Ukuba aisehlulo, kwumelakele ukuba
kahlulwane ngemvelo yomhlaba lowo. Ituba oku-
bolekwa kwakona, lisekutandeni kombu, ekubeni
de tibe inkosi.

62 Ixesha lesaziso elifunekayo: - Umntu xa abolekwe
inkomo, unikwa ituba, ukuba ayibuyise, ageti
ati, lakuba liphile elatuba ayibuyise.

63 Abafazi bayabolekisa ngomhlaba: Abafazi abanama
qinnya okubolekisa ngamasimi, ngaphandle koku-
ba, bavane nabafazi babo namadoda abo, ukuya
bayenze lonto.

64 Angabolekisa amadoda ngaphandle kubafazi? Ama-
doda nawo akanako ukubolekisa ngamasimi
de abe avene nabafazi, ebuncinane, imadoda
mayiwane nomfazi ontombi.

65 Inkosi okanye isibonda, iyanyangela umntu abolekise?
Hayi. Inkosi nokuba sisibonda, ayenako

ukhanyangata umtu ukuba makaboleke omnye
umtu entsimini yake, engatandanga ngokwako.

66. Kuyabolekiswa na ngemali, amakuba nengwelo? Ewe.

67. Kuyahlawuliswa ngezizintu? Xa umtu eboleke omnye
imali nokuba yingwelo okanye ukuba, kusekwe-
tandeni kwake ukumhlawulisa nokungah-
mhlawulisi ngazo.

68. Inkonzo

68. Ibhatala zenkonzo: - ukuba umnini mali, um-
nini zinkomo, umnini ngwelo, ugatanda
ukungamhlawulisi, lowa ubi embolekile.
Uwuke ati makasenge, nokuba yintonina
apa ekaya. Nokuba ugatanda, nokuba uya-
hlakula, nokuba ulungisa ubuhlanti,
nokuba ulungisa ucingo.

69. Angazaka izindlu? Ewe, ukuba ungumtu
ongumake, angamenza ukuba amakale
izindlu.

70. Angalima? Ewe angamenza amlimete
amasini ake, xa ngaba uyatanda.

71. Imisebenzi yendlu: - Unako ukuti maka-
menzele omnye kutimisebenzi yalapa endlu
ni, ukupeka, ukurasa, ukulungisa izindlu njal-
ani.

72. Angazalisa inkomo? Angamenza alise inkomo
zake ukuba uyatanda, ukuba yindoda.

73. Ibhatala yezizintu: - Kusakeni indlu, uhla-
wulwa ngemali. Xa ngaba umlindele uhla-
wulwa ngemali, kungenjalo naye alinye-
lwe kwangezonkomo. Ekwaliseni uhla-
lwe ngenkomo, okanye ngegusha nokubiyimati.

74. Akona amangqina, xa kuvunyelwana? Akubizwa
mangqina, kwintu yomtu nomgoshwa ange-
shayo. Uzigeshela yedwa.

75. Ixesha lebhatala: - Umntu ojindoda ugashwa

774

11/40

22, 23

217 217

ngonyaka, ablawulwe inkomo enye ngonyaka.

76 Babhatalwa ntoni abaturuwa: Babaturuwa bona ababhatalwa, basuke bona babelele nakuba kungomlomo, nakuba unikwa inxolwana nje yecuba.

77 Amaggira: Amaggira enkosi ababhatalwa nto. Kugala linikwa iponti nokubazigusha ezimbini zokuvula ingxowa: Kanti ka emva kokokuba epilile umntu kuxolwa inkomo ezeka emva koko libe ligqisa lomzi, konyanga njalo. Kudala ingxowa yagivulwa ngebokwe ezimbini, okanye ngegusha ezimbini. Ke ngelishesha lesidunga tekute imali iyavulwa ngeponi, xa umntu etanda.

78 Xokubetelelwa: Xokubetelelwa, nasokulungiseni umzi, igqira linikwa inkomo ukuvula ingxowa yiponti eboni ngekwe kudala. Okanye zibokwe ezimbini.

79 Impanelo ezinjwayo: Ukuba igqira liyakwe nja izinto, ezinje ngokulungiswami, kugale kuvulwa ingxowa ngebokwe ezimbini, ezeka kuhlawulwe ngenkomo, libe ligqisa lomzi ka ngoko. Xa kubetelelwa, kubetelelwa ngegusha emnyama, kuvulwe inkomo ke emva kaba kugqitywe.

23 Inkosi.

Bala ngohlango laka.

1. Igama le Nkosi: Igama le Nkosi yalapha, ngu Julius ongu nyana ka Bhehula Makalima.
2. Amadoda abandakanyekakati: Ngonyolo Ngambu, Archie George, Saku Mbuntshu, Ekade Mageru, Dwayi Mlonjane, Mzwanywa Nonogogwana, Piyose Dyelala, Mlungu Nyozu, Levi Mzazi, Xayimfi Segodi, Antelozaba.

ngw Ngonyolo, Ngwana Ngodi, Ngushakwa no
 Dinwa baka Mazetshana, u Ngxedi Caza, Ckero
 Sigodi, Swadiso Diba, u Willie no Timothy bakwa
 Menemba, Mbi Nkumanda, Nawa Metula,
 Nozakuzaku Sipala, Ujaki Ngcikiza, u Mcun-
 kelwa no Bonakela baka Mhlambiso, u George
 no Horace baka Mdikane, u Bulawayo no
 Ngqosana no Kametshata baka Mgatu.
 U Mtakati, u Mduanya no Ginyigeme baka
 Apone, u Dungezeni Ngxokolo, Mkwambi
 ka Boyi, u Mendisi, no Rupu no Macizana
 baka Xozelo. U Mvaka Pungwayo, u Hesi no
 Mangeli no Pau baka Matutu. U Mxokozelika
 Nguzo, u Baby, no Walter no Nguzo baka
 Mgwenana, u Mncameni ka Sojngose
 u Duki ka Kabanisa. U Dyantzi no
 Manxweni, baka Matyoboza, u Ishenese
 no Mtuse baka Mvoweshumi.

Induna

Mgu Dutshane Menemba,
 Salitengwa Jonglanga, Lutoli Ngambu,
 Zukela Makalima, Mpati Makalima
~~Zwekela Makalima Sibuta no Kamisile Monti.~~

Sibuta ezincinane:- Mgu Ngxedi Caza,
 Babana Jonglanga, Zwekela Ngambu
~~u Mncameni Sibuta, u Dubele Mphama,~~
 u Mjongeni Sibuta, Seketebano Monti.

3. Abazali babo:- u Dutshane uzalwa ngu
 Mnyana ozalwa ngu Menemba.
 u Salitengwa uzalwa ngu Jonglanga ozalwa
 ngu Adzawuse.
 u Lutoli uzalwa ngu Ngonyolo, ozalwa ngu
 Ngambu.
 u Zukela uzalwa ngu Ishalisi ozalwa ngu

Dingana.

#11/40

U mpata uzalwa ngu Nkwenkwe uzalwa ngu Kolisi.

U Zwelanzima uzalwa ngu ~~intaba~~ uzalwa ngu Nkoniso Uobke uzalwa ngu ^{uzalwa ngu Nkhikitye} zenzile uzalwa u Kamisile uzalwa ngu Duvudovu, uzalwa ngu Siseleyele.

4 Ezingulo zabo:- Belonke ababantu, abangu- li zilo ejinje ngenyoka, Bangula u Dixo Kupela bona. Abanantsi baze lonipayo nabe zingulayo ezilwanyaneni.

5 Indawo abahlalayo - u Zutshane Nkenemba ubhalelo e Nkosi uza e Ndebenelovu. Upatle iNkosi aze ayivule yonke into ingaba ikona, u Jalitengwa Jongilanga, yena use Jojuweni, u Lutoli Ngambu yena u Sesizindeni kwa ndlu Nkulw.

u Dukela upete e Mdeni ubhalelo apo.

u Mpati Makalima ubhalelo e Sizingqini upete kona.

u Kamisile Monti ubhalelo e lswali upete kona.

u Joetse yena upatle e Franisi, upete kona u Zwelanzima ubhalelo yena ubhalelo e Franisi.

~~u Zwelanzima upete kona~~

6 Zipantsi kuka banisi Ezinduna gonke zixe liweyo zipantsi kwa Nkosi. Izibanda ezine nci (sub-headman) zombi zipantsi kwezi nduna se zixelise.

7 Indlela eziyifamene ngayo lendawo:- Ukuzo ezi nduna zibe zinduna ze Nkosi, zonyulwa yi Nkosi e Nkundleni, ukuzo lendawo yokuba zinduna ze Nkosi zibe zizidlelelwa kuba noyise babegunduna ngubanda njalo - njalo. Abazange bonyelelwe ngu

Ruhumente konke na.

- 8 Zipete pi? Ezinduna zipete kwezindawo se ziselwe, zihlala kuzo. Zigcine izinto ezonakalayo pakati kwabantu ababapeteyo. Xa kuko tyala liziswa ngabo konkuluy enkundleni yamatyala, balungenise e Nkosini.
- 9 Bayazalana ne Nkosi? Abanye kwezibonda bayazalana ne Nkosi, kodwa abona baningi ngabangazalanyo ne Nkosi.
- 10 Ziyazalana zona? Ezinduna nezibonda azwabuhlobo begazi, ziyazalana ngokwendiselana.
- Chief
- 11 Sathonela e Nkosini: - Iorbeko ye Nkundla, kutiwa ngu mbuso. Umntu ukhoke abe ^untobeko e Nkosini, makayihlonela, ayitobele, ayilulamele i Nkosi. E Nkosini kutiwa, "Nhlekezi," okanye kutiwa, "Toli lesilo," okanye ke kutiwa, "Nkosi Dumalisile". I Nkosi ibizwa ngegama lobukosi bayo.
- 12 Isibuliso sayo: - Xa ibuliswayo le Nkosi yetu kutiwa, "Ah, Dumalisile"
- 13 Izicabelo ze Nkosi: - Ngw Nguni, Mpajane, Montshiza, Sicombela, ngati kukuzakokwindla, Butelzi nkomo zika ngubinolaka, Mabizela ukona wasa Lutukela, Kunzima ukupuma kwelanga nkomo zika Makalima.
- 14 Igama le Nkosi: - Igama lokuzalwa le Nkosi liyahlonitshwa, liyoyikwa ukubizwa. Umntu olizayo angatata njengomntu ongenasimilo, oyitukayo i Nkosi.
- 15 Abantu pambi kwe Nkosi: - Xa kubuliswa

Ikosi, kumawa ngenyawa, kotulwe imingqasa
umtu apakamise isandla sokume ne. Abantu xa ba
kombokulu kufuneka bazipati ngembeko, bati
le ngokucolekileyo, babulise i Nkosi yodwa, baka-
khele kuya yodwa. Bona bodwa kufuneka banga
wasazeli, bangangoli, batetele pantsi, bape-
ndulane ngentloneli.

16 Iintlobo yokudla kwe Nkosi: - Ukudla kwe Nkosi,
kufuneka kungapatawa nangubani na. Kufu-
neka kufutwe ngumtu omnye, owinduna
epambili e Nkosini.

17 Umtu olungisa ukutata kwe Nkosi: - Umtu olu-
ngisa ukudla kwe Nkosi nokupatayo, yi Nkosi
kazi yake, apa ekaya. Kanti paya e Bandla
(enkundleni) nakwindawo abambisa kuyo
inkosi, ipekela yinduna yayo eytembileyo,
esem elweni we Nkosi. U Nkosi u Julius Makalima
uphekela ngu Dalinywa Jongilanga.

18 Kugale kuwwe? - Ewe, ukuba umtu uzakupa
i Nkosi ukudla, kufuneka induna ike ikugome
ikupe abuti, pambi koba idle ke i Nkosi.

19 Idla yodwa? - Ewe, i Nkosi idla yodwa, imane
ibasikela abo ibatindayo. Ngelinye isesha
idla nenduna yayo.

20 Xa itata indlela: - Xa inkosi itata indlela,
itata nalipina igqw elitandileyo kubantu bayo
Ungava kuli nwe, imbonji ikwazi isiti,
"Yulani indlela, kubamba umtwana we
Nkosi apa." Xa inkosi itabata indlela.

21 Izinto ezisbenzisayo: - Izinto ezisetyenziswa
yi Nkosi, azinamagama abhukileyo kula
siwasbenzisayo sonke imihla, ngemihla

22 Abantu abayigcinayo: - Inkosi igcinwa zinduna
zayo (ama-pakati, azintloko) Abantu kwakus

Timea kudala ngamafa na Nkosi.

Intsapho Intsapho ye Nkosi ne zgalwane zayo.

- 23 Intsapho yenkosi:- Intsapho yenkosi imingole kholo:- u Julius uqulwa ngu Bushula, ka Lize, ka Mawosha, u Julius uzeka u Gertrude intombi ka Robert Honono. Lompazi ke uzela u Nombulelo, u Selumko (indla-mapo) u Montutuzelo no Montombiganele kupela.
- 24 Isingulo se Nkosi:- Inkosi le, ayizange ibenasi ngulo simbi, ngaphandle ko Dixo.
- 25 Ihlala ndawonye? Ewe, intsapho le ye Nkosi, ihlala ndawonye, apa komkulu. Mtu ohlala e Yeyeni ngu Selumko, kuba uyafunda kona, pantsi kwento ka Nzazi, umfo wakwa Gqunu.
- 26 Elona cala libalulekileyo:- Elona cala libalulekileyo kulendlu ka Makalima, leli lita Bushula, kuba uyinkulu, nengala yake. Ke u Bushula iyona ndlamafa kulonzi wakomkulu. Indlalifa ka Bushula ngu Julius lo uyinkosi kanti ke eka Julius indlalifa ngu Selumko unyana waka, abanye abantu abasondeleleyo ngu Duthane Naniuba olalifa kulendlu yakwa Nguni, kuba wayefunyenwe emfazweni uko ke u Billius ka Makalima, ongumninawe we Nkosi oti ngo. Kukwako no Brinning ozalwa ngu Veni ongunyana ka Dingana - Makalima.
- 27 Umsebenzi abawenzayo:- u Duthane Naniuba ubanabela inkosi, ungumcedisi nesandla se Nkosi, kuba ngokwesiko lisi Xosa, inkosi iyabanjelwa nangumntu ongenagazi ebaka sinisi. U Billius yena uoetyenziswa ekubeni sisijoli apa komkulu. U Brinning yena akavanti ayenzayo yena komkulu.

- 28 Indlela abancedisa ngayo ekulawuleni: - Umntu ona
yo indawo yokucedisa ekupatleni ngu Dutshane
Nenemba. Naye upatela inkosi xa igula,
xa ixakakile, naye ingeko ekaya.
- 29 Enye into abayenzayo: - Ababantu banje ngo
Dutshane Nenemba no Billius Makalima,
bayatunywa yi Nkosi amatyala, bayimisi-
la ye Nkundla.
- 30 Engini wenkosi: - Bayabakangela abantu
bangabi nakulwa xa beyenzile lonto, baq-
tyelwa e Nkosi ni Antelwe ityala.
- 31 Kuko msebenzi utile wamatyala? ^{Owona} ~~Owona~~ msebenzi
wako u Dutshane, kukubambela i Nkosi. u Billius
Makalima yena ngumtshutshisi ematyaleni
enkosi, kuba engumnawo wenkosi, ekwa-
nguntunywa wenkosi.
- 32 Nje ngamadoda ebandla: - Lamadoda angu
Dutshane no Billius Makalima, bangabantu
abakhoniphekileyo ebandleni. Ngamadoda ati
xa ^{ngokwe} kubeka izinto eziphinyelelo e-
nkundleni yamatyala.
- 33 Isibonda esigumela inkosi: - u Dutshane Nenemba
yena uliso e Ndele ndlovu, ugcinela inkosi.
u Billius yena akayonduna ipetso ndawo.
- 34 Abenzi lemvo: - Ipa konkulun akuko mtu
uligqira lemvo la konke.
- 35 Awona madoda azicakasana e-
nkundleni: - E-
nkundla ni yontelo namatyala belibandla, awona
madoda azicakasana, awona wona, kuthi xa
eko kube kulungile.
- 36 Abantu abalawula esutwini: - Wasutuli bame
bwenkwe, ngojiso bamakusentla, abona bantu
balawulayo esutwini. Bona ababantu bazi-
hlolishwa zakonkulun, abantu yodwenza nesutu.

- 37 Ekulumeni; - Lamadoda akafetanga apa ekuti
meni, nasekufuzeni. Apa ekufuzeni aka bheke-
langa paya. Akangaba balimi nabafuzi ba-
bhekele paya.
- 38 Bangafundisi bokunzula izinyanya? Hazi, akunzula
- 39 Bangonogada bamangwaba; - Swe, bangonogada
bamangwaba akomkulu, kanti ka kulonto,
bahlangene nebandla ekuyenzeni.
- 40 Banlawulo kwidini lakomkulu? Lonto ilidini
yinto yontu namawaba. Ke njengoko u Dutsheane
no Billius besondela kangaka entosini ngoku-
zalawa, banemfanelo uba balilawule idini
lakomkulu, kunye nenkosi umnini-mzi.
- 41 Ziko Igamuse? Apa komkulu akukho namye osama-
se.
- 42 Ziko imbongi komkulu? Kwaba balifa komkulu
abantu, akukho namye oyibongi, zigigqede-
tya. Umntu nje yena uyimbongi yenkosi
ngu Ngonyolo Ngambu umpo wase Mampengwini
- 43 Bazizi tyebi bonke? Hazi ko, ababantu bako-
mkulu batyebile abanye, abanye bayalambe
noko kubo, abanye abazozityebi, ngabantu nje
banzinto nje ezincinane, zokubanceda, noku
baraxasa, imiphefumlo.
- 44 Apo babufumana koka ubutyebi? - Ubutyebi
obu, babufumana koxise, ke babudla
elifa kubo. Abanye ke bati babusebenzele
ngokuti babile ngendlela ngendlela.
- 45 Bayevana ne Nkosi? Induna zentkosi ziyeva
na ne Nkosi zonke, kubanti uba ayivani ne-
Nkosi, igxatwe. Lonto ke yokungxatwa uyoyikwa
ngabantu. ziyevana nazedwa, kubaseyoni
leyo, iyamangalawa e Nkosini.
- 46 Ziyehlulelana? Induna ziyevana, azehlulelana

774 #11/10

- lananga, zaye zingwantho yakungevivisane ne Nkosi
47. Ito ebekiswa yinkosi kubaninawe! - Abantonto ngela mayela nokulawula abantu, ibekiswayo yi Nkosi kubaninawe, nezihlobo zayo zegazi. Yonke imitelo iphuma e Nkosini. ibekiswe kwi ndunang ibe zizo ezi iyakayo esizweni.
48. Xa bengavelidwango nto! - Izizalwane zenkosi zikhala nje, zihloniphekile. Ksingabantu bokutunywa yi Nkosi, kuba balibandla (amapakati: asabisekileyo) abakatazeki yalonto, kuba bayayazi indawo yabo.
49. Ibhinga lingalawula? - Ngokwesiko, i Nkosazana ezilwe Tanci, inkundisa ekulawuleni ukhanga lakwayo. Lento ibekile futi - futi, kwintlanga ejimnyama. U Nobili waka wapata, epele a Batembu, kuba uyise, i Nkosi, yayingena ndlalifa eyindoda. Makwa Xosa lento egelekile, kantu nase Mbo.
50. Zihlala pi xa zendile? - Intombi zakomkulu, ziti zakwenda zihlale emizini yazo. Ezinye ziyalunga, ezinye zihlale zonyabe emizini yazo.
51. Zendiselwa nakubani? - ^{kubezinye inkosi.} ^{Que} ~~Hayu~~, intombi zenkosi, zendiselwa konyama bezinye inkosi. Iqoke xa umfo cisikulu, engalambi, enezwi enkundleni, okanye engumpakati opanbili komkulu, unako ukwendiselwa intombi ye Nkosi okanye unyama wake azoke intombi yenkosi.
52. Ziyendiselwa kubantu abaniyama? - Abantu abamnyama (commoners) bayabizwa into mbi zenkosi, xa etandwe yi Nkosi, nje ngokuba sekutshwa ngapanbili.
- Izizazi se Nkosi
53. Inani, namagama abafazi benkosi! - Umfazi wentso

on akoyo ngu Momantlapi ogama laka lomzi. U
Lestrade, intombi yomtu ongejyo nkosi umfo
ka Honono kwa Dohutsha.

- 54 Igama likayise :- Igama lika yise ngu
Robert Honono, e Bencuti, kwintili saku Bumba
- 55 Izigalo saka :- Lomfazi wenkosi, ngumguku-
lwana ka Mpanabuteli, ozele u Honono, ozele
u Robert uyise waletombe ngumfazi ka
Julius Makalima - inkosi.
- 56 Inani lenkomozekazi :- Lomfazi walotyolwa nge
nkomo eglishumi linesitandatu, nangehasha
elinesali yalo. Elokazi lika Matshutsa, laro-
lwa libandla, (amapakati, nenduna) zenkosi.
- 57 Umfazi onkulwi :- Lomfazi wenkosi ungu
Matshutsa nguye onkulwi kwanguye nom-
ncinci, kuba kaloku ngapambili ndike
ndacaza ndisiti ndandizeke u Mandlovu
intombi ka ~~Fr~~ Petros Poswa. Ke ndayishiya
ndaya emfazweni ka 1914. Ke ndati ndelapo
yamitiswa ngamanye amadoda ndaza nda-
yigxota, ndawuciti nomtshato. Wayenonya
na ogama lingu Mawosha ke naye wabhu-
kha ngo 1932.
- 58 Uhlobo lwesitembu :- Umfazi wale nkosi mnye-
ayinasitembu.
- 59 Apo Bahlala kona :- Umfazi wenkosi mnye,
uhlala endlwini yenkosi. Ngokwesiko, inkosi
si ibe nendlw yaye, nomfazi abe oreyake.
Ulowo ke uhlala kweyake, isuke inkosi mana
ukuya endlwini yomkayo xa itandayo.
- 60 Bahlala kwindawo ezahlu kileyo :- Umfazi benkosi
abahlali ndawenu mnye. Bahlala kwilali
ngelali, elowo akelwe umzi kulolali, inkosi
isuke imane ibabalela ke kulomizi yabo.

61. Ukholo lokwakiswa kivezindlelwe zabo: Ukwakiswa kwazo yindlelwe zenkosi ziyadweliswa. Ke inkosi-kazi engumfazi omkulu eyayo indlu ibayayo kugala izeke gidweliswe ngokholo lokuzekwa kwabo.

62. Amalungelo abafazi benkosi: - Abafazi benkosi bebepatwa ngokwahlukileyo, kwababantu nje. Bebegeshelwa yindoda yabo, ati lomfazi uqoshiweyo ahlawulwe ngempahla ehambayo emfutshane. Bebesetyenzelwa abafazi benkosi, ngabafazi kundu na zabo, bebuse kungoko nto bagakunikwa yona, ngapandle kwamalungelo okuhlala elalini. Amakosikazi ebesiba nemihlaba emikulu, kuyeyabantu nje, kuba bengabafazi babanini mihlaba. Amakosikazi apatwa kakuhle, abe ngumzekalo elalini ngempato.

Akabetwa konke, kuba inkosi goyika ukuba umfazi wayo angatlekwa, iye idliwe inkomo.

Kudala isinxibo senkosi kazi besisahluka kuba amakosikazi ebesiba izibaka zenyama kazi, ziti ezinkomo zilunge kubafazi babantu abamnyama zimitqwe ngemihlaba emikulu yogayo. Namhlanje, ngenyaka sekutinqwa rxitywa impahla yesidlungu akuko yantlu-ko kusika abafazi benkosi begqitwe ngababantu abamnyama abasebenza ezindleleni ngezizalu soba onolongo (abembi bendlela) bona bayazifumana iponti ezintatu ngenya nga kanti inkosi ifumana iponti ezintatu nge nyanga ezintatu. Ngelixa abafazi benkosi bayegqitwa ngabafazi babantu abamnyama ngokumxibisa.

63. Amalungelo omfazi omkulu: Umfazi wendleleni emkulu onamalungelo amaninzi, kunabanye abafazi. Uyasetyenzelwa zinduna zake

nangababafazi bancinci. Patsimi yake ibenkulu
 Kunawabany bonke. Uzeke ngenkomo zamapa-
 kati, waye ke ezakuzala indlamafa lomfazi lomfa-
 zi, yiyona nkosikazi yalomzi, nokuba uzeke
 kuzala, pakati okanye kamava xa ezeke ngama-
 pakati enkosi. Umfazi omkulu nje, eziyekele yo inkos-
 kutiwa, sisosulandaka. Akanalifa, nengala
 yake, ngapandle kokupawulelwa yilendli
 inkulu. Ezinye izindlu zonke, eyasekunene,
 negadi lendlu enkulu nelasekunene, zipant-
 si kwale nkosikazi inkulu ngokwenonga. Kanti
 ukunene akudlelani mafa nendlu enkulu,
 ngokwesiko lesi Xosa.

64 Amalungelo abafazi abafandwayo: - Umfazi otan-
 diwayo, uye apawulelwe yindoda, okanye nga-
 manye amaxesha, indoda imbele, impawulele
 ngasese. Indlamafa yendlu enkulu iyabizwa
 ibeko xa epawulelweyo. Ngeli xesha lase mlung-
 wini indoda ibangati gwigzi, ibuyi selimtele
 nca into, nokuba yilokwe, nokuba yegiza noku-
 ba yilema. Indoda kakulu ihlala kulendlu
 gazo yake, imbalele intukw ezininzi kunabany.

65 Umpeteli wabafazi bentosi: - Abafazi bentosi
 bayazi pekela, bancediswa zindunakazi zabo nosa

66 Abahlakuli bentosikazi: - Emasimini abo, basetye
 nzelwa zinduna zabo, namapakati ngokubany-
 kanti kwanosapo luyabenzu emasimini.

67 Abaki bezindlu: - ke boni abaki bezindlu kuge-
 shewa bantw unesandla, soku kwazi ukwaka
 nokulungisa izindlu, nokubiya izindlu umzi
 bantw oqinisi izindlu zicocokile, yinkosikazi
 nendunakazi gazo - nabantw abaqashileyo,
 nosapo.

68 Mkulu unsebenzi wentsosikazi: - Unsebenzi wentsosi

kazi, ungapontsi kuma-wontu nje. Kufuneki inkosi kazi isebenze njema khupaka, kufuneka isetyenzelwe ngabafazi benduna zenkosi le yakwayo.

69 umli owongamelezo: - Umli owongamelezo kwi situba sabafazi nejindluzabo, nempahla yabo, ngumfazi omkulu. Udade bonkosi akanga-gunya kanto kowabo, kuba uyintombi, akano lulawulo kowabo, ngapandle koba naye alawule kowaka umzi.

70 Induna ejongwe imisebenzi yakomkulu: - Iko induna ejindoda ejonge ukubambiseka kwezi zintu zakomkulu. Igama lalo nduna ngu Salitenjwa Jongilanga.

71 Usebenza ntoni? u Salitenjwa lo, ulimela inkosi, ngokongamela amapakati, azenenke bi & zokuzakwenzela inkosi elima, nokuzi tyalala emasimini. Kuba kuye ekublakuleni nasekweneni. Ngcina inkosi xa ihamba, nokuba iya pina. Uyayisengela, ayicandela ayenzele neminye imisebenzawo inkosi.

Abafazi bentkosi

72 Uhlobo abazekwa ngalo: - Wokugala umfazi owaye ngu mandlovu wayeko. Inkosi yayigizekale ngenkomo gayo. Ke kwabako ukungewi sisane nengxabano pakati kwabo, ngokusuka aguze umtwana ongungobentoda yake. Wagawulwa ke umloto, yaza ka inkosi yazeka w Matshutsa, okoyo ke ngoku. w Matshutsa ke yena yinkosikazi ngokwesintu, kuba wazekwa libandla, amapakati enkosi.

73 Ngulowo unemisebenzi yake? Umfazi wenkosi nanye, inkosi ayinasintu. Nyingokuba

ka emnje uselbenza yonke miselbenzi yasendlu
ni, owendluwe zindunakazi zake. Xa inkosi
mesitembu, abafazi bahlala basebenze, elowo
endluwini yake. Elowo wenza owake umsebenzi,
oko kukuti, owendlu yake.

74 Abafazi bapatana njani? Kwinkosi mesitembu,
abafazi bapatana kakuhle, bateti ngenvisiswano,
kuba ngakumbi kwi nkosikazi, umfazi omkulu.
Kuba nguyena uyintloko. Indawo yesibini
kupheka babonise imvisiswano esizweni,
babe ngumzekalo omhle, kona ukenze nabantu
babonke empatusano entle. Zibako inteto ejingati
kukwizingilana pakati kwabo, kanti ke bayaqulawa
nje, abenzi nto yangxabano.

75 Bahlala kunye? Bayaxabana? Xa umzi uyingqili,
abafazi bayatanda ukuya kuhlala kulendlu
yentkosikazi, badlele kona, bapekele kona,
kuncokolwe. Ingxabano asintu iqelakileyo
pakati kwabo. Buba indoda yabo iyabayala
uba babekane, batandane, bahlonelane
ingakumbi bamazi omkulu kubo.

76 Abantu abahlala komkulu: - Abona bantu
bahlala komkulu zinduna zenkosi, ezihla
lele ukugcina inkosi. Nendunakazi ke ngoku
njalo, zihlala kwalapa, zigcine inkosikazi,
genge nemiselbenzi etile yalapa. Abantu abali
xaba lemfazwe, nabangamahlwempu, aban-
genandawo yokuhlala, nabacohwaya benga-
zwa imvelapi yabo bageshwa komkulu.
Abantu abangenangqondo, amageza, adla
ngokugcinwa komkulu. Abageshwa komkulu
babako abageshwa ngenkomo njalo - njalo.
Induna ezi, ngabantu ababuzi amatyala, pambu
koba aye e Nkoseni.

77. Bahlala komkulu futi? Ewe, abantu abagcine ikomkulu ngabantu balapo. Bahlala apo bade bafe, Bazikelwa yinkosi nentsapho yake. Okokukuti, lebonke balilifa lenkosi. Nokuba umtu umkile, ubuyela kwalapo, kulondawa ebekuyo.
78. Abantu bohlanga bayahambela komkulu? Ewe, kuyifanelo yabo ukuba bamane besiya komkulu ukuya kuvela inkosi, bagonde nokuba inkosi iyapila, nokuba idla ntonina. Bahlala paya enkundleni bafumane nesixaso, kanti ke ukumka kwelanga, boti bagoduke. Xa befike kukonto efuna ukwenziwa, bayajisebenza ngesi-mahla.
79. Bake bahlale ungzuzwana? Ngamanye amaxesha nokuba umtu yindoda, nokuba libhinga uyaya ahlale intsukwana paya komkulu, abuye agoduke mhla atewekululeka. Ukuba umtu akayi komkulu, aze ati mhla axakwe yinto aye, inkosi ye iti kuye, Uvela pina, lento uti wakusakwa ugale uti tu, kanti xa wonwabileyo akulazi ikomkulu.
80. Bakona abasebenzi? Ikomkulu, alipelelwe nga bantu. Omnye uyaya aye kusebenza afumane umbalo, afumane umbona, afumane itaka ne venkomo njalo-njalo. Lonto ke ikomkulu ekubuseni kwake, kungengakuba uyahlawulwa. Omnye uti kanti ulusela ukuba efuna ukuphwa insowa nokuba yintonina ke. Omnye ubusa kuba atanda inkosi yake.
81. Abantu abamnyama bayazitumela intombi zabo? Abantu abamnyama (aimapakati) bayazitumela intombi zabo ukuba zaye kwenza misebenzi komkulu. Imisebenzi enje ngokulungisa izindlu ukuhlakula, nokuvuna, njalo-njalo.

K11/40

82 Bantwazi na abantu abapuma kumnombo wentkosi

Abantu abapuma kumnombo wentkosi bantwazi kanti, inkosi ibanye ekudalweni ngu Dixo.

Bantwazi yabo bontu engapandle kwekomkulu

83 Kukona nzi womtu omnyama okanye kuye? Umntu

ongowegazi lentkosi, uhlonipekile esizweni,

into ke byo eyenza ukuba abantwazi ukongwe kuye, okanye nokuba yizizi emelewe maye.

84 Into ekufuneka yenziwe kinkosana: - Lomtu ke

kujimfanelo ukuba lentkosi (umntu wegazi)

makayenzele najepina into, engumsebenzi,

ukuyinceda, uyatinywa nokuba kuphila

ijilo nkosana, enge nezinye izinto zikubusa

85 Owona osebenzi kanye awenzayo: - Usebenza

yonke imisebenzi amsele ukutya, ampe u

tywala, kanti ke utywala bona xa umntu

azakubenza, recela entkosini entkulu, le

speteyo. Uyampayisa xa exelile igusha

nokuba yinkomo.

86 Kufuneka ixelwe yonke into eyehlileyo? Izinto

ezenzekayo, ezizi xelwa entkosini, zintyane

lwa enduneni, ibe ziyasa entkosini kuya

komkulu. Abantu nye begazi, abaselwa

zingxelo, ngabalusi babo, ngapandle kwe-

zinto ezincinci nye zabo.

87 Abazazi no nyana bentkosi bayafihlwa? Abazazi

bentkosi abafihlwa, bahlela apa komkulu,

kwezindlu zabo. Umntu ophelwayo ngunyana

wentkosi ayindlamasa, ayokukulela nokuba

kukulonina, nokuba kukwayisokazi okwe-

linye ilizwi. Lonto yenzwa xa inkosi ibuiga-

fumani bantwana, ikatizeka inzala yayo

aye kufihlwa ukuba makakulele apo, abuye

seledala lonzana.

88. Umntwana wenkosi ozakupata: - Umntwana wenkosi uyajikhwa xa eselula, abuye xa kufi ke ituba lokuba apate. Uzinzeliswa ukuba angadibani nomoya abangalunganga babantu abazintshaba zokayisa nezake. Naye kufuneka angaqelwa sisizwe ukuze iyikwe ahlonelewe.
89. Sisizwe siyamazi umfazi oyinkosikazi? Sisizwe sonke jikelele, siyamazi umfazi oyinkosikazi (umfazi omkulu) kwaye naxa inkosi ingekoyo lomfazi usala enguywa imicumbi bekiswa kuye nonyana oyindlamafa wenkosi waziswa ngumtu wonke. Abantwana bentkosi.
90. Bahlala kowabo: - Abantwana bentkosi, bakuliswa ngonina, bahlala ezindlwini zomama. Abasekunene bahlala kulondlu yasekunene abandlu enkulu bahlala kuyo njalo-njalo.
91. Bayaziwa ngabantu abatle? Abantu abahleli bebalusile zinduna zenkosi. Induna ezi ka zisebenza ukugcina ikonkulu, nosapo, nempahla yenkosi, kodwa induna yona ehlala konkulu ibanye kupela.
92. Bayazundiswa umhlesumbi bayezeshwe? Umntwana ofunda lukulu ngalo nyinkosi, noko kwabanye aba, akukonto ingako, ikwagabo abasuke bafande. Kwakulo nyinkosi ka, uyindlamafa ufundiswa zonke izitete, namasiko, indlela yokuteta nokuzipata kakuhle, ukuze ahlonelewe hluntu. Mesizukulwana saka uyazifundisa ka kakuhle letu. Amduna zaka uyazifundiswa, ukuze akule ebazi ababantu.
93. Bayadibana nabantu abanyama? Abantwana bentkosi, bayadibana bonke ngamaxesha atile

bayadibana nabantwana babantu nje, kwa nabantu ngokubanzi.

- 94 Bapatwa njani abantwana benkosi? Abantwana benkosi basoloko behlonelwe, ngabantwana babantu nje, bayoyikwa, babekwa emongeni lokuba kungenjwa najipina into, xa abantwana benkosi beko.
- 95 Bateta nabo njani? Xa beteta nabantwana benkosi bateta nabo ngentobeko, kude kuthi xa kutshwa nombulw, iwe kubalwa ngenkosi okanye ukuba ijuntombi enkulu kutshwe nge nkosazana.
- 96 Bayabuliswa? (yibahlalabulo) Ngapandle koku hlonelwanje, abantwana benkosi abanazi buliso, ngapandle kokuba bade bajikelele kwituba lobudala Babuliswa ngesandla njeng ontu wonto. Akukho mtwana uko abongwe kuba uzeka engenaziganeko eke wazenza, kuba use ngumtwana. Ontu obongwayo nguyise inkosi.
- 97 Bagqeshwa njani? Umtwana wenkosi, lo, uyindlamaza, uqgqeshwa ukuba akwazi uku pata, ukulawula, nokukwazi ukukokela abantu. Nabo uyinkosazana, uqgqeshwa kwa ngolohlobo. Bagqeshwa nguyise nonina, kwanenduna ezi zenkosi.
- 98 Bayaya enkundleni yamatyala? Hayi abayi bona enkundleni, kuba akufuneki bapazamise. Bona bagqeshelwa kwalapa endlwini nguyise nonina kwanenduna ezo.
- 99 Uhlobo obagqeshwa ngali? Bayagqeshwa ngomteto, nangezinye izinto, ezinkuti zibaki.
- 100 Bayalusa ana inkomo? Ewe, abangamakwenkwe bayalusa, benge nezinye izinto ezingu msebenzi abafaneleyo. Mabazintombi baya sebenza nonina apha endlwini. Kaloku

ezijinto kufuneka bezagile, kona ukuzi bakwazi toku
fuya nokusebenza imisebenzi yekaya.

101. Bayapetwa okanye bohwaye xa kufanekile? yinto
engabe kakulu layo, yokubetwa komtwana wenkosi
ngumtu nje. Nokubainkomo zenkosi zingeni
entsimini yendo day, bezaluswe ngumtwana
wenkosi, into angayenzayo lowo, unentsimi etji
weyo, kukuya kukala kugise, angamsi sandla
ngokwaka. Nasekwaluseni paya kwamanye ama
kwenkwe, umtwana wenkosi akasiso sisulu
sokugizwa, ukukeliswa nokufumana abetwa
nje.

102. Umtu omnyama ayababeta? Umtwana wenkosi
akabetwa mpela ngumtu omnyama. Angadli
wa yinkosi, xa umtu angasuke ohlwaye umtwa-
na, engakange abekise kugise. Nguyiso omakohlwaye
Inkosi ibuzisa njani umkosi?

103. Umtu uba yinkosi ngokonyulwa? Ngubani? njani?
ngokweinkolesintu inkosi ayontyulwa, konyulwa
umina, onyulwe libandla (amapakati enkosi).
Lenkosi kazi ke ihleli sazwa, ukuba umtwana
enazeleyo, woba yinkosi. Uyamiselwa ke lomfazi
ngatambo lengonyama, ukuba aze aze inkosi.

104. Yonyulwa zizinyanga zabangasekoyo? Inkosiyo
nyulwa ngohululo selirelwe kulombuzi we 103.
Zona izinyanga zabangasekoyo, zinyulwa nje,
kuba yinto esisikweni, eyinkolelo ukuba nako
loniselo, ukuba izinyanga azivuni, akusayi
kulungo nto. Disuziso egalata inkosi, zona, ziji
ngulo, amatongo ayo.

105. Inkosi iyonyulwa nginye? ^{ngendalo?} Inyindlela yoko-
nyulwa kwe nkosi, kuniselo, akusajumbi
ikoyo apa kwa nto. Igqira liyazimwa loku-
misela azale inkwenkwe, ayakuba yinkosi

Eligqira sisaiuse esi sentosi, esungumiselo kuzo zonke izinto, ezifunwa iyeza kamkulu.

106 Wonyulwa nguyise? Umntwana oyinkosi ezalwa nje, selesajwa. Uti ke akukula asokwe libandla lake, ukupama kuake. imiselwa ngalo mapakati kanyse ebukosini, edibane noyise uti ke ngoku atiywe igama lesibuliso, owati nokuba akakade apate nam, abuliswe ngalo ngumtu wonke. Lomsebenzi wokumsoka nalo wokumtjya igama (sibuliso), uwiselwa inkabi yenkomo, idliwe yeka bankahlele bonke lowo ke ungakahlileyo ayadliwa.

107 Ibayinkosi xa izelwa ngamfazi otile? Inkosi izalwa ngulomfazi wentosi, wonyulwe ngamapakati.

108 Inkosi izalwa ngumfazi omkulu? Owokugala okanywe ngamfazi omkulu, okanye owokugala, okanye oyena usemvelweni wentosi, okanye ojekwe nwas, angonyulwa libandla xa kubonakela ngalo. Lowo ke uzala inkosi, imiselwe nje ngokuba sesitshilo kulombuzo we 103.

109 Isigatw soba enzelwe imbeko? Ionto ebangela ubalomfazi abe newonga kwabanye, yile: - ngokwe sika uzekwe libandla.

110 Uhlonekwa kuba enguzala wentosi? Umntu oyinkosi nongeyiyonkosi, akayi kumzeka umntu ongu ngala wake. Xi sekwenzekile, lomfazi angonyulwa abe yinkosikazi, xa kubonakela ebandleni. Kodwa ke lonto ayiko sikweni letu. Umntu oligazi akazekwe ligazi lake mpela.

111 Xa elotjolwe libandla? - Xa ke inkomo zekazi zipume esizweni, nalomfazi ekatwa kuase zweni libandla, lowo ke kuse sikweni ukuba abe yinkosikazi, umfazi omkulu ke, oyaku zala inkosi.

112 Uketwa nguyise wenkosi? Okanye amapakati? Uketwa nguyise wenkosi kunye namapakati enkosi, aguntloko. Induna zenkosi ke. Uketwa ngokuba ezalwa ngabantu abanegama.

113 Konyulwa okudidi olupangela? Iakovi ikazi yonke lwa zinduna zenkosi, ingaketi kuba ibindaweni nawa ngewonga.

114 Uke unyana wenkosi angabiziyisinkosi? Umtwana uyeyo ndla-mafa, ongamiselwanga kunina, akana nako ukwenziwa inkosi. Kuti ukuzi kutahwe umtswana ongumambi, enziwe inkosi ibela uzelwe kugala ngokumiselwa ufile, kuzakwe umninawe wake ke, kuto ndawo.

115 Ikona into eyenza umntu angaluziyo nkosi? ziksigintu eyenza ukuba umntu angaze abuti akwe ubukosi. Intombi nokuba yinkazana, ayipati, ngapandle kokuba akuko mtwana waselubhanti ukoyi, ukuzi ke la nkazana kukolekileyo kuyi, yenziwe inkosazana, ipati. Lonto yenziwa xa unzi upelileyo, kungeko mtu ungomnye unokupata. Ongapilanga nengqondo uyapatelwa ngomnye. Xa elawula uyayalwa okanye apatelwe, ade ayekile lentlonde. Xa enesifo okuwa akapati. Ukuba uyawuzwa, akaboni okanye ngaluziyo ngokweziko akana kupata abantu. Akukho sikweli ukupatwa yinkwenzakane, umntu ongazange ayalwe. Olinelinye, enengqondo, uyapata. Umtwana oyi nkosi akafumane abelizwala, kuba kwamhle wamiselwa, umiselwa ngeniti, aze avela selizinto imihlo angajikiyo. Uti nawa selizwe selizwe abuye abhutsheze, intaka leyo etoko ale isilo esi ukukalipa. Ukuba ke kuzimantelizizwala, apate yena elizwala,

- Kodwa ayifuneki mpela inkosi eligqwaba. Umntu
owafunle imiteto yobuhlanga, owenze aganto
ezilisikiyi, nezingenizwayo, uyakutshwa ebukosi
ni, nokuba ubusele eyinkosi. Obulele umntu ake
nziwa nto, uyayalwazinduna zenkosi, kanti ke uba
ngaba umntu abeyosile lomtu, ayikutshwa ebukosini
inkosi. Yanela nje ukuyalwa zezinye inkosi, kwa
rendunozayo. Xa ke inkosi isuke yangenwa kubu
gebenga, mabala xa ingwintu umntu, yaye ke ase
nakuba yinkosi. Umntu anamanyala, akama kwe
nziwa nkosi, kuba, kwa sisibhalweni umntu
olala nomfazi wongalwanawake akazalwe nto.
116. Inkosi le, yaziwa seyinkosi kwe? Inkosi yaziwa
kwamhla yazalwa, kuba lamhla yamiselwa
kwakumiselwa ukuba nomfazi, aze azale inkosi
nkwe, eyakuba yinkosi.
117. Inkosi kengapatana engekaji obetengapambili? Ukuba
uyise utanda ukuba kupata unyana, agokubona
ukuba unyana lowo, seligonda, okanye naya
yena selalupela, kuvumlekile ukuba umntwana
apate, nokuba uyise akakaji.
118. Pantsi kwazipi imeko? Unyana ukuzepate uyise
eseko, kuxa uyise etanda, okanye ezibona ukuba
mdala, ugugile. Kuti ke xamnyana selmdala
ngokwaneleyo, enako ukupata abantu, apate.
119. Umiselwa xesha nini emva kokufakolepete? Umntu
umiselwa ebukosini emva kokuba uyise efile.
Kodwa pambi kokuba amiselwe, kupureka kute
kudlule inkonzo yizila, aqale ke afakwe sisizwe
sake.
120. Unako ukusibona isidumbu? Inkosi xa efile
ijabonwa ngabantwana, nabo lomtu, usapolwayo,
pambi kobizifihlwe. Elisiko lenziwa ngumntu
wonta, oyinkosi, nangeyayo, kuba umntu kufu

neka ambone umzalwane waka okokugqibela, pambis kokuba angawatye. Lentō ajaminavahluko enkosini injalo wakubanana. Inkosana naye, aginyange- lwanga siko ukuba mayimbone umntu obeyipate- le, akube efile.

121 Wenza into kuso? Akuko nto umntu ayenzayo, xa kufe uyise. Umtwana akampati uyise xa sele file, ngo kwesiko. Nokuba ubebanjelwe ngomnye umntu, akuko siko eliti makaye kuzenza nto kulo mtu, okanye esidumbini salomtu.

122 Uyanceda ekungwabeni? Umntu obepete, unyaka akuko siko linonyangelejakuba makambone, ngapandle kokuba ke, xa nguyise kufuneka emkape ngokumceda. Inkomo ka ayuelwa keni ni yesingwabo, ixelwa ngenini yezila.

123 Siyatshatshwa isidumbu? Akuko siko eliti umntu na katsibe isidumbu somtu abempatele.

124 Kuko nto zitatwayo kuye? Akuko nto zitatwayo kumtu ofileyo, kuba izintlozomtu obhubhileyo ziyakwa kanye naye, enwabeni lake, kubokuba inkolelo yakuba umntu iyavuka, ukuzi ke afu ne ukuninaba izinto abiqela ukuzinxiba xa ebe- sapiba.

125 Izizenzo zingamenza abeyinkosi? Izizenzo zingentla azingawamtu, zaye nokuba umntu abeyenza, ayizo zinto bezingamenza ukuba abeyinkosi. Akukonto yenziwayo, isenzelwa ukuba seniti abeyinkosi ubukosi umntu ubufumana omhla wazalwa waye umntu akabutengi nganto. Ubukosi obu yinto efana nemimiselo ka Dixo, umdali wento zonke. Akuko nanye inkosi enokubanda apomali le lagala kona ineshalokungena kobukosi ka Bantu. zonke inkosi zizizukulwana zizintlanga zizela nje ukwela kwazo bantsi kobukosi.

ntkosi kodwa ngendlela engenasigalo esinoKupelwa

126. Ukumiselwa kwe Nkosi: - xa kuzakumiselwa inkosi kubizwa amapatakati, enkundleni. Kutatwa inkabi yenkomo, ivelwe ityiwe ngamadoda. Kuti ~~ut~~ kurba umfana lo wayesele piwe isibuliso sake, kutiwe ke amadoda makasuka akahlele ngesosibuliso, i.e. ("Ah! Twalikulwi") Ukubake omnye kulomadoda akakahlelanga ngoko, nianina emva koka, uyamangalilesa, kutiwe unetjala. Uyise ke lonto yokumtija isibuliso, uyenza nkla wapuma esutweni unyana. Uyise, uyazikulula ke ekupateni, anikezele unyana, abe ke namhla unyana lo umiselwe ebukosini

127. Izinto ezenziwayo, kwakonyulwa: - La inkosi le seyi miselwe, ezinto ezenziwayo ngokupandla, kukuyalwa zizinye inkosi, namapatakati, awona ezintloko. Igala izekelwe, ukuzi ibe noncedisi wayo xa izakupata abantu. Ukuba kuko impfuneko, kwasenkundleni apo, konyulwa indunazayo, inkosana leyo xa se ipete.

128. Izinto ezitetywayo: - Nyayalwa, uvelwe ukuba ize ibapate kakuhle abantu bayo, ibahlonela, ukuzi bayihlonela nayo, bayihlonife kanangalo kutiwe, maza iwupate kakuhle umsebenzika Rulumente. Kutini, "Uze usipate kakuhle mtana omhle." Udalelwe ukuba usipate, uze usihlonelwe ke, ugcine nantsapozetw. Kuyavelwa kusilwe indywalwa. Kwezimini ke, kusuka uMantji, uze kummisela enkundleni, antwarasomhle, kupinde kurulwe kusilwe okwesibini, kuba kwakungalo, namhla umfana wapuma eTontweni.

130. Isidlo esenziwayo: - Isidlo seixeliwe kulombuzo ungentla. Kuyavelwa inkabi yenkomo idliwe,

kusilwa nendywalal kusilwa, abe seengunguma som gidi omkulu kinnene.

131) Ukuba inkosi isencinci, ibanjelwa ngubani? xa inkosi isencinci, isehlula ukuba ingapata, iyabanjelwa ngomnye, uyisekazi ootulwa ngumyana waka.

132) Ubanjelwa yindoda? Ewe, ukuba umyana wenkosi, usehlula ubanjelwa yindoda.

133) Wonyulwa ngubani? Lomtu ubambela inkosi, unyulwa ngamapata, ukuya asive ke em-telweni e Ofisini, azive nakona.

134) Impawu zomtu owonyulwa ukupata: - kukelwa, umtu otembekileyo, oasesimilo esikhe. Angonyulwa umtu, nokuba umyama wegazi, ugindwana yenkosi nye. Kodwa umtu owonyulwa ubama kabambela inkosi, kuluneka, kugalwe ku - Nkosi kazi, xa ngaba yona useko, ibe yiyo etindi yakolwa ngubani, angonyulwa, kuba yona yazi ngokupandle intshaba kwaneghlobo geneve ze Nkosi layo, ka akupunki konyulwe intshaba hwenkosi.

135) Umtu ongenakujibambela inkosi: - Umtu ongena kujibambela inkosi, agumtu ozipeto kakubi, umtu ongenambeko enkosini, nasentkondleni, ozipeto kakubi ngobusela, nabumala, nobudlwengwe lomtu unjalo, akanako ukubambela inkosi.

136) Ubanjelwa kade kubenani? - Umtwana lo wenkosi, ubanjelwa ade abuka, ezi ke akwaluke azekelwe aze ke ngoku anikegelwe indawo yake.

137) Umbambeli angaxolwa, kupakwe omnye? Ewe, uwa ko ukugxolwa kupakwe omnye, xa engakolisanani nonina wenkosi, kwanonyana lowo, am bambeleyo, nendama zenkosi.

138) Uwaxhamla onke amalungelo enkosi? Hayibo, umbambeli enkosi akawaxhamli onke amalungelo

enkosi. Ukhamba isiti kha kwezinye izintlo.

- 139 Uyazenza izintlo ebezisenziwa yi Nkosi? Ewe, uyazenza izintlo ebezisenziwa yinkosi, naya engenakude ati gingci kuzozake, kakuhle.
- 140 Unobugqi obuzana nobenkosi? Umnyu ube naba xa edalwe wakumkai, kanti ke asiyontlo igelakileyo ukuba umtu abe nobugqi, namandla angangawe nkosi.
- 141 Uyazalana nenkosi? Umntu obambela mkosubangu lomtu ukolekileyo ku Nkosikazi ukuba usoko, nasezi nduneni zenkosi. Kukelwa nje umtu oti wagandwa, nokuba akazalani nenkosi.
- 142 Xa isencinci, ukuba pi mkosena? Umntwana lo wenkosi logama eselula, uhlala kulonina, nasezikolweni ngokw kulamaxesha opanyo lwempundo.
- 143 Umtu omfundisayo: - ngelithaba ke umntwana wenkosi abanjelweyo, ebukosini, azundiswa ngunina amzalayo, kwakunye nenduna, ebezisande ke kuyise. Kwezinye yokanyo, zemfundo, utanyelwa esikolweni, asuwa kizizwe bika yise, amadoda abete ezipajini, nasezintlantlanti, kutanyelwe umntwana wenkosi esikolweni.
- 144 Uyaligezeshelwa ixesha lizayo? njani? Uyaligezeshwa nguyise, ukulungiselela ukuba maza akwazi ukupata. Ukuba uyise akakho, ngunina, nama pakati amakulu, amgezesheyo kwizintlo zombuso lmaneshelelwa isiko lokupata, umbeke, ukuba ayicase into engcolileyo, nelinyala. Lemfundiso, uyizuzo ngokuselelwa, ngababantu bavelineyo. Ukuzo, umhlawumbi ukukotshwa kwenkosi.
- 145 Ukugula, oko ukuti, xa inkosi se ingamkohlane okanye seiyifile, lonto ibikelwa soko isizwe sayo de kuy kuma nakwezinye inkosi. Ayifihlwa indaba yokugula nokufa kwenkosi.

- 146 Batimvabantu... Kuyi kutiwe inkosi itshabile, kuba njive kubikelwa sonke esizwe, nenkosi ezimelene naso isizwe esinezizalwane.
- 147 Ingcwatyana njani inkosi? Wava kuzimini sekungwa tywa ngokw asem lungwini, ngokwesiko lasenzini, kwimini zamandulo zokoko kinto ilidlaka, nokungwabab ibizinto enesiko laye eliti gampu, ukugalela kwakubantu nje kude kuye ezinkosini. Bekuti kwakufa inkosi, amapakati ahambe ebika egalele kinkosi ezingabamelwane, kade kuye kwezite qelala ngakumbi ezizalwanayo nenkosi. Bekuzilwa apa komkulu ngesiko eligalelaye ke xa kungwatywa, ngokwesiko kuba Xosa kuko inkomo zabantu abangabagcini mancwaba enkosi. Ababantu ke bangabagcini mancwaba, belahlala bodwa kweindawo yabo ete gqi emangwaleni enkosi nentso zabo nemfuyo yabo kuba kuba Xosa, idlaka ali, yinto ekutiwa lishwangukha emakati nomtu onento yokwenza abe likesusa ebantwini nyengo-ntu wonke nonyani, inkosi ibingwatywa ngengulo yayo, nokuba ngayokulala, kuba zazingeto ebakisi ngalonaresha. Abantu ke abasa isidumbu esi sentosi paya oseg ingewaleni ngalo mpa- kati angabagcini mangwaba, banti umtu onyazi faka inkosi ingewaleni liphakati elipambili weyona nduna ihlonipeni kakulu enkosini kuye. Foti ke kwayona lo nduna ifaka kwelapo ungawa, amagembu, edosha naye zonke izinto ebe- izisebenzisa inkosi isapilo. Ibizinkolo eyokuba umfi wovuka aze asebenze izinto zake ezo zingcwatywe naye. Lo mpakati ke yena ugethu- kelwa inkomo izitile akelwe indlu kufupi nencwaba lentosi e, ahlele apo alilinde. Umninimzi ungcwatywa ekleni kuxanti laakunene

K11/40

duhlanti, kanti wintu nje ungewalywa ati getele
 ekaya. Lowamzika womlindi, okanye abalindi neu
 ba waziwa nje ngenqambi kwakunye nemfuyo
 yawo. Uti ukuzi ubuyefane neminye imizi ukha
 nywe ngokuti kuxhelwe eyona nkomo inganazala
 kwezal nkomo zake, gibe ka nazo emva koko, gotatu
 njengenkomo zomtu wouta.

Ukufihla: i. Lento ibiqutywa ngokupandle, ingeji-
 hla mtwini, emini nokuba kukusasa. Ibe ukome
 keke ukufeni kwenkosi, nasekufikeni kwabantu, aha
 biziweyo abamele ukaba ^{ko edlakeni} kungewatywe ukunka
 xa befika kade bekungati kungewatywe ukunka ku
 langa. Eyona nto ipambili, kufuneka isidumbu
 singahlali tuba lide kakulu, de sifuti sonakale.

Wouta emtu upya efikweni. Kudala ka, bekungeka
 baqubi nkomo, wotsha lento yabakokelo base ligwini
 Inkosi, bezisuka nje zinkosi imitela emafakateni. Kwe
 nywe umzi wouta ubuyingane, kuselwe lomso
 da onyulwe ginkosi. Bezibaki ezitela eziba namagwi
 uwe kusetywa, "Hamba kubha. Uze ube ukongela pa
 mbili apo, siyeza, siyakunlandela, uze usikumbule
 nalapo uya kona." Kuwaka ka nezingaba, nencwi-
 na, eziti, "Au, yabambani ka bani bani." Aba
 gelweyo bebezile bacebe intokozini, kwakuba kwelwa
 kuhlanjwa emlanjeni. Uzezi mini kwenitywa
 isinxibo esinyama, ngokwase mlangweni.
 Isidumbu besilaliwa, ubuso bofongengantaya
 ukuzi aqibona lula indlela eya kwake mhla awuk
 leye. Le ibiqinikolo yokuba, umamuzana uyawo
 ka azi hambu, ihambu gake aye emzini waka
 njengesinyanya, ncamagu (umoya olungileyo)
 umngxuma ubuseziwa ubi buselwa, nesi-
 dumbu selungisilelwe lento, engekawuku
 amnini so. Inkomo yokukapini kosi kbiyele

kwakaya ngomhla wokwa kutshwa, ehatini kwala
 nzi (ukuza) Ijivobo, imikonto, intsimbi, nezinye
 ezintu zenkosi, bezingewatywa nayo, njengokuba
 sekuxeliwe. Isizalw salonta pesixeliwe ngasentla.
 Ibingeyinyo nto ikoyo ukungewaba abanyi abantu
 kwalapo. Imkosikazi nosapo belungewatywa kusawawo
 amangcwaba kufupi nje. Ingwaba belibekwa nga
 matye pegu komhlaba lo ugangatiweyo, beligqo-
 nywa ke nangeniti emamava, enje ngemingca
 nemigagoba, ukunganda impabla ekulixovuleni.
 Nokutintela abatakati ngapandle kokulindwa
 okwetuba eltile ingewabumbingentlo standwa
 kutiphelela ntw kuba kusiyikwa buluntu.

Elenkosi belingulwa ngamapakati, akuko siko
 kwa Xosa lokungcinatidawo yomfi, nokubalita
 mbo landawonina lake. Indawo ykungcwaba
 inkosi ibisagiswa, ebanzi ephelwa abalindi nje
 ngokuba sekutshwa ngentla. Indawo emamave-
 waba, ibiyindawo enesitsheni eside sigqite kwaku
 hlwa nje ngokuba kunjalo nanamhla.

Umahluko

~~Uku~~ Ukungewatywa kwenkosi, nabantu nje, aba-
 fazi, abantwana, namawele akupani, kuba
 intlonipho abayisikwayo besafela ide nje kujikelela
 ekungewatyweni kwabo. Amawele wona luhlobo
 olulodwa apa ebantwini. Kuti kwa ukuzalwa
 kwawo, kutyalwe imihlantlo emibini apakajya
 kanti kujinkolo enkulu ekubo xa oninye usoma
 nelinye wela loduda (ukufa) Abantu abafela
 emkosini bebengewatywa ngeayameko, ngoku
 ngakumbi xa ingamagoba apambili anje
 ngo Khwa kuma scaleka. Noko ke bekungeko
 izkumbuzo, nalunonophelo lungako emangweni
 beni abantu abanjalo. Xa umzimba angewa

tjweye ebuhlanti, bekunywelwa ngasentla, inkawu
 eli, nkeze nesango lobuhlanti litshentshelwe kwelinye
 icala, livalwe eliya ledala linengwaba. Abantu ka
 abalinda amangwaba, bagwa njengabantu abo-
 zingambi, de bahlanjwe ngenkomo, yengakuba
 sekucacisiwe ngentla, ka kubhubhe inkosi, kuze
 la usapo, nezizalwane zayo zipela, kanti nezinye
 zayo ngokunjalo ziyazela. Abafazi bagugula emur-
 le, kuzilwe indywala nezintso zokomwaba, okwetu-
 ba elitile. Inzila, makunga nezizalwane, seyi-
 cazwe. Kukuzila indywala nendawo ezine-
 ndibano ezinkulu, apha kuko iyisusa nezinye,
 ukungateti gqila ~~ka~~ emntu esembi. Umisebenzi
 wona awumi ngenxa yoba umntu esenzileni
 ukuba kuyalinywa, uyalima naye. Ukuzila ka-
 kuxomekela emtwini, entandweni yaka kodwa
 umfazi obujelwe yindoda yake, kufuneka agile-
 e unyaka wonke kodwa omnye otandayo, uye
 dlulisa enyakeni. Lili lakupela ivesha kuzila
 abajelweyo bagale bahambi jakati kwabantu
 bahamba emva kwesikuzo.

148 Inkosi ikutshwa ngaziphi izizatu? Kudala inkosi
 zange yakutshwa nokuba se ibulele umntu, kuba
 bekuse kutshwa, ibulele inja yayo. Lento yobukosi
 yindalo ka liso njengom besunditshilo kwemibuzo
 engapambili. Lisiko lakusomlungu eliliti inkosi
 mayikutshwe ebukoseni bajoz ka inkosi igula
 ipambene, iyabanjelwa yinduna abloni, pekileyo
 ihlale entlaweni yenkosi, ka isagula. Ka inkosi
 inxila ngokungeko sikweni, iyazalwa, ayiku-
 tshwa, ize iti uba ayina, ibizelwe ezinye inkosi
 ezikwindawo ngenawo. Ngezimini, ka ite
 inkosi yaginyela abantu imali nempahla, ngok-
 ungeko sikweni, iyakutshwa ebukosini

Ngokwexesha lokanyo iyakutshwa.
 Hantw umzekelo wentsosi eyakutshwayo
 elungu, inkosi yase zingcuka, yadla imali yasi
 kolo yaza ke yakutshwa ngesosizatu yakuba igwetji
 we kulanto. Yayiyinkosi yamampondomise leyo.
 U Alfred Mdingazwe yena wakutshwa ngokwenze
 lwa iyelakenge yenye yenduna zaka ezipambili
 lenduna itinjweyo itinjwe ngu Nkosi u Alfred
 endlwini, babehlala ngasebukhantl. Pijile ka
 apo endlwini iyokutata umngwazi wentsosi
 yake isiza hilanga, yayibona incwadi yezifa
 ka Nkosi pezu kwetjisi, yayitata yayifaka epoko
 tini. Ka isekaya induna leyo izame ukushikixa
 igama eli lentosi, yaza ke yabhalala igama
 layo. Emzuzwini nyengoko kupuma ono
 tumba besajisa, kubiza nakuye isafu, wati
 yena wasafa. Wayiveza loncwadi ke kwafa
 nyanwa igama elile nduna i number ye
 receipt yezafu nye ka Nkosi u Alfred. Kwabuy-
 wa isizatu, yati ke induna bendinika unkosu
 imali yam uba ayokundi afela ka wandenika
 le ncwadi (receipt book) ke mayibe imali yam
 idliwe nguye. Ngesosizatu wakutshwa u Nkosi
 Alfred wase Mampondweni.

149 Iyakutshwa njani inkosi? Yakulawa? Ngokwexesha, inkosi
 ayicitwa mpela, kubalidalwe ngu ~~Tixo~~ Tixo. Ngoku
 ka iyakutshwa okwexesha. Ayikulawa mpela.

150 Izigatlu ezintathu uba ingakutshwa inkosi? Izigatlu
 sokungala engenakukutshwa inkosi, sesokuba,
 inkosi ngumtanjiswa ka Tixo, ^{ntu} emwonyuli-
 weyo, ongenaku fumane akutshwe mtu nga
 pandle ko Tixo ngokumtata, ka xa afela.
 Egesibini isizatu, kuxa ibandla (amapakati)
 esiti, lentosi, eyikasiruguli ngantsi, ngokoke

asiboni sizabw soba mayikuntshwe ebukosini. Leyaye
mela ibandla nakubanina, ingakutshwa. Ngala
maxesha, kuka ukurjingcatsha inkosi, njengoko
sesitshilo kumbuzo we 148 uAlfred ou a' gcatshwa
yinduna yake. Abantu belixesha, bahlali
besingwenela esisihlalo senkosi.

151. Inkosi iyabulawa? Inkosi ayibulawa, kubahlali
li ipahlwe zinduna zayo. Kuyoyikela ukufu-
mana umtu aye kusondela enkosini. Kwanenkosi,
ayizibulali ngapandle koba kufike umahlawayo
wokuba ibizwe ngwabo, u Mdali wayo.

152. Inkosi iyayipata ipateni? Inkosi iyaroxa ebuko-
sini, xa sukuba itanda ukuyeka ukupata. Nge
lixesha lakwa em lungu, inkosi isuki ibone uka-
ba lomsebenzi wobukosi, awunantlawulo, ku-
ba inkosi, azinikwa ntlawulo jenenayo. Yonke ke
ibone uba mayipene misebenzi yimbi, enentla-
wulo eyenelisa yo ngokomvuzo. Kudala beziso-
ndleka, kuba umhlaba ubulilungelo ezinkosini
ngokupeleleyo, zisenza intando yazo ngawo. Xa
inkosi yalupeleyo, ye ishenela unyawa, ngoku-
gonda ukuti, yona ayisenamitsi, yokuyifinye-
za yonke imisebenzi yayo. Endalweni, inkosi
asinto ifumane ixoxe ekupateni, ixoxa kwezimi-
ni, ngenxa yempateko embi yabasemagunyeni.
Amalungelo, imali nempahla yenkosi

153. Izinto ezipiwa inkosi. Inkosi iyayiphiwa nayiphi-
into, asukube lowo nalowo etanda ukuyiphiwa inkosi
yake. Inkomo nemali kwezimini iyaphiwa inkosi
ngamapakati ayo, kwanempahla empotshane,
enye ngagusha nebokwe. Izizifo, zizifo nje zotanda
nobubela, azilonyanzela matwina. Xa inkosi inta-
ndile umtu, isuka itume induna zayo, ziyaku-
cela inkomo, zisuka zize ziyiquba lo nkomo

~~asiboni sigale soba mayi kutshwe ebukosini. I bendla
liyayimela nakubasina, ingakutshwa. Ngalama
xesha, kuko ukuyibhunga inkosi okokakuti ukuyi
ngcatha njengoko senditshilo kumbuzwe~~

Ento engumwiso kukuti xa umtu eshelile inkomo,
atumele isixhanti komkulu, kuba bonjama ngo-
kwasesikweni isisabelo sakomkulu. Xa esihle umtu
kufuneka aye kubeka ilala, fambis kwesosi, ukuzo
inkosi, iti ukupendula, itumele amapolisa okuya
kulinda ukuba kugabika zipitipiti kobo tywala
Xa indoda ibe iyokubenza emlungwini, onkha
yabuya irola uswazi oluswazi ke kuba yimalana
engange shumi, ngezi nini, yokubulisa, noko
nwabisana nemkosi. Elinye isiko elisigxina
nomwiso, kukuti ukuba inkosi ite yabambela
nakuwupina xa umtu wompakati, kanti kopalala
igazi, kudliwe konwatyiswane nemkosi.

154 Upiwa ngabantu bonke? Ngamaxesha akudala,
kivutiba amahlali ka yayise ngawenkosi, inya
makazi ebulewe enggina ibe isiwa komkulu
idliwe kona ngamadoda, kanti ipikumba sayo, sa-
kwenza ingubo, nezitaka zamakosi kazi nemkosi
ngelishesha ka amahlali abangawomlungu,
(u Rulumentu) umtu ozingelayo wenza ityala,
ahlali ukuba adliwe ngalo. Nempakha zendle,
ingcaza xengqazi, ziyapiwa inkosikazi. Ukudla
okunje ngambona, nawazimbo, netywala,
ziyaswa enkosini. Izixolo, ziyonanto, isiwayo
komkulu enkosini, nezitya zendle. Impakha
efuyiweyo ke yona, seyi xeliwe ngasentla.

155 Upiwa kangaphi ngenyanga? Izifo, aziniselwanga
zinyanga, akukomekelanga xesheni, kwe-
kutanzeni komtu, lowo ipa inkosi, lonto ayifa

yona.

156. Ngalipsi iveshalonyaka? Xa ~~Komany~~ kuvunwayo inkosi ipiwa amatawe eziswenya zombona, namatanga, iyapiwa inkosikazi xa kuvunwayo.
157. Ubangakanani? Akusikwanga sigama singakanani, inkosi yotata oko kupiwayo, ngulowo mpi unecisa, nokuba kungakananina.
158. Benzwaortoni abangenzi sipo? Abantu abangenzi zipo eskosini, abenzwa nto, bajongwa nye, njenge bantu abaswele imbeko nengqondo yokwenza, imimiselo, ~~nezif~~ inkosini.
159. Imali ehala ihlale ifunyanwe yi Akosi: - Ukubizwa kwalomali, ihlala ihlale ifunyanwe yentosi kutiwa yibonasi lomali, ingapandle komvuzo lo usisigxena wayo lomali ingumbulelo, ngokukwazi ukulawula abantu eziqanjini zabo bazigqibakakuhle. Lomali ifunyanwa Kanye ngonyaka ngo March. Iqaziponti ezintandathu nokuba zisibozo. Okanye ngapantsi koko. Ngapaya koko, inkosi iyapiwa igusha nokuba yibokwe ngumbe idle, kuye kutiwe, "Fwita mtanombela nantso intaka".
160. Izinto ezivela kubatengisi (oniventile) Xa umrxubi, engene esikweni labantu, wazipata ngokobuntu, uyayenza yonke into eyenziwa ngabantu. Izinto ezenze ngokulobolela inkosi, nababoswa isandla kulomcumbi. U m lungu ekutiwa ngu Norman, wakupa itokazi elingqokuvakazi mhla u Bushula. Makalim wayelobolela unyana wake lo ungu Julius inkosi, kwakuzekwa lomgazi ungu Romantzi igama lake lomgazi. Isiditko u Matshutsha, u Gertrude entombi ka Robert Honono umpo waku Gumbi.

- Abanye baye bati xa inkosi emona abenzi bagide nabo, ngemigubo, nangosivukile, nangemali.
- 161 Ulwaluko :- Utywala bokijisa buyetwalwa busiwe entosini xa amentsokezi ezi sibozo esitontweni amakwenkwe alukileyo. Okuko nto zizimali zisiwa entosini kwesisi tiba.
- 162 Iqayini zeikundla :- xa inkosi ikululwe ukugweba amatyala nokuba kintimbe, zina ngoluhlobo izinto eziti xa umtu aqutyweyo adliwe zona, zinkomo, negusha nebokwe. Kuti ngobubangi betyala umtu adliwe zibe kqela kwezimpahla, nokuba zinkomo ezimbini, ngentatu kwansimpahla emfutshane njalo-njalo. Xa eli wadelinkundla wati mhlawumbi elizwa yinkosi ekaya, adliwa uguha ngalamaxesha umtu uyadliwa nemali engene entosini.
- Xa umfazi emiti, kwo ummitisileyo adliwa inkomo ezintlanu, eyesihlanu esale entundleni. Ukubanywa komfazi engantanga zinkomo ezintatu, kusale inkomo enye entundleni. Ukumita kwentombi, zinkomo ezintlanu, kusale inkomo enye entundleni. Ukukhulwa kwentombi, ujkangele, ugqutywa inkomo ezimbini. Ke yesibini isala entundleni.
- Ukungaceli mruno xa uza kuqala utywala, inkosi iyakugweba nangalupina uhlobo, kuba utywala bungum-niselo kuyo. Bobokulawula amabandla ayo.
- 163 Amabaso avela kubahambi, Namadoda avela emsebenzi xa beyikumbule abahambi, bayayipa inkosi ke. Umtu usuka nakwelinye elizwe, aye kupa inkosi yake kwelinye elizwe. Xa indoda ifika ivela emsebenzini kwelase mlingwini emahle nasema kembili, itiyakufika inike inkosi

mali engangeshumi, ekutiwa luswaji.

- 164 Isikwa malini inkosi? Umntu xa esifa inkosi uyinika lonto atanda yona, nokuba yimalana nana atanda yona. Akuko mali ingumiseko xa umntu ejibusela entosini yake.
- 165 Izinto ekufuneka zenzelwe inkosi xa izijuna? - Ithi inkosi xa ipelulewe zizinto zokukwela, ibiza mali abantwini, bajitengela ihashe lokukwela ngalomali. Kwakona, xa inkosi ifuna unyana wayo asiwe esikolweni ayokufundiswa, uye itsho emapakatini ayo akuphe imali etile umzi ngamnye, kanti ke ngalomali, kofundiswa umtwana lona wentsosi.
- 166 Zibizwa nyani? Le yolelwa ukutenga ihashe kutwa yimali yenyawo zentsosi. Le yokufundisa umtwana yona, kutwa yimali yesiko.
- 167 Zibatalwa ngumtu wonke? Ezimali, zirohwa ngumtu wonke orafayo, nje ngokuba inkosi itshilo.
- 168 Zirohwa nini? Ezimali zirohwa ngelotesha inkosi ifuna ngalo, ngokujongi ingxaki zayo ezo.
- 169 Ibiza pantsi kwagijimeko? Lemali ibizwa xa inkosi watekile, ingenaqinza lokuyenza ngokunokwayo, into, iqunene ngoko ke ngoko.
- 170 Ziba zezentsosi ezimali? Ezimali zininikwa inkosi zibe zezayo ngokupeleleyo. Inkosi yenza ukuqonda kwayo ngazo.
- 171 Ngawuphi unsebenzi owenzelwa inkosi? Lonto umntu ayitinywe yentsosi, najipina uyayenza engalindele kuhlawulwa. Izizwe zayo inkosi iyasi biza, isize kuyenzela najipina into ngekanya, ngapanda kwenhlawulo. Wonke unsebenzi wako kubulu, ukutalule ngabentw ngokubanjw, nabasetyini, abazaji,

Bayayenza naye spinar imto, abayilinywa yinko
isikazi.

172. Lemisebenzi yeyabantu abatili bodwa? Lemisebenzi
yenzelwa inkosi ayikeli, yenzelwa isizwe sonke, ayikeli
ti bani. Lisiko ukuba wonta ubani akhambela aye
kusebenzela inkosi - komkulu.
173. Kusebenza abantu abasendaweni etile? Hayi,
bonke abantu abapileyo inkosi kufuneka beyi-
sebenzela inkosi yabo, xa itandile uba benjenje
lo, akuko zingila ziketwayo kulonto.
174. Abanye basebenza ngaphezulu kwabanye? Wonta
umntu usebenza ngokufanayo apa komkulu,
bebontu, bakokelewa zinduna. Umntu onento
ayibusayo, usebenza nokuba zinyanga zimbi-
ni, ebusile inkosini.
175. Kusetyenzwa ntoni, kuyakiwa? Umsebenzi wo-
kwaka izindlu zakomkulu, wenzwa isizwe sonke.
176. Kuyalinywa? Abantu bayayilimela inkosi yabo, nge
tuba elizanelekileyo. Kuniswa usuku, inkosi ibize
izipani zize kuyilimela.
177. Bayalisoa? Inkosi iba nonalusiwayo, etu ku-
pela konyaka umntu inkomo.
178. Umsebenzi weiso entosini? - Xa inkosi izakua-
tyenzelwa, kubizwa induna etile, inelwe, uk-
ba, "Makupume ibandla layo" zibizwa nganye
izibonda zentso, zifunyelwe ukuba majikelele
abantu bazo. Xa abantu bathe abaza, kutiswa, ba-
dele inkundla badliwe, ke badlelwa ukungayo
Tobeli inkosi yabo. Badliwa igusha umntu ngamnye.
179. Bayapiwa ukudla, okanye utywala? Bayapiwa,
ukudla notywala, baselelwe yinkosi.
180. Intengiso; - ukutengisa akusavulwanga esiXoseni
Xa inkosi izitulele, botengisa nje ngokugonda
kwabo. Kodwa xa inkosi etile, boti khwenene

111/40
 keme banku bangalengisi. Inkosi itungisa ngokua-
 bantu banku. Dyidleleleli bantu ngentengiso yay
 Inkomo zenkosi.

- 181 Inkosi izifumana piva inkomo? Inkosi, inkomo
 izifumana ngokizitenga, abantuini nasebe lu-
 ngwini abatengisayo ngempahla. Maxa wamb
 ayaya eyaye kubusa kwenginkosi nasebantwini,
 iti, "Ndizokubusa inkomo." izipine ke. Inkomo
 zoyise wenkosi gila lilifa layo inkosi akuba efi-
 le uyiso wayo. Inkomo zekazi lentombi yenkosi
 nazo zongeza kwakwe inkomo zom numzana.
- 182 Ipiho sabantu bayo: Kulisiko elidala eligeleki
 leyo, nelidaluweyo, ukuba inkosi le epiwe nga
 bantu bayo, inkomo xa ibusile, kanti nokuba
 ayibusanga, umbu otandayo usuke ayinone
 ngenkomo inkosi yake.
- 183 Inhlawulo: - Inkomo ezidlwa abantu abagwe-
 tywe ematyaleni zingena enkosini. Umntu xa
 ete watinywa, inkomo ezo zingena enkosini,
 iti inkomo yonisala nikeselwe kulomtu ube-
 tunywa, ukuya kutimba.
- 184 Inali epiwa inkosi: - Izinwazi zepiwa inkosi, ezi-
 nye ngentswazi, rezinye imalana. Inkosi iyakwa-
 zi ukutenga imali ngayo.
- 185 Inpahlala ebambiseyo: - Inpahlala eti engene
 enkosini, kusa ate umntu wabambisa nge-
 nkomo ematyaleni komntu. Uti ke ayikulule
 lonkomo, nokuba yintombi abambise ngayo
 mhla eze kubhatala. Ukuba akanandlela
 yokuyikulula, iba lilifa lakomkulu itshone
- 186 Zigcinwa pi inkomo zenkosi? Inkomo zenkosi izi-
 gcina ebuhlanti apa ekaya. Kungenjalo imale-
 nye yazo iye igcinwe ematanga, galuswe apo
 ngumntu ogeselwe lonsebenzi, nokuba ke aka-

qeshwanga njalo.

187 Kwimizi ezalana nayo: - xa inkosi ilanda, iyazi gcinani inkomo zayo kwimizi ngenizi ezalana nayo, ziti sa ukuze zande.

188 Ziyaziwa inkomo zenkosi? Inkomo zenkosi ziyaziwa ngamadoda namakwenkwe elalini apha. Xa zihlala kwiindawo ngendawo. Umntu ozaziyo inani lago ngumninzo yedwa, kubanguye amane ejikeleza ejibala.

189 Zidla zodwa? Inkomo zenkosi zidla nezabantu kunye, zidityaniswa, aziketelwa ndawo iyodwa. Ukuba ziketelwa isikata, zoketelwa kunye nezabantu bonke.

Izitya (igadi) zenkosi.

190 Zibandawonye okanye zitya? Igadi zenkosi ziti sa, xa inabafazi abaningi, elowo umfazi ehlala kowake umzi waku, engelwe igadi yake.

191 Mangapi amasimi ayo? - xa inkosi ikululwe, besukuti, izipete ngokwezuya zakudala inkosi, ibanawo nokuba mabini nokuba matatu amasimi.

192 Makulu kunawabanye? Inkosi ngokwesithixo ayitintelwa, ayimelwa ngapambili, kuba umhlaba ngowayo. Ngoko ke awayo amasimi abamakulu kangangoko ifuna. Abangapuzulu kude le kwawabantu, njengokuba inkosi ingumgini wenkedama, nabantu abangenandawo nabahambi. Maza zonke izidubidi zabantu abangenandawo zizezokukulu. Inkosi nguyise wezilwele (Father of the Multitudes) Ngoko imelwe uba owayo umhlaba ubemakulu. Nthambi utshonelwe lilanga, ungamva eluza, "Upi umzi wakomkulu?" Sidenge sifumphenwe elalini, sisinako inkulu. Napolisa ke Rulumente, atyokomkulu xa

K11/40

- 193 Ati apumela ngaphandle ezidalini ngokomsebenzi
 lamasimi ngawenkosi, okanye abafazi? Lamasimi
 ngawenkosi kunye namakosi kazi ayo. Ilowo
 kumakosikazi enkosi unentsomi yake le inkulu
 inkosikazi, ibawawo, ade aye nasesitatwini, kuba
 kaloku yona; ngumina wabantu bonke, ugcine
 lonke usapo lwesizwe. Inkedama zipila kuloma
 simi ke.
- 194 Alinywa, ahlakulwa, avunwe ngubani? Lamasimi
 alinywa zinduna zenkosi. Kwenziwe amalima
 esizwe sonke. Nasekuhlakuleni, nasekuvuneni
 kuhlakulwa, kuvunwe, ingabafazi neutombi, na
 bafana kwenziwe amalima esizwe sonke. Nama
 dada amakulu, abafazi abakulu, babako kulom
 sebenzi. Bazumase umsebenzi wakomkulu.
- 195 Ngubani obajongayo? Induna zenkosi, ziti-
 mela induna kazi, abafazi bazo, ukuba ba
 lunde amasimi akomkulu, bence disana
 nosapo lwenkosi.
- 196 Kulinda inkosi okanye inkosikazi? Inkosi ajiqili-
 ndeli, njengoba sekuxelwe ngasentla, ukela
 indunakazi gayo, ukuba ziyo kulinda, nokuba
 ngabantu nje abamnyama, abafazi benkosi
 bayalinda nabo, nava popu bona bengalanga
 ngixishi emsebenzini, njengabantu abakulu.
- 197 Kulinywa ntoni kwezigadi? Kwenziwani ngesivuno?
 Kwezigadi kulinywa umbona, namagumba
 (amabele ka Bungane) namatapile, nemboty
 nengqolowa standayo, nerasi, nehabile,
 namatanga, ne-erityisi, kwanezifuno
 yasem Lungwini. Ziti ezizilima, zakuba
 zivutwe, zivunwe zigcinwe, zidlwe
 ezitjiwayo. Umbona namazifa upkwe eko
 yind. Emboty zenzelwa isanda entsimini

zikhululwe kona, zitutelwe ka ekaya kovimba.

198. Kuyagcinwa komkulu? Izilimo, izilinywe egadini zentosi, ziti zakuvunwa, zigcinwe kwakomkulu apo, kovimba bentosi
199. Kugcinwa ngabantu? Inkosi iyazigcinela isivunwano. Ii ke xa ite yabona ukuba iwane kakulu itume omnye wenduna zayo ukuba makayi-gcinela esiseleni.
200. Iyakutengisa inkosi? Xa itanda inkosi, isuka ezi tengisele ukudla kwayo, izigcinela imali nenduzo ezenzileyo ngalontengiso.
201. Kuyagcinelwa elinye ivesha? Ukudla okuvunwano, iyakugcina inkosi, ekugcinela ivesha elizayo, xa kulanjwayo njengontu wonke. Inkosi iyakugcina ukudla, kuba inguyise, nomnye womtu wonke. Ngoko ka wonke ubani olambayo udliwa yinkosi, nembisa ezi kuyo, ziguliswe yindlala, zigika zondlule yinkosi, kuba zigikela komkulu. Nokuba zigikela emzini wabantu nje, zize zikongiswe umzi wakomkulu, zigqitisa
202. Zigale zilinywe, zikhakulwe igadi zentosi? Igadi zentosi, zigale zilinywe, zikhakulwe kugale kwezabanye abantu nje. Lonto yenziwa ngamalima, kusihlwe, kusihlwe komkulu.
203. Ziyanyangwana? Ewe, igadi eze ziyanyangwana, ukusukulwa ke, nokugciniselwa kwamazimba yinto eyenziwayo kakulu. Iyo lonto ayiketi gadi yankosi kupela, yenziwa kugazontu ngokufanayo. Ewe, kona ukhulakula ngokucokileyo kuyenziwa, naxa kusunwa ibe kwamalima.
204. Ukudla okugcinweyo kwenziwani? Ukudla okugcinwe kovimba, kuyatengiswa kubantu abafuna ukutenga, okanye kusetyenziswa apo komkulu kudliwe lusapo. Kugcinelwa nabahambi abegqitayo.

- 205 Kuyasilwa okanye kupheka? Fiyona no yenzwayo
ukusilwa kotywala komkulu. Kuselwe libandla
nabahambi. Duti kuyipheka kudliwe ngabantu.
- 206 Kugcinelwa isesha lase kungabile? Ewe, inkosi ite
ngeresha lendlala, imane ibakangeza, abo bantu
bazi mbacu, abangenandlala yakuzinceda
ngemali, nangempahla. Abanye ke abanendlela
bayatengiselwa bona.
- 207 Banikwa ngesisa? Ewe, kubantu abazintsigano
namahlwempu kupiswa fele-fele ngokutya
kwakomkulu, akutengiswa kubantu abaswele
kanga ko.
- 208 Kuyatengiswa? ~~o~~ kuyatengiswa kubantu
abanako ukutenga, abangarakhangwa.
- 209 Bayatengiselwa bonke abantu? Abantu bona ababi
ziweyo yinkosi abatengiselwa bayapiwa uku
dla badle, kwanabahambi ngokunjalo.
- 210 Ikona yantluko pakati kwegadizenkosi nabapjibayo?
Akutko yantluko pakati kwegadi zenkosi,
nezabapji bayo. Lonto yonke bayilimileyo,
bayilime ngemvano.
Inciti yenkosi
- 211 Busetyenziswa njani, kucilwenjani ubutyebi benkosi?
ubutyebi benkosi, busetyenziswa ngokutanda
kwayo. Kuyatengiswa, okanye kuphewe kuba
ntu abalambayo, ngamaxesha endlala,
kuyasilwa xa kuko imigidi komkulu, kucitwe
ke nangezinye indlela ezilezabona kala ziyuneka.
- 212 Indi eyenzwa ngombona, utywala, izakumba nyalo-nyalo:-
ukudla kona kuyasilwa, kutengisiwe, kudliwe.
Kondliwe abahambi namahlwempu, nenkedama
utywala bona buselwe ngamadoda abileli kom-
kulu apha, ekuti nasa kujike umhambi aphiwe
utywala xa kungekalibontu uyenze idliwayo

K11/40

Izikhumba zomazizenkomo, kwenziwa ngazo izitaka ezigusha, kwenziwa ingubo zamakwenkwe azakwaluka. Hungingalo ke konke kutengiswa kube Lungu beventile, nakubantu abapuma ukuzitenga abamnyama. Intsiba zengqanga zenza intshinga, ephwa apa entlako, kumagora apambili akomkulu. Olo lupawu lokuba indoda dikalipa lasempazweni kwa Yosa. Imixaka yona yinto enesitywayo yinkosi, kanti ke inkosi xa standa, yombulala menduna zayo, ezipaka onileyo. Inkomo ezipiweyo yona inkosi iyazifuya kanti, kubantu abazalwana neenkosi kwanenduna ezipambili, indoda iyayinikwa imazi yenkomo, iye kusenga, iye yabasa apa komkulu. Kuti ke maza wambi, kanti lonkomo seiyakupelela kulompakati. Ezinye ke ezipo zenkosi zigcinwa, zisetyenziswe yinkosi leyo.

213. Budliwa ngubani, ubutyebi nezinto zenkosi?

Ubutyebi, nezinto zenkosi budliwa yintsafe yenkosi, ngapandle kwezojinto kupiswe ngazo, okanye ezipengisiweyo.

214. Abazalwana nabanye abantu bayapiwa? Izigalwane, nabalandeli benkosi, (amepakati) bayapiwa ukudla yinkosi, xa bale bazibika ngokulamba. Abantu abahlala komkulu bayondliwa apa komkulu, kwanejika ngokungijalo. Abatunywa benkosi bayondliwa nje komkulu, njengokubuleliwa abahambi bayondliwa komkulu xa kaphileyo. Ke bona abantu abasebengela inkosi - imixabenzi euye ngokwalusa, ukulimela inkosi, ukuyakela ukuyenzela najipina into, bayapiwa ukudla komkulu, njingenti ababulelwa ngayo okanye abegeshwe ngayo abanye.

215 Umntu ngamanye ufumana ~~uthe~~ ^{ngazalwane} ziphi
 wa umbona, akangezwe ka umntu ezi kuzibikazi.
 Kuko into ekutiwa yingoma. Ingoma le uti umntu
 nokuba akanazinto angonywe nokuba litokaz
 khashe nokuba lelegusha okanye elenkomo kud
 kuyekukukwini. Ingoma ki itike yalusa
 ngenyamako ngulo mtu ungonjweyo, kuba
 usakebez ukufumana naye kuzigala yalo
 nphahla. Ingoma le, ayiketi mtu uteni, ungonjweyo
 nokuba akazalani naye umntu, nokuba uyintonini
 ngokwasembusweni. u Bushula wangoma
 u Mangina ibokwe, u gawati royo wamama em-
 pawubela, zakwanda.

Abahlali bakomkulu bajumana yonta into edl
 wa komkulu, njengosapo lwenkosi, bayango-
 nywa nabo yinkosi, balinyelwe amasimi abawo
 piweyo, okanye abawobolekiweyo yinkosi, bali-
 nyelwa kwangenkabi zakomkulu.

Izicaka nazo ziyangonywa, zihlanulwe ngombo
 na nokuba kungemali nokuba kungenkomo
 onanye. ziyanikwa namasimi okulima, kanti
 ka ngavesho lembi yaba guntlawulo yaka layo.

Izijoli ziphiwa nokuba yintonina, layo ucinga
 weyo yinkosi. Uyaphiwa umntu imali, nokuba
 iyibokwe, nokuba iyigusha ngokutanda kwe-
 nkosi.

Abahambi bona bayagcinwa kakulungo-
 tiywala, amawewe, inyama, neninagqu-
 sho njalo - njalo. Bondliwa kakuhle ngobubela
 Bhalusi, abalimi, nabaki begindlu zakomkulu

Abahlawulwa ngemali, nokuba kungombo-
 na, ^{nokuba} ukutshi yinkomo, amasimi okulima njalo

216 Inkosi ngeresha lendlala uyaphiwa ngombonwayo? Iwe
 kakulungwayo, inkosi embona iyabapha

abantu abangenandula, bakhangomezu. Popu bona
abo banako ukwuntenga umbona bayawutenga
nakubaniwa.

217 Inkosi iyapisa, ibolekise ngenkomo zayo? kubani? Yakutem

Inkosi iyampa umntu inkomo nokuba zigusha
nyalo - nyalo, xa até wayakuyicela (ukubusa)
enkosini. Amapakati amakulu ngabona
bantú bafumana kakulu, igintó ezinye ngo-
ngoma, oembongi yenkosi iyapisa umpahla
(inkomo nokuba lihache) ngokubusa nokubonga
kwayo. Ingoma ke yona, esintó ikela mtu xa
até wabusa komkulu.

218 Kupiwa amadoda amakulu okanye anakalifa?

Izihandiba, zingapiswa ukomo yinkosi, ngokuk-
dwa xa zivisisana nenkosi, zibusu. Ewe, nama
gora amakulu asemfazweni, ayapiswa, okanye
angonywe yinkosi, aphonyululwe nakwizintó
ezililoba lemfazwe. Akoko bantu benzimwa
la apa emantlweni. Abo banazintó ezi-
ntle, nezintó ezi-ntle, abazenzela inkosi, bayabu-
lelwa ngenkomo. Uhlanga olu lwenkosi ludla
ngokuti lona, luxhelulwe inkomo yinkosi,
apa komkulu, kuzaleke kuzokudlwa lu-
hlanga lupela. Yintó abapiswa ngayo
abantu inkomo yinkosi abo leyo. Abantu
basenzini, abazokubona inkosi, baye ba-
pwise inkomo yinkosi, indoda ibuyese igubo
xa ibiyokubona inkosi. Nezinye inkosi ziy-
apiswa inkomo yinkosi, xa zivisisana. Yintó
elula le, yokupiswa komntu inkomo yinkosi,
kuba inkosi ezi ngabantu abanemfuyo ka-
kulu, kuba lenilandu nemphala ezidlwa
abantu abanamatyala, zingena ebuhla-
ntu bakomkulu.

219. Iyalobola na inkosi ngenkomo ezidliwe abantu?
 Ewe, inkosi iyalobola ngenkomo, ezidliwe abantu
 abanamatjela. Iyazizela inkosi, ngenkomo xa
 itanda, kuba zizezayo.

220. Zihlala ndawonye inkomo zenkosi? Inkosi, iyazi
 sasaza inkomo zayo xa itanda, ezinye izitika kwizi-
 zalwane, ezinye, kumapakati, nakubantu
 abangonyweyo nje keduwa. Zinkomo ezo ezihlala
 kumatanga akomkulu, nenkomo zengona zengqo-
 ma kubantu ngabantu. Xa inkosi itanda uku-
 gcinelwa inkomo zayo, iyibona ukuba zininzi
 apa ekaya, iyazisasaza ke kubantu bayo,
 abatembekileyo.

Inkosi njengompoti (umabawuli)

221. Amagunya, namalungelo inkosi: Amalungelo
 namagunya enkosi, nje ngomabawuli wokhanga
 kukuba yenzelwe imitiko ngumtu wonke,
 nakwizintlo zonke, kufuneka yohluki inkosi
 kumapakatiayo. Inkosi wamelekile ukuba
 iyenze into ngabungisanga mtu, kanti yoti
 emveni koko ibazise lonto iyenzileyo. Kodwa
 ayona nto intle enkosini kukuti ibazise kugala
 abantu bayo, yonke into ecinga ukuyenza, no-
 kuba akukho mtu ngakwipikisa, kuba liywi
 lenkosi alimelwa ngapambili kakade. Iliywi
 lenkosi nokuba alikolisi mtu alipikiswa
 kodwa nje, inkosi etanda izwi layo yodwa
 idla ngokungavisisani nebandla layo.

222. Imisebenzi yenkosi njengomabawuli: Kukukhala
 amatjela amasiko onke nawamaza, onke
 amatjela nawokulwa epakati kohlanga ngawe
 nkosi. Ithi ke iwatete, iwagwebu, imdle lousa
 imdlayo njalo. Kukugcina ubuselo, ubuge-
 benga, abulayitla eluhlangueni.

223 Kufuneka chleli izilungiselele ngento eyenzekileyo? Ewe, inkosi kufuneka ~~is~~ isoloko ipzi into eyenzekileyo, yonke.

224 Kufuneka ipambili ezintweni zonke? Ewe, kufuneka isoloko ipambili inkosi, kwizinto eziphelele kubantu bonke.

225 Kufuneka ijonge ngapulwa imiteto? Ewe, kufuneka, kwaye kunyangelekile, puti ingunsebenzi wenkosi ukuba ijonge ukuba imiteto ayopulwa; beneliso elibukali.

Inkosi njengomgwebi

226 Yenzani inkosi ngamatyala? Inkosi, unsebenzi wayo Rukugweba amatyala; abetlwa enkundleni ngokwesiko kintu.

227 Kufuneka kuko bantu bakle bokumelatyala? Inkosi yonyula izibonda zayo, ezizipatele yona kwinqila ngenqila zalomhlaba wenkosi. Ezizibonda ke, iziqumrhu lara kutlwa amatyala apa enkundleni, eziti ke amatyala gwaravanywa kwazna, engekayi komkulu enkosini.

228 Kufuneka inkosi igcinile ukuba imiteto iyagutywa? Ewe, inkosi ngunsebenzi wayo, ukucina ukuba imiteto yequmrhu iyagutywa ngohlobo lwayo.

229 Kufuneka inkosi iqondile ukamatyala ariwe kakuhle? Ngunsebenzi wenkosi ukuti kakuhle ityala lile laravanywa sisibonda sayo, ititile, iligweba enkundleni yayo; iqonde nokuba ke ititile kakuhle, sisibonda ese banjalo.

230 Kufuneka inkosi iqonde izinto ezungalunganga? Ewe, inkosi ngumgoda wokungcola elalini apa.

231 Kufuneka iyive inguboyesibonda? Ewe, inkosi kufuneka iyive yonke inguboyesibonda, xa besivavanya ityala.

K11/40

232 Inako ukuti ityala malivive kwakona? Ityala, li-
gwetywa yinkosi, ngoko ke, yigo ekufuneka na-
nyanina ipinde, ilitete, iligale ekugaleni, lakube
ligisiwe kombulu sisibonda. Manku umzekelo
wetyala lonyana owayefakwa kwenye indlu, kuji-
ndlu zikayise, kwaza ke kweyakwa Manzolo akwa-
bi ko nyana. Kulondlu ke yakwa Manzolo kwa-
yakwa u Mraji owayengunyana ka Lutshiti.
Ke kwabako ukungevisisani apa ku Mraji noni
na omuncini u Manzolo. Ke elotyala larava-
nywa ngu Dyubele Mpapama sisibonda se-
ntkosi u Julius Makolima ngokubambela
u Mpati Makolima apa e Sidwadweni,
u Dyubele, elotyala waliravanyela ku Cingo
lingila asibonda kuyo, waligisa ke enkundleni,
latetwa yinkosi. Yaligalela ekugaleni, ke, kwa-
gwetyelwa u Mraji oyiindla lifa yakondlu, yayi-
ngenanyana. Wati ke u Manzolo wabhenela
kwabambhlope, kodwa nalapo, wagwetywa
ngesasigwebo wayegwetywe ngaso enkundleni.

233 Kufuneka iti abatakati mababulawe? Ewe, ku-
dala abatakati bebabulawa, ngokusihonywa,
ngokuntijiliselwa ezizibeni, babotshelwe
ilitye entanyeni abanye babazelwe izinti
bangcutwe. Kungoku ke, ekuti xa kuma-
ngalelwene ngobugqirwa, elotyala lye ezima-
ntijini, litetwe zizo, zite ziligwebo.

234 Kufuneka inkosi iko kwinkundla epezulu yamatyala?
Inkosi kufuneka iko, okanye yangamile, kwi-
nkundla epezulu yamatyala.

235 Siyegqitwa isigwebo sentkosi? Nakanye, isigwebo
sentkosi asigqitwa bani.

236 Ingasambela esinye isigwebo samalungu egumaw?
Ewe, inkosi ingasambela isigwebo samanye amali

ngumqumcu, xa ngamalungu aqweba ngokom-
koto, naphantsi kwenkosi.

237 Iinkosi iyayitela imali, nentlawulo yamatyala? Ewe,
ngokupheleleyo, imali, nentlawulo zamatyala zazi
lunge enkosini. Ibiyiyona nto izondla ngayo lego
inkosi, kodwa ngelishesha akusenjalo kuba kaloku
akusekho matyala enkosi, atatwa onke ngabe
Lungu. Ke ngoko intlawulo zisezimanantjini.

238 Iinkosi nentlela zokulwa? - Inkosi, yiyo etixakubo-
nakele uba makuyiwe emfazweni, okanye maku-
hlaselwe isizwe esitile. Kulento ke inkosi igqiba
nequmcu, namaphakathi ayo. Iovisa abantlu
bokupata imikosi ke.

239 Iyazonjula injengele? Injengele, nabapati inkosi
bonjulwa yinkosi.

240 Umkosi wamakalifa uyaketwa? Ewe, umkosi opa-
mbili wamakalifa, namaphantsi, uyaketwa.
Bati nabapati bawo babe ngamagosa akwkalipileyo.

241 Ayagqeshwa? Amakalifa kupumeke aqume
inkosi, ukuba makagqeshwe ukuzo achane
ngomkontu, abeti into ewayo. Umfo ka Kiva wa-
kwa Kaleka, wayeyimcani yakwa Kaleka ko Rili
kuba mbobo apa kuti, into ka Kome u Sepala ube
chana ngomkontu, ubebeti into eya phantsi.

242 Bakona abantlu abasebenza ukugqesha umkosi?
Bakona abapati abasebenza ukugqesha um-
kosi wemfazwe.

243 Iinkosi iyapuma nomkosi? Hayi bo, inkosi ayuyi
konke emfazweni, iyahlala apa e Bantwe yolwawe,
igcinwe ngamaphakathi ayo, ati akubona uba
emfazwe iyasondelela, ayibalokese inkosi.

244 Iyako kela ukuya emkosini? Hayi, inkosi ayijha-
mbi yona ukuya emkosini. Isoloko igcinwe,
ilondolozwe apa ekaya.

- 245 Ihlala ekaya? Ewe, inkosi ihlala ekaya, ingayi empazweni, kuti ke xa kubonakala ukuba utshaba luyasondela, ibakhiwe ibhekiswe kude le.
- 246 Iyayinika imiyalelo, nendlela yokuhlasele? Inkosi, imana izakuxelelwa indabazintloa, ibeyona lonke uesha inika imiyalelo yezintu emaguziwe, nendlela yokuhlasele, kwanwendlela emabazikw sele ngayo.
- 247 Iyayinika izigqibozoba makulwe, okanye kuxolwe? yinkosi enika izigqibo zokuba makulwe, kunge njalo makuxolelwane, lilele.
- 248 Kuko zintu kufuneka zilungiswano ukuzo basinde? Inkosi, ewe, kufuneka iwafuneli itola, amadoda onkosi. Itola elike linyanga izixobo zamadoda onkosi, kwanamadoda lawo onkosi ngo kwawo, ukwakusele xa esilwa.
Inkosi njengombingeleli nepingarisu
- 249 Inkosi ingayenza imvula okanye ujitandazela? Inkosi ayinamandla okwenza imvula. Into eyenzayo kukujitandazela imvula.
- 250 Inako ukuba qiniseka ngesivuno esihle? Inkosi, iyakwazi ukuba qiniseka abantu ngesivuno esihle esizayo. Popu lento ayiketi ntoki zodwa.
- 251 Kufuneka banike umbono osukulweyo? Inkosi, ngabantu abebeketa imbewu elungileyo, esukulweyo, lembewu ke, bingwenelwa ngabantu bayilenge apa entosini.
- 252 Inkosi iyazitandazela na izintu ezihle? i.e.:- Iti inkosi xa kuko imbalela, endlela nokuba sisifo nezinye izintu ezikwanjalo, standaze kungejalo kumenywe esizwe, kwenzwe amadini okanye kwenzwe imitandazo yalonto ngabantu bonke. Kaloku, inkosi ngumntu otenziweyo lubantu lupela.

- 253 Amayoga inkosi: Inkosi unalo ikubalo, alitlala emgaleni, inawo nama yezanji ngobulawu nentelaj
- 254 Ezizinto zililifa? Ewe, ezizinto zililifa bokoko bokoko.
- 255 Inkosi inawo amandla obuggi, obungokoyela twini?
Ewe, inkosi inabo ubuggi, abangenabo abantwini nje.
- 256 Izizonywa ngantwini ukuzisindisa kwimimoya embi?
Ukuze inkosi yomelele, izizonywa, kumaxwele ayo, ukuze yomelele, ingafane ingenwe yimimoya engcolileyo.

24 Ukulawula, Izimvubu, Izibonda.

- 1 Inako inkosi ukunika imiphalo engangqinelani neeko?
Ayinako inkosi ukuyenza lonto.
- 2 Inkosi ingayinika imitelo, ingabekisanga mtwini?
Inkosi inako ukunika imitelo, nokuba ayigala nga ibhungise zizalwane, nezibonda, namapakati, kwanomzi ngokubanzi, kuba kaloku, inguyise wabo bouke abantu.
- 3 Inyawiso umtelo ingabhungisawanga namtu?
Hayi, xa inkosi, iwiso umtelo ingabhungisawanga namtu, kufuneka ibaxelele enwa koko ukuze bewane nayo.
- 4 Intlawulo yokungatoleli imitelo yenkosi:
Intlawulo ati umtu ongevayo, onyawiso be- liyo umtelo wenkosi yake adliwa yona, yinka mo ukanye igusha nebokwe, ngokuma kwe- tyala, nengqubo yalo. Kulenihla, sekungene- le nentlawulo yemali, ekuti ka inkomo ita tve ngomlinganiselo wipanti ezintlanu, kude kube ngaphezulu.
- 5 Ekulawuleni kwayo inkosi, incedwa ngabani?
Inkosi incedwa zinduna, nezibonda, kwanamapakati apambili ekulawuleni, nezizalwane ziloncedo xa zibekiwe, zidlalngokutla

indawo yobutshutshisi bakutshutshisa amatyala
Izizalwane zenkosi :- Tutshane Nenemba,
 Brinning Makalima, Charles, Billius no Mpat
 bobatatu baka Makalima.

Amapakati :- Ngonyolo Ngambu, Archie Joji,
 Bulawayo, Sikade, Mncameli, Ngqona izinko
 zika Magenu zone. Xametskata Ngati,
 Mvoweshumi Jack, Gaveno Dinga, Robert Yaso,
 Piyose Tyelala, Elijah Ngcekiga, Xayimphi,
 Nkongolwana no Bekiso baka Sigodi,
 Salitenjwa Mhause, Walter Magwevana
 Dyanty: Matyobaza nabanye.

Izibonda :- Tutshane Nenemba, Lutoli Ngambu,
 Salitenjwa Jongilanga, Dyubela Mhaphama
 obambela w Mpatu Makalima, ~~Joseli Mngobela~~
 obambela w Tukela Makalima, Kamisile Manti,
 Zwelanzima Sibata, Zacthe Zenzile

6 Iqumru likona? Ewe, likona iqumru lama
 dada.

7 Amagama amadodwequmru :- Archie Joji,
 Ngonyolo Ngambu, Robert Yaso, Xayimphi no
 Bekiso baka Sigodi, Tutshane Nenemba no
 Salitenjwa Jongilanga.

8 Ezizali zoba babengamalungwequmru :- Bongu-
 lwa ngokuba omnye nomnye ingamadoda ane
 ngqondo epangaleleyo, anducika, nawaziyo
 amasiko esi Xosa, nabaziyo emvelaphi yezizwe
 esi sabo, abanolwazi ngezwebo zamuzwazi.
 Ubulungu bequmru, baka fumana ngo-
 konyulwa libandla (inkundla)

9 Bayazalana ababantu? Amalungu eliqum-
 ru, bangabantu nje, boluhlanga lama-
 mfengu. Abazalani bonke, ngapandla
 kwababini kubo, abazalanayo.

K11/40

- 10 Ayakutshwa lamangwe egumrwe? Umthi olilungu legumrwe unokukutshwa, xa engapilanga, kufakwe omnye endaweni yake.
- 11 Umthi aketwa ngoba esityebi? Umthi ulandela ngokwakala kwentlo le yake, abenobuciko abenengqondo. Ubutyebi bona abasebenzi nto kulomgangato. Kwanoba selebuswa gizihlw ele, lonto ayisisi luto.
- 12 Badibana bodwa entlanganisweni yabo? Ama- lungu egumrwe ahlwanga odwa, kodwa ngamanye amaxesha babako abantu abangabama meli nje popu bengenzwi bona egumrweni.
- 13 Ibizwangubani entlanganiswe egumrwe? Lentlanganiso yegumrwe, imenywa yinkosi.
- 14 Aziwa njani amalungu? Xa kumenywa entlanganiso, kuphuma isitinywa komkulu, sijikeleze, sihambe siwela ukuba yintlanganiso ngosuku olutle.
- 15 Kufuneka baxelelwe bonke? Ewe, kunyanzelekile ukuba baxelelwe bonke.
- 16 Kufuneka bekona bonke? Kuyafuneka beko bonke, kanti ato akabiko, kufuneka asixele isigatw esibangele ubangabiko entlanganisweni.
- 17 Xa umthi engek entlanganisweni? Xa umthi ubeneko, waza wazijela, wabeka isigatw se mpilo nbi njalo-njalo, akenziwa nto. Xa sente akabiko ngapandle kwesigatw, uyadliwa igusha nokuba yibokwe.
- 18 Ingaki entlanganiso ngapandle kwinkosi? Intlanganiso inako akudibana nokuba inkosi ayiko, xa amapakati egunyajwe yinkosi lide libeka elisehlalweni, elocuka xa kuko inkosi. Ngelinye ipesha inkosi ihlala bucala nokuba kusendlwini kuxoxwa

nje, izi ipume ngeresha layo. Iyablangana nokuba amapakati ambalwa.

19. Kuxoxwa ntoni kwezintlanganisiso? Izinto ezi xoxwayo kwezintlanganisiso zibandla, ngamatyala ngezinto zelizwe, imicimbi nemiteto emitsha ewela entosini. Izinto ezichasiweyo zinkosi (intlouidi nobugelenga) iziteta apo kwezintlanganisiso.
20. Inako inkosi ukulawula ngapandle kwe gumru?
Inkosi inako ukulawula nokuba ayinalo eligumru lamapakati. Ngokwesixosa kudala amadoda amakulu (inkonde) ebanceda ukucumbulula, xa kubanjwene, okanye ityala lisisintsonpoti esingama
21. Ihlangana pi intlanganiso? Izaphihlwa? Intlanganiso le yegumru, ihlanganela komkulu yinto epandle, ayifihlwa.
22. Kuteta wupi kugala? Omdala okanye omncinci? Omdala kugala egumrweni, ngalowo ugwi ugirwa kugala nokuba ngongakananina kwelogumru ngobuntanga.
23. Xa kupikisana inkosi negumru, kupeta ngabani? Ukuba inkosi iyapikisana negumru lamadoda, zwi ekupeta kubanjwe ngalo lelunkosi, untu oyinkunzi.
24. Kukona omnye wabo ongaliza intlanganiso? Ukuba namnye untu ongenya lokubiza intlanganiso yebandla, ngapandle kwenkosi. Nokuba, kutenina ilizwi lenkosi liyomelela kupela kulo. Ukuba nto yenziwayo ke nokuba igumru alisatandi
25. Igumru liyawalinga amatyala? Igumru eli yawalinga amatyala, pambi kwenkosi likolisa ukublangana lona xa kuba kubandla

Rwa isigwebu amatyaleni, ize kinkosi iwise
esosigwebu sifikelelwe apo.

26 Iqumru eli liyabhatalwa ngezizinto? Iqumru eli
alibhatalwa ngalomsebenzi, ngapandle koku
fumana ije, amalungelo afunyanwa nga
mapakati apambili apaya komkulu.

27 Ingeniso efunyanwa liqumru: - Ingeniso loyo
ntu olipakati, akanye ibungu lequmru,
kukubusa entosini ati ka ukuba ulusela
inkomo, ayinikwe ginkosi yaka.

28 Iqumru eli ngawuphi omnye umsebenzi elivenzayo?
Umsebenzi omnye ~~awenzayo~~ amalungu equ-
mru ukusa izinto ezingxaki paya komku-
lu, nokuyakusela izinto ebonakeleyo apo dalini.

29 Abantu abahambisa imitelo yenkundla: - Imitelo
evela enkundleni yamatyala, abantu abayi-
hambisayo, zizibonda (induna) zenkosi.

30 Amalungu equmru ayalisa abajiki komkulu?
Hayi, abanaka ukusa bajiki komkulu.
Ngumsebenzi wezibonda zenkosi lowo.

31 Dayawucanda umhlaba? Amalungu equ-
mru, akacandeli bantu mhlaba.

Izibonda

32 Ngobani izibonda? Izibonda zenkosi ngu
Dutshane Neneba opete e Ndlebondlaru
kwaye uhlala kwalapho. Esihini ngu
Dalitengwa Gongilanga opete e Jajiseni uhla-
la kwelapho. Esesitatu ngu Lutoli Ngambu
opete isizinde uhlala e Dshisane. Esesu
ngu ^{Arro} ~~Yonata~~ ^{Shoto} ~~Magobola~~ emdeni, opatele
u Dukela uhlala apo e Mdeni. Esesihlanu
ngu Dyubela Nyanguwe obambela ulupati ka
Matakama e Sizinggini uhlala ka Cingo.
Esesitandathu ka ^{ngal' abenile} ~~Kamukha~~ ^{Magobola} ~~Moti~~ uhlala

Question 32 continued

Esesixense ngu Ysetse ka

Zenzile obambela u Zwelenzima Sibutai e Yama
uhlala kwakona.

33 Batini ze ba bezibonda? Ububonda babo babu
fumana ngokonyulwa jinkosi ngokudile
neyo nebandla. Imihlala abati bonzulwa
ngayo ebubondeni, kungenxa yokukwazi uku-
gcina umyalolo wenkosi, nokunyamekela
ukundla, imiteto yayo, nekomkulu, ukuba
sa enkosini, nengqondo eti bayibonakalalise
xa kuxoxwa emicimbi, namatyala komkulu
enkundleni. Indlela abamiselwa ngayo,
kubizwa imiteto yokhanga lonke, igo enkosi
ibanzule, abamisele kwezo zipaluka
baza kupata kuze.

34 Ziyalingana zonke? Ezibonda azi azilinga
ni ngentlo yonke, ukugalela engqondweni
ebutyebini kempahla, kanti oligazi lentosi
uxabisetile kunabo bonke abangelilo igazi
lentosi.

35 Ukuxabiseka, nomahluko: - Ukuxabiseka
nomahluko abahluki ngawo omnye kom-
nye, yingqondo ephangaleleyo, nenobulumk-
nobucika. Uwe, nobudala esixoseni yint-
kuba indoda esiyindala ibe namava
kakulu, izinto ezininzi ezixakileyo, ibe
nokuzi kulula enkundleni, nasematya-
leni njalo.

36 Zintoni umsebenzi wookosi? yezibonda?
Umsebenzi yezibonda kukugcina ukuba
kungapulwa mitelo kulo lali, okanye
lonjela sipetile kusa. Kukuti abamatyala

zibase komkulu, kutitwe ityala, ukutunyeza
 yinkosi e ofisini nakwezinye ~~int~~ inkosi.
 Amatjala ziyawavanya, pambi kokuba
 asuwe enkosini, kanti nasenkundleni zigo
 ezomana zimjikajika, ukumngcombola
 u Adumangele. Zikwa ngabatshtshisi
 enkundleni kwabo banetyala. Xa zigunya
 ziwe yinkosi izibonda ziyawacanda
 amantowa nanasini.

- 37 Zintozini ekufuneka ezenzile ngokwako?
 onto eyeyake kukusa amatjala enkun-
 ndleni, upantsi kwenkosi; ukuba ubone
 ubani esepula umteli. Yendawo yake uku-
 nsa enkundleni aye kum-mangalela
 kuya, njengaliso layo. Izibonda sinama-
 gunya atile, kuba umtu uti wasila
 engacelanga nsona yokwenza oko
 enkosini, siso esiti sinse enkosini apo
 apo ke balungiselelwa kona yinkosi
- 38 Kufuneka sigqitisele ntoni enkosini? Izinto
 izibonda ekufuneka sigqitisele enkosini,
 ngamatjala onke amasiko, izimangalo,
 nakulwa kwabantu, namatjala ebesike sa-
 waravanya. Abantu abacela umhlaba,
 baya kuso, size ke sona sibase ~~e~~ osini
 apo ke balungiselelwa kona, yinkosi
 Abantu abapelelwe yimizi, abazimkedama
 basinwa komkulu ziyibonda, kulo lonke
 ituba ekungekavchi zigalwane zabo.
- 39 Kufuneka gitumeli izinto okanye siye ngokwako?
 Izibonda, xa sivelu into enkosini, kufu-
 neka siye ngokwako, sine pambi kwen-
 kosi, singatumeli kutancinci ziba
 situmeli umtu upantsi kwako, okanye

ke, sungayibhala incwadi sijitumela
ngombu, xa sixakhekile okanye sigula.

40 Siyakutshwa isibonda? Ewe, siyakutshwa.

41 Sikutshwa xa siteni? Isibonda singakutshwa
elubondenini, xa site padela imiyakelo ye-
nkosu, senza intando yaso, satya amalu-
ngelo enkosi, naya singezisi sakubizwa
ijinkosi ngapandle kwesuzatu, naya sini
kise ngomhlaba ienkosi ngasesi, ngoku
funa inzuzo ngawa, naya sifake umoya
ombi elubandenini naya sikwelatela inkosi

42 Zikona izinto ezipunyanwa sisibonda ebantwini?

Isibonda akukozinto zininzi zizinkwa-
yo ngabantu, ngapandle kokugqalenta-
sini, ke sipive ijinkosi, kwezizinto
gezisi. Into elungelo kuso butywala
(ibhekile, okanye ingqayi) xa sikutshwe
ijinkosi, ukuba sibe ngumngcini we-
ngabano etywaleni, oko kukuti sigcine
imbeke nje ngomlomo neliso lenkosi.

43 Sifumana imama? umbona? utywala? imali?

Into efunyanwa sisibonda yileyo seji-
xeliwe, kulombuzo ungentla. Akukozinto
zingu m-omselo kubantu, emabazini ke
isibonda. Ijinkosi yodwa epinyayo izinto
ngabantu bayo.

44 Kuko nto siyisayo eNkosini? Ukuba isi-
bonda sipive into nje, kodwa ngumbu
obusayo, nofuna ukutetelelwa enkosini
asisi nto enkosini, siyazityela. Ezipi-
wa inkosi izinto ziyangqo komkulu,
ati ukuba ijinkosi, umfo ati tu eyiquba
nje ukuya komkulu. Ewe, usibonda naye
njengombu olipakatilenkosi, ayasetyeni

lwa ngabantu bengageshwe bebusa, kubu-
lombu ukwamkulu naye apa esigweni
njengontu wakomkulu.

Ubuzalwane nezinye intlanga.

45 Iyenzwa imvume yokusweba nezinye intlanga?
Ewe, intlanga ezingabamelwane, ziyavu-
melana ukuba kudetywe, abanye, nabu-
nye, kungeko mabambano yantso. Nendawo
yokupata kakubi abahambi iyacweywa
zinkosi ezimeleneyo, yoluswe ingabiko, ngo-
kunjala ku, yokudetyenzwa kwamanzi
emilanjenu, nokudlisa impahla, kuyavisi-
swana ngayo.

46 Isizwe esingapantsi kwesinye sengani? Isizwe
esingapantsi kwesinye, sinenzanelo ekufu-
neka siyenzile kweso singentla kwasa.
Kuyinjanelo ukuba sibuse ngenkomo,
nentombi, kubezizipo, ziyiwe kulankosi
inkulu, kanti koti kwenziwe namalima,
oko kukuti, umisebenzi yokunceda lankosi
kude kupatelele ekukupeni abantu baku-
ya kuncedisa paya kulankosi, xa, kuko
impazwe, edaleke pakati kwalankosi
inkulu, nesinye isizwe esisesinye.

Ubuni

47 Umhambi angapantsi nje ngom mi? Ewe,
umjiki ut-oti wajika esigweni senkosi
uyamkelwa, apatwe nje ngomtu welali.

48 Nenza nta zini lomhambi? Indoda xa ifi-
kayo, isuka iye esibondeni, icela ukunge-
na elalini. Ke sona isibonda siyayitata
siye nayo enkosini, iti ukuba inkosi
iyatanda imamkele, ukuba ayifuni
ingamamkele. Kwelinye icesha indoda

ike ibuse apa komkulu ilime, isenge,
kanti yode ilungiselelwe yinkosi eyayo inda
wo elimowwa layo. Nasenzazini ofuna
umhlaba uguba kwangolohlobo ekuti ke
naye abe jinto ewa iwuka, isebenza apa
komkulu. Inkosi yobiza amapakati ayo,
isoxe ngaye ukuba angamkelwa na apa
elalini nokuba akangemkelwa.

49 Xa igindoda nentsapho yayo: - Indoda xa yika
nomkayo, nosapho, ngayo, inako ukuba ngum-
mi speleleyo apa elalini. Nayo igala igise
esibondeni, esitike sona siyise komkulu.
Yoti ke xa inkosi isacingayo isebenze ihleli
apo komkulu ibusa kwa nosapho oluwayo.

50 Igela lonke labaliki? Abantu abangabemi
bephalele kwelinye izwe, mhlawumbi,
bayamkelwa bade babe ngabemi xa beko-
lekile kwesizwe sentosi yaso, bangena
esibondeni nabo, sibaqubela komkulu,
boti ke ukuba bayamkelwa, babizelwe
imbizo, bayalwe ngamapakati. Logama
ke bengakabinako ukwuka, bahlala kom-
kulu, bayabuse ngozo gonke indlela
abati ke lomini, bade balungiswa,
banikwe amanziwa.

51 Batwa nje ngezwe? Ewe, bapatawa ngoku
fanayo nesizwe sonke, kwentolwane
nabo.

52 Amalungelo abantu abangabemi: - Izinto
ezingamalungelo kubantu abangabemi
belizwe. Indoda inegunya lokuma
itete enkundleni yembizo naxa kute
twa ityala, ibi nombuzo kundemanga
le, okanye abanetyala.

Inelungelo lokuba nentsini iyilime, iyivane, yondleke yiya. Inelungelo lokufuya impahla ezinkomo njalo-njalo zokuyondla, izicafu e Ojisi isiqhaya kwanalo mpahla nentsini yayo. Kufuneka iyigcine imiyalelo yentso. Kula maxesha, kufuneka ibafundise abantwana bayo, ukuzebondleke ngokwasebutrulumenteni, kumaxesha azayo. Kufuneka ibuse entosini, kona ukuzi ibenako ukufumana inkom entosini, namanye amalungelo angamanye.

53 Lamalungelo angahlutwa? Amalungelo ake umtu akanako ukuba angahlutwa ngapandle kontu ote wanukwa, okanye wati qho weba izinto zabanye abantu, okanye wenzi intlondi enye ngokugebenga abanye abantu njalo.

54 Amalungelo ahlutwa ngazipizizatu? Izizatu anokuba ahlutwe amalungelo ake umtu, zezi zingentla, ukuba, ubugqirwa, nobugebenga.

55 Benziwani abantu abalalohlobo? bayabulawani? qatwa
 umtu onjalo ayagxotwa elalini, okanye abulawe. U Bokleni inkosi yamampondo ibisakubeyelilela elingeni bonke abantu abatakatayo - ilima ekutwa hliwa lama gqirwa. Abayekwa elalini nangalemhla yokanyo, bayabanjwa basiwe amatyaleni bagwetywe, bagwetyelwe ukuba lawa neto longo, naxa sebesinda abantu abangcolileyo kwamLungu ngenxa yamagqweta akoyo kulemhla.

25 Inkundla zamatyala. X11/40

Inkundla

- 1 Inkundla zamatyala: - Inkundla zamatyala, yinkundla yenkosi, neyenkosi enkulu, okut xa onetyala eb'ona, ab'enele kuyo. Iko eyezi-bonda, izidima, neyezibonda ezincinci, ibekoke naleyo yamatyala, apo kutetwa kona amatyala, nendaba zomzi, oko kukuti imi cimbi yalomzi.
- 2 Amagama ezibonda ezinenkundla: - Izibonda ezinenkundla zamatyala nazi: - Zutshane, Nenenba, Dalitenjwa Jongilanga, Lutoli Ngambu, Dyubele Mpapama obambele u Mpati Makalima, ^{Dingo Bhotoya} ~~Yasaka Magababa~~ obambele u Dukela Makalima, ^{Yipele Majongile} ~~Kamsole Montu no~~ ^{Isese Zenzile} ~~zob'amatyala~~. Kwezokundla aya-wavanywa nje amatyala, aze agqitise kwe enkosi mi.
- 3 Amagama amapakati kwezokundla: - Endlebe Ndlovu, apo kupete u Zutshane Nenenba amadoda enkundla ngamapakati nje. Amagama amapakati nje: - Jountain Mceetywa, Sigcawu no Willie baka Nenenba, Gwadiq Finini, Oki Kiki, Philip Mahamba no Koto Sibuta ku Dalitenjwa Jongilanga: - Lalisio Oidi, Klungulwana Shinta, Nozakuzaku Sipala, Lutshe no Mjokani baka Xabadiya, Keke Adonisi no Babana Jongilanga ku Lutoli Ngambu, ibandla lenkundla yake ngu Archie George, Ngongolo Ngambu, Bulawaya, Sikade, Sametshato no Mncameni abazo baka Magenu, Zaku Mbhentshu no Nontswabu Yolwana

Ku Dyubele Mpapama: - Ngu Kwame Dinga,
Mkwambi Boyi, Makwenkwe Mgatane,
Dingezweni Ngxokole, Robert Yaso, Ginyize-
mbe Oponi, Ngalipi Breakfast, Somawala
Mzantsi, Yomi no Mozalintlakantlaka abapo
baka Jonas.

Ku ^{Amos} ~~Yandile~~ ^{Bhoxoza} ~~Mogobala~~: - Ngu Mvokozeli Nguzo,
Hesi Matulu, Xayimpi, Mgana, Mkongolwana
Cekiso abapo baka Sigodi, Mtshazi Boxoza,
Yutyana no Private abapo baka Thweleka.

Ku ^{Yekile M. D. J. M.} ~~Komiso~~ ^{Monti}: - Ngu Joyi Makalima
Ruphu Mendisi kwa no Macizano Mendisi,
Mpajipeli Sikutete, Mshiywa Sipeleyele
kwayo Gwadiqo no Matole abapo baka Menze.

Ku ^{Metse Zenzibe} ~~Zenzibe~~ ^{Sebata}: - Ngu Vububi no
Nkwe kwezi abapo baka Mlonjeni, u Walter
no Nguzo abapo baka Magwevanai, u Richard
no Alex no Sitimzi abapo baka Mdada, no
Yukutezi Yolwa, no Horace Mdikane.

4 Bayintoni? - Hlobantú bazizidwana zinkosi
oko kukhuti, ngamapakati amakulu amakulu

5 Batini zibabe ngamalungu enkundla? ubu-
lungu benkundla babuzuzwa ngokonyu-
lwa yinkosi, namadoda enkundla, ana-
disana nayo

6 Kufuneka beko maya out enkundleni? Ku-
ngum. misela ukuba bakela qho enkun-
ndleni apa.

7 Kufuneka bevelwe xaizakubako? Kufun-
ka bevelwe yinkosi, xa izakuhlanguka
enkundla.

8 Barlelwa njani? Ukuxelwa kwentlanga
niso yenkundla, kukhethwa umtunyuwa
komkhulu abambe ezibondeni zibe zizo ezile

lela abantu intlanganis leyo, neresha ayadiba
na ngalo. Sesosibonda sixelela esaso isipaluka

9 Indo abayenzayo xa bengapumeleli: Ukuba aba-
pumeleli, bati bakupē abameli, abaza kuya
kubamela enkosini, njengokuba bangazukwa
bako bona izigqo, kodwa basele izigatu eziba-
lulekileyo, nezifanelkileyo.

10 Bangakutshwa? Ewe, banako ukukutshwa
kwelwonga.

11 Ngazipi izigatu? Izigatu abangakutshwa
ngazo ebulunguqini benkundla, kusa bezi
pete kakubi, bengenayo intlonipho enkosini,
nasa bengawutataleli umteto wenkundla.

12 Umtu owengamela inkundla: -Umtu ongu
mhlali ngapambili wenkundla yamatyala
yinkosi enkulu.

13 Uhlolo lokugutywa kwamatyala: Amatyala
agala kwizibonda, eziti ke zona ziwawa-
vanye tanci. Ke komatyala asiwa zizibonda
enkosini atetwe kona. Yoti ke nwa inkosi,
ikuphe isigwebho sayo esingatintelwa bani.
Isigwebho eso yebifikalele kuso ngokudla-
nindlebe ngqumou layo. Uti ke ogwetyi-
weyo ukuba akaneli abinane kwinkundla
ephezulu, epantsi kuyenkosi enkulu
yohlanga - umtū oyongamelelya
Umteto nokulwa kwinkundla zamatyala: -

14 Ngawapi amatyala atetwe yinkundla yenkosi?
Amatyala ekufuneka atetwe kwinkundla
yenkosi ngawakubulalana, awogawula-
nintshato, nawobugwintso, nawobudlwe-
ngawo, nawamaza, nokudeli nkosi.

15 Isibonda sinako ukuteta iyala labantu bendawo
ezahlukaneyo? Isibonda asinako ngokuteta

ukuba silitete ityala, ngapandee kokubisa abantu abo benetyala bangabngaba isipete kuyo.

16 Isibonda singalivavanyai ityala elihunge kwesinye isibonda
Dayi bo, isibonda asinamvume yokuba sivavanyai ityala elihunge kwesinye isibonda. Lonto ingalityala enkosini, sidliwe nje ngompambanisi.

17 Isibonda kufuneka siwajile onke amatyala?
Isibonda sinemvume nemfanelo ukuba siwavanyai onke amatyala, sitshutshise, pambi kokuba lomatyala agqitische kwinkundla yakomkulu.

18 Kufuneka sikambe nabo? Umntu utsho kanye
ukuba isibonda esi, siye nabo abantu abanetyala siye nabo komkulu - singabaqubi nje singayi nabo.

19 Isizothwayo nezinto ezingavumelekanga ukugwetywa zona sisibonda Podwai:- Ukundla inkomo umntu, isigweho sokufa, nokubetwa azika mandleni esibonda.

20 Bakona abantu abangaka pantu kolawulo lezibonda?
Bako abantu abangapandee kolawulo lezibonda ngokwasematyaleni - abantu bakomkulu, usapo lwenkpsi, nabantu abahloniphekileyo - izihandiba zelizwe.

Inte eyenziwayo xa kubanjiswa umntu wenkundla

21 Ngabapi abantu abamangalayo komkulu?
Abantu abamangalayo komkulu, ngabantu abadala basebuhlanti, amabhunga aka mangali wona, amangalawa ngoyise. Kwangokunjalo abantwana abanakumangala.

22 Indlela yokumangala:- Umntu omangalayo, usuka aye komkulu enkundleni. akwazi elapo ati, "Ndimangale." Kopuma

omnye weaduna ezibhalo komkulw, noku
ba yujipina indoda ekoye komkulw apo.

Woti ke lowo abuze ati, "Umangalele bani?"

Ahambise ke axeli, abuzwi intosusa, acage
konke. Wohambisa, ahambise ke aye kuti kya
bonjika kya ke ukumbuzwa okuabantu abo
komkulw abangama dada. nabafikayo
baphindelele ukumbuzwa. Um-mangali ke
woti akuba ede wawakala kuxelwe inkosi
eyoti ke yona ikuphi unisila wokuya kubiza
ummangalelwa, namangqina axelwe
nomhla wetjalo.

23 Um-mangali ke, ugale amagise um-mangalelwa?
Um-mangali, pambi koba aye kumangala
ekosini, ugale amagise um-mangalelwa
ukuba uya kum-mangalela ngoku.

24 Ugale aye esibondeni umtu xa amangalayo? Ewe,
umtu xa amangalayo, ugale aye esibondeni
ibe siso esiti itjalo malitwe.

25 Ngubani umtu omisa umhla wokulivavanya?
Umtu omisa umhla wokulivavanya itjalo
sisibonda.

26 Kumiswa itubo elingakanani? Pambi koku
ba itjalo litwe, limiswa intukwen ezintatu
ukwenzela ukuba abo banetyala, bagokelwa
amangqina abo.

27 Litona wesho ekungamangalwa ngalo? Okuko
xesha linjani amatyaleni, izibonda ziwawa
wanya nokuba kuscesha linina longaka.

28 Kumangalwa xesha nini? Amatjalo ama-
ngalwa kusasa, ukufudumala kwelanga
xa sekurukive komkulw.

29 Xa lizwe kade, alimanyelwa? Lingeriwa
itjalo, nokuba lifikiswe emveni kwelotuba

Indo engayifuniyo inkosi kukiziswa kwamatyala
isalele, okanye ebusuku, iuswe ilele.

30 Um-mangalalwa uyaxelelwa umhla wetyala?

Um-mangalalwa kufuneka axelelwe ukuba
umangalalwe ngokwenza oku nokuya,
axelelwe ke nomhla amakabeko ngawo etyaleni

31 Ngubani oxalela um-mangalalwa? Unatu woku

ya kuxelela elacala limangalalweyo, ngum-
sila — umtu okutshwa yinkosi ukuya kutse-
la umhla wetyala njalo-njalo.

32 Uyaxelelwa ngamalungiselelo? Ewe, um-manga

lalwa uyaxelelwa ngezinto ekubanjenuwe ngezo.

33 Angacasa xa usuku letyala lingenakumlungela?

Um-mangalalwa, akanagunya lokulucisa
usuku letyala elinisiweyo. Umel ukwenza
njengoko kutshwa ngalo lusuku lunisiweyo.

34 Limokujikwa usuku, ngeliani? Usuku letyala

alimokujikelwa olunye usuku, ngenxa yom-
mangalalwa konke. Umtu onokulimela olunye
usuku yinkosi, ngenxa yesimeko ezitile.

35 Ngubani onese kukuzana namangqina? Umntu,

onole kukuzana namangqina, aqina-manga-
li, nom-mangalalwa. Ngalowo uzigala
nawake amangqina.

36 Kwenzekani xa amangqina esala ukungqina?

Ukuba amangqina ayala ukuzana, lowo
ungenamangqina uyakutahlwa eku-
ndleni, nokuba utshwinyaniso, xa enge-
na mangqina.

37 Umtu angabacela abantú bokumceda etyaleni?

Kuvumelekile ukuba umntu onetyala acele
amangqina okumcedisa etyaleni lake.
Kodwa ke, akuvumelekanga ukuba etate
nabani, obengaka xa bekusenzeka elotyala.

Kufumeka umtu obeko, onobungqina obuyi-nyariso belotyala.

38 Angqina kuba efuna ukubhatalwa? Umntu amangqina ake akawabhatali ngokwesixosa.

Amangqinela ngotando, nokufuna ukumela, nokufela inyariso ayaziyo ngokusemblathem

39 Kuwusalekile ukuba isibonda sitengwe ngezinto?

Hayi, ayiwumelekanga konke into yokuba isibonda sitengwe ngezinto. Lonto ingacacisa ukuba esisibonda siyatengwa ukuba singayiteti inyariso. Konoko asengevani nenkoyaso.

40 Ekangelaka kakubi lonto? Ngokugqinisekileyo lonto aijlunganga. Kuba kukusitenga isibonda ukuba masitetelele ubusoki.

41 Inosohlwayo lonto? Ewe, inkosi ngamohlwayo kakulu umtu isisibonda oyenzileyo lonto ide ingqumbo yayipatelele nakulomtu uye nzileyo lonto. Ka nje kunokufumaneka ukuba isibonda sitengwe ngezinto.

42 Nomnikwa unetyala? Liko kulowo usisi bonda kanye, kanye wafunyanwa esamkelai izinto gokumtenga, ezivela konetyala.

43 Umtu unetyala uyateta namangqina ake lingeketwa ityala? Ewe, umtu unetyala uyateta namangqina ake, ngokwe ityala lingeketwa. Kuti ke xa sekula pa enkundleni, liza kugqalwa ityala, abizwe ngamagama amangqina, aketwe, agotwe, bogama ketwana nonetyala.

44 Kutiwani xa engoko um-mangali? Ukuba um-mangali akeko namangqina ake ngonabla wetyala, ityala ela liyacitwa. Ukuba um-mangalwa namangqina ake

- abako, bogwetiwa kuqwetyelwe lowo ukoyu-
um-mangali, aze agwetiwe ngokudela inkundla
- 45 Uyalahlekwa ityala lake? Ewe, ongekayo ngo-
mhla wetyala, uyalilahla ityala lake.
Inqubo enkundleni.
- 46 Iba pi inkundla yamatyala? Inkundla
yamatyala iba komkulu, pambi kobuhlanti.
- 47 Kuhlaliwapi? Kuhlalwe njani? Inkosi yona
ihlala ngasekhantini kasebuhlanti, ishakwe
zinduna zayo. Amapakati wona akisangga
enkundleni apa, ajonge ebuhlanti paya enko-
sini. Um-mangali ^{nom-mangali} namangali
bahlaliswa kude pambi kwinkosi, pambi
kwesangga samapakati. Amangqina wona
ahlaliswa kude, aginwe, angasondeli apa
enkundleni, amamele. Wona amane ebi-
zwa ngamanye, xa azakinko ubungqina
bawo. Abazazi abatanidileyo ukubako, bahlala
bucala, bangadibani namadoda.
- 48 Ngobani ekufuneka boko ematyaleni? Ematyaleni
abantu abanemume yokubako, ngamadoda
onke angabamamele, kwanabafazi babako
ukuya kuwa isigwebo, nenqubo yetyala, ke-
bona bahlala bucala. Into engafunekiyo mpaka
enkundleni ngabamtwana.
- 49 Baki basheniswa abamamele? Abantu abasha-
nxi bona enkundleni. Abantu abashenxi-
swayo, xa kufunekile, ukuba ngabo bama-
ngaleleneyo, xa kuza kuhlalwa ityala.
- 50 Amangqina aginwa kude? Ewe, amangqina
akasondeli apa enkundleni, ahlala
qebele paya, amane ebizwa ngamanye,
xa afunekayo.
- 51 Yiziphi imitelo yasenkundleni yokuzipata?

- Inmitela emisiweyo enkundleni yimbeko, nenzolo
kwa^{ye} zilunganzelo, akuvumlekile ukhlekaka ka
kulu, nokudanduluka, nokutshaya, nokupa-
zamisai nangayipina indlela. Umntu owenge
oko uyadliwa yinkosi nangayipina indlela.
- 52 Divulwa njani ityala? Ukuvulwa kwetyala,
kubizwa um-mangali, emwa kokuba inkosi
iti yavakalisa ukufa ubani umangalelwe
ngubani, ngetyala olulalulobo lutile, njalo -
- 53 Ngubani ocaza isimangalo kugala? Emveni kwa
kontelo yenkosi ikumbuzo ongapambili, um-
mangali nguye owabizayo, acaze isimangalo
saka, nemihlabo yake yokuzicacisa ukus-
ngabintyala. nomntu um-mangaleleyo.
- 54 Isimangalo siyashungushungulwa? Okanye adlwa
um-mangali lo, uyavumyelwa olule, acacise
isimangalo saka, nemihlabo yake yokuzica-
cisa ukungabintyala.
- 55 Um-mangali uyabuzwa? Akufuneki ukuba
um-mangali apazanyiswe esatela, uti aku-
gqiba abuzwe ke ngulowo nalowo utendayo, ma-
dodeni ngokubanzi. Um-mangalelwa naye
uyanikwa itiba lokuzibuzela, enkundla im-
meli apa kwa mangali.
- 56 Amanqina abizwa xesha? Ewe, amanqina
abizwa kwesituba wona.
- 57 Kugala kubizwa elinye icala linike inciza?
njengoko sekucaziwe kulombuzo we 47
u-m-mangali no m-mangalelwa bahlaliwa
pambi kwenkosi, pambi kwesangqa sama-
pakati. Uyabizwa u-m-mangali, abizwe
no-m-mangalelwa. U-m-mangali, uma-
ngala esiva um-mangalelwa izika anika
we itiba laba apukise intelo yom-mangali.

- 58 Abamangali, bavumelekile uba batate ukutanda?
 Abantu abamangaleleneyo abavumelekile ukuba mabatukane, okanye batyolane, okanye batyole abanye abantu.
- 59 Abizwa njani amanggina? Amanggina ukubizwa kwawe, abizwa ngemanye.
- 60 Ake ake amanggina ukunika ubunggina? Aka na amanggina ake ake ukunggina, umfazi angatandi ukutshonisa indoda yake, umtama angatandi ukutshonisa uyise, okanye ati umtu ngoko kungoko kuzalana kwabo bantu barabeneyo, ake ukunggina ngenxa yokuswela inyano, nokukholisa um-mangali okanye um-mangalelwa.
- 61 Angamangalwa? Abuka lungamango ebunggineni, into efunekayo kukuba ubunggina nida kube yinyano. Ukuba ke umtu akanyanisi ebunggineni baka, uguqulwa ngembuzo ukuziswa enyanisweni.
- 62 Bavumelekile ubunggina bomtu engangginel indoda yake? Ito umtu ebona ukuba unokungginela icala elingelilo lomnye umtu avumelekile uba enjalo, ngakumbi xa eza kunggina inyano.
- 63 Kuba bunggina bungavumelanga? Abuka ubunggina obungavumelanga, ngaphandle kobunggina bobusoki.
- 64 Buyahluka ubunggina bomtu oyivayo into nobonile ayibonileyo? Into yokunggina into umtu angayibonanga iyawakala, kwaye iyohluka kubunggina bomtu ayibonileyo umtu.
- 65 Ubunggina bokuzitshisa kubona beginileyo, ubunggina bokuzigwela buyinyano.

774

bubona buzinileyo, kungafuneki maonangqina
Kulonta, obubungqina, bubungqina obuteta
ukuti unti nyalivuna, ityala lake.

66 Amangqina la ayakokelwa ebungqinini? Inggina
libuzwa into ibenye, kutiwe malixele into eliyiboni
leya, ngemini etile. Alitokelwa ngambuza

67 Iyabuzwa imibuzo emangqinini? Amangqina
ayabuzwa imibuzo nangubani na apa kula ma-
doda alibandla.

68 Kunguneka betete inyano? Pembi kokuba unti
wasematyaleni atete enkundleni, uya yalwa uk-
ba atete inyano angteti into ezyonyano.

69 Bayafungiswa? Siba isifungo? Uwe, bayafunga,
isifungo sibi, "Ndifafunga, ukuba ndizakuteta
inyano ka Yiso k'pela."

70 Benza ntoni enye, ukubonakalisa uba bakuteta iny-
ano? Enye into eyenziwayo, kukunisa
isibozo semini, unti afunge epakanise
isandla pasekunene, emise isibozo, ati,
"Ndifafunga ndizakuteta inyano."

71 Wohlwaywa nyani unti otete ubuxoki enkundleni?
EsiXoseni, unati otete ubuxoki uyadliwa, atinyo

72 Ityala liviva ngemini enye? Ityala eli, liviva
ngomhla omnye. Diti ukuzibela luyemiswa
kuba kuko ubungqina obubungqina obun-
ye, ngokuba mahlawumali kubekomti
ongekoyo olingqina, elijunika ngamandla.
Asinto ifumane itelwe izinqam ityala, aga-
pandla koko.

73 Liyemiswa ityala xa amacala evumelana? Xa
amacala evumelana ngentelo, into eyenziwayo
kukuba um-mangali aguetyelwe, ityala
alimisela lonto.

74 Bayabhatala ke? Uwe, kungum-misela kona

- ukuhlawula lowo unetyala ugwetyiweyo.
Lonto iayenzeka nokuba ugwetyi njani na.
- 75 Uba ubungqina bunikiwe, luygwetyiwa ityala.
Ukuba ubungqina bucacile, yaze yonke imeko
gayeyokuba ityala lingagwetyiwa, ligwetyiwa
ngoko, alimi nakancinci ekugwetyiweni.
- 76 Inkundla iyahlala ityala? Amadoda la
angabateleli benkundla abashenzi enkun-
dleni, basuke bayoxe ukuhlala ityala kwa
lapa pambikongi kwabantu bonke, abati ke
bona bamasela betule.
- 77 Abahleli betyala, batata beko abamameli? Ewe,
abahleli betyala aba, bayoxa beko abantu aba
bangabamameli (amapakati)
- 78 Amalungu enkundla bayasitela isigwebo? Aba-
hleli betyala abahleli sigwebo, into abayenzayo
kukuxoxa nje, inkosi itule, imamele, elowo
malowo uxela lwake ulawo, mayela naba
nini tyala bebuke.
- 79 Kugweba inkosi? Mhlawumbi sibonda? Umntu
owisa isigwebo yinkosi ngakwayo.
- 80 Inkosi igweba ngesigwebo ebesonyulayo libandla?
Inkosi igweba ngesigwebo esiphawisa apa
kasaba bahleli betyala. Inkosi itata kule
ngxoko, owona mivolo umileka kukuba
sisigwebo esiphumeleleyo.
- Ityala elaka latywa apa
u Tolise, wangabelwa ngu Nomaxigwazana
umyazi ongunika Masele Gwama, igoku
ntuka kakubi. u Nomaxigwaza, weza
enkundleni wamangala. Inkosi yayi
ngu Julius Makalima. Kukutshwe umsi-
beka Neneimba u Tutshane, ukuya kuxc-
lela u Tolise intombi ka Shinta, ukuba

umangalwe, fuokuba maze eze namangqina
 ake, enkundleni yamatyala komkulu ngom-
 hla otle, omiselwe elotyala. Wajika ke lom-
 hla, latelewa ityala ngokwesikofesi Xosa. Inkosi
 ihleli ngasexhantini ingqongwe zinduna (Ab-
 hleli tyala) zayo. Ngapambili kute Tande ama-
 dodazi kumamela. Abanini betyala
 bahlala kwindawo zabonabo. Kwabizwa
 u Nomaxigwazwana watela incaza yokuba
 uturkiwe ngu Tobise. Amangqina ake awaye
 ko amangqinela. u Tobise akabanga nama-
 ngqina kwelake icala. Wacela ukuba
 makapinwe ityala, azifunele amangqina.
 Laniswa ke ityala kute ngomhla wesibini
 wetyala eli, kwatetwa enkundleni, kwacaca
 ukuba amangqina ka Nomaxigwazwana
 atela ngokufanayo, abe aka Tobise, esiwa
 ngokuswa. Kwacaca ukuba akuko nyani-
 so, ku Tobise, lakuba ityala lihleliwe
 ngabahlali. Wagwetwa ke u Tobise, wadli-
 wa igusha ezimbini. Lapela ityala. Wa-
 puma umsila, ukuya kuhlawulisa.
Elinye ityala: - u Matinini umfo ka
 Mswe lanthoni, wamangalela umfozi wake
 awaye kuhlala kowabo, enkundleni ya-
 matyala komkulu. Kwakutshwa um-
 sila uka Ngambu u Lutoli, ukuya ku-
 bika esosimangalo ku Batayi umvakwa-
 bo mka Matinini, nokuya kwela ityala
 elo, kwindlabifa u Batayi, kwanoswa ku-
 oluniselwe ityala. Ngemini yokusala, ka-
 miswa ityala, kuba um-mangali waye
 ngenamangqina kakuhle, kute ukuzo-
 liquetywe elityala, ngosuku levisibini

kwacaca ukuba umpfazi uyayala indoda le, apo
enkundleni. Wayicacisela inkundla, xa kufuneka
ka ukuba makapindela endodeni yake, uba
akayifuni indoda le yake. Izigwebo esawiswayo
ke kwatwa, "Makuketwe". Inkomo egazilobole
gazilishumi. Amasu alompfazi ayematandatu,
kulo ka kwezinkomo ziseleyo zine, enye yayeye
nkundla, enye yayeyokucitai indlu wati ke
um-mangali wagaduka nazo ezimbini. Kuba
kalokweziya zintandatu zamela lomase om-
fazi, kuba kalokweziya libetania nenkomo.
Ulesitatu ityala; U mfombi wamangalawa
ngw gonisini, ngokumitisa umkaka. Ityala
litetwe konkulu ngokwesixosa, waza wali
vuma enkundleni ityala u mfombi. Waye
u-mitisele umpfazi ka gonisini. Wagwetywa
a ke enkundleni apo, wadliwa inkomo ezintla
na. Ke u mfombi wazi klawubela apo enkun-
dleni. Inkomo ezinegaya kum-mitiselwa
u gonisini. Enye yasala enkundleni.

Umateto osetyenziswayo.

81. Inkosi nenkundla zivazi njani umteto?
Umateto esiXoseni, wavela nomtu, yento
edaliweyo, izigwebo namatyala neziteto
zakudala ezadlulayo kusetyenziswa
amava ezintlo ezadlulayo, izigwebo, namatya-
la, neziteto zakudala, ngokwasakundalweni
ngw Xiso.

82. Ityala liteteka ngokuwamatyala angapambili?
Ewe, ityala liteteka, izigwebo ke ngokwama-
siko nangokwezigwebo zamatyala edlulayo.
Okukona umtu akidliweyo enengqondo yokuwa
amatyala, nendlela agwetywa ngazo, koku-
kona anengqondo nokucula bokubhala

ematyalemi.

83 Zifunyanwa ^{kumatyala akudala,} ~~konkonde~~? Ewe, imteto wesi Xosa wakuwa ngokwezinto ezenzekayo, ngokuseqela, ngemihla, ngemihla.

84 Abadala bayafumeka? Kjala njengoku sekutshiwo libuzwa kwabadala indlela yalokuba laka lakona ngapambili, laza laqwe-tjwa njani. Kanti ke ayenelanga lonko, kuba nolula umtu, usuka abe bukali ngeengo ndo, abe nemboro ayisa kuzo etyalemi elitile.

85 Abantu abadala bayajircha izinto zakudala? Ewe, jiko inkonde zamaziko ananawa, ekubhekiswe kuwo abuzwe indlela ekwaqutywa ngayo mandula jinkosi ezafayo, ngokumayela namatyala nomteto lento ibangwa kukuba isiko nomteto wakuwa Xosa wona awuzange ebaluz ndawo, ugcinwa ngeetho ke nje ngamava nobudala bomtu.

86 Umteto owamiswa yo ike uyekwe? Umteto owamiswa asinto ike iyekwe. Kuhlalwa kuwo nokuba sekutshino, kuba ngawo olungisi dizwe nentla lo kulo. Popu ngamanye aresha inkosi eyikwazi ukuti umtu onetyala, ite kuye, "Ungabe uyifunda lento, uyakwenzakaba, uyakudlewa, adiyakulelela." Idla ngo kutsho kuntu onembiko, nonga qela kwenza nto imbi. Umbozwana ka Jimini, wamangalelwa ngokusila ufwala engabucelanga ukuba makabusi (inamunwenkosini) yamngxolisa nje kodwa inkosi, yaza yam-lunkisa njengokuba sekuseliwe ngetha, wayolelwa.

ii Rupa ka Xozelo wamngalelwa ngokuti kuba umgidi kwa Mendisi akutshwe ukuba ayoku ba libiso apo agade ukulawulwa kwamabanda kwati ngemva yolo kwala wulwa kakubi

wamangalwa. ke naye wangxoliswa akadliwa: isitubeni soba abamangali zange batete ngoko. Wati ke yena andenzanga nga thova kwaye akuko namli oka wakatoga. Wangxoliswa u Rupsu kodwa waxolelwa.

Isigwebo, indleko zenkundla.

- 87 Ngobani abavumelana ngesigwebo? Abantu abavumelana ngesigwebo, asililo ibandla lonke lipela, ngamadoda angabasesixhenzeni, ase aketwa inkosi ukuba abe ngabahleli betyala.
- 88 Abaligela elingakanani? Lamadoda angabahleli betyala abamatandatu, nasixenxe, nasibozo, ngokutanda kwenkosi leyo. Okoko voti itatwayo ka kuzakuniswa isigwebo.
- 89 Sixelwa ngubani isigwebo? Isigwebo esi-sixelwa inkosi, apha kubahleli, iti ke kwayona inkosi ababize abanini tyala, igwebo tyala elo, ibandla lonke limamele.
- 90 Liyemiswa iyesho lentimbo? Umntu, akube egwetjine, akalindwa, kukutshwa umisela nye Rutimba ezonkomo (indleko) adliwe zona, kwakunye nendleko zenkundla. Ukuba umntu uyaziganda ukuba akaka lungi, ngokwasentlanwulweni, uyazicela enkundleni apo. Uti ke amehwe ngamadoda, ukuze amiselwe tuba elitile, ekufuneka lingendluli, engokhlawuli. Ukuba uti akalunga lada ladlula elo tuba, uyatinjwa yinkosi.
- 91 Kuyacaciswa into eyokhlawulwa, enkundleni? Ewe, kuyacaciswa kwangoko, ukuba enkundleni kokhlawulwa ntonina, okanye kangakananiwa.
- 92 Uba ulhatele ngeneno kwesigwebo kwenjinani.

Ngokwesiko, umntu ogwetyiweyo, akanako ukafuna ukubhansula ngenena kwesigwebo seNkosi kuba, angaba wenza elinye etyala - elokudela inkosi.

93 Yejiyi intlawulo engabatalwa kwangoko? Ukuba ke intlawulo ayifinyelelanga kuwa ngoko ukuzakomkulu, umntu uyatinywa ijinkosi.

Ukubhenela kwindla epezulu.

94 Umntu xa ezakubena, uxela kwanqakugwetywa? Umtu obenayo obegwetyiwe, abena kwalo-nini wagwetywa, akalindi nosuku olu.

95 Unako umntu okubhenela kwinkundla epezulu? Umtu ofuna ukubena, ngenxa yokangakolake sisigwebo, akanasitintelo, usuke abane ngokufuna oko kwake.

96 Angalwa ukuba abane? ngubani? Umtu mnye angamngandayo umntu ofuna ukubena ngumntu ozalanayo naye, amngandade ngezizathu azibonayo, eziye ngokugonda ukuba uzakudleka ngento engasenamsebenzi, njalo - njalo.

97 Isibini siyapelelwa litesha? Umtu xa ete wena isidala engatemi, uyapelelwa litesha lokubena.

98 Ngubani umntu onisa usuku lesibini? Umtu onisa usuku letyala lo lesibini, yinkosi leyo inkulu abenela kwinkundla yayo. Inkundla epakamileyo ngokwesixosa yinkosi entle.

99 Sitatelwa amanyatelo isibini setyala? Umtu obenileyo akatatelwa manyatelo kwesigwebo sake, setyala kude kube sesiphelweni sesibini sake. Oko kukuti, uyalindwa abene, agqile, agwetywe okanye agwetyelwe apo.

- 100 ~~100~~ Xa ebemile umtu, ityala ligalalwa ekugaleni
ukuvina? Gwe, ityala ngokwesixasat
 ligalalwa ekugaleni ukutetwa, lakujika
 kwinkundla epezuw.
- 101 Xa kubendwe kwengapezu ko, lipinda ligalalwa
ekugaleni kwakona? Nokuba isibemo esi
 sitetwa kwinkundla yesitatwe, kwakutetwa
 ngokungati, lityala eligalwayo, sitetwa
 sigalwe ekugaleni.
- 102 Ityala elabemile enkosini: - Udalitenywa Jongi
 kanga, wayebambene no Manume u nirva
 amzalayo, ngelifa. Umyana lo wamangalwa
 ngunina, kuba esiti unina, lempahla, njimpha
 hla yendoda yake, unokwenza ke nantwana
 ngayo xa etanda nokuba kange abhekise nto
 kunyana wake. UManume wamangala
 tanci ku Dutshane Nenenba ongumfateki
 ukosi, okanye isibonda esiyinduna epa
 mbili enkosini. Ekumangaleni kwake
 wayesiti ezinkono zimelwe kukubalwa em
 ngaye, jongabalwa ngenidlalifa, emveni
 kokuba indoda yake efile. U Dutshane
 yena uti ukuligweba elityala, impahla
 imelwe uba ibalwe ngenidlalifa u Dalite
 nywa. Uti ko w Manume akanela seso sigweba
 waza ke wabemile e Nkosini Julius ka
 Plakalima. Elityala libuye lathwa enku
 ndleni yamatyala konkulw, litetwa yi
 ukosi leyo namapakati. Kwangokunjalo
 inkosi ibuye yangweba umpazi ngeliti,
 "Ilo lalunge endlamafeni." Yatshe esiti
 xa indoda efile siko lihamba apo. Yati
 mpazi yeka ukulawula into yendoda yake, yeka
 unyana alawule izinto zikayise. Kodwa

ke, xa bequba imvisiswano unyana makam
zise unina xa zakwenga into. kwakona
u Manume ubenele enkundleni yase Ojesini
ku Mantyi, kodwa waba wagwetywa nala-
po. Egwela ngeliti yena u Mantyi, "Andina
Kugqita esigwebeni senkosi." waba unyana
ma ku u Manume.

Elesibini ityala :- u Maxaba wamangalela indoda
yake, ngokungamembatisi. Namangala esi
bondeni saka u Lutoli ka Ngambu. Wata
waqwela kwa ^{bo} ~~nkosi~~ kala uba u Maxaba akant
~~yanisanga~~ naye ke wabheneli e Nkosini.

Latetwa ke ityala, kwafumaneka uba
isizatu esibangele uba ati akatengelwa, yintu
yoba engazumi uba indoda le itengele odade
baya. Wangwela u Nkosi, wati, "Maxaba
ungumendi, awuzelanga kucita lomzi
wakwa Gasela." wati endodeni ungaze
ubalahlle odade wenu ngenyayalomfazi.

Wati akugwetywa u Maxaba wancama.

103 Ayengantani? Kalamatyala, elinye kwaku
xa ^u ~~twana~~ ngelifa. Elinye kukungeverisani
kwe ndoda nomfazi wayo.

104 Kwatini ze kubenwe? Into eyayibange ukuba
kubenwe, kukuti u ~~Maxaba~~ angali acinge uku-
ba ngwetywe kakubi, angeneli sisiqwebu
esivisiweyo kuye.

105 Abatchi betyala kwinkundla encinci, bamelwe
ukubako kwinkundla epezulu? Iwe, kuzu-
neka beko, xa ityala litetwayo kwinkundla
epezulu.

106 Inqubo kwinkundla epezulu :- Ityala kwi-
nkundla epezulu litetwa kwa nyengetyala
lonke. Litetwa yinkosinamabakati ayo

enkundleni. Aze amanggina abhala geta busala
letetwa Kanye njengawo onke amatyala.

Inkundla yenkosi

- 107 Inqubo yalenkundla iyazana neyenzibonda.
nda. Ewe, inqubo enkundleni yenkosi
iyazana neyenzibonda.
- 108 Ayahluka amatyala aviwekugala? Ityala liya
zana ngokwesi Xosa, xa letetwa okokugala
naxa selipindwa ~~lona~~ lisisibeno.
- 109 Ibako ngokwayo inkosi? Ewe.
- 110 Unokungabiko uNkosi? Hayi, inkosi ayinako
ukungabiko xa leti tyala lesibeno.
- 111 Utali yipi indawo uNkosi? Into eyenzinawo yi-
nkosi ngalombha ^{wetyala} lesibeno, kukongamela
ukuhlala esihlalweni paka sobukosi, uya
Xosa Kancinci Kodwa.
- 112 Uyabuzga amanggina okanye atete namalungu
enkundlu. Ewe, inkosi iyabuzga apa kubaneni
tyala nakumanggina, into ejitile.
- 113 Inkosi yizo exela isigvelo? Ewe.
- 114 Intlawula yetyala: - Intlawulo ayelindi, uti
nje akugwetywa umti, kukutshwa umsi-
la, ukuya kutimba, eze nazo ezonkomo, no-
kuba yentorina, kwangoko. Asinto lindayi
intlawulo.
- 115 Inkundla iyalimisa ixeshat lokuhlawula?
Ewe, inkundla imisa ixeshat lokuhlawula
ngoko, ayini ukutimba - kutinywa kwa oko.
- 116 Ukona umti ohlawulisayo? Ewe, umti oku-
tshwa yenkosi, ukuya kutimba, ngumti
okutwa ngumsi la wenkosi.
- 117 Umsila uyabatalwa? Ngubani! Umsila lona
uyahlawulwa. Uhlawulwa yenkosi. Uhla-
wulwa nokuba kungentorina, ngokutanda.

- 118 Ukuba kufuneka amandla kwenziva ntoni?
 ukuba kufuneka amandla, kukutshwa amado dana aye kutimba ezompahla. Ukuba umgwetywa nyalwa nyabetwa ade aye ukuba nyaza okanye ade ancame lowo wenza inkani
- 119 Xa umntu engahambi nomtelo wenkundla: - ukuba umntu akahambi nomtelo wenkundla, uyadliwa inkomo nokuba yigusha. Lonto kuye isiso hlwayo esikutshwa ijinkosi
- 120 Ukuba umntu ugwetywe ikatso, ukakwa ngubani?
 ukuba umntu ugwetyelwe ukubetwa, unika lwa konnye wenduna, kutiwe majimbeto.
- 121 Xa umntu egwetyelwe ukufa, kugqitywa njani?
 NgokwesiXosa umntu ugwetyelwe ukufa utatwa yinduna nye naye elweni. Uti ke apo abo tshelelwe litye entanyeni. Uti ke atyalwe ezantsi yinduna leyo, afele apo. Kunge-nyalo umntu uyangcutwa ngoluti olubazileyo aye. Kanti unako ukubetwa ngenduku ade aye.
- 26 Igigqilo, amatyala, izono.
unobangela
- 1 Ikona inantlarke pakati komntu owone ngabom okanye ngengosi. umntu ekute kwa cacu ukuba into akayenzanga ngabom, uyenze ngempazamo, uyapulelwa esigwebeni, angadliwa kakulu. Umntu ide inkosi inxolele inyale ingandli mpala.
 - 2 Xa enomsindo okanye oyekile? Uwe, xa umntu ezinywe ngumsindo, okanye ukoyaka, uyavelwa opulelwe esigwebeni.
 - 3 Xa eyenze into engayicinganga: - ukuba umntu uyataruzisa ematyaleni, panti, into uyenze engakange aijcinge, okanye akayenzanga ngenzondo, nangabom, uti axolelwe

epulelwe nasasigwebene.

- 4 Xa ebezikusela i-ukuba umntu uti akube enje ityala
 azitetelele ngokuti ematyaleni, ubezikusela. Kufu-
 neka enayo into ecacisa ukuba, ngokwenene
 ubezikusela eqinile. Ukuba akawulo yobungu-
 zi abonakalayo kuye, kufuneka edlwe nje
 ngokwetyala lonke. (nje ngomlwi), kufuneka
 kucacile kakuhle ukuba uzikusela, ebesenzi-
 wa into, akalimazanga nje.
- 5 Xa ecatshekiswe? - ukuba umntu ematyaleni
 uzitetelela ngeliti uke ecatshekiswe ngulo
 amenzakalileyo, abatetelelki ngalonto. Usuka
 agwetywe ngamandla ngesosengo.

Imfanelo.

- 6 Imfanelo zendoda xa kona umfazi wayo nokuba ngaba
ntwana kuyo: - xa ake umfazi wanetyala nokuba
 ngabantwana banetyala; ityala elo belomnini
 nazi, indoda leyo etu' ihlawule. sabegwetywe, ku-
 funeka uhlawule, igcaka gihlawulelwa ngu-
 mnini nazi, kwanabalusi ngokunjalo. Abantu
 kwabo umntu ubahlawulela xa bezakhele bengu-
 nandlela yokuzihlawulela.
- 7 Imfanelo yomalusi ngedemesta yempahla yalusi:
 Umalusi kudala utiti xa empahla abejalus
 yenze umonakalo, asuka umnini intsimi
 ambete, into ke leyo emenzi abe nenyamako
 engapezulu umalusi lwe. Ngamanye amase-
 sha umnini mpahla usuka atale into eyayo.
 malusi lwe, nokuba yigusha yake nokuba
 yinkomo nokuba yemali ke kulawakesha
 emali, ahlawule umonakalo ngayo.
- 8 Xa umntu eyike into eyingozi: - umntu eixoseni uti
 ukhala waluka, ayalwe ukuze angayijiki ingozi
 eyazi, enokuti yenzakalise abanye abantu nyalu

puna uhlobo. Ukuba uyibonile into eyingozi engati
yenze ingozi kwabanye abantu. Kungum-musebo
ukuba abajese, abalunkese kulonto ukuzi
bangenzakali. Nawupuna umntu omkulu ka
Kuyimfanelo ukuba aqene kwezinto ezinge
nangozi kwabanye. Abantu ka bona bati
ngemzekelo yobuntwana bazenge nakuzenza
izinto ezinengozi kwabanye, bangaxela xa
bebona ingozi kuba betanda ukuyibonela
esenzeka. Kuti ka karakufunyaniswa ukuba
ngabapi na abantwana abenze lonto, basuke
bohlwaywe ukuba yekisa lonto.

8 Izigqibo ezibekiselile em-turini ukubulala umntu:
9 Xa umntu ebulele umntu, isiko lesintu ubebu
lawa naye ukugwetywa yinkosi, atinjwe ne
nkomo ezozake. Imzekeliso. Egozinto zenze
ka entla ka tina asinanzekelo ngayo.
Kuba ezizinto zazisenzeka kudala engka
biko umlungu. Ka tina mamfengu
sehle nomlungu ukuzi apa zati ka
izigqibo zabantu ababulele abanye azabi
zezenkosi, zezizakelungu. Njengoba
netyala lokulwa nelegazi sebalitotela
kubo.

10 Ukwenzakalisa umntu aye ngengozi :- Xa kuti
kwacaca ukuba umntu ubulele ngengozi,
umntu ubexolelwa kudala yinkosi kuba
kucacile ukuba into ihle ngengozi

11 Ukubulala ngabom :- Lowo ubulele omnye
ngabom, ngabulawa naye, kuba umntu
uti, "Igazi malipindane". Okokuti mata
fe naye umbulali.

12 Indoda ebulele enye, umgazi ebulele omnye :-
Indoda ebulele enye ngobuhlobo seluxelive

Iyabulawa xa ibulele ngabom, wolelwe xa
 ba ibulele ngengozi. Kucaca oko ematyaleni
 Indoda xa ibulele umfazi, unetyala lokubulala
 ngokwakudala iyaqwelelwa igwelelwe ukubulawa
 xa kate kwacaca ubu ububese ngabom
 xa ngingozi ecacileyo nya xobelwa. Xa ibulele
 umntwana igwelelwa kwangesisigwele sokufu.
Umfazi obulele umntwana: Unetyala lokubulala
 la. igwelelwa ukubulawa, xa kute kwacac
 ukuba ubulele ngabom. Xa ngingozi ecaci
 leyo nya xobelwa. Umntwana obulele omnye
 ebuntwaneni, umntwana utshwa ukuba akala
 bi nabubi bakubulala ngabom. Itatwa ngoku
 ba bayenze ngengozi lonta. Ohlwaywe lowo
 wenze ingozi leyo, aye ayekwe.

13 Iiyaxelwa enkosini? Ewe, ityala lokubulala
 lesiwa enkosini, ukuya kuxelwa zinduna
 zenkosi.

14 Iityala lokubulala letetwa yinkosi yodisa? Iityala
 lokubulala letetwa yinkosi yodwa. Induna
 zilisa enkosini xa zite galiva.

15 Iba yintoni isohlwayo? Isohlwayo somtu
 obulele omnye, kukubulawa, nokutinjwa
 umzi lo wake. Intlawulo: Utinjwa inkoma
 zonzi wake zonke zipela, zitatwe yinkosi.

Imbuyiselo: Akukantō izuzwa okanye
 enkwa obulaweleyo. Abantu bangabenta
 si, ngoko ke kule ntlawulo yenkosi. Akuko
 nemfunde le eya nakubanina ngapandle
 kwe nkosi. Umzekelo Besenditshilo kum
 buze we Toba ukuba ezizinto zagqibela ko Kaki
 ke ngoko Tina sipantsi komlungu ke asika
 bulwanga kugwelelwa bona kumatyala egozi
 nawokulwa nalawo okubulala ke.

16 Xa umntu ubezikusela, okanye ebulele indoda erezeza nomfazi wayo :- xa kuko ubungqina bokuba umntu ube ezikusela ebcqalime ngapandle kwesizata isenzo saku sokubulala siyaxolelwa emva kwe-tjala. Xa umntu ebulele omnye abambambe emp-zini wake embambe erereza, lowo uya gwetyelwa nakombulu kutiwe akanatjala. Xa umntu acatshukiswe ngomnye nangalupina uhlobo. Kufuneka aye kumqungala enkosini angalwini. Xa ete walwa waza wambulala lowo ube enkatazile, unetyala kuaye ke ezaku gwetywa ngokubulawa naye ngokwasesikweni lesintu.

Ukulimaza

17 Kwenzuwanini xa umntu elimaza omnye? Xa ete umntu walimaza omnye lomntu uyadliwa. w Dukut-
tezi ka Dumiso walimaza w Ngonyolo ka Ngambu ngokuti amapule ngalo nge bungqiza. Ke laya kubelunga wadliwa w Dukut-
tezi. Ke wati xa ebeza ngalo yaku wacela w Dukut-
tezi uba mabasokuteta ekaya. Ke babuya baleta waza w Dukut-
tezi waywusaingalo ngenkabi yenkomo.

18 Umntu owapule omnye ingalo :- wadliwa inkomo

19 Umntu ongqumlu ingalo nokuba ngumlenge womnye
umntu owenge lonto naye utinjwa inkomo.

20 Okupe omnye iliso :- Naye uyatinjwa yinkosi
inkomo

21 Ote warobozwa omnye indlebe wasisitulu :- naye
uyadliwa inkomo zentimbo lento yolutimbo

22 Iwenkosi, ibiqubeka kakulu kudala,
kuba inkosi bezizenzela, zizipatela ngoku-
pala nangokowaze umntu, abantu bazo. Nam-
hlanje amatjala anjalo sele sisiwa kwi
Ojisi. yabelungu, ekuti ke ezozizi zonke
zityiwe apo yilo ukundla.

- 22 Indoda elimaze enye: - Esi ijilimaze ngokuti mhlawumbe yopule enye ingalo, isiwa eOfisini ematyaleni. Apo ifikayo igwetywe ukubanjwa ukuya ibuyiselele kanti imlimazileyo ngokuti icole nokuba ngamashumi atile eponi. Kodwa ke esiXoseni umtu owenze kanti ubekanjwa yinkosi umtu onetyala. Loke ulimaze omnye.
- Indoda elimaze umfazi: - Isigwelo, sikwanje ngasentla; indoda idliwa paya eOfisini kanti kanti yona yake wakelwe paya eKongweni ngelixa (Gaal) Indoda elimaze umkayo: - Umfazi inda wo angabalakela kuz xa elinyazwe yindoda zintu, yinkundla yakomkulu, kukowabo, nase Ofisini yamatyala. xa ebalakela komkulu, indoda leyo yake yadliwa inkomo. xa ebalakela kowabo umfazi indoda idliwa inkomo nguyise wenkomo. Kukwanjokunjalo nase Ofisini indoda igabanjwa idliwe imali eziponti ezintlanu nokuba lishumi leponi. Yonke lomali ingena eOfisini apo, akuko nto ayibuyiseleli wayo umfazi kuba akalwanga yindoda. Indoda ezenzakalisa umtwana: - Indoda ete yatimaza owake umtwana iye ixalwe, xa ite yamenzakalisa ngengozi, kuti we, imenzakalisile.
- 23 Ukwenzakalisa ngengozi ngabom, nangokufu mana enze umtu: - Ingozi yinto engezayo yangabom. Kuti ke xa kude kwacaca ukuba into yenzeke ngengozi, ati umenzi wayo avolelwe. Okwangabom xa umtu ate wacaca ukuba uyenze ngabom into yokulimaza omnye unetyala. Uyagwetywa uhlwaywe, akanye adliwe, ade enza nembuyiselo kumantu elimaze yona.

Ukuzimaneze umtu :- xa umtu enze ingozi ngenxa yokuswela inkatalo, nobuhem. hem. lomtū uyasolelwa, kodwa ake ayalwe ijinkosi mlunkiso. Nasemtweni kukwanyalo, nas. Ofisini uyayalwa acaciselwe ukuba wodli wa xa atē wafunda wafumana wenza.

Amanxeba okubetwa.

24 Umtu owenzakalise omnye :- xa atē umtu wama nzakalisa omnye wampalaza igazi, uyaba ingwa, agwetjwe ukuba ahlale etolongweni inyanga ezitile. Uti ke akupuma adliwe imali, nokuba ngawashumi amabini eponti, imali ke enikwa lomtū wopulweyo okanye ulinyazweyo, ukublawula igazi lake. U Dabiyane Ntjini wambeta u Nana Metula, wamcanda itambo lentungo. Bale bangisana ngenkomo ababengiselele yona Emntweni, kutiwe u Dabiyane ngeyenga mbetanga, ngeyem. mangalele. Wafakwa etolongweni ke u Dabiyane, wagwetjwa inyanga ezintatu. Uti ke akupuma wamangalelwa ngu Dabiyane, ngu Nana ngegazi lake. Wadlwa ke amashumi amabini eponti eOfisini.

25 Xa enze amanxeba :- a Bonakele Yolwa we hlaba u Dyantji ka Matyoboza ngomk. onto, kodwa akafa. Elatjale laqutywa kwanje ngeli lingapambili. Umtu nge bangwa, kanti xa umenzakali emanga lela ukupalaka kwegazi lake uyahlawule.

26 Xa umtu abetwe ngamanjindi okanye ekatjwe xa umtu enzakalise omnye ngenduku, okanye ngamanjindi okanye emkabile uyadlwa nokuba ziponti ezimbini,

nantlanu, ngokolohloba inkosi chande ngalo, ngokwchlobo letyala.

27 Ingozi :- xa umtu eyenze ngengozi into uyabona nwa, acacise ngobungqina obunikwa ngamawqina. Kuti ka xa kucacile uba yingqazi lonto, axolelwe yinkosi.

28 Into yangabomi :- Xa umtu emenzakalise ngabom omnye, uyagwetywa enkundeni yanatyala, obwaywe ngokudliwa inkomo yinkosi. Ezonkomo ziti ka zihla wile igazi, zityiwe yinkosi ngokwesiko lasiXosi.

29 Xa ebezihlanganisa :- Ukuba umtu upalaza igazi, pantu komgca wokuzihlanganisa lomtu uyagwetyelwa, xa kubonakale ubungqina obucacileyo kungenjalo, ugwetyiwe ngokwetyala lokupalaza igazi.

30 Umzekelo :- u Babina no Daluwonga abo baka Jongilanga babeli u Rwebazi umfo ka Dlekisi, bamqokeza itambo lomlenze, bamqgeba nenduma, bembhlanganyele. Bamangalclwa, baya babanjwa bakwato-longweni. Ekuphimeni kwabo badliwa, emnye wadliwa ishumi lefonti, ngenxa yokupalaza igazi. Indoda nomfaziyayo :-

u Baby Magwevana wabeta umfaziyayo wase Mamtembu, wamtho wazindumwa entloko. Umfaziyayo wamangala komkululaza ityala elo lagqitiselwa e Ofisini. Lita lakuba litelwa elotyala kwacaca ukuba uyayituka indoda. Lacitwa elotyala akwabiko ntlawulo macala onke.

Umtu ondala nomtwana :- Umfo ekutima ngw ngquba wati ebeta umfaziyayo wabeta nomtwana wake, wamtho wababangendlu.

umtwana zintlungu. Umna womtwana
 u mangcombolo wamangala entkosini, laza
 laqgitiselwa e Ofisini. Lati lingekatitwa
 ityala waza umtwana kwaza kwati kanye
 ngalemini yetyala waza u Ngquba ekuseni
 ke kwaziswa e Ofisini uba u Ngquba ufile
 laza ke laba liyapela ityala lingakatitwanga.
 Umtu nomtwana ongenzake: - u Lucas
 ka Mxoyana wabeta umtwana ongenzake.
 Elotyala lasiwa komkulu, nalabo
 labuya laqgitiselwa e Ofisini. u Lucas
 wadliwa e Ofisini iponti ezintlanu. U
 kwedi umfo ka Honono wabiza igazi lom-
 twana waku elazana lapalazwangu Lucas
 ke umfo ka Mxoyana wawangedolo, wacela
 uxolo, wasola inkabi emnyama yenkomo
 ukuxolisa umzali womtwana. Wati ke
 kuba u kwedi wayengenasixiba naye
 u Lucas wasola. Lapela ityala.
 Umtwana owalimaga omnye: - u Damsanga
 Mdwanja wabeta u Kolakele umfo ka
 Nobala yangaph ngezembe, watsho wafa
 kwangoko, pambi kukubajabo kwaziwa
 entkosini ingasusako nokuteta inkwenkwe
 Yaya kwangoko intkosiyajika yayipaka
 nisa, yati, "Kwedini, kuteni?" Kwagala
 ukuvina izwi layo isiti, "Lomtu undenje-
 nje, ngu Damsanga, undixabele ndinga
 lwanga naye, ndingenasigatu." Elotyala
 lasiwa e Ofisini, laza latitwa kakulu apo
 seyifile lonkwenkwe laza ke lalindela ijazi
 (abagwebi basem lungwini) ke elotyala
 lititwe ngombha wesine kulonyaka ka 45
 yagwetywa ke iminyaka ebisumi (Haw labou)

- 31 Ityala lokufa like liyekwe? Ewe, ityala lokufa like liyekwe, kodwa ke ngalamaxesha akudalana.
- 32 Xa umtu ejikusela? Xa bekusiliwa udiwumtu ejikusela, kusiliwa ngabantu abaninzi, umtu obulele omnye ubengenatyala ngokwakudala, kuba ubejikusela.
- 33 Xa egaliwe? - Umtu xa ebekatizwa ngomnye emgala, akwanatyala, kanti ke ngoku ubanetyala, kuba umteto uti makanzangale enkosini.

Umdlwengu.

- 34 Ityala lobudlwengu liyasiwa komkulu? Ewe, ityala lobudlwengu lisiwa esibondeni esiti ke sona ngokukhambuleza liligqitisele enkosini umtu olitayo aligweba, ngokwakudala. Ngoku ityala lobudlwengu inkosi itato ama-nyatelo ngalo iligqitisele eMzisini.
- 35 Xa umtu odlwengulweyo engaxelanga kwangoko ukuba umtu odlwengulweyo uti akaxela kwangoko, akubikotyala.
- 36 Ubungqina bomtu odlwengulweyo benele? Ewe, ubungqina bomtu odlwengulweyo benele xa atwakala kwazi kwati kwakuba kusu kelwe, wabanjwa bomtu, kwacaca ke ukuba wenze njengokuba umdlwengulwa exela, akube skangelwe.
- 37 Kufuneka ika imigudu yemizamo abanakalayo? Ewe, kufuneka ibanakale imigudu abeyenza umdlwengulwa lo.
- 38 Eli tyala liqwetyway inkosi? Ewe, ngokwentsi umdlwenguli uye aqwetywe y inkosi, ngo kwangakumbi xa inkosi wunyelwe ngo kwaselwa kulumenteni ukuba inagweb amatyala aye onku.

39 Uohlwaywa njani umtu oqompileyo? Ukuqonfa
 nokukipá isisw yintó engeninzi noko yona. Iti
 ukuba ite yenzeka, ngokwesiv Xosa lomtu ugwet-
 tywa ngokwesiv Xosa, njengamaqgwisa aqoswe
 eliweni afe, okanye abulawe nangejinye
 indlela. Kwelivesha ufakwa eTolongweni
 aze kodwa angalonywa, kuse kutiwe, "Isono
 sokubulala umtu wama wako, siyokelwa kuwa
 no Yiso wako." /

40 Isiqwebso xa umtu obetó umfazi wapuma isisw:-
 umtu obetó umtu mistifo, ufana ngwana na
 lowo ibulele omnye ngokwesiv Xosa. Uyabu-
 lawa, okanye agwetiywe nangalupina
 uhlobo, agwetiywa ngalo umtu obuleleyo.
 Ngokwesilungu umtu uyabanjwa ageinu
 e etolongweni, kungabiko nandlela
 yakuba angagwetiywa kuthwa afe.

Addendum to page 22 Section 26

41^(a) Ukubulala usana:- Ukubulala umtu noku-
 ba mdala kangakanani na, nokuba
 lusana, yintó ebiti ukugwetiywa kwayo, igwe-
 tywe kwangokuti, abulawe nalomtu ubu-
 leleyo, ngemini zekudala. Abanye abantu
 bati ngokufumana umtu wana ngumngqan-
 kwe, azame ukubulala nangayipina
 indlela. Amawele nezilimazifane zing-
 funwa ngangokude kufuneka zibulele we-
 zona. Omnye umfazi wazala umtu wana
 ongumngqakwe. Ute akangala eyedwa egadi-
 ni, wamembela wamngcwaba ehleli
 wafela pantei komhlaba. Kwati kwakufu-
 nwa, wafunyanwa umtu wana embelwe
 egadini. Umfazi ufakwe ityala, elati lai-
 wa ejajini. Ejajini ugwetiywe imyanga.

ezilitaba etolongweni. Emveni kolo ukutshiwe kwatiwa ityala lake, nesono saka siyekelwa kuye no Tixo waka. Ukululwe ke ukuba amazamane usazela saka.

Amzekelo wesibini yintombazana eyayi tshakazi eyati yamita. Ngesigatw soku ngafuni ukwahlutana nomsebenzi wayo yaya kwilizwe elikude, yajika imini yoba izale. Yati yakuzala ingumhambi yazama ukugoduka. Endleleni ite kye yamtata umtwana wayo yamfaka e pileni yayibopa yambeka yamshup yawamba indlela yayo se yakuvu la isikolo. Bate abahambi bendle la bayibona ipila nomtwana pakati sefile. Ngokuka Tixo kwati kanti w Mistress lo walibala elata yake kulo pila wapa walandeka umkondo womtwana ofileyo. Kwa xelwa e Nkon ni yaza yaya e Ofisini. P. Bapuma o Nongawe ayisuzwa abantwana bakhe Rulumente ^(police) baya bamfuma mana w Mistress esikolweni efunda sa. Bamtata baya naye e Ofisini waqwetywa unyaka etolongweni elle li nesosidumbu posana lake. Kusa abemnikwa amvase, amncanise nge dinnes anikwe amncanise awake naye esitrateni. Ngesosigatu wapa w Mistress luvalo, lokukla liswa nesidumbu.

42) Xa umtu etete kakubi komnye i- Xa ate umtu watela kakubi komnye, uyamangalelwa

eukosini, adliwe, isigweba saka seso sokudla
 wa ngenisa yokutuka. Nanku umzekelo:
 u Zulu ka Didi, wamangalelwa yinkosi yake
 u Julius Makalima ngokuti emtsheni, am-
 meli ngapambili, chamba nenduna yake
 u Lutoli ka Ngambu. u Ukosi lowo ke wa-
 nsa emtsheni u Zulu, ke wagweliwa ngo-
 kutela kakubi eukosini yake. wadliwa ke
 iponti ezimbini. Umzekelo wesibini: u Zing-
 we, u Nonjumanke no Nyenjine batukwa
 ngubona kele, waza wadliwa enkundleni
 igusha ezimbini.

43 Umtu oyoke ngomnye: - Umtu oyoke ngomnye
 uyadliwa, ekubeni emangalelwe ngobuxoki.

44 Umtu oyoke omnye: - Lentu uyimporo, oko ku-
 kuti, ukhlekisa ngomnye umtu, asintu
 intle konke. Umtu oyenzayo uyabelwa, oka-
 nye amangalelwe, kanti ke ematyaleni
 paya komkulw woti adliwe. u Batayi wafa
 xa isibonda u Lutoli chamba nepolisa ema-
 simini, ngokusuka abe ekwaza esiti, "Keji,
 akhlekisa kulantsimi." wadliwa u Batayi
 ishumi lesheleli ngalonto.

45 Imeko ezenza ukuba umtu oyoxwayo atale ama-
nyatelo: - Xa umtu ecathukiswa ngomnye
 nokuba kungokuxwaya nokuba kungoku-
 tukwa nokuba kungandlela nina, lomtu
 angatata amanyatelo xa ete wanomsinda, wa-
 capuka.

46 Ukucapuka kuzo maphesha onke? Umtu utata
 amanyatelo akuba khlekiswa ngaye, xa ete
 omnye oho ngokumqhele ngento angajifunyo
 efana nesitaka kuye.

- 46 Umntu ucapuka masesha onke? Ewe, umntu utata amanyatelo xa oninwe ngomnye.
- 47 Xa kutetwa njani? Umntu ushukuma xa ehletye we, kwatetwa uboxoki ngaye, kwaza kwaka amangquma okuba lomtu abe eyitela lonto ibubuxoki.
- 48 Utata amanyatelo xa epoxwe njani? Umntu utata amanyatelo akuba kuhlekiswa ngaye xa omnye ete zho ngokumqhuba ngento angayifumayo efana nesituko kuye.
- 49 Ezingxabano zipeliswa njani? Inxabano leyo ayipeliswa ngabo bantu basabanayo bodwa, bayangandwa ngabanjane.
- 50 Pakati kwentsapho zabo: - Xa abantu okanye abazali babo bevene, ingxabano yabo iyatetwa ipela zjini, oko kukuti, izizalwane zabo macala omalini ziyawuxoxa lomcimbi ngwetywe ipela.
- 51 Zitsetwa enkundleni: - Ezizintlo zokuxokana okanye ukuhlelana, ziyatetwa e(O)fraini, xa zilo azabimakutobozeka enkundleni, okanye xa omnye ebenile emasa kwesigwebo esiwiswe iinkundla yakomkulu.
- 52 Zigwetywa njani? Indlela ezigwetywa ngayo ezizintlo kukudlwa, nokohlwaywa, nokutetiswa, ayalwe. Ixomekeke enkooni ngokubona kwayo uhlobo lwetyala.
- 53 Uyahlawuliswa? Ewe, umntu uyahlawulwa umonakalo wake awenzileyo.
- 54 Xa etaruzisa? Ewe, umntu uyaxolelwa xa etaruzisa, yinkosi ngokugonda indlela yetyala nokuzitoba kwake ummanqalelwa.
- 55 Ngokubetwa? Ewe, inigwebo somtu ngelinye inesha siba kukubetwa, okhwaywe.

56 Inkosi yona yaniswa nabantu? Inkosi yona ayifane nabantu nje. Kwintlo yonke yona nesibonda, ipatwa ngahlobo lumtu, nokuba yenze ntonina. Inkosi iyamtuka umtu yona kanti lonto asinto yanto, kuba ngumtu omkulu. Nejobonda zipatwa ngentlonelo nembeko, kuba kalokuqinqumlo noma we-
 Inkosi. Lonto yenza ukuba iti nokuba yonile induna esayo sigwebo singayidlakage. Iisi nje ngabantu nje.

57 Ukutatwa kwamanyatelo kubazali; - Umntu senti zekutatwe amanyatelo ngezinto zake kubazali baka, ayise nonina, abe akabani-ki nleko umtwana lowo. Kudla ngokubizwa imilowo imteliwe umtwana lowo, kanti ukuba akera, womangalelwa enkosini, kude kuye nase Ofisini, apo wogwetijwa kona.

Ukonakala kwentombi.

58 Kuhlawulwa bani xa konakale intombi? Xa umtwana oyiintombi, onakalisiwe ngumfana, kusuka abafazi bontu belali, bayo kutatwa inkomo yesihewula. Lonkomo ke iqulijwa ngabafazi, baye nayo kokwabo ntombi leyo yonweyo, ixelwe apo ngabo. Iiko lelokuba ixelwe ngabantu abadala bodwa. Ayidliwa mpela lulutsha.

Umzekelo :- w January Lupondo, wonakaliso w Nomantombazana Tungata. Zesuka imazi golusw (abafazi) zarakala zisombela ingoma yesihewula zaya zakufika kwa January enkundleni, zaketela cyona ityebileyo nentle inkomo. I ntombi yayiko naye, ikamba ze. Befika

bayiquba lonkabi intle ilubelu yaya Kuxela
lwa kwa Babana Jongilanga, apo intombi ya
yihlala kona

59 Xa intombi yoniwe, ingamitanga, iyahlawulwa?
Qwe, isiko liti xa intombi yonakaliswe ngu-
mtu, kufuneka ihlawulwe ngo kwesiko
lesi Xasa, nokuba ayimitanga intombi leyo.
Umzekelo :- uFebruary lo uxelewe ngentla
wayengam - mitisanga u Nomantombazane
lo. Kodwa wadliwa inkomo yesihewula ngo
ko Kanye engamitanga.

60 Kutiwani xa lomtu wone intombi engelutanga?
Ukuba unonakalisi wentombi leyo, akabu-
kanga (uncircumcised) kugqitywa isiko lesi
hewula, elicazwe kulombuzo we 58
ungentla. Umzekelo :- u Xigwana ka
Nongentla wati yinkwenkwe wowa u
Mveni Tyekela. Yataki inkomo yesihewula
ngabafazi njengesigelo ne siko. Kwagqitywa
ke ngolohlobo seluxeliwe. Ukuba ^{intombi} ~~wone~~
ibanjwe ibelele komtu, iyakangelwa nga
bafazi uba ayonakalanganani. Ukuba
ifunyanwa yonakele intombi, inonaka-
lisi lowo uyadliwa. Ukuba kufumanise-
ka engayonanga, akenzwa nto, kuba
yintombi ahambisana nayo eyaziwayo.

61 Ubungqina bokonakala kwayo intombi :- Ngo-
xa limbi, intombi iyazixela ukuba yonakali-
okanye ibonakali kwasegazini layo, xa
ijongwe ngabafazi, bati ke bakuyinxela
bayikangele, bayiqonde. Xa unu-
mitisi eyikanyela, kudla ngokufongwa usana
mhla lavela, ukupana kwalo nojise o-
kanyelayo. Ukubanjwa komtu esenza iso-

nzo eso akuteli'nto, xa semtu ebanjwe nomtu
ametsha nayo. Inta eyenziwayo kulomeko,
kukuyikangela intombi leyo, kuti ukuba
yonakele kube ubungqina bonela. Ubu
ngqina hono bozungeka xa umfana ekanye
la, nava kude kwesivanasematyaleni nge
nxa yokukanyela kwendoda leyo.

62 Imihlabo yokukanyela ityala lokumitisa:
Umtu unawo umhlabo wokukanyela, xa ebe
ngaziwa uba intombi uyametsha nayo. Uyi
kanyela nava ~~ebengeko~~ yaza intombi yayeka
ukuya enjengenisi esemlingwini yena em-
sebenzini ekude nayo. Unako nokuti ubenge
yedwanga entombini apo.

63 Amatyala okoniwa nokutai kwentombi esiwa kwa
senkosini? Tyala lokonakala kwentombi
nokuba ~~intu~~ ayimintanga, letelwa yini
lowo emakaya. Ukuba kurisiswene ngaba
zali balantwana abo, lonto ipilela apo
pakati kwemilowo leyo. Ayida iye entosini
nasesibondeni, xa kungabangako mbambano
nakufika, kumenziwalonto.

64 Ukumitai ekaya: Ukuba intombi imitele ekay-
iti yakuzixela kuninwa, kupizwe intlangeni
so yabo bonke abazazi balonzi, nabo bonke abaza
lana nonzi lowo. Iyabuzwa, incinwe, ido ulele
umtu oyimintisileyo, pamli koba lonto isiwe
kubazali bomtwana abangamadoda.

65 Kufuneka intombi imsele umtu oyimintisileyo?
Iwe, xa intombi imiti iyanyanzelwe uba ma
yinxele umtu oyimintisileyo. Ngamanye
amaxesha, amantombazana ayaba tyola
abantu bengenzanga nto. Intombi iti ugele
nye ivesha kanti ibe imetsha wabantu abo.

unzi. Iti ke ngelinye ivesha ingabisa amcama
 oyena nyenze ngima, ifumane ixeli nokuba
 ngubaniwa. Ngelinye ivesha iti kanti itongi-
 we ngumtu oyenze ngima, esiti mazi ingamxeli
 ixeli omnye ubani, ezama yena ukusunda etya
 linu. Kungenjalo intombi le isuka itande umtu
 otile ebimetsa naye, iti ke ngokugonda uba inga
 fumana ukwenda okhulu kuye, imtyole nokuba
 akenzanga nto.

66 Xa umtu one intombi: - Intombi xa yonakele, la-
 nto elityalo elihlawulwa ngenkomo, ngulowa
 uyonakalisileyo, nokuba itiyaba imiti oka-
 nye yonakele nje njmitanga. Uti unina aku-
 yibona ukuba yonakele, abize abanye abafazi,
 baputima inkomo yesihewula kulonizi wakulo
 ndoda yenze bonto. Umzekelo 1: - U Mlungu ka
 Hlosi, wadliwa ngentombi ka Ngcwangu
 owayeyonile. Abafazi balonzi, bati bakuyigo-
 nda ukuba intombi leyo yonakele, pozu inga-
 mitanga, bayakugabai inkomo yesihewula
 eyati yayakudlelwa apo kwa Ngcwangu.
Umzekelo 2: - U Jonathan Makalima, wani-
 tisa intombi yakwa Miza, waselenyuka
 mengalo, eyizeka, yabangumfazi waka.
Umzekelo 3: - U Elias Nongcula, wani-
 tisa w ganet Mzimba. Ke wambanyela uba aka-
 mitiswanga nguye. Ngenxa yobungqina
 wahlawuliswa u Elias. Laza igama lomtu-
 na kulonina wangu mpidwa. Uti umtu-
 wa akuba ndala, wafuna ukuya kuyese
 u Elias. Uti akafika wambanga ngoku uyis-
 wada wamolusa wakupa nenkomo yesond-
 ukuba intombi yonakele kuhlawulwa inkomo
 yesihewula. Intlawulo ila yinkomo enye.

yabafazi, eyesihewula. Akuko sohlwayo sumba ngapandle kwenkomo yesihewula. Banyanze-
lwa ukuba umtu matakshati nentombi xa eyonisa kanti xa etanda ukunyuka nengalo ajitshate njengo gonothawo, kunyanzelekile uba aji-
sole inkomo yenqutu. Ukuba abatakshati bayaye kwaw, abanyanzelwa. Kugqitywa inthawulo nje, kuhlalwe. Umitiso nesondlo: Ukuba umtu u-
mitisile, uhlawula inkomo ejintshani. Kanti kwakona kunyanzelekile ukuba arole inkomo yesondlo yontwana lowo waka. Akuko sondlo si-
sesinye, ngapandle kwalonkomo isiswa kuloni na wontwana aye ke akulubelwe kowabo umtu.

67 Iba ngokabani lonitwana? Umtwana wesisu ngowayise wentombi, utiliza lalomzi wakulo-
ntombi leyo, kodwa xa angahlawulwanga. Uti ukuba uhlawulwe ibe ngowendo da leyo imi-
tisileyo. Iti ke akuba mdala imlawde umtu na lowo kulonisa, ikupha inkomo yesondlo, imta-
felo kuyo.

68 Inkomo gantlawulo zezikabani? Inkomo ezize-
ntlawulo, ziyakulontombi ezine, kanti eyesi-
hlani isala komkulw, xa ityala lido leza-
enkundleni. Kutwa lonkomo inye isala kom-
kulw, ijinkomo yenondlo ukubizwa kwayo:

69 Kuhlawulwanton, xa ititombazanale yapu-
ma isisu, okanye yazala umtuwana waza?
Ukuba intombi ipume isisu, okanye yazala
umtuwana ongasekoyo, ityala liyapela um-
mitisi akahlawuli, xa ebengekahlawuli eso-
sisu. Ukuba uyatanda angahlawula, kawa
xa engatandi akamakunyanzelwa bani. Yiso
lento idala ukuba ati umtu akuba emitisile,
acebise intombi leyo ukuba mayiqomfe kupela

ityala.

70 Xa intombi imitisewe okwesibini, iyahlawulwa?
Ukuba intombi imitisewe ngumtu, lomtu ukhala
wula inkomo ezentlatheni. Ukuba upindilewa
yimitisa urola zibene, xa epindile kwakona
zibantathu. Emva koko akuhlawulwa uzakela
ukowabo, ka ngokuqondile ibizwa ngoba yi
nkazana.

71 Bakona abantu abavamela uba intombi zaba
zowakaliswe, ngenxa yoba befuna intlanulo?
Hayi, akuko mtu ukuqumela intombi yaka
imite, ngenjongo yokufumana inkomo zesisu
Wonke umtu ufuna intombi yaka yende ka
kukhe, ukunge ifumane ikazi. Akuko mtu uku
ayifume mpela intayomiso emtwaneni wake.

Urexezo.

72 Indoda yenzani xa isabela uba umfazi waya uyax
xeza? Indoda xa isabela ukuba umfazi wa
yo uyaxezeza, iyaxlinoda, imgade, ide im
bambey, ifumane intlouze kutombu ubexe
xeza nomfazi wayo. U Nopoliti wati kanti
uyaxezeza no Mangwane umfazi ka Paul
w Paul warora waza waya emsebenzini,
ekubeni elapo, umfazi usuke wamela,
kwati kwakubuzwa wavela ukuba ngu
Nopoliti lo um-omitisiteyo.

73 Yenzani indoda xa imbambe nendoda umfazi wayo?
Ukuba umfazi ubanjwe e-rexeza nenye
indoda, uyabakwa, kutatwe nentlouze.
Kudala bekungoko tyala nokuba ufike xa
indoda leyo inentlouze isiqinisiso payo em
tyaleni. Umrexezi lowo uti abanjwe asinwe
esibondeni esiti ke sona sinse enkosini
kutetwe tyala, ukuba ngumbambi uti

Iyatwa asiwe entosini yake kowabo api ityala litetwa kona. Ukuba lomtu uzalana nendoda, uyabanjwa ukuze ati akube edliwe, arole nenkomo emdaka yokuhlamba umbulo lowo bawenzileyo. Umbulo ke kukulalana kwabantu abazalanayo benze iyala. Nawupina ke umtu ozalanayo nomfazi nokuba yendoda, oti uzalala nalomfazi, weng umbulo, oti ke ugutywe kwangoluhlobo se luxelwe ematyaleni paya.

74 Litetwa pi ityala lomtu osezileyo: - Ukuba kuko umtu obanjwe ezeze nomfazi womnye, elotyala litetwa entkundleni yamatyala komkulw paya. Ukuba kuko obenayo entkundleni, elotyala litetwa ke ngokwe Ofisini yase si Lungwini apo ke lipelela kona. Umzekelo 1 u mfombi ka Yolwa wabanjwa ezeze nomfazi ka Josisini wabetwa wababeka kangafumane kanga ntlo nge. Ityala livele msa ngokusuke ngoku ammitise. Wadlwa akube elivumile ityala komkulw inkomo ezintlanu. Umzekelo 2 u Nopoliti wamitisa umka Labu kutsa. Ityala lisiwe e Ofisini apo ade walivumile ityala waza ke wadlwa inkomo ezintlanu.

75 Isiqinisiso sozeze: - nasi isiqinisiso sozeze zo sesokuba umfazi amkombe lomtu, okanye amite amsele, okanye kubanjwe intbonze (Intonyomerezezi lowo uzindoda) kukufana komtwana nalomtu uzindlwayo okanye ukanyelayo kanti ke nokumila komfazi indoda ingeko ikwa sisiqinisiso.

76 Indoda iyamenza omfazi wayo axele umtu ammitisileyo? Indoda itikuba umfazi umiti, embete ade axele lomtu ammitisileyo. Oko kanti uyamnye uzela ke ukuba axele lomtu ke ibubungjina xa ade.

K11/40

wawuma umfazi.

- 77 Ukubhalileli ixesha elide ingako, siyamangala xa emiti umfazi? Ewe, umfazi akufuneki asereze, nokuba indoda seyibaleli iminyaka eminingi emlungwini. Ukuba usereze elarexe lake luya kudlewa, lakubanjwa.
- 78 Kuhlawulwa ntoni xa umfazi eserezele? Ukuba umfazi uti akusereze kamitā, usere lidliwa inkomo ejintlanu. Ukuba akamitanga zintatu.
- 79 Amadoda enza ntoni ukukusela usereze abafazi bakho? Usereze emfazini waka umtu ulutintela ngokunyanza myala umfazi xa ngaba uyemka uya emlungwini. Abangaki abantu bayayenza into yokuti kanti xa amkayo, umshinga emnyangile umfazi, ukuze kiti indoda eke yabala naye ife, okanye yenzakale. Endlini xa umt selebonile ukuba nini kanyange unyanza isikundla esi saka ukuze ati umtu oke walala nonkake esikundleni saka ajele apo lento yokubekela umtu yenzeka kakulu xa umtu ati waroreka akubeni uyasereza nonfazi womtu, mhlawumbi ekwabanjwa, waga akayiyeka lento. Isikuselo: Umtu xa efuna ukuba angaze wabanjwa ekuserezeni, unxiba imiti anyange isiqu esi saka ukuze abe ventlelazi. Kaxa ayayoke kumhlobokazi lowo wake, uyazibila, aziqimisele esenzela ukuze angakionketwa kwa zizinja, asinde nasekubanjweni kanjalo.
- 80 Bohlwaywa njani abantu abasereze nabafazi bentosi? Isohlwayo somtu obanjwe esereza nonfazi wentosi, uyatingwa, ade ngamanye amaxesha agxotwe elalinyentosi leyo, abasele kwindawo zimbi. Kanti ngokwesiko akutingwa

lontu usereze nenkosikazi yedwa kutinjwa neji-
zalwane zake zonke ezikulolali.

- 81 Ukurezeza nenkosi :- Inkosi kwa Xosa ngum-
tu ohloniphekileyo kakulu, ekuti nokuba yenze
ntonina, kanti akuko mtu unokuzi abekise
nelimodaka. Ukuba inkosi ixereza nomfazi
wontu omnyama, indoda yalomfazi isuka
stule tu kuba lonto yenziwayinkosi. Uku-
ba wumbi ubani ate wayibanba inkosi
kutiwa ukuvakaliswa kwalonto, kuxelwe mtu
wumbi, kutiwa kubangwe yena, naye ke
angakanjeli. Ayidliwainkosi ukutshe oke
- 82 Ukurezeza komhlolokazi :- Ukuba umhlolokazi
obujelwe yindoda, ukhembisana namanye ama-
doda, lonto ibizwa nje ngokuba kukurezeza.
Isikake bona umtu ofelwe yindoda, kugokelelana
umitowo, aketelwe umtu kwalapa kalomzi amlele
ukuzi azalele kwalomzi (engale umfanzala) Elidika
loku Ngana elisuka kude ke koke betu.
- 83 Likona ixesha eliti usereze luwunyalwe? Ejisuseni?
Kazi akuko nasmye isisusa esivumelayo ukuba
umtu lo angoreze. Ito elidika yona kukuti, paya
kuzi ntongane, intombi zabuwe, zilalwe ke ngabo
bantw zabelwe bona kanti nangoko ate wayona
intombi yomtu wodliwa. Abanyake basuke
benyuke nengalo, ibe intombi leyo izuzana nokwe-
nda njalo. Akuko kurereza apo kuba zintombi
ezi. Kona, akuvunyalwe nakuyipina imeko
ukurezeza, umtu ade aye kufa.
- 84 Likona ixesha eliti usereze libe netyala elibi? Ewe,
kuti xa ate usereze walwa nonnini mfazi, ngo
kungakumbi xa ate lo ungumninimfazi waze
zana nokwenzakaliswa ngulowo ungumreze
naso ate umninimfazi wazuzi intlonze paya

eseleni. ngezozigatu, uresesha luba netyala elibe.
ukungcagca

85 Amatyala abantu abagcagca nabazazi babanyei-
 u Ndlela kwama wabaleka nomfazi ka Mangali
 Yena. u Mangali wati akumfumana umgqo
 ikuba uku Ndlela wam. mangalela enta-
 sini u Bushula. Wagwetywa u Ndlela, wadlu
 wa inkomo ezintatu akuba eyaluse, kwatiwa
 wodliwa ngapuzulu ukuba uke wapinda wa-
 ntata. Kwati kwase matyala leni apo, kwacaca
 ukuba uyise walomfazi, akamfuni u Ndlela
 kakade ufuna intombi yakhiyo kwakumye-
 ni wayo u Mangali.

86 Isizathu sokungcagca kwalo, nalabo babaleka kona
 Isizathu salento, yayilutando, pakati ka Jessie
 umka Mangali u Ndlela. Basuke batandana
 (they fell in love) kwabonakala ukuba umnin-
 nafazi lo, uyashiywa ngu Ndlela ngesoyay-
 lase litateleka ke ihulekazi elo. u Ndlela wa-
 baleka naye lomfazi, waya kumjibha e-
 Phh bakulo.

87 Abazali baka Ndlela nabomfazi: - Bonke abazali
 (imslawa) bababantu bajicasa lento, kangango-
 kuba, uke umyeni akuya kujixela lento ebu-
 kwini baka, kwesuba uyise wentombi waka
 nabo nonyana (umkwenyana) weza naye enta-
 sini, ezokuxela lento. Inkosi ikhipe induna
 zayo gayakuntata u Ndlela nabomfazi, bazika
 konkulu beyethwa ngamahashi, uyise, e-
 lapa konkulu.

88 Elatyala latetwa pi? njani? Ityala latetwa
 Konkulu. Wagwetywa u Ndlela, kwaza kwa-
 kutshwa umsila, ukuya kutata intlawulo
 kwa Ndlela.

89 Kwahlawulwa? Ngantoni? Intlawulo yaba zintu ma ejintatu.

90 Yaba yintoni isohlwayo sendoda? wehlwayo nje ni yena umfazi? Isohlwayo endodeni, yaba ku kudliwa ezontkomo zha. Akuzange ohlwayo yena umfazi, wayalwa nje ga yinkosi, kwa-Tiwa maze angabe apinde uyenge lonto.

91 Mabuyela endodeni yake umfazi? Ewe, wabuyela endodeni yake, u Mangali.

92 Benzinani abantwana? abantwana abo babe ngabendoda, akukho yenzwayo ngabo.

Izonakalo, empahleni yomtu: (Ukutyolozu)

93 Kwenzuwa ntoni ngombu ongeni egadini yomnye? ukuba ubani utyolozu entsimini nokuba kusegadini yomnye, lowo unetyala. Umninintsimi usu-ke aye kum-mangalela entosini, lowo wenge lonto, agwetjwe yinkosi, nangakuphina uhlobo.

94 Xa impahla idle okanye yaseta apo kungawumelekanga ukuba impahla idle okanye yaseta apo kungawumelekanga, iyabanjwa ngabantu bakomkulu abazinduna. Abantu bazo ke bayakuhla wula komkulu, ukuzi zibe nokukhululeka kubantu bazo.

72. Kufuneka kubedeshwe sasinye okanye zonke xa kubedeshwa izinyanya, zibizwa zonke.
73. Kuyangqulwa xa kuzala umpazi, xa kutshintshwa igama? Xa kuzudukwa? Xa kufiwe? Naxa kuxatywene? Ewe, xa ukuzala kompazi kuxhamba igama, kuyangqulwa, kusiwentkomo emnyango, kucanyagushwe xa kutshintshwa igama, kuyangqulwa. Xa kuzudukwa kusijwa kwelinye inkomo kanti kwakuba kwakiwe, kwagqitywa, kuxhelwe, kusilwe, kubingelwe, kubakaloku amaweli makazi ngokw apo sikona. Xa kuxatywene, naxa kufiwe naxa kuka into elahlekileyo, kuyangu-lwa izinyanya.
74. Ungulo lwabafileyo ludibene namangcwaba?

ungulo lwabafiliya, aludibene ngantō nama
ngcwaba abo.

75 Ayagcinwa amangcwaba? Amangcwaba
agcinwa xai asematsha kupela. Akuba
madala akukonto yenzwayo ngawo konke
abantu abawalindayo bawalinda ngoko ke
asematsha. Abahlali kufufu xai selemadala

76 Kufuneka egciniwe? Ewe, agcinwa ngoko
asematsha, onke iye akuketwa mangcwaba
ateni.

77 Kufuneka akunjulwe indawo akuyo?
Ewe, kufuneka aqolako ekunjulwa ama-
ngcwaba, indawo akuyo.

78 Kuko zinto zingcwalisiweyo ezigcinwayo?
Ewe, zika izinto ezitile ezingcwalisekileyo
ezigcinwayo enzini ngamnye, ekuti ka
xai kwenzuwa amadini nenkongo,
zokubingelela, zisetyenziswe. Iniko-
nto yenye yezinto ezisetyenziswayo kula
madini okubingelela.

79 Izidanga? Ewe, izidanga nentsimbi
ziyagcinwa ukuge zisebenze xa kubinge-
lelwayo.

80 Izihombo? Ewe, imixaka nezinto zoku-
homba ziyagcinwa ukugcinelwa imi-
hla yamadini.

81 Izinto zokwenzela inwulu? Izinto zokwenza
inwula ziyenziswa ziyagcinwa, ukugcine-
lwa lomihla yokungula kwenzinyanya,
ngokubingelela.

82 Zigcinwa ngubani? Ezimpahla ke zonke
zigcinwa ^{ngumntu} onkarlw kulawonzi, okanye xa
kungoko mtu mkulu zigcinwa yemihlaba
yalo nzi.

- 83 ~~82~~ Zikona inkomo zokunyula? Ewe, zikona inkomo zokunyula ezinje ngenkomo zobulumga.
- 84 Izinyanya ziyayazisa into eziqinayo? Ewe, izinyanya ziyayazisa into eziqinayo, nezujinqwelayo.
- 85 Amatongo ayalata abonisa kwinicimbi enje ngokunyula inkosi entsha? Ewe, amatongo la aji mimoya, ayalata, ebonisa kwinicimbi enje ngokunyula kwinkosi entsha.
- 86 Liyavela igama ngokwasematongweni? Ewe, xa umntu ezakutiywa igama ulibona ngokwakazi cingele, kanti ke izinyanya zinxelele igama lo, nokuba kusematongweni nokuba kungokukiamyiselwa ngandlela zimbi.
- 87 Ziyababambela abantu abasahleliyo? Amatongo ayabatyelela abantu abasapelayo eze nje ngesitwanyana neta lupina uhlobo.
- 88 Amatongo ayamkelwa? Nyani? Amatongo ati akufika amkelwe ngobubele. Apalazelwa igazi ngokuti kumkelwe inkomo, nokuba yigusha nokuba yibokwe.
- 89 Iritiro esiintloko
- 89 Ikona inkolo kwiritiro esiintloko? Uko w iwo wesintu ogama lingu lamata, w kumkaini wohlanga nabantu jikelele. Lo ke, yintloko enguyise, nondeali wolutu lonke lwehlabati.
- 90 Uhlala pi? u lamata lo, u iwo wohlanga, ungumoya ongabonwayo ngeliso, kwanjeng iwo lo ukonzwayo namhla. Unguyise wazi zonke izinyanya, elona shologu liyintloko kwamanye onke amatongo la. Akanandawo kuyo yaziwayo, kubal ubonwa ematongweni akube umntu elele. Uhlala kwelemimoya

indawo ke engabonwa ngaliso lanyama.

- 91 Unawo umandla? Ewe, ngu Sombando lo Yiso, kuba kukonzwa yena yedwa, kutenjelwe kuye, kuy yonke into.
- 92 Ngumdali? Ewe, ungu Mdali lo Yiso, kuba kukonzwa yena yedwa kuba kalokwabantu bakudala babekolulwa ukuba umntu udlwe ngokiko, ekumleke ukuba makabe u Hamata, yayelilona Tongo likulu, lawela tanci kwamanye emakube balingu - Mdali woluntu ka.
- 93 Ulawula yonke into? Ewe, u Hamata way lawula lonke uluntu.
- 94 Wenza kuneli, okanye kubalele? Ewe, imvelo, abantu babekolulwa ukuba isina nje, kungokuba kutande okoko, okanti ke xa okoko abafayo betshikile, ubhanga loba kwi-inbandezelo, enye ngembabela ezi, kwenzinye.
- 95 Izinyanya ziyazijonga into eyenziwa luluntu? Ewe, izinyanya, ziyazijonga kabukali, iginto eyenziwa luluntu.
- 96 Kuyneka isimilo esihle? Isimilo esihle yinto efunekayo, kuba u Hamata uyamshikilela lowo ungenasimilo.
- 97 Uyobhwaya abonayo? Abone njani? U Hamata, uyamobhwaya umntu xa esenzayo no. Xa umntu engazibi xa eplwe, uyobhwaya. Xa umntu ephela ngazo inkomo zake umabona awake, nelifa lake, uyobhwaya zizinyanya, e Yiso.
- Iminye emimoya: engengabo okoko:
- 98 Imimoya emitini: - Emitini akuko mimoya injalo. Imiladjeni paye ezizibeni nasemacibeni ikona mimoya engezinyanya.

99. Amagama aze: - Icanti, abantu bomlambo, isiporo, umamlambo, u Tikolasha, u Kili, impundulu, ingwenya.

100. Imbonakalo nentkangeleko, nesimo sayalemimoya. Icanti yinto ehlala emlanjeni, liti apo lipu me kona, kanti olibonileyo nyo kwenzakala elane. Liyajika libe yimali, okanye libe zi bhakile, okanye izitya, okanye amaganda, okanye ibhayi emhlope. Yinto ekwaziyo uku- genga nawuphina umhlaba wento. Dinengoz ku xa umntu lo clavile. Icanti, likwangu- mamlambo, kuba kaloku lihlala emlanje ni, yinyo ~~ezijikayo~~ ibe zizinto ngezinto. Umamlambo ke licanti elingasahlali mlanje ni, elito lafuywa ngumntu. Liti ke lizenze umfazi walomzi, kanti ke, kolungayonke into kulomzi, inkomo, amasimi, umzi, ite into esuka ingelungi ibe yintso apo yalo- mzi. Nayo umamlambo uyajika abe yinyo ka, kanti uyakwazi nokujika abe yintombi entle elubhlekakazi elumanzendonga.

Abantu bomlambo: Ngabantu nje, bazama nomt bahamba ge, bahlala ezizibeni, banonzi waba apo ezizibeni, kwenziswa yonke into eyenziway ngabantu. Ababantu ke, kutwaswa ngaba kuba umntu ozakuba ligqira, usiwa kono ezizibeni ligqira, afakwe, kanti ke wotwe swa ngababantu. Ngabantu ekutiwa banhlope, banenweli ezinde eziti wamlibe ngemvasapa. Babonwa nge magqira, nabatwasayo.

Isiporo yinto engualito, ebonakala ngati ngumntu otshayo. Imbonakalo ingemalimbo onke omntu ohamba engenayo ~~ngam~~

le, kubugoso banwatambo atshayo. Lento
 ibonwa ngokuhlwa. Injansukela umntu
 imbetē ngempama, idlale ngaye ubusukela
 obu. Setanda emangwabeni, nasezicawe
 ni, kuba kutiwa ngumntu ovuke ebejile
 emangwabeni. U Tikoloshe kwa ngu Hili
 u Galikango. Lento ayibonwa nokuba ingene
 apa endlwini, ibonwa ngabantwana
 bodwa, kuba inembokotwa ehlala emlonye-
 ni, ebanga angabonwa mtu. Mfutshane
 ungangabantwana, popu endala, Lise-
 la elibela abantu elo. Uba imali, amaga-
 nda, nezinye izinto. Tibela umntu wakho
 wo umfuyileyo. U Tikoloshe ukolisa uku-
 fuywa ngabafazi. Iompundulu yentaka
 yezulu. Ifuywa ngabafazi, batakale ngayo.
 Iti xa ibulala umntu nokuba yimpahla
 kududume izulu, kutiwe ke iyiso iyadla
 lisa, efibela amapiko ayo. Ihlala ema-
 jini. Xa ikona emzini, kubonwa ngokuti
 umzi ngubeki, upele ukuza oku, kanti
 ke yiso iyababulala. Iingwenya sisilo
 samanzi nasemacibini amakulu. Yimp-
 ka yaseSwandile le. Ihlala kwegoyekka
 iyo iziziba. Umtu iyabizwa yingwenya
 xa yakuba ligqirar, kanti nenkomo iyabi-
 zwa. Kutinwa usuke umntu abone iliso eli-
 bonnen okwesibane aye ke alitande ekude-
 le, aye kulo kumntu, kanti wode angene esi-
 zibeni esingwenya, engaziwa. Iimizo
Iomilozi yinto ati amagqiso atwase ngayo. Yint-
 ekutiwa imilozi (amakosi ngagama limbe)
 ihlala faya jezulu endlwini xa kuvalelwe
 ukukanya, kunyama, iye itete yontemba

No 100 continued:

inyama le, kubungxakolo bama-
tambo atshayo. Lenti ibonwa ngokahlwa. Iyama
kela, imbeti ngempama, idlale ngayo ubusu
ku obu. Itanda emangwabeni nasezicaweni
kuba kutiwa ngumtu ovuka ebe file
emangwabeni.

U Yikoloshe kwa ngu Hili u Gilikango
lenti ayibonwa nokuba ingene apa endlini
Ibonwa ngabantwana bodwa kuba inembo
koti ehlala kumnyeni ebanga angabonwa
ntu, mputshane ungabantwana,
pozu endala. Isela elibela abantu elo
ulo amaganda menali nezinye izinto
abele umtu wake lowo umfuyileyo. Uko-
lisa ukufuywa ngabafazi u Yikoloshe
Impundulu yintaka yezulu. Ifuywa ngabafa-
zi, batatate ngayo I ti xa ibulala umtu nokuba
yimphala, kududume izulu kutiwa ke iyayo
iyadlalisa ibeta amapiko ayo. Ihlala emazini,
xa ikoyo emzini kubonwa ngokuti umzi ugubeka
upele ukufa oku kanti ke iyayo iyabulala.

Inqwanya sisilo samanzi nasemabini ama-
kulu. Yinyoka yiswandle le. Ihlala kwezoyi-
kekayo iziziba. Umntu uyabizwa yinqwanya xa
ezakuba ligqisa, kanti ngokomo uyabizwa,
kutiwa umtu usuka abone iliso elibomvu okwes
bane, alitande, ekude le, aye ke aye kulo umtu
kanti wode angene esizibeni esinengwenya engaziva.
Emilozu yinto ati amagqisa atwase ngayo.
Yinto ekutiwa emilozu (amakosi ngama limbi)
Ihlala paya pezulu endlini, xa kuvalelwe
ukukanya, kumnyama, ijitole yonke into pozu
nokuba kuyakanya, xa sikuba umtu eyokwam

K11/40

sa, kwigqira lemilozi.

- 101 Ziyabonwa ngabantu? Icanti, imilozi, utiko-
loshe nempindulu, ziyabonwa ngabaninizo, aq-
bonwa ngumtu wonke. Icanti lebonwa ngumtu
owelamileyo. Umamlambo ubonwa emizini
apa ngumninewo, onnye umtu nje ombonileyo
udla ngokwenzakala. Uyekoloshe ubonwa pay-
endle, xa amakwenkwe esalisa impahla,
amane ecela izapolo. Impindulu ibonwa
• ngumnikazi wayo yedwa apa ekaya.
Imilozi ihlala entungo kulondlu monnikazi
wayo, kanti uti uba uyekomnye umzi um-
nikazi wayo wakale teta nakulungu.
Inqwanya yona ibonwa ezizibeni ngulowo
zeka eziwe ezakuba liggira, nokuba zeka ezi-
ziwe nje. Izipoto sona ziyabonwa nje paya-
endle ebusuku, sikolisa ukubonwa ngase-
mangwabeni. Abantu bomlambo babo-
nwa ngabantu ngebhazo, popu uti nje abonwe
aphoseteke ezizibeni, azimele. Umamlambo
akabonwa, ngaphandle koba abonwe ngum-
nini-wo. Abanye abantu abambonileyo
bayelana.
- 102 Zibonwa pantsi kwaziphi ineko? Impendulo yab-
mbuzo sele ixelwe kumbuzo we 101.
103. Zenzani ebantwini? Umsebenzi, owenzwa
yimimoya, yingqozi, inkjalazo, ukukataza
abazazi entlalweni yabo; ukoyekisa abantwa-
na, ukwenzakalisa inkomo, ukugeliselela
amatye (izilungela), nokubizwa kwabantu
nenkomo emlangeni (inqwanya, abantu bom-
lambo)
- 104 Iodleka abantu abazipata ngayo kulemimoya:
Imilozi; - Umntu oligqira lemilozi, uyehlonele,
ukta nayo ngenbeka. Icanti yinto ekhontshini

yo ngumnini walo. Umamlambo ikwa licanti,
 upatwa ngentlonelo ngumnini wake. U Yikoloshe
 upatwa kakuhle ngentlonelo ngumnini wake. Yonke
 lenimoya ipatwa ngentlonelo, ngapandle kwe sipho
 into ke yona engenamtu iqhelene naye. Soyikwa
 ngumtu wonke osibonileyo.

105. Uhlobo azikusela ngalo umtu: - Umntu kulemimo-
 ya azikusela ngamayaza, nezizimiso.

106. Uhlobo lokutela nazo: - Umntu utela nazo ezizinto
 ngumtu onguninizo. Abanye abantu abateli
 nto nazo, kubalabiziboni, kwaye ukusuka apo,
 bayazoyika.

107. Zibandazwa nyani? Ezizinto zibandazwa ngoku-
 hlinzeka (zengelwe igazi).

108. Zigcinwa nyani? Zigcinwa ngamabalo uba
 zingazi emzini.

109. Ziyasetyenziswa ngabantu? Ewe, ezizinto ziyasetyenziswa
 ngabantu ngababakali (amagqirha).

110. Zibenzela ntoni? ziyatanywa, ziyahlakula,
 zibulala nabantu abatiyweyo, zichumisa ne-
 mfuyo namasimi abaninizo, iyavilonga imilozi
Indawo ezintloni.

111. Indawo ekungayiswa kuzo: - Indawo ekungayiswa
 kuzo, ngamahlali, atsho intsunyuzi, ingxangxasini
 intaba, ingxingwa, amacibi nemtombo.

112. Izintle ezibanga zikhona kwizindawo? zikhona
 kwizindawo kwizintle, na Yikoloshe ezintun-
 zini, nasemahlalini, nasezixangxasini.

Ezixangxasini nasezizibeni, kuti kanti yinda-
 wo ehlala ingwenya, nabantu bomlambo.

Apo ke kuko ingozi yokuti umntu abizwe, atshone a-
 xa engakange ati esekude aposselitye esizibeni
 ati, "Chwanya ngwenya". Kuzuneka ego igwa
 nyazi ukuzo ingamfongi ngeloliso layo libigelayo

113. Hayigwa kwizindawo? Ngubani? No. 112 continued

Intabeni: - zindawo, ekutiwa zikufupi nothamata, uYuro
wohlanga, ekukholelwa ukuba xa kunqulwayo, mkuzo
we entabeni, kutandazwe kona. Yindawo enesidima
leyo kwako kiki, bekuko namadini engelwa ezi-
ntabeni mandulo. Imitombo, namacibi zindawo
ezihlonetshwa ngokuti kubeki imizila ebonisa uku-
ba kuko cantu elihlala apo, elingati lenze ingozi
kumtu otele.

113. Kuyayiswa kwezindawo? Ngubani? Ewe, kuyayiswa
kwezindawo. Kuya amagqira.

114. Zantsi kwayipi imigangato? Ngani? Kuzenziswa? Ntoni apo?
Amagqira wona aya kwezindawo xa kubonakele
imizila ebonisa ukuba kuko into kulomtombo,
nasa kuko umtu ou clamileyo zakunyangwa
Wona amagqira ngabantu abanyangayo, aban-
genwakenzeka nto, kwezindawo zinjalo. Komtu
ke yena uti aye kwezindawo, uyanyanga, azam
nokuphulisa ezingozi zokwalama kwabantu.

115. Izinto emazenziswa nemazongenziswa: - xa umtu esiya
kwezindawo kufuneka umtu azinyange kugala
kanti kona ezizibeni umtu ugala agibisele
elitye xa esondela.

116. Iziqhamo esenzelayo sca ezi zinto zithe
ayenzwa: - La umtu athe waya apho
kukho inqwanya uyalama, ukuba akazange
alungisi obanye akanqalanga, okanye
ke akazazanga ezizenzwe imifanelo.
Ukuba uye entsunguzini ekutheni
akuyiswa kuyo, eluhlaza, uya fa
ngumothuko awufumana kwizinto ezi
apibane apho. Emancwabeni aneziporo
uye ebulawe ngumothuko okanye
iphambane. Ezi zinto zimfho amka
lwe yingqondo sca enqafanga.

Ukungenwa yimimoya nokuba nayo.

117. Abantu abangenwa yeminye imimoya; - Abantu baqhelekile uba bangenwe yimimoya emibi okanye ibahlasele.
118. Isimo sayo; - Isimo yomtu ongenwe zindimoni kukuphelelwa yengqondo nokuba novalo (ukojika)
119. Le mimoya imenza umtu agule? Okanye apambane? Okanye ale nesimo esahlukileyo? Ewe umtu ongenwe yimimoya emdaka uyagula, okanye apambane, mara wambi abenokwahluka kwabanye abantu ngesimo. Kunge njalo umana esiwa.
120. Isizathu zokungenwa zidimoni; - Isizathu zoba umtu ongenwe zidimoni kukulungwa ngomnye umtu, okanye ukwelama, okanye ukugula, aze umtu koke kugula ka kwake abone imimoya emdaka.
121. Unobangela wokungenwa yimimoya umtu wazuwa njani? Lona iyenza lazuwa njani? Unobangela wokungenwa yimimoya wazuwa ngokuti umtu axilongwe kigqira (nokuba lelemlozi nokuba sisa nuse) Amayezo ke ezigqira yiyo into eyenza ade acace umtu nokuba ungenwe ngumoya ninuna. Iyenza lokunyangwa umtu onedimoni lazuwa kwa kigqira
122. Ingcaphophe (amacule) okunyangwa umtu onemimoya; Amacule okunyangwa abantu abangenwe yimimoya, ngamaqgira emilozi, okanye izanuse, amaqgira okuvunisa nangakomato tolo.
123. Indlela zokunyangwa; - Umту ongenwe yimimoya usiwa kumaqgira, ati ke wona amphehlelele ade apheli ezigqira. Ubanjelwa ibokwe emblope, anityiswe ubulungu bayo. Wenzela umjadinanamaqgira, kuyasilwa kushentswe aze ke aphehlelelwe. Ka igqira kunyangwa umtu, limhlamba ngobulawu.
124. Amagqira ayazigqota ezidimoni okanye ayazigqosa emtuxini Amagqira ka, ezidimoni ayazimiliseka kuye, aze ati

- Kuba eligqira naye anyange ngezo.
- 126 Banezihlabo? Ewe, abantu abangamaqgira (abantu abanemimoya) uyazi teta izinto ezingekenzeki.
- 126 Bayapolojeta? Bayi bona ababantu bapolojeta ngokwezigulo zabantu abagulayo.
- 127 Bayazibona izinto eziqhakelweyo? Ewe, ababantu bayazibona izinto eziqhakelweyo, nezingamahlebo, nezingaziwayo ngabanye abantu.
- 128 Babufumana kwabanye obugqili? Lemimoya iyaningentumtu ngapandle koba afundeswe. Kuti akuba egondwe, asiwe kosiyazi, ahlangwe, aphhekhelelwe, esenziwa igqira naye.
- 129 Bayaphekhelelwe ababantu? Ewe, bayaqeqeshwa ababantu, baphekhelelwe nje ngabakweta.
- Imimoya, namandla apenzumveni (ubugqili)
- 130 Zinako izinto ezingaphefumliyo ukuhamba ngokutwala izinto ezingatetiso? Ewe, zinako izinto ezingaphefumliyo ukuhamba ngokutwala izinto nje ezingatetiso.
- 131 Imimoya yobugqili yanamatela kwiizinto ezingatetiso? Ewe, imimoya yobugqili yanako ukuzi namatela nje kwiizinto ezingatetiso.
- 132 Izizinto zisetyenziswa ngabaniniso? Ewe, eziizinto, zinako ukusetyenziswa ngabantu base.
- 133 Izizinto ziyangulwa? Kutetwe nazo? Zetshizwe ngegazi? Ewe, eziizinto ziyangulwa, kutetwe nazo, zetshizwe ngegazi xa kucanyaqeshwa.
- 134 Izizinto zinako ukwenza izinto ezingaqelekanga? Nokugapula? Ewe, xa zixela imihlola, izinto zinako ukwenza izinto ezingaqelekanga, eziye ngokopha, nokushukuma, xa zixela imihlola.

Izidlo.

- 135 Zikona izingulo zezinyanya? Ewe, zikona izidlo zokungula ngapandle kwezi zokungula okoko.
- 136 Zenziwa ngatsho atilo onyaka? Ewe, ziko izidlo ezenziwa ukungala kwamatsho onyaka.

137. Xa inyanga entsha. ~~Skuko nti ngalo kwenzwayo xa kuse~~
 la inyanga entsha.
138. Kwenzuwa ntoni eNtlakohlaza. Ngelishesha abantu boku
 ngira imigi yaba, ibetelwe.
139. Kwenzuwa ntoni eKlotyeni? Ngelishesha kwenzuwa
 izidlo, namadini, ukubetelwa izipango, nokughumi-
 sela amazimba nokuwalinda kwakwe amaphempe.
140. Ukungqitywa kokwena? Xa kungqitywa ukwama,
 kusilwa utywala bezabokwe. Obutywala ka
 bobukingula kuba kwama indyabo.
 Ukukhlanjula
141. Kuko masesha umtu ekungena khlanjwe kuba enganyuli?
 Skuko masesha ekungena umtu khlanjwe, ngena
 yokuba umtu engenyutu ngokwemo yake.
142. Kutiwani kumti obekhe isidumbu nento ebekhe lizulu?
 Umtu obekhe wafata isidumbu nento ezibekhe
 lizulu, kutiwa akanyulu ufuna ukukhlanjwa.
143. Fa umtu obulele omnye empazweni? Umtu obulele
 omnye empazweni, uyakhlanjwa, agajiswe, kukh-
 tohwe iqingqo, kuba kutiwa akanyulu.
144. Umtu osandulokuzala? Ewe, umtu osandulokuz-
 ala, waziwa ngokuba akanyulu, ezakuti ke
 ukupuma kwake efukwini khlanjwe ngokwe
 nzelwa isiko lokushelwa ibokwe, nokusilwa
 botywala. Abazazi ke sebelele apo, kuzo kukh-
 tohwa lomfazi efukwini. Obutywala bokukutshwa
 komdlezana, kutiwa ukubizwa kwabo,
 "Ngumdlwengandla" Elogama litela uba ke
 ngoku umfazi unako uba embizeni ebhekwe
 yo ingadlwa nangamadada ekubeni beqale
 basela obutywala.
145. Emva kwetyala elibi: - Umtu xa enze inyala,
 okanye inyala elibi kwetyala elibi njalo njalo
 umtu onyalo ubizwa ngokuba yingambi.
146. Lumtu kungena khlanjwe? Ewe, umtu obulele.

Kufuneka ahlanjwe, ukuzo aphale ubungambi obu-
anabo.

147 Ukuba akahlanjwanga kwehla ntoni? Ukuba umntu ak-
hlanjwanga ebenze into embi usuke aciwuke. Asolo-
ko eto rogo ukwenza izinto ezingatandekiyo, ezingcolile-
yo, ezingatandekiyo. Omnye usuke abe namabhadi,
abe yinto esoloko intywilu. ntywileka izinto eni ezingcoli-
leyo nezilahlazo. Uti omnye abe sisiculu sokubanjwa
entlongweni, xa engahlanjwanga.

148 Uhlamba olu uyazenzela umlu noba lenziwa ngomnye?
Umtu akazihlambi ngokwake xa eyingambi, uhla-
njwa ngabazali baka, okanye xa engenabo abazali,
uhlanjwa zizizalwase zake.

149 Kwenziwani? Njani? Ngweza noba ngezizemiso?
Umtu ohlanjwayo, usetyenzwa ngamaqhela nanga-
nagqira. Uyakhutshiswa, ahlathelwe umzimba
ko, aqakwe intozizi, ainywe, aqhunjiselwe, anye-
ngwe nangengcambe.

150 Kuko zenzo zaziwayo? Ewe, ziko izenzo ezibi ezaziwa-
yo, ezimenza umntu abe yingambi kuzo kufuneka
ahlanjwe.

151 Izinto ezenziwayo emntwini, xa eto wayingambi? - Xa
umntu ebelwe, okanye ebepete isidumbu, kufu-
neka ati ukuzo apane nabanye abantu, agale ng-
kuzila, aze engelweke isiko lombu osezileni. Xa
umntu ebulale omnye, nokuba kusemfazweni, no-
kuba akuko mfazweni, kufuneka akutshwe-
iqungu, akhutshiswe, anyangwe njalo - njalo,
ukuzo apane nabanye abantu. Ke yena abelwe-
leka, kufuneka ahlale efukwini, ade akhutshwe
ngokwenzelwa amasiko anje ngokwenzelwa
ibokwe, nokusilshwa utywala, njalo - njalo.
Akhangwe kulomcimbi, ngabafazi. Ke yena
ote wanjena kwintloni yokudlwengula, kufu-
neka agalwe ngamawalo, ati ke ukuba aka-

yaliki, enzelwe amasiko, awengqiti kuma Xosa
nawamadini ku Mamfengu.

152. Xa engakahlanjwa kuzuneka kwenzuwe ntoni? Okanye kungenzwa ntoni? Xa umntu engakahlanjwa, kungum-niselo ukuba makangahambi pakati kwa bantu. Makatete ngokutobekileyo nalapho ekaya abe senjileni. Ofelweyo akayako ukuya pakati kwabo ntu, ade akhutshwe ehlalini (ukukhuzwa) Obulale unatu enqazweni, kulisiko ukuba makazipate ka-kihle ade agajiswe, akutshwe iqungu. Umfazi yena ozuleyo uhlala efukweni, ade akhutshwe, abe nokuhamba inkonzo, kwanezinye indawo ezwabantu abanuzi. Iziswazi ajihanjwa ngabayungambi.
153. Lontu uyinqambi uyahlala? Okateli nabanye? Akadli nabanye? Abalali nabanye? Lontu akahlala koka uhlala nabanye, nokuba usisidlwenge akahlala into ekunayo ngadliwa inkomo baze ke bona abantu bakonabo bayangqa.
154. Indawo le yona kuyafuneka ihlanjwe? Sive, xa indawo ifelwe, okanye kugulwa, okanye kuko inyala elenzekileyo, kuzuneka indawo ihlanjwe ngokwesiko lesintu.
155. Xa kubeli umbane? Xa kudlale inkosi, semji uyahlanjwa, kunyanqwe igqira.
156. Sintelo uyenzwayo xa kudlale inkosi: - Xa umntu uhanjelwe yinkosi udonga oludlale yinkosi liyacitwa kwakusa, zitu zintlo ezinqumti zingabaswa, zombelwe. Igqira kwangoko liyaputinywa, lunyanqwe ukuze ingabuye yenze lonto, Likirpa iganda igqira. Iganda ka lili bezulu. Abantu balomji abati sa bengokanyanqwa kuba basezingambi. Bona bayanyanqwa, bakhutshiswe, kirpume umsi wezulu, lo ungenge ngapakati. Ukuba sisilwanyana (inkomo nokuba yigusha) lonto yatatwa yombelwe, ingatjwa

- 157 Ukhambo kwenzuwa njani? Ukukhulaniwa komzi obany
lwe ijinkosi, kuselapuzwa legqira ngemiti eyaziwa lita
yokunyanga ukuba zelungabanye lipinde. Abantli
bayagajiswa, bakutshuc umsi lo ungene ejaubeni.
- 158 Kuko silwanyana sixhelwayo? Kuyaxhelwa xa
igqira lenza izikontwane kuba zenzuwa ngomafuta.
- 159 Kwenzuwa ziko litsha? Hayi, akwenzuwa ziko litsha.
- 160 Kwenzuwa umnyango mtsha? Akwenzuwa mny
ngo mtsha, xa inkosi ebihambela emizeni. Londu
iyacitwa nje mpela ingabanye isebenzele.
- 161 Liyafunwa igqira? Ewe, liyabizwa igqira limpango.
- 162 Kuyatandazwa? Akutandazwa, into eyenziwayo
kuyantpela, kucanyagushwe, kungulwe
amatongo. Kalokw lento itatwa ngokubalisenze
ka nje, kungokuba izinyanya zotshikile,
zifuna ukulungiswa.
- 163 Xa kutshatwa ziyangulwa izinyanya? Ewe,
kuyasetyenziswa ukungula izinyanya xa
kutshatwa.
- 164 Izinyanya ziyakungwa? Izinyanya ziyangul
lwa xa kutshatwa, kwenzuwa icamagu
kulwa utshatayo.
- 165 Ayenzuwa amadini? Ewe, amadini ayenzuwa
xa kwendiswayo. Kuxhelwa ibokwe, nentka
mo ihlatiwe ukuzi malle.
- 166 Akona amanye amasiko? Ezenye izinto ezenzi
wayo xa kwendiswayo kukunguqosa intombi
paya enkundleni.
- 167 Kuko madini enziwayo xa kuphehlelelwa umkweta
wegqira? Xa kuphehlelelwa umkweta wegqira
adini lenzuwa ngelokwe, lokungenisa umkwe
ta endlwini. Eledini belokuvula, likwenzi
wa ngelokwe. Eledini belokupuma ke lona
benziwa ngenkomo kungulwa ke ngoko.

29 Ukungquliselwanyana. (11) 40

1. Iziduko ezikayo apha eluhlangeri: - Ngabenguni, abakumbi amaKeswa, amaRadebe, amaYolo, amaZizi, amaBongwe amaKhambula, amaBele, amaJwara, amaKhomang, amaKhemalo, amaKizga akwaSibalukulu, amaMlangiso, amaLcaga, amaMwenwe, amaLonsa, amaDuma, amaYolo, amaNkwali, amaDeji, imi - Dlelanga, amaZondo, abakwaMts'habeni, o-Maduna o-Msimango.
2. Iziko ezihlonitshwayo or izungulwana: - AmaMjengu akabedeshe isilo wona.
- 3-13. Mjengoko kungeke singulo (lotemu) kulamaMjengu impendulo yale mibuzo ngu akuko nto (nil) - Yina singulo intomo ngokwenza idini xa kungula umtu
30 Amayeza, ukwimasa, ubuggi.

Amaggira.

1. Ngamaggira manamaggira la? Akho amaggira anga madoda, kanti akwakhona nangabantu ababhiqileyo.
2. Abantu abazi amayeza ambalwa: - Ewe, akho amaggira azi amayeza ambalwa.
3. Skona anyanga isifo esinye: - Ewe, bako abantu abanyanga ehlobo olunye lesifo.
4. Bako abanyanga abantwana? Akakombi isifa? Manyanga abantwana? Akho amaggira entomo, anyanga zona zodwa. Isifa sona, sikonjwa yinkosi yalombela ba asinto yabantu. Skona amaggira anyanga abantwana.
5. Ubuggira obu bulilifa? Lento ikukunyanza umtu uyayizuzwa kumzali wake, oko kukuti ke iyento dilifa le yobuggira.
6. Bafundiswa bonke onyana nguyise amayeza? Manyanyana efundiswa nguyise amayeza, ngulo umKulu, oyindlamafa. Abanye badla ngokusuka bazifundele xa betanda.
7. Umtu ubuggira ubugqinda emtwini omnye? Umtu

akufundi mtwini mnye ubuggisa.

X11/40

8. Ubuggisa obu bupundwa kubantu ngabantu? Ewe, obu nyangzi, bupundwa kubantu ngabantu.
9. Ubhatala ntoni xa efundiswa ubuggisa umtu? Ubuggisa xa umtu abuhlawulela, inkomo ibenye.
10. Ingqesho ajifumanayo? Izinto imkweba (umtu ofunda ubuggisa), ajifundayo. kwisarusu esidala, kukuvumisa indlela yokutela xa umtu avunisisayo, wadlala yokutela nemihlola, ukwethosa, umtu utwasiswa zizinyanya zakowabo. Igqisa lona lisebenzela ukuba ati amapupa awapupayo, akanye. Lonto ke yenziwa ngokuti ahlanjwe ngobulawu.
11. Uyawafunda amagama emiti, njani? Ewe, amagama emiti yokunyangwa uyawafunda umtu ongumkweba. Umute aphuphe eboniswa nyaza, nendawo elikula kuyo, negama leyaza elo, kwaneqgabi lala kanangalo, ke nti yena umute awuke ayokulimba, kulondawo.
12. Ukufunda njani ukuvumisa? Ukulungisa amayaga ukuvumisa kufundwa egqirini kuba egqira liti xa ligakuvumisa liki likilele ebukwebeni bala kugala, kuze kucace ke yena mkweba ubukali ekuvumiseni. Umkweba uba lihlathe ni ebhamba negqira, kanti wofunda ke egqirini apa indlela yokwenza amayaza. Ukumbululimihlola, umtu uyakuphupha ngo kutyibelwa kwake, ngamatongo.
13. Ufundiswa tuba elingakanani? Tuba lobukweba lixomekake ekufundeni kwake mnyaka, okanye ekugqirini kwake nasekupeleni. Kaloku umkweba lo usuke agule ukuze abo nyaswa fayo egqirini. Omnye wotata unyaka omnye, kanti omnye wotata iminyaka emibini nokuba mitatu.
14. Xa ephumelele uyalingwa kugala? Ewe, umtu uyalingwa akugqiba, mayela nokupundela kwake.

- 15 Ke kubeka mtu ubaliggira engakange atwase? Akuko mtu ubaliggira, engaboniswa ngokuti ake atwase. Umntu osuke abe ijanyanigi kungakange kubeka abo yakutwasa "ixwele". Ixwele ke ngumntu oti bemi wazifundela amayeza mtwini, aze asuke anyange naye.
- 16 Amaggira ayevisisana ngomsebenzi wawo? Amaggira angamabuto atike wokutsala, atsala kanye ngemvisiswano yomsebenzi wawo.
- 17 Ahlukile amaggira ngembonakalo? Ewe, amaggira ohlukile abantwini ngembonakalo, nangecinsibo.
- 18 Iggira lizifumana pi igintu zokunyangwa? Igintu zokunyangwa, namayeza nendawula zifunyaniswa. eggireni ngabakweta, profu ke wona amayeza. umntu umane ewatjehlwa ematongweni xa elele yo. Ewe, amayeza usuke afunde ukwela pa kuyisa apo ezizintu zonke.

Practice (Ukwenzisa)

- 19 Iggira lilenza napina nyeza xa litanda? Ewe, iggira lisebenza napina apo litandayo.
- 20 Kufuneka abantu baye kulo? Ewe, ngabantu abantu ke bayokulifuma iggira.
- 21 Iggira lizula eintubeni? Hayi, iggira alizuli situbeni. Lizebenzela umsebenzi walo. Lihlala ekaya kuyiwe kulo ngabantu.
- 22 Liyaya kwezinye intlanga? Ewe, iggira, liyaya kwezinye intlanga xa lufuniwe. Aluketi luhlanga eku nyangeni kwalo.
- 23 Inqubo yokuvumisa: - Abantu abayakuvumisa lupuma umhlalo, igela labantu abangamadoda nabesifazana, batate imingazi emnyama. Akubuliswa mtu, kubuzwe namfiso endlebeni. Kuti bakufika, iggira libabone kuba oko bishayise sele lungqongile; Litela, liteli, bemane beqwalu binti "liya vuma". La bengakolelwa bati, "liya vuma".

Kuti kowa xa selicanda, kucace kwa ukuvuma oku kwabo, batsho ngokukhatala, nangokugava.

- 24 Kufuneka libuze umonako? Lixelelwa? Lixela lingakange licazelwe? Igqira alixelelwa nto, laye lingabuzi nto ebantwini. I nto eliyenzayo lisuke lixela koku ngokwalo nje.
- 25 Liyagala kwangoko umsebenzi? Igqira alisuki libenze kwangoko xa kufike abantw bezokwumisa. Ligale linsibe imingqa yalo, liti elisebenzi ^{isa} indawo lizilungise njalo. Elinye ligale lombele lixhente kanti ke liti limama lwumisa, lihlaba.
- 26 Liyamxilonga umtu ogulayo? Ewe, liyamxilonga umtu ogulayo. xa kuxilongwayo igqira limbamba apa esandleni, okanye ebunzi umtu ogulayo. Amanye ke wona acupungisa amatambo, axilonge ngawo. Ngoku sekuko nama igqira axilonga ngezipeli.
- 27 Kuxilongelwa pi? nini? Kuxilongelwa endlweni yegqira, ngeloxesha unguli afike ngalo. Nokuba kuxesha lipina.
- 28 Kufuneka kuko abantu abaningi? Abafajinabantwana? Ewe, bangabaningi abantu abalusapo, kwanabantu abangabafaji xa kuxilongwayo.
- 29 Liyabagxota abantu elingabafuniyo? Ewe, igqira liti lakubabona ukuba kabi abantu, libasuthele, libagxote. Lixelelwa gumhlola ukuba abantu abalunganga, libeselibacapikela.
- 30 Kugala kuhlawulwe kungekavunjiwa? Kuhlawulwa nto xa kuzakavunjiwa, kuba igqira linako ukusuka liwupose umhlola, libeke xa liwuposile alifance kuhlawulwa nto.
- 31 Kubhatalwa mva? Ewe, kuyahlawulwa emva kokuba kuvunjisiwe, lonto ihlawulwayo kutwa lukozo, okanye umkonto. Olukozo kwezi mini luba yimali eyiponti.

- 32 Intlawulo zeggira: - Ukunyanqwa kwesifo esidala esibi yinkomo, isifo esincinci ikwa yinkomo, ezinje izigulo nje ngemvumo welo yeza nje into ecalwayo, ukubetelela umzi yinkomo, ukuvumisa ngumkonto okanye ukozo olo. Ukutenga ikubalo yigusha nokuba yintonina elizwe ngulomtu umnikileyo. Ukubhanywa komzi odlalwe lizulu ikwa yinkomo, zide ziye nasitatwini njalo.
- 33 Ixelwa liggira imali eliyunayo? Igqira libiza lonto luyitawdayo, ngokunyanqwa kivalo.
- 34 Kubako kupikisana ngemali yalo? Ukuba umtu ake yisoli lenali, okanye impahla engumlandu, igqira lisuka ka liye kum-mangalala lomtū enkosini. Pope ke, kungabile ukuba umtu angavumi ukuliruma okanye ukulihlawula igqira umlanduwal.
- 35 Libhatalwa kancinci, okanye lungabhatalwa? Asinto ikoyo leyo yokuba igqira lungalungiswa ngemali yalo yokunyanqwa. Lonto ingabe kakukho.
- 36 Liyamangala igqira xa lungabhatalwa? Xa umtu onga bhatali, igqira liyan-mangalala komkulu ngale ntlawulo.
- 37 Yaka yenzeka lonto? Ewe, lonto ike yenzeka, nango na ingabileyo.
ukucaza izigulo.
- 38 Igondwa ngani into engalunganga emtwini? Indlela zokugonda into engalunganga apa emtwini kuku-xilonga. ngemilondonyana (onoxatololo) umtu oliggira. Elinye igqira libeka isandla entloka, elinye elunzi, elinye esandleni, banti ka lusuka lixela into agula yayo lomtū. Elinye lisenzisa isipili. Amanye axilonga ngendawulo.
- 39 Umtu ogulayo uyaxlongwa? Ewe, umtu ogulayo uyaxlongwa.
- 40 Izigulo siyafunyanwa ngokuvumisa? Ewe, izigulo siyafunyanwa emtwini ngokuvumisa.

- 41 Indlela zokuvumisa :- Indlela zokuvumisa, kukusilonga ngemilondonyana (onomatopoeia) umntu oligqira uva ngezinyanya into emakanyetete kumntu oze kusilonga. Unga-va bema^{na} besiti. "Khanutsho bantu bakowetshu, bazokwe nza utonina ababantu basenzini?" Ziyapendula, ke ezizinto ziteté baze bona bema^{na} besiti, "Camagu. Lisuka ke igqira lipolokwe, livela yonke lento liyisa ngezinyanya."
- 42 Linento elizagizodwa? Ewe, isanuse sinizinto ezizagizo sodwa nezivakala kuso sodwa. Esiti sigonde ngazo izigulo.
- 43 Luyawasebenzisa amatambo? Ewe, amatambo, ayasetyenziswa.
- 44 Indawulo zona kuyasilongwa nangendawulo (amatambo)
- 45 Inkomo ziyaborisa xa kuko ukufa emzini? Ewe, impahla enje agentkomo iyaborisa xa kuko ukufa emzini, nokuba lishwanguka.
- 46 Ukufa kubonwa esilwanyaneni esibulewe ngabom! Hayi, lento ayiko kubelapi, ukufa akubonwa ngibeni wento ehluziweyo ngamagqira.
- 47 Omagama amatambo, izibongo zawo, imitelo yokuwatolikela, uhlobo enyusa ngalo indlela asetyenziswa ngayo. Dama lambo kutiwa zindawulo ngamatambo enyamakazi zasendle, ezingapha kwa Julu.
Izibongo : Izibongo zomntu onyanyazi abong^{ye} ngawo amatambo ake usuka abongwe ngezi zake izibongo ati, "Ngamabandla akwa Komagaga asisiphakelisi sika Domo, akwa Ndlovu zidlekaya ngokuswele umalusi, kwa Sibakhulu." Lamatambo ayinyanwa kubantu abazinyanzi, abadla ngokuti bawafumane e Lusutu.
Indlela asetyenziswa ngayo ; xa esetyenziswa, umntu usuka awashukumise, elapha pontu, aze ke akugqiba awatate awafumbatē ezandleni. Uti kamam

awaposa pezulu ewaganga, aze asuka awati twahla pantu
 Apa pantu emangohlobo olufundekayo kumintu wawo
 abe sevela izinto eziphatelele kwizigulo neqhlabo.

zokufa.

48 Amatambo : Njenge ngokuba Kuxeliwe kumbuzo we 47.

49 Indilo :- Uhlolo elenziwa ngalo, into olusetyenziswa kulob
 yina asilwazi undilo pizakucaza u lhlilo. Uhlolo
 yinto eyenziwa ngezintu zigxunyekwe, kupingelwe,
 kutyatyekwe. Isetyenziswa ekugcineni ama-
 yeza, izicakati zesigogo. Xa sipumile siligqira
 kuhlala ingcaza yotywala yegqira engeyakuse-
 lwa ngabantu ababakha abanontlaza. Iehlwanza-
 madoda awadala. Kongcaza lwa yeyezinyanya.

Eyona nto ixilongayo kuxilongwa igqira
 amayeza wona ayagcinwa apa elhlilwa-
 ni

52 Amatambo ayaxela into emayenziwe xa kunyanzwa isifo?

Namayeza amakasetyenziswe? Amatambo (indawule,
 ayaxela abonise indawo emayenziwe ngokumaye-
 la nokunyanzwa umntu. Kanti namayeza ixweleli hiza
 wafumana kuzo indawule.

Ukubopha nokusebenza

53 Indlela yokubopha into eyophukileyo: - Xa umntu ophu-
 kile, kulungiswa amaceba, abotakwe ngotwatura

macalomalimi. Umoneke ekululwa, ebotsiwa, kanti ubo hlatyelwe kulondawo kugala. Uyasezwa omnye umhla belo ngapakati ngomhluji. Ezinye incutsha zisuke ziti umtu makanyatele pantu, lisuke icule lifaka umhla-belo kulondawo ebenyatele kuyo asuke alobeka umtu aphile, engaphatwanga.

- 54 Iko etunyelwayo? Iko miti ekuti xa umtu etunekile ahlikihlwe ngayo, kudanjirwe intlungu.
- 55 Zidleda zini zokutoba ngamanzi ashushu? Umntu owapukileyo uyatotywa ngamanzi ashushu.
- 56 Akwani amanzi xa kutotywa ngawo? Xa umntu etotywa kuzudunyezwa amanzi, atotywe nangamanye utotywa engekubotsiwa.
- 57 Ukungapula. Umntu uyagatsiwe intlanga xa ene ngozi, ophiswe igazi. Kanti xa indawo ingenaku mila, unqunyulwa, njengomnywe-njalo. Ulwazi lwezinto ezitile.
58. Umhlabele: Uyaziwa ngokupilisa kwawo. Uya-seza ube upelise umhlabele kwa wona. Ikambi ngumti wokugabisa intloko, xa umntu egula yintloko Ikambi elikulu (umasindwa-zingubo) ngumti woku nyanga abantu abapambeneyo. Indoya likubalo elibomvu, elinyanga umntu oneciso sokuwa. Uhlahlufuza, liwakiwa endle, liyapetwa, lirobe umntu okanye umntu atahiswe ngalo xa edumbe umzimba. Ulamahlaba liyapetwa lisidleve ngumntu xa ebegalwe ngohlaluf kuya. Umagubula lelediso eli, liyembiwa umntu alihlafane, kanti uzakuyikupa lonto ebeyidile. Ikubalo lovalo, xa umntu enombilini uyalisela kanti liwazenza nentlanga. Iisihlungu esi-kulu sisibenza ukunyanqa amahlaba. Ngamaqgabi into epetwayo yenzi yeza. Likwa-rudisa eliyaza. Ikubalo lempundulu eliti kumntu odliwa yimpundulu, asetiyenze ngalo.

umtu onjalo uzeke ekupa igazi ngomlomo. Lidityanis-
wa namazuta empundulu eliyaza. Isikhungu
esincinci.

59 libizwa ngalifi igama ngabantu nangamagqira
Umhlabele ulizwa ngolohlobo ngabantu kwana
magqira, okanye kutiwe ngabantu nye liyeza
lenqozi zokwafuka. Umti wokugaba ati wona
amagqira likhambi. Ikambi elikulu ekutisa
ngabambi, ngumti wabaphambanayo, ati wona
amagqira ngumasindwa zingubo. Elesifo sokuwa
bati bona ogqira yindonya. Elokudumba eloku-
nyanga umtu odumbe unzimba, ati ke wona
amagqira ngu "hlahlukufa". Iyeza lamahlaba
ngumti ati amagqira ukwubiza, "liyazalahlaba"
libizwa ngokupanayo ngumti wonke. Iyeza ledlisa
ati amagqira ngumqibhiso. Iyeza lombilini
ati amagqira liyeza lwalo. Iyeza lokurudisa nelahlaba
ati amagqira Isikhungu esikulu.
Iyeza lokugxota intaba kutiwa ngamagqira likuba
lo loko lempundulu. Isikhungu esincinci eku-
tisa ngabantu nye liyeza lenyongo ezimpahleni.
Udila ezimpahleni unyanguwa ngobuhlungu beramba
lamatye. Abantu nye bati liyeza yenyama yama-
kwenkwe. /

60 Lamagqira aselenza ntoni Amanye abulala ityofu
esiswini, amanye agakupisa, amanye ayarudisa
ayapalisa onke.

61 Abetyenziswa njani? Umhlabele uyaseza, uyagapula
kubotshwe masa wamla. Ikambi umtu uyakanye-
lwa ezimpahleni limkupise umtu utloko. Lidi-
tyaniswa nomasindwa zingubo. Indonya kukandwa
yeza. Ilikubala elibomvu, ekugadlwa ngalo isifo
sokhwa. Liyagutywa aseze umtu lungapetwa
nga. Liselwa emva kokusela amanzi. Umtu
ngaba ngalo, arude ngalo. Uhlahlukufa uyapetwa

kufakwa intwana yomgubo emanzini ashushu: Umntu odumbe unizombo utshiswa ngalamanzi abilayo, kanti akasoze amshise lomanzi. Elamahlaba liyingcambu esebenza nohlahlukufa, liyapekwa, liselwe ngumntu ezike egula. Umagubula yakwa xa umntu etye uku ya okubi, akugabe, akukuphele ngapandle.

Ikubalo lovalo liyadliwa, liyaselwa, lenziwe imbi za, kanti likwafukutwa ngumntu onovalo lungama gqaleli. Iikhungu esikulu siyaselwa xa isisa sisibi. Kwinkomo enenyongo sidityaniswa nengcambu zekamangu, isezwe wuke. Ngamagabi apakweya, umntu yena unapo nokusihlafuna.

Ikubalo lempundulu umntu uwaswa afutwe ngalo uhlahlukufa uyafuta edibene nalo. Ekucileni ku dityaniswa notutu olupandle, umntu akwaze, acile. Iikhungu esincinci esebenza empahleni xa inenyongo.

62. Lamayeza asetyenziwe zipi inkatango? Umntu unyanzwa xa egula, chanywa, ebekelwe njalo, naxa eqiniswa, ekuselwa ezintweni ezimbi.

Ukulungiswa kwamayeza

63. Aqokelelwa njani amayeza? Ukugokelelwa kwamayeza la ayembiwa.

64. Embiwa nangalipina ixesha? Embiwa, kusasa nasemini nasemalanga, ngokutanda kwenyanga kusebusuku apo angembiwayo.

65. Ayomiswa? agcadwe, abiliswe? Amanye amayeza ayomiswa, agcadwe, agutywe, amanye ayabeliswa kuselwe amanzi njalo.

66. Lonto yenziwa njani? Amayeza apakwa ngembiza zamayeza ezikupakwa ngazo ukudla, khlabiswa ezityaneni kutyelwa ngazo. Inzwa ngendlela eyohlukileyo, kuba xa kupakwa yeza imbizayisakwa.

67. Ayasutywa namanye? Ewe, ayasutywa, elinye nelinye ayayekwa apole akuba elilisiwe. Amayeza batakafinda

abiliwe okwesibini.

K11/40

- 68 Hukonto yenziwayo xa kusenziwa amayeza enje ngamaculo?
Ewe, xa umntu epete amayeza uyacula ostandayo,
anqule amawabo, acamaqushe.
- 69 Afunyanwa njani amayeza? Abekwa njani? Ayaniitywa entanyeni? Kuyavaswa ngawo? Ayashiywa ekaya? Ayafihliwa?
Amanye amayeza apo aselwa ngapakati, amanye ayahlitkihliwa, amanye kuhlunjwa ngawo. Ama kubalo anitywa emgaleni, amanye ashiywa ekaya, amanye afihliwe (ukubetelelwa)
Imbangi zezifo namashwa
- 70 Zibangwa yini izifo? Isifo sibangwa kukuba kwe sibeta, nokwesubelwa ngabanye abantu, izilwana, ezinje ngentwala, nenentkulu, nengcongco-ni.
- 71 Iintoni ebanga amashwa? Ilishwa libangelwa kuku shwatyulelwa ngenxa yokuzipala kakubi. Iiyenze ka nje emtwini, nokuba abenzanga nto, ngokuba umntu uyalingwa ngu Tixo ehlelwe ngamashwa.
- 72 Ehla ngengozi? Ewe, amashwa ayehla ngengozi ezenzekileyo.
- 73 Ehliswa zizinyanya? Ewe, amashwa ayamhlela abantu umntu ongizilungisiyo izinyanya (amawabo) umntu ongenaluhloni uyatshikelelwa zizinyanya abenamashwa.
- 74 Ayabangwa ngumntu otakatayo? Ewe, amashwa ayadaleka ngenxa gomnye umntu okohlakeleyo (umtakati)
- 75 Abangwa kukwenza into engoko esikweni? Ewe, amashwa ayadaleka xa ate umntu wenza izinto ekutiwa azenziwa ngokwasemasikweni nangokwasesiziteni.
- 76 Ukuba umntu usebenza ubugqi bokwenza ingozi namashwa kwabanye abantu kwenziwa ntoni? abantu bepetwe emzini, kuzanywa ukunyanganga ngo

thwele. Kuyaqhunyiswa, kubetelwe kungabika-
nto ingenayo emzini. Abantu bonke bahlanbanger
miti bagatshulwe lixwile. Kuyanyangwa nasebu-
hlantú, kuyanyangwe nalapa endlwini.

Izifo ezaziwayo, nemdlela yokuzinyanga.

77 Izifo:- Igcushuwa, isifuba, izintso, umqolo, imilenze
nengalo, umtshetsha, ibekelo, intloko, isiposo,
isisitwane, inyama-yamakwenkwe, umhlaza,
umna, idliso, uqplikwana, umkondo.

78 Kucingwa uba ezizifo zibanqwa yintoni? Izizifo, ziba-
ngwa kukudalwa, ukutakalai, ukosulelwa, ukube-
kelwa, ukwelama, ukutsiba umkondo.

79 Kutintelwa ngandlala ni okukuya:- Ixwile uyabetelwa
liqumise, abantu bagatshulwe, bahlanjwe ngama-
yeza okutintela izintso ezimbi. Amayeza ezizifo.

Igcushuwa myangwa ngayeza lokwasa, kanti ne-
blosena kuyavaswa ngayo umzimba lo. Ngapakati
umtu uyarudiswa, akutshiswe kanjalo ngawembi-
wayo awalonto. Iisifuba sinyelwa imbiza ngega-
mbu zomqhapi. Imva kokuba isifuba sigatyulwe
ngeliyeza, kuphekwe elinye ekutiwa bubuvumba.
Lipekwe ngo bisi, ke lona ludliwa ngayo. Xantsoni
yele yabukulai tole, lankonyana ehlanjwa kwa
ngobuvumba, isuka inkomo lifune tole layo.

Izintso nesingwe abas yeza ekutiwa lugxojana
odityaniswa nomkukamelana. Ucingwa ke
ngerititibala, afutwe, atotywe. Umqolo lo unya-
ngwa kwangalamayeza esingwe nezintso, ekuti uku-
ba lombiza umtu unyelwe ijona ayincedi,
ngatshulwa, apakwe intsozi yenkuba zonke ke.

Imilenze nengalo iyatotywa ngemibiza ka lalukufa
kuze kubambe imitambo kakuhle. Akoko nawo-
kusela amayeza. Umtshetsha ngokwesiko ke
kasa ungumkondo. Kufuneka umtu aphekwe
umkondo, iyeza elimagqabi abenzelenge. Elizeza

lincedisana no Hlahlukupi. Igimamilo livelje
 nzuwa ekumtobeni ngalo lishushu. Nomkondo lo,
 ukwatoba. Ibekelo. Obekelweyo, wenzelwa imbiza
 yokusela ngesahlula - manye, umlahleli, intekwane
 nemfengezi. Elesihlani ngumswane, xa kwenzwa
 intlanga ezi jikelaza inkaba le. Intloko utata um-
nyama wabahlambeli udibanise nodasibodlela,
umigwedise. Xa ingawuni kupila, iyalunyekwa
 ngopontlo, olujakwa entlafumweni, ulitsali nga
 paya wewa igazi. Liti lakupuma iti gabu intloko
 luyakava lentloko lukutshwa ngozi kaxana.
 (Cukingaba ngentloko) Isiposo: kutatwa umlahle-
 ni, mentekwane, uye ufaku isahlulamanaye.
 Intlanga gifakwa ngomswane wequsha. Igazi-
 swa, arudiswe ngomtshokisane. Isitutwane
 sinyelwa imbiza zamayaza onke, amane esela
 qho, arudiswe, agqiswe. Isidala ufakwa endonye
 agqiselwe ngasendleleni nasesigalaneeni. Xa
 sinyangwa umti akadli nyama, akadli masi,
 akaseli tywala. Inyama - yamwakwenkwe inya-
ngwa ngobukhumbi besamba, nobushwa zibe-
tywe isezwe inkono nokuba ngumti. Umhlaza
 unyangwa ngomti onalwa pantsi apa emhlabeni.
 Inkomeni naschasheni unyangwa ngomhlontlo.
Uvusa unyangwa ngeli lomhlaza kwanokuguga
oku kwesalendala amana eqatjwa ngalo ntazi
aliso Ungelwa umti unakhukhumeleane
 noqojana asele, ukuze ke unyake umagibula
 ngentusi ikomityi benye yayo. Lipuma macala
 : ediso (ngentla nangegantsi) Ugqikwana
 uyatotywa. Umwana onaye uya esigodini,
 atobe apo, ati, "Gqikwana, gqikwana, puma.
 Kum, uye kwabanenkomo" Nengqala zebokwe
 kuyanyanywa ngazo. Umkondo unyangwa
 ngokomtshokisane.

Izokuselo nmanye amayeza

80. Ngawapi amayeza asetjenziswa uku kusela umzi engozini. Amayeza okukusela umzi ngamakubalo ontse edibene, acandue enziwe intizi. Kuyabetelelwa ngehagu. Abantu bahlanjwa ngeritela nengqwa lezulu. Kuyacilwa apa emzini jikelele. Bayaqatshulwa, bancindiswe ngentsizi eyo abantu balomzi. Xa kungandwa intaka (impundula) kuyhonywa upha pezulu entungo. Amakubalo, uyansitjwa umakhukhumelana edibene nentekwana, noibasitorom ongambu imnyama. Ngawo kucilwa izulu xa loze kakubi.
81. Ukutintela umimoya emibi: - Xa kutintelwa ukuzo kwezinto ezimbi ekuzo, umti ogulayo uwaswa ngezinto ezimbi, kubetelelwe, kucilwe, kuhlanjwa ngamayeza amabi.
82. Ukukusela umtwana: - Uqhungisela kwangala mayeza, afutwe ngawo. Uxutywa namakhubalo okumomeleza xa ehambele. Xa umtwana egongoke uvale, kutatwa isitiphu aseze, kusezwa ngokutata isitiphu yentusi kugalelwe lomgubo wesitiphu, lupakame uqokoto. Okokuba isitiphu suphuleka kutatwa isikumbe sempofu. Kuyhunyiswe ngo Masa umtwana esandululukalwa, uqhungisela ngesikumbe sempofu, ukumqinisa kwezinto ezimbi.
83. Kusetjenziswa mayeza manw ukuzumtjwapi melele kwindaba zotando: Izinto ezenziwayo ngumti xa efuna ukuphumelela kwindaba zotando, kukugabha umti akuphe umgqwaliso, ahlambe, aqatshulwe manw wambi, itimbi se amayeza zotando apa ekungeneru kwenuwela nasemashiyini nasezimbovini xa ayayo entombini ayifunayo. Amayeza: - Amafuta entsimango edibene naka Likoloshe, nempendulo umgubo wobulawa, (ukukuphumdintu) ekutjwa sisibibibini, umlaka lomti, umfanyu ikwa ngowokugaba ukhuthi izote, isibunu selanga, nomwelela nomtshetshetshu.

Awomsebenzi:- Utata impendulo ayidibanise neinyama kazi yaselwandle ekutwisa yimbambela, zidityanise namafutā esandawane ngumti wamatamsanga lo oti ke utanjiswe ngumti xa eyakufuna umsebenzi. Amashushini onke asetyenzwa ngalomti wamatamsanga sownwelwe ngentla. Amafuta entsimango nawemfe ne adityaniswe, kwenzuwe ke lomti, otanjiswayo apa ebusweni. Ukutandwa yinkosi umti uhamba agabi ngobulawu obumbhlope, asuke atandwe yinkosi. Nentelezi erwevu nayo iyadityaniswa kulomti Iyeza lokulima (umbona) Isiphetho, itambo lehle ngezi, itambo lomango, zizinto ezifakwa apa embweni, xa umti ahlayelayo. Kanti ke sona isiphetho esi siyasibwa. xa kugqitywe ukuhlakua, kugqunyiswa kwangalo paya emasimini. Iyeza lenkomo kutwisa itambo lehle ngezi, le libekwe apa esangweni, zizi zimane zitsiba kulo apa impahla, xa zingenayo ebuhlanti. Ziti ke ezonkomo zilala kwesosibaya zikwelwe, zizale amatokazi odwa. Zanda oku kwempukane. Elokudla natywala ikwa leli lamatamsanga, eli lisetyenziswa xa efuna ukuba abe nesitunji namatamsanga. Amafuta entsimango, adityaniswe naka sikoloste. Ayatanjiswa ke ngumti apa ebusweni kanti wozuza namawonga nokutandwa.

31 Iombali (intsoni) Sjibongo.

Intsoni

1. Kwati kaloku intsoni, yazinyamakazi zaka isibaya, zagalela utyani. Kwatiwa mabugadwe ngu Judwazana, zahamba zona zaya kujingela. Yajika inkalumevane ifuna utyani. Yati ke Judwazana mabacobacobane. Ya cotywa inkalumeva yagqitywa kwaza. Kwacotywa u Judwazana, wasuke walala yena u Judwazana.

Ute sa esalele u Fudwazana, inkalimeva yabutywa utyane ni wati akwuku u Fudwazana, evuka inkalimeva

se imkile, wacopa elityeni wavuma wati:-

S: S: S | S: S: S | S: T: T | S: - : - | T: M: T | d: d: d.
u tyani be mya ma ka za na za nku bu di ne yi nkalu

d: s: - | : - : + | d: m: r | d: 1: 1: | r: d: - | : - : -
me van ndi te u ku su ka nda la la

d: d: d | d: 2: 2 | r: d: | - : - : | : : : | : : :
nda la lu bu tho ngo ke min

d: m: T | d: 2: 2 | r: d: | - : - : | - : - : | : : :
vu ma ni ma do da u hum

d: d: d | d: 2: 2 | r: d: | - : - : | - : - : | : : :
vu ma ni ma do da u hum

zite zisakulwa zezazigqisile, lesuka lalshona eqwe qweri (isikumba esi sojudo) zasuka zalutata zalu jala kude. Kwatwa makugadwe e umvundla. Yaf hindal inkalimeva yafika yati, "masicobacobane mvundlazana". Yati kwa yona, ndingali. yacotywa inkalimeva, kwacotywa umvundlazana, wesuka walala umvundlazana. Yahamba inkalimeva yaya kuzingela kudla utyani elubhanti elele umvundlazana. Ute evuka, wavuka selengako u inkalimeva. Waya kucopa ematjeni, wavuma kwala ngoma ingasentla ibivinywe lufudo ite, "Utyani benyamazana gonke" njalo njalo. Zezazigi nisile yafika zawudla umvundla. Kwatwa makugade u Dyakalashu, wagada ke. Yafika inkalimeva yati. "Masicobacobane, ndingali". Walala u dyakalashu yabutywa inkalimeva utyani wavuka u dyakalashu selengako u inkalimeva. Wahamba waya kucopa ematjeni wavuma kwala ngoma yofudo. Zeza zigqisile, wabalaku Dyakalashu ukubeka entabeni. Yati inkosi yazo "Kudala ndiviti mandigade" yada yesuka yavunye, lwa. Yafika inkalimeva yati, "Masicobacobane"

Yagelalasa inkosi. Yab. sa mKalmewa ibutjayo yesu
 ka yayibamba inkosi yayikuleka. Yabamba yama
 Kucopa ematyanu yavuma kangoa yofuda, yokubiza
 inyamazana zati inyamakazi zakuyibona, zahleka
 zagokelana zonke zainuzi, zaka idami lesamente.
 Wati u Dyakalashi, "Uxolo, labhemus, ndisaya ebukweni
 bam." Zati zona, "Nyaroka Dyakalashi, akuyini
 kulaka eli dani?" Wati ka yena, "Lakini kakade
 adobe ndisele, ndiyuna amanzi abhetele kunala".
 Zamyekeke, zalaka idami clo, zaza zatandazela
 umvula, yanela, yayileyo yatenga iswelele yeshelini
 zagqibo, zafaka umgobo, ziti sa zizakusela, zusa
 dunge abeneswikelu, abemandi. Wehla u Dyakalashi
 ekalisa inkinge. Kwatiwa makagadwe ngum
 vundla. Wajika u Dyakalashi wasela. Kwati tu
 indlebe ka Dyakalashi apa eludini lamanzi, we
 sika u Dyakalashi watana mbende komvundla
 wawubela. Kwade kwafikela kuwo intswazi ezenta
 tu, wada wabaleka u Mvundla. Ubalekele
 ezinyamakazini, ezesuka zamwa ngentsini.
 Kutiwe makagade u Judwazana. Wesuka u
 Judwazana wagada. Wati akuya u Dyakalashi,
 wambamba u Judwazana. Ke wathonywa
 emtini omde kucolwa inkuni, kuba kusitwe
 uzakutshiswa. Ute u Dyakalashi elapo, kwagqita
 umvundla. Wati u Dyakalashi, "Jingji - skopu,
 jingji - skopu?" Wati u Mvundla, "Mfo ndini,
 kumnanana apo?" Wati u Dyakalashi, "Kum-
 nandi, kwumnyenjire kancinci, ndizokutwe
 lisa nawe". Usake umvundla wamkulula,
 waza u Dyakalashi wabopela umvundla ku-
 lomti. Ute u Dyakalashi sa emkayo, eshiya umvu-
 ndla, "Undincedile bendizakubulawa. Zifikele
 inyamakazi zamkulula, akusela uba ugatwe
 ngu Dyakalashi. Phela, phela, ntsoni

2. Kwahlala, kwahlala kwajintomi, yangu Ngombane namagabane ake. Wati w Ngombane ukupuma kwake esitwini, "Jala, ndizuna ukuzeka". Wati uyise, "Kulungile nyana wami, ungazeki". Wahamba ke w Ngombane namagabane ake, bayibona intombi kumhlaba okude, wayitanda w Ngombane, wayizeka. Kwalele xa bebucupya nayo, ati amagabane ka Ngombane, "Ngombane, hamba siye kubeta nezuya intaka". Xa besetajeni kweluncwe wati w Ngombane, akawakushiya amlwana wabantu, engalazi elitafa. Dincengo wada wavuma wamshya pezu kwesiduli. Ate xa ekude chamba elala intaka, kwavela imbulu pantei kwesiduli yati, "Maibolekane impahla ezi." Waba onemp, yza yamngxamela, wati ngokoyika, wauma, yamtata, yamfaka pantei kwesiduli, kwahlala yona ngapizulu. Kule kunjalo, bavela o Ngombane wabona okokuba w Ngombane, esinguye umfazi wake lowa woku de. Dvaya amagabane ake akumbona ukuba asinguye. Waye ka yena w Ngombane sekalele wem ka. Wayika kowabo, wa ngama ebuhlanti, wahlala, aye amagabane ake emtatile lamfazi uyimbulu, eza naye apo kowabo kwafika pntaka zamsumba lomfazi wokwenene ka Ngombane. Baye besiti abaya, oyena mfazi ka Ngombane yileya mbulu. Waye esito yena asongomfazi wake lo. Kwati kunjalo, zavela ziyantika zihamba nomfazi ka Ngombane wokugala. Zavela zibhabha pezulu, zivuma, zisiti! -

2: 5.5 1 - ? -	r: d. d 1 - :	2: 5.5 1 -	r: dd
Ngombane	Ngombane	Ngombane	Ngombane
1 - i -	5: 5 m r r : d. d	5: 5. m r r : d. d	m: r id -

wamshyu Caca zela wamshyu cacapla umkake
Waye w Ngombane enodade wabo ekutwina ngu

Ngombane Bukubhukwana, engakwozi ukubamba. Naye u Ngombane engadli. Wancenga udade wabo ngenye inani esiti, "yidla Ngombane". Zajika ezi ntaka apa ekaya xalomfazi ungulacazela. Zati zakufika, wafika waselenga. Wati lomfazi apa ku Bukubhukwana, "Ungake undivela" u Bukubhukwana wayeshiyeke yedwa ekaya, abantu beyokuhlakula. Zapinda zajika ezintaka abantu beyokuhlakula u Ngombane wayesemiasimini. Zapinda zasula kwalengoma ingasentla. Wesuka u Bukubhukwana ngokubona ukuba umtakwabo akadli. Le mbulu ikona wasuka u Bukubhukwana womsela lomfazi womsela womtakwabo xa be kubugwa lomtu ulungwa apa ekaya. u Ngombane wesuka walalabikigaba emiasimini, akuwa ukuba nguye lo usekaya waza kumlandela apa ekaya. Zajika intaka eye bezihamba naye. Wambamba. Pela, pela, ntoomi.

Izibongo

3 Ezibhaxisekile :- Dinishi, makolonathwarile, mtaka mbenyana ndatsala ndelimpondo, ndabeki nchaze ni. Wankantuzi lomfazi, kahlugushe likulu pente kwengubo. Wakala Pompongo mhla ndalungwa ka kanti ukalawa ngumkontusisishungu. Nditoto ke njembe krem - krem. Kufayefi bekile. Kukroga kamcepe, kumafela phati dikazana akunani.

Ezibaske :- Ngumawucula, isisu som siyashukuma siyaxuzuzela. Kumangele inkawu. I Tyala latetwa ngu Nonantse, ~~ku~~ Mzilikazi infere zingeto, zibhaka esiheweleni. Umxosa oxhentse kwa Mzilikazi wade wayintotololo. Uqongqotintonga, into engapakati engozukuyinika mtu. Ngandani, ungapantsi sya gatwa ngu Ngapantsi, ^{phambili} kutshiswa kubantu bedibene ngoTando emfuleni. Ndagabela e Ghenara, ndabu yelela, kanti ke bendigaba mampondo ndisasa emhlangeni. Zenza inkabi zabhaka e Krimbilibu.

gabuyelala, gabikase kapa - jawunco ubupika ntona
kosa ndawu - mbini, into yagosa kwafanelika. Yagosa
kwa Mtengwane yaga kugosa kwa Mhloato, baye beji
kwaga ku mbengane nase bankeni, besiti. "Thome
yahhala mtaka Mfundisi"

Ihasto Lomdyaro : Ngunkomo zimnyama, usangxa sami
siya wula, sibika kwamakulamahlali. U Bikitsha
no Bemla. Ngaza bempukela ehlatini ku Helese.
Mmpundu mazekame zidedisubulongse pakati kwe
mpundu. Ajajile amampundo kwabizilikazi. Nguggi-
shela nge gaga. Yinkwarkwe endala eyase Nyandeni
Uh h h! Umhu onezifombo uyahlupika, ubelaku-
ntwana engatandi. Indoda ementevu iyavuya
xa izakusenga kubu kumbala mangqongaza kuwa
langa. Mlandulagegize kanti utywala buphelile
ekoyini. Nditsho ngokucitika kwelhekile ukubi-
ka emadodeni. Nditsho kuwe zimelitokazi, ntaka
zetwatwa, uratini mtaka Thwaye. Yapungaba
namazingo into zabantu ngowuzenzakalisa.

Balemarubeni, sikova sinetyala, ngada ziyini
tya zitya.

Qzenkabr yankomo : Botanisi, meleka batsha bantu
bako, nodlelendeni, mtunzi omnyama ziwubale
kile, mbolelomvu yama kosa, into simbi ka
Isodeni enditshisungala. Gxekumbengwestokweni;

Izemaqo yankomo : Nomkonka, nditsho kuwe
Nomkonka. Mlungu ofukuta imbila, nditi
zanka, ndayibiza yasabela ingapeshya komfa
la, ndati xego lesaporo alisapume nentwana
yonehlezi, nditsho kuwe mtaka makroza, nda
kubiza wasabela ndaye ndisiti, "Anyamatoli
Mhlopekazi okanyemadizeni.

Inkuzazi yankomo : Banabasi, m Lungomnyama
otengela amagqokoma, nditsho kuwe culukunya
tela, mtomde womlungu. Nditsho kuwe ka goba

nobambo nolwempetwana. Ndikala kuwe ke nggolobembeni.
Rosa Nomkonka mdungojukutimbila. Nditsho kuwe
Gezemdala, Krexenge likawetu landibuzukuwasai ngoku
ndilele nomlu wam ndodwa.

Inkwenkwe eyayibele intonga: Babingile, nggolobomwa
yaso Bungeni, nditsho kuwe masalazincame, kude ku
pume nentobe, nditeta nawe kadedlumvibomataka
Yubondaka. Pilo na? Tembale kumalede (Inkwenkwe
ka Buzani, w. Mtuluzo).

5. Sijilo zasende azibongwa. Imfene (ike ibongwe kubu
Kaloku yona iyazuywa nokuzuywa njengegezu)
Ngugqambashe yintemazony' amblope nawomhlali
ngumbona kade benkile, nditsho kwisikisebu esible
esibhuzubhuzw. Ngumbona kade benkile, nditsho kuwe
nkunzayapuka ubusa. Nditsho kwinkunzi etikupala
yela u nonkala ebheka emlanjeni. Ndikala ngoma-
bonabulawe, kwinkunzi eti sakuba lixhego ibe-
twe ngezinye bati baya yinzozisa ipindi ibe nguntwan
Nditsho kuvabokoreka, u sawulama - bhekebheke
kunkanyezi yehaga. Kutshepu kumagala aya
ngqingqa. Kutshepu kwinkunzi edla ngokuqisu.
kela, kuzulu liyazongoma. Kuguda lentombi
hifele endodeni kumtabata, kwelima lasema
langa, uti nobengatandi agabuke selepakati.
Ncincilili!

6. Sijinto ezilinywayo Azinazibongo.

7. Imilambo :- Uwe! Um Baka ne Miba ziyazalana
Doisha ebadi uyke le intombi, ngokuba lenkomo
inkoni yinkomo enokutsala. Kula sibhala sizo
kugawula intonga. Pilo sami oendaba nditsho
kuwe ke Evelina ntombi yaxzilandani. Nditeta
ngengawukazi enkulu xa nditshoyo. Nditshoku
Nongogo kwintombi yelokishi, nditshokuwe misitaloi
yeka ukujonga kwicala lika Y. Shala eskolweni,

K11/40

fundisa abantwana. Kwakudibula iponti enamehlo ukula uyakijonga kwicala lika Titshala. Uyakulifa mana ixesha lokufumula esikolweni.

Intaba iyabongwa kuba iti imbongi yezwe, "Intaba ka Ndoda yizikeleleni, Intaba ka Ndoda y'Jamangela Nditsho kuni izwe zaseli Hlangeni, Nditsho kuni izwe zasema Xhoseni."

Induli nendawo :- Pezu kwe Ngcolora (umlambo) e 18 apo ku botshwa ishimu elinesibongo lentulo. Apo zizuga ufudo kubhe esha usam, kukokile isele elinemiteli eluhlaga ibleki ibanjwe ngunokala, wathayelela w noplata na Apo kuka into ka Yshukula emdaka egama nditi kukwaphuka kwentonga. Into eyakubela kwa Hala otuka amaguda e Nyandeni, azonwaya izinene ajongi se ngasentshonalanga kumhlaba waku Isolo. Ndiya hlulela zinkosi kumhlaba ka Lize kwinto ka Makalima. Kwateta amagqirwa ati intiza majijike zonke bozokushiyeke bijabula into zonina. Kwatiwa majibuye izitebe zize ebantwini. Kwatiwa intigwa majje zonke, gazisitsho ku bomba kuji etole, into eva ka kubi ngentlizyo, into eyesuka yayeta ukuzungwa zintombi zakoway. Into eyesuka yazungwa zintombi zama Baso nezama Ndebele. Into eyajililolo kumhlaba waku Isolo, into ekaya likude kwesika Benisi. Into eyajihamba nento ka Mapela.

8. Inkomo :- Inkomo ziyabongwa, sizibongile kum buzo we 4.

Izitya nezitsho.

9 Umkonto :- Ndandimkonto wam, ndiyinkunzi yenkwenkwe. Umtana lwo lulufutshane. Kwa kuti xa kuzakugubisana amakwenkwe akusa Gadika nawakwa Macongo, kwaye kuki inxela lakwa Mangqwambu, e Yabase. Kuko eka Mdala kwesika Macongo. Sagala ukugubisana ngo sikisi ekusem, ndati ukugqiba kwam ukwisa.

mulula intambo, ndawukiza umkonto wam. Ndati mna
 "Ibhunga lama mfengu nelama Xosa liqabalakile", kumbha
 ndaka ndibona. Ndawujula pozulu wamila emtwini, ndak
 ukwukuzwa kwam, "Umhlaba uhlangene", balakadudu
 umhlaba olala intaka, ndati mna malalazijule
 sicinge izono zikanina, ndati mna lashukuma ilang
 kusakuba semnyamene, kumfazi ongumtakati,
 ndabiza abafazi bentlanganiso, ndingowembola, bati
 besakubiza igama elikulu ndabiza ukuba nitoko
 nonke na? Ndapendulwa ngumfazi wamnye,
 wati, "Lento undibuzela lonto, i Bayibile uyayazina".

- Ndatoko ndisiti mna, infanele ukuyibuzela lonto
 kuba nimanukuti nggob'okile. Ndisuka ndeva
 kusitwa bentwele umtu efela nisilwa ngama
 tafule, wati akuti ndiliz'eki ingaba inkunzi yempu
 ndulu le' ekuyekile ukudla kwayo. Ndati kuwo
 Uh-h-h! ndiyagqibalisa kunyaka ozayo sendelubile
10. Uloliwe :- Basela Neli, nditsho kuwe Makhevethe
 khwethe. Hamba wati mfondeni sise e Rantini
 mbobeni dukemtayini, nkonyakazi wenkomo zakwa
 Zulu nezasemanyini, ndisabale ndayeka zigo-
 ngwezidala zokuhla ulutwa. Ndikala ngawe ke
 ngolo wenkomo zenyanda. Majungwa zintomb
 ze Japani nezom Hlangai. U Jujuzi masegwamde
- Imoto :- U - - yapima inyaka eminye
 ma yasem lungweni, empvili mane. Hlayi
 she w Nkosi no Nkositkazi beyakubona um
 hlekazi omhle. Bayibona inggangasholo
 enkulu, ubheli oluhle into engati size ife
 bayibona inggangasholo enkulu. Nditsho kump
 moto ukulunga kuwako kufana nokwezulu.
- H. Izibongo zabantu :- Ngumbobeni, ngu Dukemtayini
 ngutywala betiki, ngumsukuzo ndiyanya
 ngumtaka Tolisa. Nditsho kuwe mbobeni, nditsh
 kuwe dukemtayini. Nditsho ndisiti, yiya le.

mtu mdaka unye, mtaka Mapaka. Wapuma kwenye nobulunga
 mhla wazalwa ngunyoko, Nditsho kuwe belcha stanga
 ungenatanga. Nditsho kuwe mbombo ukukutuka.
 Nditsho kutapa lentwala ngumblubulo. Nditsho ku Ngwa
 shula kwiniyawo leggwira lubi enigini. Nditsho kuma-
 ggwira ayagubana. Nditsho kwinkunzi emdaka yase
 Yolweni.

Inkosi Julius Makalima :- Ah! wena kalipa elikulu da
 Dabula amanzi, ladubula amanzi olwandi olubomvu
 Nditsho kuwe sapula mkala kuwe mkala. Wena
 mahleka agetezeko esakusa kusitwa intombi ulubale
 Nditsho ago Nomkoka um Lungu ojutata imbila.
 Uyixamla ke nye, uyayipakerza nja ka Bushula. Sa-
 wovela kude nakude tole lenkunzi emdaka yakwa
 Nguni, wena bakubaza ukhlab' ungetakhlabi luto,
 Wena mgokozo onzima ongetwala dyongesi, wena
 wajuma futi ungasamele mtu. Hakade wena
 madlabula wawutini ukusuka ubange ude uggete
 ulibale uba umnikazi ndawo ukona. Nditsho kuwe
 mtaka Bushula emdaka, uze ubapate abantu bako
 bakufanele. Siniha !!

Intokosela nemizeteliso

12

1. Rayirayi, rayi ndinamtu wam upala angayeki.
 Ngumshidi wokutunga.
2. Rayirayi, ndinanzundisi wam wase Yoketshu:
 yi Ngwanza.
3. Rayirayi, ndinanzowa zam zone gomgubo, xa ndi-
 funa ukuzicita ndiyacita :- Yimibele yenkomo
4. Ndinamtu wam, ndiyarayemlanyeni emkula
 ndibuye epefile, okanye emncinci :- Isipa
5. Ndinahashi lam letiba indonga zikhlangane :- Inaliti
6. Ndinazinja zam gine ababaku mabini nengqege
 zimbiu :- Amavili enqwelo.
7. Rayirayi, ndinahashi lam alipala kungenamsila :-
 Inaliti.

- 8 Ndinazinja zam zezabane, ngambhakw omabine: - Ngamavata
esikotoho.
- 9 Ndinanyoka yam eluma ngomsida: - I abhokwe
- 10 Ndinabantu bam bamibe impakla ejumklope, neqya ejim-
nyama: - I micinga ye matohisi.
- 11 Ndinanyo wam ujinga elweni: - Ixivingo seselwa.
- 12 Ndinabantu bam ungabatuma napima babuye ngokwi.
Ngamchle.
- 13 Rajirayi, ndinahlaji lam libhala libhale ligawulwe
zinwele.
- 14 Rajirayi, ndinakehlekezi bam lifa libhinqile: -
Umtshayelo.
- 15 Ndinabantu bam bayafukisana: - I sayawo
- 16 Ndinanto yam, "Yini pi?" Yintakumba
- 17 Ndinanto yam ihlanga ngezantso: - Intluzo.
- 18 Ndinantu wam uyimbamba wonke: - Isongololo.
- 13 Imizekeliso: - 1 Inkala ixinge etyeni. Xa umtu exake
yinto kuye kutiwe, "Inkala ixinge etyeni."
2 Isagwityi esivutka mva sibelwa zizagweba.
Umtu ofaka kade noyenza kade into, udla ngokusau
ka sekusemva.
3, Usana olungakaliyo lufelo embekweni.
Umtu oti xa efuna into engateti akamakusagwa
into ayifunayo ke afele kokokungateti kwake.
4 Nyengosana lubekwe ngunina uba alunaku
kala alunaze laziwe uba lulambile.
4 Isala kutyelwa sibona ngomfaw. Umtu owala
ukuselulwa, ongevayo uyenzakala, oterke se
Kukubi, esenzakala.
5 Wapuna wihli engcongolweni. Xa into abikade
yihlwa, ize isuka weliswe kwangabajihli bayo.
6 Anaputi ahlatinge: - Abantu abavanayo.
7 Infambo netungo: - Abantu abavanayo.
8 Ukwanda kwelwa ngumtakati: - Yinteto yokubukla.

xa umtu ekwenzele into. Umbulele ngolohlobo.

K11/40

- 9 Ukukawulela inkawu zizakusela:- Ukunjomgama into esezakwenzeka.
- 10 Ungakwazi ungekapume ehlalini:- Kukuti usaxakelwe usubutete ngezinto zamaxa sowupumelele. Kanti mhlawumbi uzakubuya ubambeka kwakulongiingwa.
- 11 Akuko nkanga vdiubulajingeti:- Nokuba umtu ufikelele kumgangato opezulu, umelwe kukuba agugede kanjalo.
- 12 Umazi wendlela ngokhujijhamba:- Okokukuti, umtu uyayazi into owake uyenza, aze ati kanti kutelwa nje ngomnye abe selizayo ngawake amava obubi abenzayo.
- 13 Isihlangu siviva ngumniniso:- Umtu abaziyo ubunzi ma akubo ngumniniso nabu. Omnye akasoze ade ayayo nde ncam, into ekomnye.
- 14 Gugie lingabalikulu umbombi uyagochi:- Umtu xa esebhongo lento etile ke ingapumeleli ebizimiseke kuyo kakulu, enegugie ngayo.
- 15 Dlo kuko utando, kuka indlela:- Xa abantu ababini be tandana, abaxakwa kukuziquba imfundo zabo, nokuba sekumini banina ngapambili.
- 16 Imbulu yaswela unola ngokuyalezela:- Umtu oyalezayo angayi kuzibonela ugaphoswa, ade onakalelwe.
- 17 Unokala uzala omnye unokala:- Umtu okohlakelelo okanye olungileyo ulla ngokuzala umtuwana opanaye.
- 18 Ukumbela umtu ngenye ipindwe:- Kutelwa ukuba umkohlisile, umpholisile, umtetele into engwanyanis.
- 19 Inyosi zingasuzela zeki zetyebile:- Xa uzuzana nobunzima ujuna into, yazi uphila lento inxabiso ke kunzima nje ukuyifumana.
- 20 Uyo kwa ntsongwanyawana:- Kutshiswa xa umtu epla kutshwe, uyile kwantso ngwa - nyawana.

22 Umculo, Ingoma, Uku xhontsa.

Izinto ezikaliswayo zokombela.

- 1 Umculo, uhadi, 2 u kwali, inkinge, 3 Azko yfleyiti

K11/40

4. Isigodlo sifondo lwentlomo.
5. Amagubw ingqongqo.
6. Inkalala, neswahlana setoti yamagqwa
7. Ajiko.
8. Amagqwa wona abela amagubw. Empazweni kubetwa isigodlo.
9. Akuko zimbi.
10. Incaza yazo nganye: - Umrube uvela entla apo ama myengis ayesuka kona. Zazka ezizinto kwalapho. Uhadu luveli nezizwe esi. Ugwali nalo laluko kwasentla apo amaMfengu ajevula kona. Inkinge nayo ngokunjalo yadaleka kwasemvelini entla. Isigodlo sadaleka kwasemvelini yesizwe. Amagubw akwavela entla nohlanga. Inkaca zabako kwave ntle apo isizwe savela kona. Isiwahlane setoti siza le kweli lase Mbo Kuba, entla kwakungeko mtu way sidla ngezitoti ezizinto zenzuwa ngazo.
11. Zabolekwa kwabanye abantu: zonke ezintambula zavela nabantu, azizange zibolekwe napina. Zidalwa nohlanga.
12. Uhlolo lokwenziwa kwezizinto: - Umrube ukwenziwa kwawo, kutatwa uswazi lozingati nokuba luhlolo lugotywe kwenziwe isapeta esidityaniswe ngojiko. Umeringa wesigungu kiwona, uti utatwe, kubetwa ngawo kolo jiko. Uhadu lwenziwa ngombanga-ndle nangesiduli, mangeselwa elivulwe umlomo wamkulu liggojizwa apa ngapanteni, indawo yokupakwa entongeni, kwenziwe inkata yokuba lingati zaka entongeni zelebe nokukala. Libetwa kwangombanga womqungu nalo. Ugwali lwenziwa ngengcongolo, kufakwa itshoba lehashe. Itshoba lehashe lifakwa engcongolweni kwe linye icala eyenziwe uhlanguana oluncinci. Kwelinye icala elitshoba lifakwa dusibeni lwesanisisi oluggojizweyo. Inkinge yenziwa kwangengcongolo nayo, netshoba lehashe, kodwa ke yona akufakwa lusiba, yagqinwa ma-

cala onke. Isigodlo senzuwa ngopondo lwenkomo, senzuwa dlo esidala senkunji nokuba likwange, okanye yinkaba yenkomo. Isigodlo esi, siyavalwa kwelicala likhulu, nge ceba leselwa. Kuggojozwa apa pakati indawo ekuwutheba kuyo xa sikaliswayo. Amagubw ukwenziwa kwawo, kusungwa uzele macala onke lube ngqukuwa. Lutika oluzele lwenkomo lakoma lube godololo, nggonggololo lulungelwe ukubeta lingoziwe lenze ingxolo.

Inkaca ngumti uyaxotyulwa intswazana ezi zawo zidityaniswe, zizakwe apasema ngneni. Ziti zakoma zikwahlaze zenzi ingxolo xa umti axentsayo.

Isiwahlane kutatwa stoti kuzakwe uhlalu namaliso iggojozwe umti ayibophleleli emangineni. Yenza ingxolo ke kwangolo hlobo xa umti axentsayo.

13 Zenziwa ngamadoda? Abazazi nokuba ngabantwana?

Umsube wenzuwa ngabantwana (amakwenkwe nama ntombazana) uhadi lwenziwa ngamadoda kwana bazazi. Ugwali lwenziwa ngamadoda. Inkinge yenziwa ngamadoda. Isigodlo senzuwa kwangamadoda. Amagubw enziwa ngamadoda nabazazi abangama gqira. Inkaca yenziwa ngama gqira (abantu abantsayo) nokuba lulupina uhlobo, amabliinga okanye amadoda. Isiwahlane senzuwa ngabantwana xa kugqijwayo.

14 Indlela yokubela

Umsube ubekwa emlonjweni ubanywe ngesandla umti ahlikihle ngozicenga ngesinye isandla. Uhadi lubekwa esifubeni, lubetwa ngeninwe. Ugwali lona luvutela ngomlomo, lutsalwe umoya ngomlomo. Inkinge sibanjwa ngesandla, ibekwe emlonjweni. Isigodlo sibanjwa ngesandla sivutela. Iqubu lona ligangxwa apa esifubeni ngentambo yalo. Inkaca ayibanywa, inxitywa emangineni. Isiwahlane naso sibotshelelwa emangineni.

15 Inhlala yokuzibela

Umuntu ubetwa ngomcinga apo kolocingwana laroo. Uhadi xa lubetwayo lubetwa ngomcinga nalo. Aluya-
kwa nalonyeni, kusuka kubekwe iselwa ebeleni. Umuntu
amane ekingeza apo kolocingo lalo. Ukwali xa lu-
betwayo luyakwa emlonjeni, aluvutela. Umuntu uya
lubizela xa alubetayo. Inkinge yakwa emlonjeni
ibetwe ngoziba apa kulentambo yenziweyo ngethabe
Isigodlo xa sibetwayo siyavutela kulo mgqojana we-
nziweyo kuso. Igubu luyabekwa ngentongana zalo.
Inkaca iyazibhokomela xa umuntu anyatelayo, enggi-
sha, exhentisa. Isiwahlane naso sithi njengokuba
iyakwe apa emangweni, sizibhokomela xa umuntu
asinayo.

16 Zibetwa ngobani?

Umuntu ubetwa ngabantwana, amakwenkwe
nanvantombazane. Uhadi lubetwa ngamadoda
nabafazi. Ukwali lubetwa ngamadoda odwa.
Inkinge ibetwa ngamadoda nabafana. Isigodlo
sibetwa ngamadoda nabafana. Igubu luyabekwa
ngumfana, intombi, indoda nenkwenkwe xa nga-
ba utwasela ubuggira. Inkaca nayo ayiketina-
wupina xa etwasela ubuggira. Isiwahlane sibe-
twa ngabafana besenzela umgqibo.

17 Inani labadlali: Ezintlo zidlalwa ngumntu abeninye
ngelake isesha. Umuntu ufuna ukube adlale udlale
ngelake isesha jedwa.18 Zingadlalwa kunye xa ingulowo uneyake? Ewe, ziyadlalwa
kunye xa umntu ufuna ukutshatshela, ukuthi iyaki
inkinge ingazigqumelela ezinye.19 Ziyadityaniswa ezingqanayo? Hayi, ziyadityaniswa
ezingqanayo, kubenye ingatshona ezinye, okanye
zisuke zingevani (discord of keys)20 Ziyapelekwa ngomntu? Ewe, keziyinye kuyavanywa
ngumntu ngomntu, kodwa inkinge, nomuntu, noqwali

- ajinakurumnyelwa zona, kuba zibetwa ngombona.
- 21 Zidalwa ngamaxesha atile? Zidalwa nye naninuna kamati amagubw abetwa ngamagqira xa enentlamba. Isiwahlane simxitywa xa kutso umjadu (umguba)
- 22 Zisetyenziswa kwinto ejitile? Kwantonyane buyabetwa ukhadi kodwa xa kusemdudweni into esetywaye zizwahlane nankaca emagqireni.
- 23 Zibetwa naninuna? Ziyabetwa naninuna kodwa ukhadi ludla ngokubetwa ngokuhlwa, uresha elimamelaka kamandis. Kwanenkinge ikolisa ukubetwa ebusuku.
- 24 Zisetyenziswa ngabazimbabule? Ewe, ezizinto azibetwa nangubani. Zinabantu bazo ezibetwa ngabo amacule aze.
- 25 Ingoma yohadi: - Ngq' Mgqaza, nonandwandwa, no mzikazibulale.
Ingoma zogwali: - "Yankumandeni apo ilizwe levola koma ne Ntshikarutsuka, "Ipi impi nazayo ng ali wendaba"
Ingoma zenkinge: - "Ingwanemputshane" enye ke ngabazali belizwe" Ukade sibafuna, nankw naye -
Ingoma yesigodlo: - "Mabeze bonke, ilanga liyatshona."
Ingoma yegubw: - "Ingamagana", Ingwanemputshane,
Eyinkaca nesiwahlane: - Kwunonywa ezongqiryo o lukundi-
 kataza Zwelinjani, Hamba, hamba no Zwelinjani,
 "Uzintshaba".
- 26 Kutso ngoma zintsha zibe zivunye ngamanye amaxesha? Ewe, umtu uti akiva iculo elitsha kwelinye elizwe, alitale, azokulibela kule yaki into, abe seklifakela izinto zake, elenza ingoma yake entsha.
- 27 Kupuneka umhweqeshekile kulongoma xa cyibetwa? Ewe, umtu kupuneka eziqhalisile ekuyibeteni ingoma entsha ukuze ade ayibeki kakuhle.
- 28 Kubako qegesho butile? Uqegesho olu alenziwa kunye xa kuzakubako umnyhadala. Elwa uzengela olwaka uqheliso yedwa, xa zakuya emnyhadaleni.
- 29 Kuyakutshiswana? Ewe, kwantonyane kuyakutshiswana.

ngohadi, nangenkanga nangogwale.

30. Banako abakokeli? Abajundisi? Abaqeshi? Yintoni umobenzi wabo.
 Haiyi, akuko bantu bangabakokeli, nabangabajundisi, nabaqeshi. Kusuka nye kusuka ucule nye libalaseleke, kanti nomnye ngohubukela kulo ulicule, usuka awela abe yinto ngobunto baya naye.

31. Umti lowo ke ukhamba edlala abhatalwe? Haiyi, usuka bantu ngezi zinto.

32. Abadlali benzi indawo bayahambela kwenye? Haiyi, umti ubeta elalini yake angati sa kuba nakwezinye indawo zikona ezalapo ingcibi.

33. Ngasipi isizathu? Akuko isizathu sikoya kulonto kuba ayenyawai into yokuya kubona kwezinye indawo.

34. Akona amagama ezintshentsho bangezayo? Ewe, kuko ukusima, ukuguya, ukushentsha, ukutshila, ukutyityimba, ukugamba, ukududa, ukutyuluba, ukutyatya (kwamakwenkwe) ukungqungqa (kwabafazi), ukuyeyezela, ukuzetula (ukugijira).

Imshentsho.

35. Intlebontho zemishentsho - zininzi intlebontho zemishentsho ezizweni apha.

36. Amagama emishentsho:- ukusima, ukuguya, ukushentsha, ukutshila, ukutyityimba, ukugamba, ukududa, ukutyuluba, ukutyatya, ukungqungqa, ukuyeyezela, ukuzetula (ukugijira).

37. Ishentsha ngabapi abantu? Ukusima ngodwene kwenzwa ngabafana namaggala. Ukuguya kokwabafana namagana, amadoda. Ukushentsha kokwabafana namadoda amakulu (izintaba ontaka) ukutshila kokwamakwenkwe nabakweta. Ukutyityimba wouke umti xa enza lemishentsho yonke usuka atyityimbe ngenxa yokutamba komzimba waka xa enza lemishentsho awenzayo. Ukugamba kokwamaggala onke, nokuba ngumti oluhlobo lunina (ibhinga okanye indoda). Ukududa kwenzwa ngamadoda la

angamajina nabafana bayaduda. Ukutyuluba kokwama
qina apa emadodeni, yike indoda idjityimba izipika.

Ukutyalya kwenziwa ngamakwenkwe. Ukungqungga
kokwabafazi kanti nentombi zifunda ngoku jisezintombi.

Ukuyeyezela kwenziwa ngabafazi namadoda.

Ukuzetula (ukugiva) kwenziwa ngamakwenkwe.

38. Izizathu zokuthentisa

ukusima kwenziwa xa kuspuma intonjane.

ukuguya kwenziwa xa kuspuma amakwenkwe.

ukusentsa kwenziwa xa kuselwa utyala emgidini nasemjadwini

ukutshila, kutshila amakwenkwe xa engabakweta.

ukutyityimba amakwenkwe atyityimba xa atshatshayo.

ukugamba kugajwa xa kuko intombe yamaqjira.

ukududa kududwa xa kuko imjadu (umadoda)

ukutyuluba kwenziwa emadodweni wokutshata kwentombi.

ukutyalya kwenziwa emtshatshweni ngamakwenkwe.

ukungqungga kwenziwa kwantonjane ngabafazi.

ukuyeyezela kwenziwa emgidini ybakweta abatshilayo.

ukuzetula kwenziwa ngamakwenkwe emtshatshweni.

39. Yenziwa emtshatshweni kufela? Wona umadoda ngowontsha

to kufela, kwezinye izizathu zokomaba jko imixhentso
sela seliwe ngasentla.

40. Yenziwa xa kulasi? Xa kulwa? ngapambili okanye emvakwe

mfazwe? Okuthentisa xa abantu belusizi nava bawela

emfazweni. Xa beziya emfazweni kwenziwa emngqiso nga-

madoda emfazwe.

Ingoma:

41. Zingomazina ezabelwazi? Ingome ezikoyo, zingoma ezo

mbelwa kubemixhentso sela seliwe ngasentla. Ingoma

ka bhala zeyomadoda. Igwatyw leomadoda kanti nomtshilo

Umadoda wanywa xa abafazi besima. Emngqiseni kuvi

nywa ezomadoda. ezomgubha. Emngqungqiseni ngu

"Nongale." Ezentlombi ngumbala ingoma ka nji

w "Nontwayiso." "Umentelwela piva ulila nje."

Ezomgubha: "Ng. Sukendikatoza Ziwelinyani," o Zintaba"

- 42 Amazwi engoma nencazelo yawo :- Ekambala. Ho hawu marugoduke bafazi balendawo. Hiji he-he-na he. Ho hawu. hena! Incazo lamazwi kuya gbutywana xa limkayo ukuba makugoduke - amadoda aquba abafazi bawo.
- 1) U Nontwajiso :- Amazwi wena Nontwajiso wewha - wena Nontwajiso wewha. Incazo atela ukuti wena uya kuba yinto oyiso.
- 2) Inyamazana - amazwi :- Charji ingamazana ho hawu Incazo sibonga ibokwe emblope esiza kujidla.
- 3) Uongabe - Amazwi :- He Nongabe masuye e Goli, masuye e Goli Nongabe. Incazo kutsoko umfo ofuna ukw-hamba efuna umhlolo waka amtanda ye ukuba emke naye.
- 4) Abadli bentloko - Amazwi :- Abadli bentloko, abadli bentloko, imandi le tamo oyoho, oyoho. Incazo kutsha amadoda xa esengodini utile besidla intloko yenkomo ebix heliwe.
- 5) Selo - amazwi :- Selo, shehe, esilo sam sisigebenga oho sigebenga. Incazo kutsoko indoda efuye ngenyoka xa iyitkelisa.
- 43 Zikona ingoma ezivanyelwa ekusini? Ingoma zonke zenziwa nje. Azenzelwa kusini.
- 44 Zenziwa ngevasha elinye enyakeni? Ezi gomngqungqo ingoma zenziwa ebusika. Inguye yenziwa ekwindla ezamagqo zenziwa ebusika. Ezonkinge zenziwa naninina (ebusukw lelona xesha litandwayo) Ezontshilo zenziwa xa kutshiliswa ekwindla kude kubebusika.
- 45 Ezingoma lenzelwa nto itla nengemisthato? Ewe, ziko ingoma zemisthato, ezigondhudo.
- 46 Zikona ezara kubunwa? Ewe, ziko zazi zemlayi (indwala) Ingoma zonhala zasentlombeni etyaleni.
- 47 Pambi kwenzazwe? Xa kuzal kujiswa enzazwe emkombelwa u Magwaza. Enye, "Wajitela indaba kanti utela impi."
- 48 Xa kulwa? Akombelwa konka xa kusilwa.

774

32, 33. 1. 1 K11/40

- 49 Kuyombelwa xa kuzingelwa? Ewe, xa kuzingelwa unggeni kuyombelwa xa kusukwa, kutwana ye ke xa kusondelwe kutuba
- 50 Xa kusetyenzwa okanye kuhlakulwa? Ewe, emalimeni ko-mabelwa ezi zomgibho ingoma. Umtu xa elanda uyombela, nayipina ingoma xa esebenza, leyo ayicalcelyo.
- 51 Xa kubanjwayo (marching) Ewe, ingoma zokombela xa kubanjwayo zezi zomgibho.
- 52 Egokututuzela abantwana? Ewe olilili oli mtwana. Leka lala lala mtwana.
- 53 Eziculwa ngabantu abatili bodwa? Ewe zika kubu ezi zamagisa zombelwa ngama odwa.
- 54 Zombelwa ngamagela abantu? Ewe, abafana bas nezabo, intombi zinezaga ingoma, namakwintkwe anengoma zabo, amadoda amakulu omabela umhala wona, abapji lombelela amadoda.
- 55 Ukona umhlabele? Ewe, esithosini ingoma yonke ihlatzelwa ngumtu abemnye, ukuzi balandele ke abanye abantu bangenelele.

33 Imidlalo

① Imidlalo yabantwana abancinci:

- 1 Izigelelengano besiti :- Lo umdlalo udlalwa ngabantwana, balaleki k'hamba besiti, "Izigelelengano zingaka obili bangaka" Bati xa bati izigelelengano, bafakamisa izandla bangcotshe, bazenge bade kangangoko kanti xa bati obili bayiza bafutshane kangangoko umtwanawazigobe, azicela azenge mncinci. Logam benza lonto ke bayajikeleza ngesangga belombene, belaleka.
- 2 Icinabi okanye Impembe :- Lo umdlalo kuwo omnye upumbata elitye nokuba bukizo lombona, nokuba lelezumba nokuba yingqata yezusha, ayenze le ngemva lonto kungoko abonayo. Bati ke kulo enyanayo, "Kwincipi", ati ke uba ugashile anikwe kugashise yena kwangolohlobo kanti ke ukuba umgashiswe

akade agasha, woguba kusoloko kugashalo omnye yena egashisa.

- 3 Uchelezi wenzuwa apa pantai ebalezi. Kuswelwa imi ga engomacala mane. Odalayaka uma paya oku-gqibeleni, amana ephosa igilasi, aze amane eyintile ngonyawo olu, etakataka kuyikaba kwezindawo zayo zimacala mane. Uti ukuba eyintile yaza yatsi bela kwisituba esipambili, kutiwe ufile. xa ejile ke kungena omnye.
- 4 Ungaphela ndikhule :- xa kunai imvula abantwana bapima pandle, bakhulule baphumashume bema bepakamisa izandla zina zibetiswa ezintuleni apa ~~kukomisa~~, kwintisa, "Ngaphela ndikhule" ngabo bonke.
- 5 Isele :- Omnye umdlalo ngwesele. Abantwana bayacopa, omnye emva komnye, bati ke kunye bonke, "Kalo isele, emva kwendlu ka bawo lida licolacola, siti sakuligqosa, liti tsi, gxada, tsi gxada, tsi gxada. xa bati tsi gxada ke baya tsiba tsiba oku kwesele, belandelelana.
- 6 Uhaluhalu :- Omnye umdlalo ngu haluhalu. Umntwana uye ati haluhalu, ubetwa ngubani? impendulo yaziwa ngama kwapa ati ngu yeye. Ati ukubetela ntoni? Ati emakwapa andazi, nguyeye, nguyeye, nguyeye.
- 7 Ukuxonsa :- ngumdlalo wamakwankwe lo, kodwa abantwana abancinci ungafika nabo besenza ama qhopholwana inkomo, nabantu nonopopi abancinci abangachulezwanga popu ukwenziwa.
- 8 Umatokawe kutatwa incence igolwe ngafambili apa. Iti ke ebekwe endaweni eyehlayo, enengca. Ke utiakweli tyilizwe kwangaye ngonyawo, ebambelile kanti, ide isuke ibaleke, kakulu uye kuma ezantwini. Bonga ugqata ngayo. kubaka nenkululekwe abantwana abaningi. Kutwa ukubizwa kwaleye zibhasi.

Ucumbelale kubekwai iminwe (inzipo) yenziwe toole peza kwesandla somnye nomnye zide zenze umxokelelo opha-kamileyo kuze ke kumtsikilwane kutiwe cumbelale, cumbele sabalala batoko bayekane. Kubako abantsikilwa gqita kanti koti ngasa limbi kubeko ingxabano.

10 Impukw nekati lo ngumdlalo ophelako kakulu. Kwenziwa isangqa. Konyulwe ikati ezakupukela impukw. Impukw ke iti iphinyele kwesisangqa, iti ke yona ikati ihambe ngalomkonda. Xa iuphosiwe ugqitele kwesinye isituba kuba yona ayiwungqelwa isituba sokupuma, izigamela njama walelwe. Kuvulelwa impukw ke. Iti ke yakuba njwa impukw kutatwe abanye, bayeke abo bokusigala.

Ingoma

"Inja yami!" Amazwi Ipinia: inja yami encincinci? Ipinia inja ipi? Indlele zomfutshane, umisila nde. Ipinia inja yami ipi?

Ingoma yemfutshane: Amazwi Ye kuweyo uweyo mbiba, ejiza kuweyo. Zitsho zonke zilale emvokweni.

Izinto zokudlalisa Izindlu ezenziwe ngamatye nokuba kungemifa. Amanye amatye inga imoto kwindawo elulwalwa lwamatye. Eminye imifa kwenziwa inkaba zibotshwe ngematye. Inkomo namahashi nezinja zomdongwe bazenzelwa ngaba badablanu, basuke ngokudlalisa ngazo bona. Kwenziwa nembiza zomdongwe kupetwe.

Izindlu Kuzhinwa ingca le inde, kwenziwe amaphempe abati badlale kuwo, bati zizindlu zabo.

(2) Imidlalo yamantombazana amazincinci

1 Izindlu zodaka ziyasindwa, kwenziwe imizi. Kule mizika kuhlala ono popi, abenziwe ngemifa nokuba kungokieni neziziba. Kulendawo elubuso kuba lilapw elumblope, ngasemva kulendawo yenwele ibaleliminyama.

2 Ucumbelale se uchaziwe ngentla.

3 UCholezi nayo bayamenza.

4 Uandigena? Lo ngumdlalo ekuti kuzinyelwane.

omnye abe ngumfuni emana ekwaza isiti, "Ndiye-na?" xa abanye bazimeleyo, bati bakugqiba ukuzimela bati makege ati akubafumana abenguzimeli naye ati oqale wabonngokunya ebefuna ibenguye ngoku ngumfuni.

5. Impumputela :- Lo ngumdlalo olisizi, omnye uyogqunywa abotshwe amehlal ngelaphi angaboni. Uti ke amane ephampata efuna abanye, ade abambe omnye. Lowo ubebotshiwe ke kutshwa yimpumputela. Ke ode wabanjwa iba nguye impumputela akululwe lowo ebekade ebotshiwe.

6. Icekwa kumana kubekwa kuncindwana emana ukuti umtu, "Alinam" uti oncindiweyo asukelwe, kutiwe linaya. Ngelinye ixesha ickwa lenziwa emanzini, kumana kumtywilwa kuncindwana.

3

Imidlalo yamakwenkwe amancinci

1. Umdongwe kuxonxusa inkomo, amahashe nengwelo kwenziwe nengqato ngalomahashe. Inkabi zitsala ingwelo, kubeka sabaqhubi, kwenziwa nebroso emlanjeni.

2. Utlenti wenzuwa ngentonga. Kumilisela induku kwelinye icala. Kumana ke kugityiselwa landuku, kusukwa ndaweni nye, ngabanye. Omnye akude ayichane, ziposwa ngapaya zonke induku, ati ke ngoku ibe yinto ebcekwa eti ke ngoku umtu ancindwa entloko.

3. Ungcaka omnye wenzuwa ngenduku. Kumana kubekwa izandla apa endukwini, kanti ke ote wa ngentla ekugqibeleni, nguye owinileyo. Lo udliweyo ke uyakunganda. Kuti ke xa odliweyo engavuni ukuya kunganda, agxizwe. Kwenziwe into ekulwa ligxiza. Omnye uhlobo longcaka kwenziwa ngokudibanisa izandla ezi ziphanjaniswe. Omnye uti "Ndilihlanga", omnye ati, "Ndijimpamba". Uti ke lo ulipamba abe udliwe xa izandla zipambene, kanti

ukuba zehlangu, lo ulihlanga udlike ka. Odliweyo uyakungca nda inkomo, ati akwala agxizwe.

4. Ikaru kudityaniswa izandla, omnye ahlale apa pezukwe ngalo esiti ukwela ekarini:

5. Umdlalo wedifhu enye inkwenkwe ipata uswazi iwa beto amanye la; wangenise emlanjeni. Ukuba aya baleka ayabetwa ade aphoseleke emanzini ngokwenkomo zingena edipini.

6. Ukatiya kutiywa ngezigu ebisuka, kutiywe intaka ngemanyiki. Ezintaka ke zityiwa ngokuhlwa zonke ensakayo. Imeni ke zembelwa apa ecaleni kwesigu.

7. Amagegu xa koluswayo mntu ughelisa inkomo itile libe lizegulaki. Iloqegu ke xa kugodukwa womane kwela kulo. Kuko amaxsha okuwabalekisa ugqatso lamagegu.

8. Owendukw kuyagubwa, kumana kubizwana, badibane ke ngalabane babetane. Uti ogondayo ukuba uyoyiswa ati, "Undikhupile." okanye "masiyeki." Kude kwela inkwenkwe ekutwa yinkunzi ke eti uwalutywe wabete onke nje ngokuba esiza kuyo.

(4) Imidlalo yomintjana komisela :- Imidlalo yama ntonbazana eselenadala yile yenziwa ezimbutweni ukusina, amaqhwangi, ukwenza nokumetsha. Ukusina kuyenziwa ngamakosikazi kanti bonke abantu balonto zintombi.

Amaqhwangi ngumdlalo owenziwa endleweni, zintombi zizodwa. Kwenziwa into efana nomkusane, kombelwe, kutshotshwe, kuxhentswe kanti ke popu akuphekwa, izakuti lonto ukumka kwelanga icitakale yinto eyelele kwimintjana, popu kungeko mtu. Kusuke nje, kuxhonywe intente.

Umetsha yinto eqala kwasemakwenkweni, eti yaziwe nangabazali babo bayenzayo ngokwasemakweni. Ape itshalele kona kusokubeni kade kugondwane kutatwama

emva kwexesha nje ngendoda nomfazi.

Iimbuto lo nguwana mdlalo ipambili elutsheni ekuphelelele kuwo: sifana kwantombi ezikulapo zigalele kona izinto ezinje ngophumiso njalo - njalo.

Ikaba izinto ekoyo ukuti xa kuko sisusa, abafana ke batane hlwa, hlwa ukubetana ngenduku, ade aca apo umfo ka bani onesigalo, abagege abanye kulomthelo.

5. Iimidlalo yabantu abadala (amadoda nabafazi, eyamadoda kukubekwa kwamaqegu enkabi zenkomo kubonwe elishiya amanye. Abafazi bona badlala emigubheni, benzi izidlalo zabo.
6. Iinteto yemidlalo: ~~Ibantwana~~ abancinci badlala bodwa, intombi zidlala godwa, amakwenkwe adlala odwa kanti nabafana badlala bodwa.
Amagela ohlulelana pakati kwezinqila sezixeliwe pbantwana bayahlulelana kwimidlalo yabo.
Amabhaso xa kuti kwabukelwa ngabantu abakulu aze umtu abuke, usaka wambi ampe nje ngokuziva kwake umtwana xa at e wamtanda ukudlala kwake.
7. Abobangapumeleliyo abatatwa kakubi.
8. Abobate bapumelela bayasabiseka ke nje ngabantu abenzi into ebalulekileyo.
9. Iimidlalo ayenziwa ngamaxesha atile? Ewe, ako amaxesha atile angalungileyo ekudlaleni. xa kuziliwe akudlala nasa kungcwatywa.
10. Kuko imidlalo etatwa nje ngeyabantwana? Ewe eminye imidlalo itatwa njengokuba yeyabantwana. Abona bantu ke bajidlalayo ngabantwana. Eyababhungileyo. Iko nemidlalo etatwa ngokuba yeyababhungileyo bodwa engapumane ingenelwe ngabasebuhlanti.
11. Eminye ifunyanwa kwezinye indawo? Ewe, iko umidlalo esuka kwezinye indawo. Imisino le kanti etinye emnye uvela kwezinye indawo. Imilabalaba le yimidlalo egajwela e lusuthu, selivangile nje ngokw nasa

774 33. 34

415

415

kuko indawo ezingekayazi kongo kwantlu apa. K11/40

- 12 Ikona etatwa ngokuba inengqesho: Ewe, imidlalo etile itatwa ngokuba inengqesho ebantwaneni. Imidlalo enje ngamalege amaqegw, ukudlala induku njalo njalo wonke umtu, kuzuneka ayidlale le midlalo elunge ngenqesho enayo. Pojute ekulolunyanzelo kumtu oza engafuni kudlala

34 Ukwazi.

- 1 Ilanga, Inyanga, Inkwenkwezi: - Eziqinto ngokwa kwa tosa zaziwa ngokuba zadalwa nje ngum-bali, ekwakusitwa ngamaxesha oPalolo Mdali ngu Lamata. Uke ke ekubeni kungene unqulo lo Yiso oziqin'zatu, zabalelwa kuye, ekutini zidalwa nguye nje ngento yonke edaliweyo. Umdali wazo njengoko sekutshwano ngu Lamata, wSkulunkulu, esiti namhlanje ngu Yiso. Indalo yokwenziwa kwazo: - Ilanga lenziwe lasi-sikanyiso sokukanyisela imini, nengomlelo okanye sibane. Inyanga nenkwenkwezi zona ngumlelo wokukanyisela umhlaba upela ngokuhlwa. Zonke ke zenzwe akuko licalulo lokuba beziziqinto zasebhlangati (amaduna) okanye ezasendlwini na (isifazana) bezijongwe nje, nengezidalwa zika Yiso, ekungeko buculo balwazi ngazo.
- 2 Izintu umhlawumbi into etelwa kukufipala kwelanga okanye kwenyanga. Kuko into yenziwayo? Linto ikukufipala kwelanga, yinto ebidala ubu-xeki obinenzi, obuti bakulandwa, bucace ukuba ngulowo nalowo ubesuke azenzi isazi, agashela isizatu esibanga ukufipala kwelanga, kanti yonke lonto ugashela nje, idalwa nangumotoko noloyiko nalo. Bekuye kucingwe ngizifo, indlala wenzazwe, nayizina into enokwenzeka kutiwe

4 Amagama enkwenkwezi nozilimela:-

- 1 Ikwezi.
- 2 Ucelizapolo
- 3 Inbalubusuku
- 4 Incandubusuku
- 5 Isoka lasekunene
- 6 Isoka lasekhlo
- 7 UCanzibe
- 8 Isilimela
- 9 Amasozal
- 10 Umgea
- 11 Inkwenkwezi entshantsholozu.
- 12 Umnyele.

Inqwalaselo yenkwenkwezi :- Inwe, inkwenkwezi ziyaqwalaselwa, namaphesha ezipuma ngerawo emva kokuba idanga litshonile ayaziwa aye enento atetu yona elintwini. Umgekelo ucelizapolo lelukwezi lipuma xa kusengwayo ngoratya, lifane nombu ocala izapolo ezigisengwayo, kuba lipuma ukusengwa kwenkomo.

5 Umgea (Comet) Umgea waziwa njengeenkwenkwezi ezi niso, imfazwe; unhlala okanye najipina inta lindlekile xa se yabonakala. Yenkwenkwezi enkulu enomiso, indalo etshatshatsho xa iyinike situngo kwezinye inkwenkwezi nangenxa yokungaqeliki ukubonakala.

Inkwenkwezi entshantsholozu yona itatwa njengesitanyi so sezulu nje, njengokuba idawuza ingumli lo obinzayo. Umbane yinto eyoyikwayo ngabantu bonke (ehloniphekileyo) kuba xa ubonisa umsenyeka, kutiwa, "Kuteta inkosi" Into ke leyo efuna bonke abantu bezole bengawasazeli, kuba kuteta umntu omkulu, u Sonini - namini Ukududuma kwezulu kufana nombane ukhlo nipeka kwabo, kuba kwabo, "Kuteta inkosi"

Umntu bayo bato adung'it'ketisa lento digula
 "Kukungoza kwenguelo zakulo Moisi," Inqwelo
 zasezulweni ke ego.

Umntu wona sisihombiso sezulu esibona-
 kala ukupela kwemvula. Ngumqolisi wezulu
 elinemvula. Zonke eziqinto zitela into eluntwini apha
 6 Imvula: - Itatwa njengento etinywe ngu Nkulunku
 lu ukuza kusipha amanzi okusela, nokuba sebe
 nokulima ipile emhlabeni. Kuko ke nemvula
 ezimbi - izitshi, zipango, amagwa, onogumbi
 Nokoke ezi mthobo azitandwa, zingawajitchwanga
 kangako kuluntu. Kuti ke kuba zitinyelwa
 mtu mnye ofuzulu, sinyamezele, singakalazi
 Isigelo semvula asinto ke wakale emaveni
 omtu. Kusuke kutiwa nje yadalwa ukudalwa
 kwelizwe ukuba ube nento yokuwuncencehela.
 Abenzi bemvula: - bako abantu abazwa nje
 ngabantu bemvula. Abantu abo imvula ibisi
 ya kucelwa kubo mandulo, njengokuba kuko
 ama gcaga (kwanezinye izizwe) ezitizakushu-
 kuma ukuba nezizwe, kanti lutimukala
 izulu, ineni.

Izenzo zabantu kwelivesha lengqoboko inkohla
 kabo kutiwa iyayinganda imvula kuba kaloku
 ezinto ezimbi ziqumbisa um Dalilo unqum-
 nisi mvula. Ezulweni ke nokukukanta
 njalo kuba zizitwanyanat ezingenangqondo
 ungangeyanthu zona.

Anatatalahorji axa kunw imvula: - Akukonto
 yenziwa ngokungumiso xa kunw imvula
 ngapandle kokuba lowo nalowo uyavuya kuba
 zakulima, ngapaya koko lowo nalowo, azikusela
 ekumeteni kwesiqu saka, nezindlu zake,
 ezingati ziwiswe yimvula leyo.
 Umva kwemvula: - kuba ngu bazalala amadada

elime amasemi aseo. Akuko ginto zikhonitshwaye emva
kwemvula kubu kuzike itamsanga elibe lifunwa
ngumtu wonke.

7 Inkolo namabalana : Ngokugaleka nokudaleka
komhlaba. Indalo yomhlaba lo ti esi Balweni,
wadalwa ngu Yiso, waza wabeka kuwo aba-
ntu, nezilwanyana zonke zomhlaba. Yina ke
bantú, sikolelwa kulonto.

Amabali : Esiwaziyo ngawemfazwe zakudala
apa emhlabeni, ukuhlaselewa kwabantu zingo
nyama, amabali abahambi, awokubizwa kwa-
bantú ezizibeni, awengqina namapulo,
intsomi njalo - njalo.

Ulwandle ngumlambo mkulu oginya yonke
emilambeni yomhlaba. Ladalwa ngu Yiso
nalo kwanezalo izilwanyana, zintlanzi,
iminenga, ocele, njalo - njalo.

Amabali esiwaziyo ngawabantu abemke
nolwandle, bedada, bequba, beloba, njalo.
Intaba kutiwa zidaleke emva konogumbe
ka Nowa, xa amanzi ati ukwela kwawo
atata umhlaba, adala izigingqi (intili)
kwadaleka ke intaba kwindawo ezite aza-
nyibilika. Pambi koko kutiwa umhlaba
wawute tyaba wonke ungenazintaba.

Imbali kudala ibizindawo zokungula no-
kwenza amaduni intaba ezi, njengoba
zizindawo ezipakamileyo, ezisondeleyo
ku Nkulunkulu. Xa kuzunwa imvula
bekusiyiwa entabeni, kuqutyudwe kona,
kungulwe.

Imilambo namacibi : Ezizintu zadalwa
njengentlo yonke, ngo Pezu - konke.

Amabali esiwaziyo ngawokumka komtu
emilambeni, nokubizwa ezizibeni. Siziba

yindawo ehlala abantu bomlambo, ingwenya.
 yindawo ekuyiwa kuyo ngabantu abatuwasayo
 amacibi ke noko wona abanamwali, popu
 ayafana nemilambo ngengozi zokubizwa
 nokutwasela amagqirai.

Amadinai :- Ayafana namacibi

I mitombo :- Kulapo iliso lomlambo likona
 Idalwe ngu Mdali wayo.

Amabali :- Umombo uyasola, kuba kaloku
 umtombo waziwa ngokuba liliso elihlala
 icanti (inyoka)

Amagama omhlaba ~~selawu~~ kwisigangata
 esitelo ngeli lizo (Section Country)

Kukwangokunjalo nasezintabeni.

Izibongo :- Azinazibongo intaba gelilizwe
 kwanemilambo njalo - njalo.

Amabali ngazo :- Intaba ye Mvumelwano
 kulapo kwakuvunyelwana kona ngenida
 zinkosi o Bushula no Mcakumbana kwa
 nezinye, beboniswa yimantyi oka Kamkile
 (Charmichael) yatiwa ngeligama ke
 kuba kuvunyelwene ngenida leyo.

8 Umililo :- Umililo wagala kukugundwa
 kwintlanga zamandulo. Wawuseziwa
 ngenduku etile, nangokukanda amatye,
 idosha, necwilika.

9 Imitelo yomililo :- Umililo njengento enegozi
 unomitelo kubantwana abancinci, nabakasayo
 kuba kufuneka bageziwe bangadlaleli kuwo.
 Akufuneki kufumane kutshiswe ngamaxesha
 embalela.

10 Zikona indawo ongavunyelwe kuyo umililo? Ewe,
 indawo ezenileyo akufuneki mililo kufupi nazo.
 Awufuneki endlwini apo kungeko ziko.

11 Ikona imililo engenakugeinywa? Ewe, ikona imililo.

- engenakungcinywa umti, edalwa ngabantu abafuneka ubugqi, eti ke ukuzo igcinywe, ilungela kwabona abenzi bayo abo.
- 12 Ushiswa naninina imililo? Hayi. Kodwa kona xa kusiliwa imfazwe umlilo awufumane wenziwe naninina, kuba kusojikelwa ukubonwa luthaba.
- 13 Zikona inkuni ezingalawayo? Ewe inkuni gomti odlalwe yinkosi azibaswa.
- 14 Huko zimto zingenziwayo emlilweni okanye ecaleni komlilo? Akufuneki umlilo openjwe endlwini uba ucinywe ngamanzi. Akufuneki umti ataple emlilweni kuba angadumba isibunu. Akufuneki ukuba intusi okanye anawo atshiswe emlilweni.
- 15 Izikuni ziyatatawa kuyekubanjwa ngazo? Ewe, ziyona nto yenzwayo ukutatawa kwesikuni esivutayo kuyo kupenjwa ngazo kwenye indawo okanye komnye umzi.
- 16 Akufuneki umti atsibe bezu komlilo? Hayi, acililo siko ukutsiba umlilo. Isiko liti umti, makazike le ngapaya komlilo ingatsibi. Xa kubonakala uba kuko imbiga etshayo uyacinywa kodwa akufuneki ucinywe ngamanzi ngokwesikolabantu.
- 17 Yahlukile imililo le? Eweziko? Owamadoda odwa? Ewe, imililo yohlukile yona, uko umlilo weziko uko owamadoda odwa (umlilo owotwa ngamadoda xa abaliselana amawo), uko obaswa etoutweni. Kanti ke uko nalo utshisa ngenigozi, ozeke uphucuke ngenigozi waza wawubezela, ude ngeli. nnye isesha utshise elizwe, intlanti, imizi, nemphala yabantu njalo-njalo.
- 18 Indlela yokotā i- Amadoda arawga iziko kweli cala lawo (ngasekholo xa umi emnyango ujonge entlo) abazi baka izitanga kweli labo cala (emva kocango) Amadoda ayawxatā uko tā kwawo Ewe, ukoki kubaliwa ngokobudala babantu.

774

34

K11/40

422

~~kuba abantwana bahlala ngelicala komnyango bona
(liya umsi)~~

- 19 Kucingwa ntoni ngomsi? Umsi asintlo inantlo leni
kodwa xa umti egodole, kuya kutiwe nomsi uku
ngile uke umjuse, uzokumkupa ingqela. Nga-
masesha akudala, kuba kuti xa kwenziwa
amadini kanti kogondwa ngokuti umsi uti
'gw, unggale pezulu, xa idini lomti banikelele
ku Yisa. Yinto ke popu edala uhcume, kumti
ohleli endaweni. endawo, nokuba wotile, nokuba
wotile upikile apo.

ser 774

ends

774

K11/40

423

- Amagama abantú
- 1 Julius Makalima
 - 2 Lirdwood Loga
 - 3 Chairman Jack
 - 4 Mgonyolo Mgambu
 - 5 Mahlinga Mazitshana

- Rpo bahlala kona
- Bonke ababantú
- bahlala apa
- se Sidwadweni,
- Silverdale,
- Umtata

kwicala lamakontazi ngu:

- Gestinde Makalima
- Mina Mlanjane
- Mankume Dayimane

- Bahlala apa kwa
- se Sidwadweni,
- Silverdale, Umtata,

Ke bonke ababantú bati bayijuma
na leucazelo komhákulu nako
koko babo njalo - njalo

Zinkosi lonke elixesha bejidizama
ndibe ndagqiba ke ngoku
zinkosi zlam.

End. S. 774